Wes-Kaap Onderwysdepartement • ISebe leMfundo leNtshona Koloni

Jaarlikse Prestasieplan
2009/10 tot 2011/12

Annual Performance Plan
2009/10 to 2011/12

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2009/10 ukuya 2011/12

WESTERN CAPE
Education Department
Provincial Government of the Western Cape

PR Number: 40/2009
ISBN Number: 978-0-621-38446-8

Ukuba ufuna iikopi ezongezelelweyo zolu xwebhu, nceda uqhagamshelane kunye:
NeNtloko: kwezeMfundo, Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Umnxeba: 021 467 2531
Ifekisi: 021 461 3694
I-e-Mail: media1@pgwc.gov.za

ISebe leMfundo leNtshona Koloni

Umbono

Ikhaya lokufunda lomntu wonke

Umnqophiso

Umnqophiso wethu kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ulwazi abalufunayo, ngookunjalo nezakhono neempawu zentsulungeko:

- Bap huhlise iitalente zabo
- Baya kuba nobomi obonwabisayo
- Benze igalelo kuphuhliso lwentlalo noqoqosho
- Bathathe inxaxheba ngokupheleleyo kokuqhubeka kweli lizwe
- Bakwazi ukukhuphisana namanye amazwi, kananjalo
- Bakhe iindawo ezihlalwa ngabahlali abakwaziyo ukulawula ubomi babo ngempumelelo nangendlela enesidima.

Iimpawu zentsulungeko

- Iimpawu zentsulungeko zoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika
- Izimiselo zephulo iBatho Pele
- Iziphumo ezingundoqo zeKharityhulam yeSizwe
- Inguqu, ngokuqinisekisa ufikelelo, ubulungisa nolungiso (lomonakalo wangaphambili)
- Ukuba phambili komfundi ngokubaluleka
- Ulwabiwo lwezinto olutyekele ngasekukhawulelaneni nabahluphekileyo
- Ukwamkela uxanduva lokuphendula nokwenza izinto elubal
- Ukuqaqamba kuko konke esikwenzayo
- Ukuzibeka phantsi kolawulo lwabahlali ngokubanzi, ukuwaxhasa amalinge okuqinisekisa uphuhliso lwezentlalo, ezenkcubeko nezoqoqosh

Uxwebu oluyiManifesto on Values, Education and Democracy (iSebe leMfundo, 2001) ludwelisa iimpawu zentsulungeko ezilishumi (10) ezisekelwe kwiimpawu zentsulungeko zoMaqo-siseko, ezizezi: idemokhrasi, ubulungisa entlalweni, ulingano, ukungacalu-caluli ngobuhanga nangesini, Ubuntu, intlalo evulelekileyo, ukwamkela uxanduva lokuphendula, ukuthotyelwa komthetho, imbeko noxolelwano.

Le nto ithi Batho Pele ithetha "ukubeka abantu phambili". Izimiselo ezisibhozo zephulo i Batho Pele zigxininisa ukubaluleka kothethwano, imigangatho ephezulu yokunikwa kwenkonzo, uqhuqheko, ufikeleleko, ingcaciso, ukukhululeka nokwenza izinto elubala, ukuziqwalasela izikhalazo nokwenza izinto ngokucikizekileyo.

ISEBE LEMFUNDO leNtshona Koloni
URhulumente Wephondo leNtshona Koloni

IMBULAMBETHE YOMPHATHISWA WEPHONDO

lingcali zohlaziyo ziyavuma ukuba, ukuze siphucule umgangatho wemfundo yethu, kubalulekile ukuchaza ukuba kuza kuqinisekwa njani na ukuba umgangatho uphezulu

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka silungiselelwe ukwenza kanye loo nto. Sinika isebe ithuba lokuchaza ngokucacileyo, ngaphandle kwamathandabuzo, intsingiselo yesicwangciso esiphambili seWCED sokuphucula uhlobo lwemfundo efunyanwa ngabantu bonke. Yaye sichaza iinjongo enokulinganiswa ngazo inguqu eyenziweyo.

Iphulo lokuphucula umgangatho wemfundo lisibuyisela kwiimfuno ezingundoqo zokuba bonke abafundi nootitshala bafanele babe sesikolweni kwangexesha nokuba ixesha elibekelwe ukufundisa nokufunda limele ukuba lisetyenziselwa loo njongo kanye. Kananjalo kulindeleke nokuba ootitshala benze amalungiselelo ngaphambi kokufundisa, banike abafundi ingxelo ngendlela abaqhuba ngayo, yaye bahlale benolwazi ngezinto eziqhubekayo kwiinkalo abafundisa kuzo. Yaye kulindeleke ukuba iziphatha-mandla zezikolo ziqinisekise ukuba ezikolweni zazo kufundiswa yaye kufundwa phantsi kwezona meko ziphucukileyo.

Kwilinge lethu lokufikelela olona hlobo lubalaseleyo sele siqalisile ukuthethana neenqununu zezikolo ezibe nomyinge ongaphantsi kwama-60% wabafundi abaphumeleleyo kwiimviwo zeMatriki zeSizwe ngo-2008. Kwaphicothwa izizathu zokuba abafundi baqhube kakubi yaye ngoku kumiselwa iindlela zenkxaso ezizodwa ukuze kulungiswe iinkalo ezinengxaki kuze kudalwe iimeko eziza kutshintsha amagumbi ethu okufundela abe ziindawo ezicela umngeni amandla engqondo neziwavuselelayo.

Siyazincoma, yaye simele siqhubeke sizixhasa, izikolo nootitshala abavelisa iziphumo ezibalaseleyo – ezinye zazo zisebenza phantsi kweemeko ezinzima. Sibothulel' umnqwazi nootitshala abazilahlele nofele emsebenzini wabo yaye umsebenzi wabo ufanele ube sisikhumbuzo sento enokwenziwa ngabantu xa benehlombe ngomsebenzi wabo nabayiqonda kakuhle into yokuba bangenza umahluko ebomini babantwana.

Inkqubo eqhubekayo yokwakhiwa ngokutsha kweWCED ngo-2009 iza kuqinisekisa ukuba kunikwa inkxaso ekumgangatho ophezulu, ngoncedo lwamaqela omeleleyo, anobuchule obuziintlobo ngeentlobo kwingingqi nganye kwezingama-49 eziphantsi kweli sebe, kuxhaswa isikolo ngasinye kwizikolo zikarhulumente ezili-1 452 nezikolo zabafundi abaneentswelo ezizodwa ezingama-72 kweli phondo.

Imizamo yethu ayipheleliswanga nje ekuqinisekiseni ukuba siba neziphumo ezibalaseleyo zematriki, kodwa sikwabeka nesiseko esiqinileyo kuso sonke isixokelelwano sezemfundo ukuze kube lula ukuba abantwana bafunde ngokufanelekileyo kuwo onke amanqanaba.

Le mizamo ibandakanya:

- Ukuthi gqolo kunatyiswe iNkqubo yeSondlo yeSizwe eziKolweni, ukondla abafundi abangama-335 000 kwizikolo ezingathathi ntweni eNtshona Koloni.
- Inkqubo ephambili yokunabisela kwimimandla engathathi ntweni koPhuhliso lweMfundo yabaQalayo (ECD). Le nkqubo ihlanganisa ukuvulwa kwamagumbi okufundela amatsha ali-161 eBanga R kwizikolo zikarhulumente kulo lonke eli phondo ngowama-31 kweyoKwindla kulo nyaka, nokuqeqesha abantu abangama-5 000 bokusebenza kule nkqubo yokuphuhliswa kwemfundo yabaqalayo.
- Iprojekthi yokufaka udondolo ngokubhekisele ekuboneleleni beBanga R ngebhasi yokubathutha, kwimimandla esemaphandleni, okokuqala ngqa njengenxalenye yesiCwangciso sokuThuthwa kwabaFundi seWCED.
- Ukusetyenziswa ngokuqhubekayo kwenkqubo yesizwe yokuPhuculwa komGangatho, uPhuhliso, iNkxaso nokuPhakamisa (QIDS-UP). Iiprojekthi zibandakanya ukulungiswa kwezikolo nokugcinwa kwazo zikwimeko entle, amathala eencwadi ezikolo, ukuqeqeshwa kootitshala, izixhobo ezizodwa nemisebenzi eyenziwa ngaphandle kwesikolo.
- Ukusetyenziswa ngokuqhubekayo kweziSeko zePhulo lokuFunda zesizwe, ezisungulwe nguMphathiswa uNaledi Pandor nyakenye, ukuze kuphuculwe indlela abaqhuba ngayo abantwana ekufundeni nokubhala nokukwazi ukubala kwizikolo zaseprayimari. Eli phulo lenzelwe ukunyusa izinga lokuphumelela kwabafundi kwiliTheresi nokuKwazi ukuBala liye ubuncinane kuma-50% kwibanga abakulo ngo-2011.

- Njengenxalenye yeli phulo iWCED iza kuthi thaca inkqubo yoqeqesho olucwangcisiweyo kwiliTheresi/ iiLwimi kunye nokuKwazi ukuBala/ iMathemathika olwenzelwe bonke ootitshala beBanga loku-1 ukuya kwelesi-6 kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

Ezinye iinjongo ezingundoqo zeWCED zibandakanya: ukufikelela kwimfundo nokuqeqeshwa kwizakhono ngokuphuhliswa ngokuqhubekayo koqeqesho lobugcisa nemisebenzi kwiikholeji ze-FET; ukuqesha abanye abasebenzi abasebenza ngokusisigxina ukuze kunikwe inkxaso kwimfundo noqeqesho lwabadala (AET) nokuxhasa ngokuqhubekayo amaziko asebenza ngokusisigxina e-AET.

Ekugqibeleni impumelelo yomsebenzi wethu ixhomekeke kwindlela esiphendula kakuhle ngayo kwiimfuno zentlalo nezoqoqosho zelizwe lethu size sifezekise umyalelo ongundoqo weWCED “wokunika bonke abantu bethu imfundo esemgangathweni”.

Andiyithandabuzi into yokuba iWCED inazo iinkokeli namandla okuphumeza ezi njongo.

UMphathiswa wePhondo uYousuf Gabru
eyoMdumba 2009

IMBULAMBETHE EYENZIWA LIGOSA ELIMELE LIPHENDULE

Iimviwo zeMatriki zika-2008 zibe luvuthondaba lwenkqubo ende yokumisa ngokutsha inkqubo yemfundo eMzantsi Afrika. Ngoku sakhe iziseko zenkqubo yemfundo enye, yesizwe sonke, yaye isizukulwana sokuqala sabafundi sibhale imatriki esekelwe kwikharityhulam yesizwe okokuqala ngqa.

Ngoku kufuneka sakhele phezu kwezi ziseko ukuze sivulele bonke ithuba lokufikelela kwimfundo esemgangathweni. Lo ke asingomsebenzi ulula, njengoko kukho imingeni enzima esisajongene nayo.

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka sisakhelo sethu somsebenzi oza kwenziwa kulo nyaka uphambi kwethu. Kuqwalaselwa ngokweenkcukacha zonke iinkalo zemfundo, ukusukela ekuphuhlisweni kwemfundo yabaqalayo, ukuya kwimfundo gabalala, ethe xhaxhe nemfundo noqeqesho lwabadala, kunye neenkqubo ezihlobene nayo. Esi sicwangciso sisekelwe kumgaqo-nkqubo wesizwe nowephondo yaye sicwangciswe ngendlela yokuba sivulele abafundi amathuba amaninzi kangangoko kunokwenzeka okuba bafezekise amandla allele kubo baze babe negalelo elibonakalayo ekwabelaneni ngokuhluma nophuhliso.

Into engundoqo ephambili kuthi ngo-2009/10, njengoko sifuna ukuphucula indlela yokufikelela kwimfundo esemgangathweni, kukuqinisekisa ukuba izikolo zisebenza ngempumelelo. Iinkalo ezingundoqo ekujoliswe kuzo zibandakanya ukusetyenziswa ngokuqhubekayo kolwakhiwo ngokutsha lweWCED, ukuncedisa izikolo ezidinga kakhulu inkxaso yokuphuhliswa, sisebenzisa amaqela omeleleyo angama-49, nanobuchule obahlukeneyo kwiisekethe.

Siqalise umsebenzi omkhulu wokunabisa indlela yokufikelela kwiBanga R. Oku kuza kuqhubeka nango-2009/10, ngokubonelela ngezithuthi kwiindawo ezithile ezikhethiweyo, amagumbi okufundela ongeziweyo, ukuqeqeshwa kootitshala nokubonelela ngezixhobo nezinto zokufundisa.

Siza kuthi gqolo sijolise ngokuyintloko “kwiProjekthi yethu yeNguqu”, ukuphucula ubuchule bokufunda nokubhala nokukwazi ukubala kwizikolo zaseprayimari namazinga okugqiba kwabantwana ukufunda kwizikolo zamabanga aphakamileyo. Siza kuqhubeka sinabisa indlela yokufikelela kwiNkqubo yeSizwe yeSondlo eZikolweni. Ukhuseleko esikolweni luseyinto ebaluleke kakhulu, kwakunye nenkqubo yesizwe yokuphuculwa komgangatho, inkxaso nokuphakanyiswa kophuhliso (QIDS-UP), ukuphuhliswa ngokuqhubekayo kweMfundo noQeqesho oluQhubekayo nemfundo noqeqesho lwabadala.

Lo iza kuba ngunyaka oxakekileyo kwezemfundo eNtshona Koloni. Sisothulel’ umnqwazi esi sicwangciso yaye sihlab’ ikhwelo kuwo onke amaqela abalulekileyo sisithi makasebenzisane nathi njengoko sizabalazela ukuhlangabezana nemingeni yonyaka ongaphambi kwethu.

uRon Swartz, iNtloko yeSebe
eyoMdumba 2009

MALUNGA NOLU XWEBHU

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-WCED) sicacisa izicwangciso zezemfundo zoRhulumente wePhondo zethuba eliqalela ku-2009/10 ukuya ku-2011/12, yaye kujoliswe ngokukodwa kwinto eza kwenzeka kunyaka-mali oqala ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi kulo ka-2009 nophela ngowama-31 kweyoKwindla ka-2010. Kananjalo olu xwebhu lukwaquka nenkcazo eninzi ngokuphathelele imeko ekuyiyo ngoku kwezemfundo, ukuba yeyiphi na imingeni ephambili nokuba uRhulumente usabela njani na ukuhlangabezana nayo.

Olu xwebhu lunamacandelo amabini aphambili.

Icandelo A lichaza ukuba zintoni na izinto ekujoliswe kuzo ngokwesicwangciso-qhinga kunye neenjongo zesicwangciso-qhinga zesizwe nezephondo, neendlela ezixhaswa ngayo nokuba zixhaswa njani na ngamacebo nezicwangciso zesebe. Kukwachazwa nezinto ezibe yimpumelelo kwanemingeni elijongene nayo iphondo. Kananjalo iCandelo A lalatha umkhomba-ndlela wokusebenza kweenkonzo zabalungiselelwa ukuqala isikolo, izikolo, iikholeji zemfundo noqeqesho oluqhubekayo (FET) nemfundo yabantu abadala.

Icandelo B lichaza ezinye iinkcukacha ezimalunga neenkonzo zesebe, nemingeni yezentlalo nezoqoqosho. Nazi izinto ezingundoqo ezisetyenzisiweyo ekucwangciseni inkcazo ekwiCandelo B:

- Iinkqubo zohlahlo lwabiwo-mali lwephondo. Zisibhozo xa zizonke ezo nkqubo. Zona ke zenza amacandelwana eCandelo B.

- Iinjongo zesicwangciso-qhinga. Ezi zikhe zavelelwa kwiCandelo A, kodwa kwiCandelo B zinxulumene nenkqubo nganye yohlahlo lwabiwo-mali. Kukho iinjongo zesicwangciso-qhinga eziliqela, yaye zibonisa indlela eza kulandelwa ziinkqubo ezahlukeneyo zohlahlo lwabiwo-mali.

- Iinjongo ezinokulinganiswa. Ezi ziinjongo ezicace kakhulu kuneenjongo zesicwangciso-qhinga, yaye zona ubukhulu becala zihambelana neenkqubo ezicwangcisiweyo.

- Iindlela zokulinganisa intsebenzo. Ezi ziphantsi kweenjongo ezinokulinganiswa, yaye ziinkcukacha-manani ezicacileyo uRhulumente azijonga njengezibalulekileyo, ngokomzekelo umyinge ngokwepesenti wabantwana abakubudala bokuhamba isikolo nolutsha olubhalisiweyo kwinkqubo.

- Iithagethi zentsebenzo. Indlela nganye yokulinganisa intsebenzo ineethagethi zentsebenzo ezintathu, ithagethi nganye yeyonyaka-mali ngamnye kule minyaka mithathu ilandelayo. Ezi thagethi, ekuthethwe kakhulu ngazo kuhlalutyo nezicwangciso ezithiwe thaca kolu xwebhu, zibonisa indlela uRhulumente azimisele ngayo ukuphucula uhanjiso lweenkonzo kule minyaka ilandelayo.

- KwisiHlomelo A kudweliswe iindlela ezingundoqo ezingama-47 zokulinganisa intsebenzo (iiPM) ekuvunyelwene ngazo kuzwelonke. Ngendlela nganye yokulinganisa intsebenzo, kunikwe inkcazo emfutshane kwakunye nenkcazo ethande ukuba nde.

Iinjongo zesicwangciso-qhinga, iinjongo ezinokulinganiswa kunye neendlela zokulinganisa intsebenzo ziyafana kwilizwe lonke, ngamany' amazwi ziyafana kwiphondo ngalinye (kodwa ke, kungenzeka ukuba nephondo libe nezalo iinjongo zesicwangciso-qhinga neendlela zokulinganisa intsebenzo ezisebenza kunye nezesizwe). Ngokufuthi iithagethi zentsebenzo zelinye iphondo ziza kwahluka kwezelinye, kuxhomekeke kwiimeko ezikhoyo kwiphondo elo.

Isiqulatho

Inkcazelo yamagama.....i

Izishunqulelo i

Icandelo A: Inkcazo Jikelele Nokuhlaziywa Kwesicwangciso-qhinga

A.1 Izinto Ekujoliswe kuzo Neenjongo Zesicwangciso-qhinga 1

A.2 Imingeni Elijongene nayo Icandelo Lezemfundo..... 5

A.3 Izinto Ezifeziweyo ukuza kuthi ga ngoku..... 9

A.4 Indlela eya phambili 14

A.4.1 Iinkonzo zabalungiselelwa ukuqalisa esikolweni..... 14

A.4.2 Izikolo..... 14

A.4.3 Iikholeji zeFET 15

A.4.4 Imfundo noqeqesho lwabantu abadala 16

Icandelo B: Izicwangciso Zecandelo, Zeenkqubo Neenkqubo ezingaphantsi

B.0 Icandelo lemfundo yephondo..... 18

B.1 Ulawulo 27

B.2 Imfundo kwizikolo zesiqhelo zikarhulumente 36

B.3 Uncediso-mali lwezikolo ezizimeleyo..... 61

B.4 Imfundo kwizikolo ezizodwa zikarhulumente..... 66

B.5 Imfundo noqeqesho oluqhubekayo..... 73

B.6 Imfundo noqeqesho olungundoqo lwabantu abadala..... 80

B.7 Ukuphuhliswa kwemfundo yabasaqalayo 86

B.8 Iinkonzo zoncediso nezinxulumeneyo..... 92

B.9 Isicwangciso sotyalo-mali kwizakhiwo 98

Icandelo C: Iithagethi zeKota nezoNyaka

Iithagethi zekota nezonyaka 101

Izihlomelo

Isihlomelo A: Iindlela Zokulinganisa Intsebenzo..... 104

Amanqwanqwa okuma kwesebe..... 117

INKCAZELO YAMAGAMA

Ngezantsi kukho inkcazo ehamba namagama namabinza athile asetyenziswe kolu xwebhu.

Injongo Enokulinganiswa (i-MO)
Iinjongo ezinokulinganiswa ziinjongo ekulula gqitha ukulinganisa ukufezekiswa kwazo. Ubukhulu becala zona zijoliswe kwimilinganiselo eyamkeleke ngokubanzi yokufikelelela, ukufaneleka, ubulungisa, ukusulungeka, isiphumo nomgangatho. Zihambelana ngqo neenjongo zesicwangciso-qhinga. Ezona njongo zininzi ezinokulinganiswa zinxulumene nenkqubo enye yohlahlo lwabiwo-mali yephondo, nakuba ezinye zisenokusebenza kwicandelo xa lilonke.

Indlela yokulinganisa intsebenzo (i-PM)
Iindlela zokulinganisa intsebenzo zizalathisi zesizwe ezinxulumene neenkcukacha-manani ezingqalileyo. Zisetyenziselwa ukujonga intsebenzo kwinkqubo yemfundo. Indlela nganye yokulinganisa intsebenzo inxulumene nenjongo enye enokulinganiswa. Indlela nganye yokulinganisa intsebenzo iba yinkcukacha-manani yexesha elithile lokwenziwa kwezinto kwiphondo.

Indlela yokulinganisa iNtsebenzo yePhondo (i-PPM)
Njengoko kunjalo ngee-PM, iindlela zokulinganisa intsebenzo yephondo zahlukile kwiphondo ngalinye.

Ithagethi yentsebenzo (i-PT)
Ithagethi yentsebenzo lixabiso elibonakala ngamanani kujongwe kwixesha elithile elizayo ngokuphathelele ukulinganiswa kwentsebenzo. Iithagethi zentsebenzo zibonisa ngokuchanekileyo ukuphuculwa kwezinto okulindelekileyo kwinkqubo yemfundo.

Into ekujoliswe ngokwesicwangciso-qhinga (i-SG)
Izinto ekujoliswe kuzo ngokwesicwangciso-qhinga zezo ziqinisekisa icala eya ngakulo kwixesha eliphakathi ukuya kwixesha elide inkqubo yemfundo eyandulela eyamaziko emfundo ephakamileyo. Ezi zinto zisencochoyini kuluhlu lweenkqubo zokwenza izicwangciso.

Iinjongo yesicwangciso-qhinga (i-SO)
Iinjongo zesicwangciso-qhinga zikwinqanaba elingaphantsi kwezinto ekujoliswe kuzo ngokwesicwangciso-qhinga. Into ezijoliswe kuyo zona icace kakhulu kunezo zichazwe ngasentla. Uninzi lweenjongo zesicwangciso-qhinga lunxulumene nenkqubo enye yohlahlo lwabiwo-mali lwephondo, nakuba ezinye zisenokusebenza kwicandelo xa lilonke.

IZISHUNQULELO

A(B)ET	Imfundo noqeqesho (olungundoqo) lwabantu abadala
ASGI-SA	IPhulo lokuHluma okuKhawuleziswayo nokwAbelwana ngako
CA	UmCebisi ngeKharityhulam
CEM	iBhunga labaPhathiswa beMfundo
CEMIS	INkqubo enguNdoqo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo
CEO	iGosa loLawulo eliyiNtloko
CLC	Iziko lokufunda loluntu
CTLI	IZiko lokuFundisa nokuFunda laseKapa
DoE	ISebe leMfundo leSizwe
DTC	IKomiti yoQeqesho yeSebe
ECD	Uphuhliso lwabantwana kwasekuqaleni
EFA	Imfundo yethu Sonke
EMIS	INkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo
EPWP	INkqubo Eyandisiweyo yemiSebenzi yoLuntu
ETDP	Imisebenzi yemfundo, yoqeqesho nophuhliso
EWP	INkqubo yeNtlalontle yabaSebenzi
FET	Imfundo noqeqesho oluqhubekekayo
FETMIS	Inkqubo yolwazi lokulawulwa kwemfundo noqeqesho oluqhubekekayo
GET	Imfundo noqeqesho gabalala
HEDCOM	IKomiti yeeNtloko zamaSebe eMfundo
HEI	Iziko lemfundo ephakamileyo
HRD	Uphuhliso lwabasebenzi
ICT	Ubugcisa bolwazi noqhagamshelwano
IMG	UkuLawulwa nokuPhathwa kwamaZiko
I-SAMS	INkqubo eHlanganisiweyo yokuPhathwa nokuLawulwa kweZikolo
IQMS	INkqubo eHlanganisiweyo yokuLawulwa koMgangatho
LSEN	Abafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo
LTSM	Izixhobo zokuncedisa ekufundeni nasekufundiseni
MEDS	IsiCwangciso-qhinga sokuPhuhliswa koQoqosho oluNcinane
MSP	IsiCwangciso seeNkqubo ezisisiKhokelo
MST	IMathematika, ezeNzululwazi neTeknoloji
MTEF	Isakhelo senkcitho yexesha eliphakathi
NCS	INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe
NC(V)	IKharityhulam yeSizwe (uBizo)
NGO	Umbutho ongekho phantsi korhulumente
NQF	I-National qualifications framework
NSNP	Inkqubo yesizwe yesondlo ezikolweni
NSSF	Imimiselo nemigangatho yenkxaso-mali yezikolo
PED	ISebe leMfundo lePhondo
PFMA	I-Public Finance Management Act
PPP	Ubambiswano lukarhulumente namashishini abucalap
QIDS-UP	INkqubo yokuPhucula uMgangatho, uPhuhliso, ukuXhaswa nokuPhakanyiswa
RCL	IBhunga labaMeli babaFundi
RPL	Ukuqondwa kweMfundo yangaPhambili
SAQA	I-South African Qualifications Authority
SASA	I-South African Schools Act
SASAMS	INkqubo yokuPhathwa nokuLawulwa kweZikolo
SCP	UmCwangcisi weKharityhulam ePhezulu
SDIP	Isicwangciso/inkqubo yokuphucula uhanjiso lweenkonzo
SETA	I-Sector Education and Training Authority
SGB	Ibhodi elawula isikolo
SIP	Isicwangciso sokuphuculwa kwezikolo
SITA	IZiko lobuGcisa boLwazi likaRhulumente
SMT	Iqela elilawula isikolo
SPMDS	Inkqubo yokulawulwa nokuphuhliswa kwentsebenzo yabasebenzi
SSE	Ukuziphononongа kwezikolo
STP (27)	Isicwangciso sokuGuqulwa kwezeNtlalo kwiindawo ezichongiweyo ezingama-27
WSE	Ukuphononongwa kwesikolo sonke
WSP	Isicwangciso sezakhono emsebenzini

Inkcazo Jikelele Nokuhlaziywa Kwesicwangciso-qhinga

Icandelo A lesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka lichaza imingeni ejongene nayo iWCED ngokuphathelele imiba etshis' ibunzi kwezentlalo neenkcukacha zabantu, imfundo kunye neminye imigaqo-nkqubo, kwakunye nezicwangciso ezithiwe thaca kwisi*Cwangciso-qhinga nesiCwangciso seNtsebenzo semiNyaka emiHlanu sika-2005/06 – 2009/10.* Kananjalo lichaza izinto ezibe yimpumelelo ebe nayo iWCED ekukhawulelaneni nale mingeni. Kukwachazwe namacebo okuqhubekela phambili, njengoko ebonakala kwisi*Cwangciso-qhinga nesiCwangciso seNtsebenzo semiNyaka emiHlanu sika-2005/06 – 2009/10*, nathe emva koko alungiswa afakelwa nezihlomelo ezithile.

Kulo nyaka-mali kukho iiNdlela ezintsha zeSizwe zokuLinganisa iNtsebenzo ekuthe kuzo a) kwashenxiswa okanye b) kwasetyenziswa amagama amatsha ngokusuka kwezo zeminyaka emi-4 yangaphambili okanye c) kongezwa ezintsha ngokupheleleyo. Kwezinye zezi ndlela, akukho lwazi lusekelwe embalini phantsi kwezo sethi yaye kugxininiswe kakhulu kwiingqikelelo okanye iithakethi zokuya phambili. Njengoko lo ingunyaka wokuqala weNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe nonyaka wovavanyo olusisiseko lweziSeko zeNkqubo yokuFunda, kunzima ke nokuqikelela kweli nqanaba ngokubhekisele kwiithagethi zokuqhubekela phambili.

A.1 Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Intshayelelo:

Imisebenzi neemfanelo ezingundoqo
Umyalelo ongundoqo elinikwe wona iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-WCED) uthi "makunikwe bonke abantu bethu imfundo esemgangathweni, ngenjongo yokuba kuphuhliswe ukuhluma kwelizwe lwethu kwezoqoqosho".

Imisebenzi engundoqo yile:
- Ukuphuhlisa ikharityhulam nokuyenza ifumaneke
- Iinkqubo zenkxaso zolawulo nezimali
- Ukuphuhliswa kwamaziko neenkqubo zenkxaso, izakhiwo neenkqubo

Umbono

Ikhaya Lokufunda Lethu Sonke

Umnqophiso

Umnqophiso wethu kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bazuza ulwazi, izakhono neenqobo ezisemgangathweni ekufuneka benazo ukuze:
- Bafezekise amandla alele kubo
- Baphile ubomi obanelisayo
- Babe negalelo kuphuhliso lwezentlalo noqoqosho
- Bathathe inxaxheba ngokupheleleyo koko kuqhubekayo kweli lizwe
- Bakwazi ukukhuphisana kwiinkqubo zamazwe ngamazwe, nokuze
- Bakhe uluntu olukwaziyo ukulawula ubomi balo ngempumelelo nangendlela endilisekileyo.

Iinkonzo eziphambili
Ukubonelela ngezicwangciso xa zizonke, nokulawulwa, kwenkqubo yemfundo.
Ukubonelela amaziko emfundo karhulumente xa ewonke ngenkxaso.
Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zesiqhelo zikarhulumente.
Ukuxhasa izikolo ezizimeleyo.
Ukubonelela ngemfundo kwizikolo ezizodwa zikarhulumente.
Ukubonelela ngeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) kwiikholeji zeFET zikarhulumente.
Ukubonelela ngeMfundo noQeqesho olunguNdoqo lwabaNtu abaDala (ABET) kumaziko oluntu okufundela.
Ukubonelela ngeMfundo yabasaQalayo (ECD) kwiBanga R.
Ukubonelela ngophuhliso lwabasebenzi kootitshala nabo bangengabo ootitshala.

Ukuba nefuthe kwiingxaki zezentlalo ngokunabisa iinkqubo zokufundisa ngeNtsholongwane kaGawulayo/ uGawulayo; ukubonelela ngokutya kubafundi abachongiweyo abangathathi ntweni nabathwaxwa linxele likaKetsekile kwizikolo zaseprayimari ukuze bakwazi ukufunda ngokuphumelelayo, nokuphakamisa ukuba izikolo zibe ziindawo ezikhuselekileyo.

A.1.1 Ukuhlaziywa kwesicwangciso-qhinga

Injongo yesicwangciso-qhinga seWCED kukuhambisela phambili umgangatho wemfundo kumntu wonke, ngokukodwa abo bakweyona mimandla ihluphekayo. Ngokubhekisele koku, amacebo aqulethe izinto ekujoliswe kuzo zexesha elifutshane, eliphakathi nezexesha elide.

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (APP) sisixhobo esiphambili sokuqonda indlela enefuthe ngayo imigaqo-nkqubo yephondo nendlela esisabela ngayo kuyo. Kunyaka-mali ka-2009/10 isebe liye layihl' amahlongwane phezulu i-APP kwakunye nohlahlo lwabiwo-mali luka-2008/09 ukuya ku-2010/11 ukuze kuqinisekiswe ukuba kukho ungqinelwano nezi zinto zilandelayo: izinto ezibalulekileyo ngokwemigaqo-nkqubo nezichazwe kumbono wephondo leNtshona Koloni; isicwangciso-qhinga sokuhluma nokuphuhliswa kwephondo, ekubhekiselwa kuso ngokuthi *iKapa elihlumayo*[1]; izinto ezibalulekileyo ngokwemigaqo-nkqubo yesiGqeba soLawulo sePhondo; izinto ezibalulekileyo ngokwemigaqo-nkqubo karhulumente wesizwe, kuquka iPhulo lokuHluma okuKhawuleziswayo neKwabelwana ngako (ASGI-SA); kwakunye neziNto eziBalulekileyo kwiCandelo leMfundo (zesizwe) ngokweSakhelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi (ii-MTEF) sika-2007, 2008 nesika-2009.

Indlela eyenziwa ngayo i- APP iyafana kumasebe emfundo awo onke amaphondo yaye imiselwa liSebe leziMali leSizwe neSebe leMfundo (DoE) lesizwe.

A.1.2 Imigaqo-nkqubo, izinto ezibalulekileyo nezinto ekujoliswe kuzo ngokwesicwangciso-qhinga

Ukufikelela kwimfundo esemgangathweni lilungelo elingundoqo lomntu wonke, elimiliselwe ngokwendeleyo kungekuphela nje kuMgaqo-siseko, kodwa limiliselwe nakwezinye izindululo ezamkelwe ngamazwe ngamazwe, ezifana neeMillennium Development Goals kwakunye nephulo iMfundo Yethu Sonke le-UNESCO. Ngokutsho kweeMillennium Development Goals urhulumente ubophelelekile ekubeni aphelise ngomyinge wesiqingatha intlupheko yaye anciphise intswela-ngqesho ngezicwangciso-qhinga eziphakamisa ukuzibophelela emfundweni. Ukuyila uluntu olunolwazi ngokubanzi, ukwakha imiqulu yezakhono ezifanelekileyo, ukuphuhlisa izikolo zibe ziindawo zokufunda nokufundisa okusemgangathweni, ukugcina abafundi befunda nootitshala befundisa, zonke zizinto ezingundoqo empumelelweni ukuze kufikelelwe esi siphumo ngokuphumelelayo.

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka siqulunqwe kucingwa ngezinto ezibalulekileyo ngokweCandelo leMfundo kuzwelonke, ezathi zamkelwa liBhunga labaPhathiswa beMfundo (CEM), ezilandelayo:

Kwi-MTEF ka-2007, oko kukuthi ixesha elihamba liye kuthi xhaxhe ku-2009/10, amaphulo ecandelo lesizwe ajoliswe ekuphuculeni umgangatho wemfundo. Oku kuquka ukuphononongwa okucwangcisiweyo noqeqesho olufumaneka emsebenzini neenkqubo zokuphuhlisa ootitshala ukuze kuphuculwe umgangatho wokufundiswa kwezifundo ezingundoqo ezifana nemathemathika nezifundo ngezobomi; iBanga R; nokuphuculwa kwendlela yokulawulwa kwezikolo xa iyonke. Inkqubo yokuqinisekisa ukuba abantu abadala abaninzi kangangoko bayafunda, eyaphuhliswa yaza yasungulwa yiDoE ngo-2007/08 ukuze iqwalasele imingeni yobuchule obungundoqo bokukwazi ukufunda nokubhala njengelungelo labantu bonke, nento enegalelo kwimvisiswano yezentlalo, ilelinye iphulo lecandelo lesizwe. Le nkqubo iza kuphunyezwa ngokubambisana nemibutho engekho phantsi korhulumente, amaziko emfundo engundoqo yabantu abadala kunye namavolontiya.

Kwi-MTEF ka-2008, oko kukuthi ixesha elihamba liye kuthi xhaxhe ku-2010/11 amaphulo ecandelo lesizwe ajoliswe kwezi zinto: ukwakhiwa nokulungiswa kwezikolo; ukuqeqeshwa kootitshala be-ECD kumaziko ee-ECD; imfundo equkayo neziKolo eziZodwa; ukwandiswa ngokuqhubekekayo nokuphuculwa komgangatho weBanga R; ukubonelela ngezixhobo zokuxhasa abafundi kwibanga le-10 ukuya kwele-12 ukuze kusetyenziswe inkcazelo yekharityhulam entsha; ukunatyiswa kweNkqubo yeSizwe yeSondlo eziKolweni.

Kwi-MTEF ka-2009, oko kukuthi ixesha elihamba liye kuthi xhaxhe ku-2011/12, amaphulo ecandelo lesizwe ajoliswe kwezi zinto: ukuthoba ulinganiselo lomfundi:utitshala/ubukhulu beeklasi; ukwandiswa kweZikolo "Ekungahlawulwa rhafu kuzo" ukuya kuma-60% nemfundo equkayo.

Imigaqo-nkqubo ephangaleleyo nezinto ekujoliswe kuzo ngokwesicwangciso-qhinga se-WCED zachazwa kwisiCwangciso semiNyaka emiHlanu yaye zaqukwa kwisiCwangciso-qhinga soPhuhliso lweKhapitali yoLuntu (i-

[1] "*iKapa elihlumayo*", the Xhosa name for a Growing Cape, is the Provincial Government's underlying theme for the 2004/05 Budget and beyond. This vision has been translated into an eight-point strategy that will guide government and its social partners to 2014.

HCDS), esasungulwa ngeyoKwindla ku-2006. Ngelo xesha, umsebenzi we-HCDS wachazwa ngale ndlela ilandelayo: “Ukuze kuphakanyiswe ingqiqo “yokunabela kwiinkalo zonke” olu xwebhu lwesicwangciso-qhinga luza kuquka uxwebhu lwe-WCED loMbono weMfundo 2020 kwakunye nesiCwangciso-qhinga salo seminyaka emi-5”. Kodwa ke, ngeyeDwarha ku-2008 ikhabhinethi yephondo yamkela isindululo esasisithi i-WCED yayingasazi kuba lisebe elitshotsha phambili ekuphuhlisweni kwe-HCDS kusenzelwa uRhulumente wePhondo. Ngelixa ithatha inxaxheba ephambili kwisicwangciso-qhinga sophuhliso esibanzi kakhulu sePhondo, ekuphela koxanduva olungqalileyo oluthiwe zinzi phezu kwe-WCED iza kuba sisicwangciso-qhinga semfundo sePhondo.

Ngenxa yeli nyathelo isicwangciso seminyaka emi-5 sokuqala se-WCED sibuela kwimo yaso njengoxwebhu olungundoqo ngelixa i-WCED isenza amalungislelo esicwangciso sayo esitsha seminyaka emi-5. Njengoko sicinga ngoku, siye sasinyus’ isantya ngo-2009/10 ukuze sikhawulezise ukuhluma nokuphuculwa kwendlela esibonelela ngayo ngamathuba avulekileyo nafanelekileyo ezemfundo kubo bonke abafundi kumda wenkqubo yokufunda engaphele ndawo, kubekwa umnwe kakhulu kootitshala, abantwana nolutsha ezikolweni nakwiikholeji.

Izinto eziPhambili Ezimele Zenziwe yi-WCED ngo-2009/10

Intshayelelo

Injongo eyintloko yemfundo isekelwe kwigumbi lokufundela. Ngenxa yoko yinjongo yesi sicwangciso ukuqinisekisa ukuba wonke umsebenzi usekelwe kuloo nto. Zonke izinto ezibandakanyekilyo kuhlahlo lwabiwo-mali neendlela zokungenelela ezinxibelelene noko ziza kuhlengahlengiswa, zilungelelaniswe zize zijoliswe ekwenzeni inkqubo yokufunda ibe yefanelekileyo. Umthwalo osindayo, ukuphindwaphindwa kwemisebenzi, nokubanjwa kwezinto kuza kuncitshiswa yaye yonke imizamo iza kujoliswa ekuqinisekiseni ukuba abafundi bethu bafumana eyona nkonzo isemgangathweni nokuba bahlala kwinkqubo yemfundo ixesha elide kangangoko kunokwenzeka. Siza kujoliswa kwizakhono zootitshala nolwaneliseko emsebenzini kwelinye icala nasekupheliseni intlupheko, intswelo nokungasebenzi kakuhle kwelinye icala. Ngaloo ndlela umsebenzi weli sebe ucwangciswe ngokusekelwe kwi-ajenda engundoqo “yokunabisa” utshintsho ngale ndlela ilandelayo:

1. Ukufikeleleka, Ukwanelisa nokuSulungeka

1.1. Lungiselela iinkqubo zokufunda ezikumgangatho ophezulu (iBanga R) kubo bonke abantwana abaneminyaka emihlanu ubudala eNtshona Koloni ngo-2010 okanye kamsinya kangangoko kunokwenzeka emva koko

1.2. Lungiselela iinkqubo zokufundisa ezisemgangathweni kubafundi beBanga 1 – 9 ukuze abafundi baphume kwiBakala leMfundo noQeqesho Jikelele benezakhono ezikwizinga eliphezulu zeelwimi nezibalo, zakhono ezo eziyimfuneko ekwandiseni amathuba abo okwamkela nokufunda

1.3. Nyusa inani labantu kwibakala le-FET ababhaliswe kwiinkqubo ezifanelekileyo ezikhokelela ekubeni baqeshwe okanye bafikelele kwimfundo ephakamileyo

1.4. Nyusa inani labafundi abafikelelayo kwiinkqubo ezenziwe ngenjongo zeMfundo noQeqesho (olunguNdoqo) lwabaNtu abaDala (A(B)ET)

1.5. Sebenzisa uphuculo olunokulinganiswa lokusulungeka kwicandelo lolawulo ngalinye ukuze kunikwe iinkonzo ngendlela ephuculiweyo kumaziko emfundo

1.6. Xhasa ii-ofisi zezithili ukuze zibonelele ngenkonzo ekhawulezileyo, esulungekileyo, esebenzayo nesekelwe kwiimfuno zezikolo

1.7. Ngonyuso-mivuzo qinisa imfundo equkayo ukuze kuqinisekiswe ukuba kukhawulelwana nezidingo zokufunda zabo bonke abafundi

1.8. Qinisa uze unabise inkqubo yohanjiso lweenkonzo zothungelwano lweekhompyutha: ukusukela ekuxhaseni ootitshala nekharityhulam, ukuya ekuxhobeni abafundi ngezakhono nokukhuthazwa okuqhibekekayo kokusetyenziswa kweenkqubo zeekhomputha kwiinjongo zolawulo

2. Ukulungisa umonakalo wexa elidluleyo nokuqinisekisa ubulungisa

2.1. Ukunatyiswa ngokubanzi kwenkxaso ezikolweni ezikwiqondo lokuhleleleka lesizwe loku-1 ukuya kwelesi-3 ukuba kuphuhliswe izinto ezisetyenziswayo, iilayibrari, izixhobo eziluncedo nokuphunyezwa kwekharityhulam ngeendlela zokungenelela ezijolisiweyo

2.2. Ukuqwalasela imeko yokhuseleko olubonakalayo kwizikolo ezisemngciphekweni: ukubonelela ngamagosa eenkonzo zokhuseleko, ii-CCTV kwizikolo ezichongiweyo, ukubonelela ngenkxaso ecacileyo ethe chatha nokuqinisa amaqhina entsebenziswano namahlakani ethu, kukhuthazwe kakhulu intsebenziswano phakathi koluntu nezikolo

2.3. Ukuqinisa amathuba enziwe avuleka ngezikolo zoJoliso neDinaledi okubonelela abafundi ngethuba lokufikelela kwizifundo ezikhethwe ngabo namathuba ababebandezwa wona ngaphambili

2.4. Ukubonelela ngenkqubo yezinto ezisetyenziswayo yale mihla nesekelwe kwizidingo kangangoko kunokwenzeka

3. Umgangatho

3.1 Ukuphucula ukukwazi ukufunda nokubhala kunye nokubala ngamanani kwizikolo zaseprayimari

3.2 Ukuqhuba inkqubo yoVavanyo lweSikolo Sisonke ngomlinganiselo onyukayo nokuqinis' isandla ekulungiseni ubuthathaka obuboniswe yinkqubo yokulawulwa komgangatho nophuhliso

3.3 Ukuphuhlisa ubungcali beenqununu nootitshala ngokuthi babhalise kumaziko emfundo yaseyunivesithi benze iikhosi ezithile okanye kwiziko i-Cape Teaching and Learning Institute

3.4 Ukuqinisekisa ukuba bonke ootitshala babonelelwa ngenkxaso esemgangathweni abayidingayo: oku kusenziwa ngokusebenzisa iindlela zokungenelela nenkxaso yohlahlo lwabiwo-mali ngendlela elungelelanisiweyo, ngenjongo nendlela eyakhayo

Iintsika ezingokwesiCwangciso-qhinga

Ngenxa yemeko yazo zonke ezi zinto zingasentla, yaye ngenxa yefuthe lokuqinisekisa ukufikeleleka, ukulungisa, ubulungisa, ukusulungeka, umgangatho neziphumo, i-WCED iyazibophelela ekuqhubekeni neentsika/izinto zokuxhathisa zesicwangciso-qhinga ezichongelwe u-2008/09, oko kukuthi:

- Ukubumba nokulawula impumelelo ephuculiweyo yeziphumo zezifundo ngokumisela izinto ekujoliswe kuzo nokuphenduliswa
- Ukwandiswa kwenkxaso engqalileyo/ekujoliswe kuyo nekwisicwangciso-qhinga kootitshala ekuphuhlisweni kokubini ubuchule (ukufaneleka) nokwaneliseka emsebenzini (iinkangeleko ezinefuthe) – oku kuthetha ukuba kufuneka iinkqubo, iinkqubo eziphuculiweyo neendlela ezingcono zokunxibelelana
- Ukuvala izikhewu kwimigaqo-nkqubo yephondo nasekuphunyezweni kwemigaqo-nkqubo
- Ukwenza imigaqo-nkqubo yesebe lesizwe isebenze ngokupheleleyo

Iinjongo ezinkulu ngokwesicwangciso-qhinga ngamathuba andisiweyo, intsebenzo ephuculiweyo ukuqiniswa nokuzinziswa kwenkqubo.

A.2 Imingeni elijongene nayo icandelo lezemfundo

Imfundo eNtshona Koloni ijongene nemingeni eyahlukeneyo, oko kukuthi imingeni ehlanganisa ezoqoqosho nezentlalo, imingeni yemigaqo-nkqubo yesizwe/yephondo kunye nemingeni yesebe.

A.2.1 Imingeni ehlanganisa ezoqoqosho nezentlalo

Uluntu lwaseNtshona Koloni luye lwanda ukusukela kubalo loluntu olwalwenziwe ngo-2001 yaye luyaqhubeka lusanda. Ngokutsho kweCommunity Survey 2008, eyakhutshwa yi-Ofisi yeeNkcukacha-manani yoMzantsi Afrika (u-StatsSA) ngowama-31 kweyeKhala 2008, iNtshona Koloni likhaya labantu abamalunga nezigidi ezingama-5,262, nto leyo ibonisa ukuba li-10,8% labo bonke abemi boMzantsi Afrika. Abemi beNtshona Koloni bazalwa benowona mlinganiselo uphakamileyo wobude beminyaka ekulindeleke ukuba umntu ayiphile kokubini kumadoda namabhinqa.

U-StatsSA ubonisa ukuba iingqikelelo zephondo ziye zahlengahlengiswa kakhulu. Ulwazi oluqokelelwe kwi-Community Surveys ngokubhekisele ukuqhama, ukufa nokufuduka kwabantu kuthetha ukuba ngenxa yoku amanye amaphondo aneqondo eliphantsi lokuhluma kunokuba bekuqikelelwe ngaphambili. Kananjalo kubonakala ukuba ukuthontelana kwabantu abafudukela eNtshona Koloni bekungathathelwa ntweni. Uluhlu olungezantsi lubonisa ukunyuka/ukuhla kwenani labemi ukusukela kubalo lwabantu lwango-2001 ukuya kuqikelelo lwabemi luka-2008.

Iphondo	Ukunyuka / (ukuhla)
iMpuma Koloni	142 537
iFree State	180 925
iGauteng	1 609 922
iKwaZulu-Natala	679 483
iLimpopo	1 158
iMpumalanga	467 010
umNtla Koloni	303 173
umNtla Ntshona	(244 349)
iNtshona Koloni	737 665

Esinye isiphumo soku kunyuka kwenani labantu baseNtshona Koloni kukuba aye anyuka amanani kuzo zonke iintlobo zemfundo noqeqesho kweli phondo kule minyaka mihlanu idluleyo: amaziko e-ECD, izikolo, iikholeji ze-FET, amaziko abantu abadala nokuxhotyiswa kwabafundi ngamava omsebenzi. Kodwa ke ukunyuka kwamanani abafundi yinto engenakubonwa kwangaphambili. Oku kwenza kube nzima gqitha ukwenza izicwangciso zonikezelo lweenkonzo, ngokukodwa amagumbi okufundela nootitshala.

Ingcombolo yolwazi malunga nezikolo zesiqhelo zikarhulumente eNtshona Koloni ukusukela ngo-1995 ukuya ku-2008 iboniswe kuluHlu 1 ngezantsi ukubonisa ukunyuka kwamanani abafundi kwiphondo nokubonisa ucelo-mngeni lokuqala kwimingeni yohanjiso lweenkonzo ejongene nayo i-WCED. Ngelixa kwamanye amaphondo eye ehla amanani abafundi ababhalisa ezikolweni, i- WCED yathi gqolo yabona ukunyuka kwamanani de yangu-2004. Ukunyuka kwamanani okungaqhelekanga ngonyaka ka-2003-2004 laya kutsho kuma-23 121 kwabangelwa kukunyenyiswa komgaqo-nkqubo wokuthathwa kwabafundi abaqalayo beBanga loku-1, umgaqo-nkqubo owaqala ukusebenza ngo-2000 (kwanesizathu sokuhla kwamanani abafundi ukusukela ngo-1999 ukuya ku-2000). UVavanyo lweZikolo lwamiNyaka le luka- 2005 lwabonisa ukuba amanani akazange anyuke ukusuka ku-2004 ukuya ku-2005, ikakhulu ngenxa yokunyuka kwawo okungaqhelekanga ngo-2004. Amanani ka-2006, afumaneke okokuqala kwi-CEMIS (iNkqubo yokuLandelelwa kwabaFundi), abonise ukuhla kakhulu kwamanani ukusuka ku-2005 ukuya ku-2006. Ukunyuka kwawo ukusuka ku-2006 ukuya ku-2007 kubangelwe kukuhluma okuqhelekileyo nokulindelekileyo kunye nokulawulwa kakuhle kwe-CEMIS. Ukuhla kwamanani ngo-2008 kubangelwe kukulunyukelwa kolawulo lwabafundi nento yokuba ezinye izikolo zisokoliswa kukugcina inkqobu yokulandelela umkhondo wabafundi.

Uluhlu 1: Ubhaliso kwizikolo zesiqhelo zikarhulumente 1995 – 2008

Unyaka	iBan 1	iBan 2	iBan 3	iBan 4	iBan 5	iBan 6	iBan 7	iBan 8	iBan 9	iBan 10	iBan 11	iBan 12	Bebonke
1995	99,158	84,963	80,921	79,199	76,789	72,293	68,795	67,473	61,079	50,698	41,124	34,659	817,151
1996	99,998	84,845	81,137	79,996	77,673	74,142	69,474	72,116	62,696	54,440	43,574	36,764	836,855
1997	97,854	84,892	80,608	81,191	76,894	74,368	70,967	73,261	64,892	57,070	44,586	38,940	845,523
1998	99,380	90,168	85,625	85,188	80,881	76,716	73,928	76,949	67,644	61,926	46,115	40,980	885,500
1999	87,436	92,925	88,613	88,014	83,074	78,495	74,661	79,043	69,674	63,479	49,247	40,206	894,867
2000	64,844	81,865	92,343	91,949	85,766	80,658	75,813	80,026	70,634	63,840	48,934	40,996	877,668
2001	81,790	62,960	81,832	94,302	89,254	83,305	77,778	82,190	71,966	67,034	50,206	39,910	882,527
2002	86,969	77,026	64,134	83,022	93,188	86,786	80,865	75,601	80,450	69,752	51,618	40,468	889,879
2003	86,916	82,454	75,931	66,033	82,383	92,341	84,514	81,154	73,200	81,739	51,746	39,644	898,055
2004	104,105	82,130	81,489	76,781	66,060	82,574	89,614	85,053	78,964	80,756	54,199	39,451	921,176
2005	93,515	94,231	80,695	80,809	74,984	66,141	81,953	88,778	82,169	81,577	56,657	39,303	920,812
2006	87,650	85,972	89,828	80,443	77,811	73,106	65,347	78,926	80,595	83,529	57,536	40,198	900,941
2007	92,818	82,562	83,914	89,973	78,674	78,021	72,733	66,406	80,697	86,495	61,938	42,624	916,855
2008	91,853	83,267	79,454	85,891	87,116	78,290	76,146	71,410	72,914	79,133	63,819	43,470	912,763

Umthombo woLwazi:
1995 – 2008: Uvavanyo lweZikolo lwamiNyaka le (iZikolo zesiqhelo zikarhulumente)

Umzobo 1



Umthombo woLwazi:
1995 – 2008: Uvavanyo lweZikolo lwamiNyaka le (iZikolo zesiqhelo zikarhulumente)
StatsSA: Abemi ngo-2008 okusekelwe kwi-Community Survey ka-2007

Umngeni wesibini ejongene nalo i-WCED kukuphucula imigangatho yemfundo yabemi beNtshona Koloni. Kule minyaka mihlanu idluleyo kubekho uphuculo olungephi kwimeko yemfundo kubasebenzi baseNtshona Koloni. Asiyonto ingalindelekanga ukuba amaqondo okuqeshwa phakathi kolutsha, ngokukodwa abo bangaphantsi kweminyaka engama-25, abe ngaphantsi kwalawo abantu abadala. Oku kubonakala kwiqondo lengqesho lomyinge nje wama-29,3% phakathi kwabantu abaneminyaka eli-15 ukuya kuma-24 ubudala (abaninzi kubo abasafundayo ngexesha elingqamene neminyaka ekubhekiselwa kuyo) nomyinge wama-69,7% phakathi kwabantu abaneminyaka engama-25 ukuya kuma-34 ubudala. Ngokufanayo, abantu abadadlana kungenzeka bathathe umhlala-phantsi empangelweni yaye ngenxa yoko iqondo lengqesho phakathi kwabantu abaneminyaka engama-55 ukuya kuma-65 yobudala limalunga nesinye esithathwini (32,8%).

Kukho unxulumano olumandla phakathi kwezinga lokungafundi kunye neqondo lentswela-ngqesho. Izinga eliphakamileyo lokungafundi lifumaneka kakhulu kwiindawo zasemaphandleni. Izinga lokufundi liphakame ikakhulukazi kuMbindi Karoo (ama-37%), iKapa lesiDiliya (ama-28%), e-Eden (ama-26%), e-Overberg (ama-27%) nakuNxweme oluseNtshona (ama-29%). UMbindi Karoo nguwona ubonise ubunkenenkene bemeko yentswela-ngqesho, ukungafundi nezinga lokubhalisa esikolweni. Ngokutsho koBalo lwaBemi luka-2001 umlinganiselo wentswela-ngqesho wawungowona uphakamileyo (ama-36%), umlinganiselo wokungafundi, ngenxa yokuba ama-37% abemi abaneminyaka engaphezu kwe-14 abafundanga, yayingowona uphakamileyo yaye umlinganiselo wokubhalisa esikolweni (ama-87%) yayingowona uphantsi.

Imigangatho yemfundo nobuchule obunokuvula amathuba engqesho zizinto ezinxulumene ngokusondeleyo (phofu ke loo nto ayithethi kuthi yimfundo edala imisebenzi). Abantu abangaphezu kwama-70% abangaqeshwanga imfundo yabo ayikho ngaphaya kwebanga le-11. Nakuba lo mlinganiselo uthande ukuhla ngo-2005 kunokuba wawunjalo kwiminyaka emihlanu ngaphambidlana, inani labantu abangaqeshwanga abanemfundo yebanga le-9 ukuya kwele-11 linyuke kakhulu kweli thuba, ngomyinge omkhulu ngokweenkcukacha-manani oyi-12,6% ngonyaka. Umlinganiselo ofanayo wokukhula uyaqapheleka kwinani labantu abangaqeshwanga abaneziqinisekiso zematriki.

A.2.2 Imingeni yemigaqo-nkqubo yesizwe/yephondo

Izinto ezibalulekileyo ngokwesicwangciso-qhinga zeli sebe, umsebenzi walo ongundoqo kunye neendlela ezikhoyo ngoku zokuhambisa iinkonzo kufuneka ziqwalasele imeko ebanzi yezoqoqosho nezentlalo yaye zikhawulelane nezidingo zabantu abasebenzisa ezi nkonzo. Ngaphezu kwaloo nto, ukuphendula ngokufanelekileyo nangenjongo kumgangatho wokungalingani nokungawuthembi umgangatho wemfundo kuthetha ukuba urhulumente nesebe lemfundo kufuneka bathathe amanyathelo acacileyo okukhuthaza nokuphucula indlela abaqhuba ngayo abafundi nempumelelo yabo. Kubalulekile ukuba kulondolozwe isiseko esomeleleyo sokuxhaswa kwebakala leMfundo noQeqesho Jikelele ngokusebenzisa amaphulo afana nenkqubo yezikolo “Ezingahlawulisiyo” kunye neNkqubo yeSizwe yeSondlo eZikolweni (i-NSNP).

Ukusetyenziswa kwekharityhulam entsha kuya kusoloko kulucelo-mngeni. Kukho intaphane yophando olwenziwe kumazwe ngamazwe oluxhasa umbono wokuba ukusetyenziswa kwekharityhulam kuxhomekeke kwizinto eziliqela. Oku kuquka imfundo yootishala, amandla okwenza izinto kwabo baziinkokheli ezikolweni, inkxaso yabazali, nokuqhubekeka kophuhliso lobungcali kootitshala ukuze bahlale benolwazi ngokuqhubekayo kumazwe ngamazwe aya esondelelana ngokukhawulezileyo. Zonke ezi zinto kunye nezinye kufuneka zinikwe ingqwalasela zize zilawulwe.

Imingeni ekhethekileyo ibinento yokwenza nokungeniswa kwe-NCS kunye nemiba ehamba nayo yokuphuhliswa kwezakhono zootitshala, ukugcina uluntu luyithembile le ndlela nokulawula iimfuno zenkqubo engasenawo umahluko ocacileyo phakathi komgangatho ophakamileyo noqhelekileyo. Njengoko imiyalelo yokuhlola itshintsha ngenxa yenkqubo eya ivuthwa, kuye kwafuneka nootitshala bahambe ngesantya esifanayo nesokutshintsha kweenkqubo neendlela zokugcina. Ukuxhasa ngemali ulwandiso olunqwenelekayo lweekholeji ze-FET nokukhawulelana neemfuneko zezorhwebo kubeka ucelo-mngeni olukhethekileyo, ingakumba xa kucingwa ngokuqeqeshwa kwabasebenzi bezi kholeji.

Iinguqulelo ezenziwe kwikharityhulam zenze ukuba iindleko zokuthengwa kweziXhobo zokuNcedisa ukuFunda nokuFundisa zihlale ziphezulu. Kananjalo nemilinganiselo enganelisiyo yokukwazi ukufunda nokubhala nokubala ngamanani okungundoqo yenze ukuba kubekho inkcitho enkulu kakhulu kuthengwa iincwadi zokufunda, izinto zokukwazi ukubala nezinye ukuze kuqokelelwe izixhobo zokufundisa ezininzi. Amazinga aphantsi okufunda ezintsatsheni kunye/okanye imfundo esesikweni akwafak’ isandla nakwinkxaso nophuhliso oluhlwempuzekileyo ekhayeni (kokubini kwimfundo eyandulela ukuya esikolweni naxa kuqhutywa imfundo emiselweyo). Amalungu eebhodi zokuLawulwa kweZikolo angenamava okanye angaxhotyiswanga kakuhle ngobuchule asengomnye umngeni oqhubekekayo.

Ngenxa yokumiwa komhlaba ngendlela eyayisekelwe kwinkqubo yocalucalulo, ukufikelela kwizikolo umntu azithandayo ngumba onabantu abanomgangatho wobomi oya uphucuka nabafundi iindawo zokuthumela abantwana babo kwizikolo ezingapahndle kweendawo abahlala kuzo. Imiba yemigaqo-nkqubo yaxa isikolo “sigcwele”, neendleko eziphakamileyo zokuhamba kwabafundi besiya ezikolweni, ngamahlumela alo mngeni. Elinye ihlumela zizikolo ezikwiindawo ezisezidolophini eziqeshwa ngeendleko ezimb’ eqolo, ngelixa izikolo zikarhulumente kumhlaba wephondo kufuphi zingasetyenziswa ngokugcweleyo.

Kukho izinto ezahlukeneyo – esingabala phakathi kwazo iingcinezelo zezoqoqosho zokuqala ukuzifumanela umrholo – ezinegalelo kwizinga eliphezulu lokushiya isikolo (abafundi abangayigqibiyo iminyaka emiselweyo yokufunda). Ukuba mbalwa kwamathuba okukhetha eso sifundo usithandayo kuyaqhubeka kubachaphazela abafundi abahlala kwiindawo ezihlelelekileyo. Ukulungiselelwa kweZikolo ezaneleyo ezifundisa ngeZakhono, iiklasi zemfundo eyodwa, neeklasi zemfundo yabantu abadala kuselucelo-mngeni, njengoko kunjalo nangokufundiswa ngolwimi akhetha ukufundiswa ngalo.

Nokuvela kwezikolo “ezingahlawulisiyo” kuze nothotho lwemingeni: a) izikolo ezidinga inkxaso ukuze zingayisebenzisi iphele inkxaso-mali yazo kwazisasuka nje (zilawulwe ngokucwangcisiweyo ngokuthi intlawulo yazo ifumaneke ngezivenge ezibini) b) ukuphelelwa yingeniso efumaneka ngezi “rhafu” kwezi zikolo c) izikolo ezinqwenela ukuhlelwa ngokutsha zibe “kwinqanaba elisezantsi” ukuze zikwazi ukuxhamla kule nkxaso. Apha ke kuphakama imibuzo ngokubekwa kwesikolo kumanqanaba athile okuhleleleka kwiimeko, ngokomzekelo, apho abafundi abaninzi bethuthwa ngeebhasi basiwe kwizikolo ezikwiindawo ezithande ukuma kakuhle ngezinto zokufundisa, nalapho isikolo sicela ukuba senziwe isikolo esingahlawulisi rhafu ngenxa yemeko yasekhayeni kumakhaya abafundi ngokwabo.

A.2.3 Imingeni elijongene nayo eli sebe

I-WCED, njengoko ingoyena mqeshi mkhulu kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, ineSebe leMfundo lePhondo, elikhokelwa nguMphathiswa wePhondo ojongene neMfundo (u-MEC), i-ofisi elikomkhulu yephondo, ii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kuquka izikolo zikarhulumente zesiqhelo nezizodwa, iiKholeji ze-FET, amaziko okufunda asekuhlalemi abantu abadala kunye namaziko e-ECD.

Imisebenzi ye-WCED – umda nobungakanani

Abafundi **	945,864
Izikolo zikarhulumente zesiqhelo *	1 452
Izikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa #	72
Amaziko emfundo noqeqesho oluqhubekekayo (iikholeji zobugcisa)	6 (39 sites)
Amaziko asekuhlaleni emfundo yabantu abadala	112 (301 sites)
Izikolo zompeleso ezandulela iprayimari ezixhaswa ngemali	446
Ii-ofisi zezithili zemfundo	8
Ootitshala	31 619
Abasebenzi bakwarhulumente (inkqubo egunyazisiweyo)	8 971

**2008: uVavanyo lwaMinyaka le lwezikolo (amaBanga andulela iBanga R ukuya kumabanga alandela iMatriki)
* Amaziko akhoyo ngoku (Zonke izikolo zikarhulumente zesiqhelo, amaBanga andulela iBanga R ukuya kumabanga alandela iMatriki). NgeyeDwarha ku-2008, eli nani lanyuswa ngesi-3 oko kukuthi inani lilonke lezikolo laba li-1455
# Umthombo: i-2009 Master list 7 kweyoMdumba 2009

Ukumiswa ngokutsha kwesebe

Kweli sebe kuqhubeka inkqubo yokumiswa ngokutsha kwesebe, eqhubeka ngokwezigama kwiminyaka engaphezu kwemi-3. Le nkqubo ingena kunyaka wesithathu ngo-2009/10. Iinjongo zenkqubo yokumiswa ngokutsha zezi: ukwakha amandla esebe okukwazi ukujongana nomsebenzi walo; ukuphucula uhanjiso lweenkonzo; nokugxagxamisa ubulungisa kwezengqesho. Ngokwendlela elimiswe ngayo ngokutsha isebe, i-ofisi elikomkhulu yephondo yahlulwahlulwe yangamasebe amane (ngaphambili ayemathathu) oko kukuthi IsiCwangciso-qhinga noCwangciso (elitsha), uLawulo lweKharityhulam, ukuPhuhliswa kwamaZiko kunye noNxibelelwaniso neleeNkonzo zoShishino. Kwilinge lokusondeza inkxaso yolawulo nophuhliso ezikolweni, linyuswe kakhulu inani lezithuba zemisebenzi yokunyamekela izikolo ngokuthe ngqo kwii-ofisi zezithili.

A.3 Iinkalo ezifikelelweyo ukuza kuthi ga ngoku

1) Ukuphucula umGangatho wokuFunda

a) Ukuxhaswa ngokuqhubekayo kokukwazi ukufunda, ukubhala nokubala kwizikolo zaseprayimari

Iziphumo zeemvavanyo zokukhangela iingxaki kwiBanga lesi-3 nelesi-6 zibonisa ukuba aye aphucuka noko amanqaku okuKwazi ukuFunda nokuBhala nto leyo ithetha ukuba iindlela esingenelela ngazo ziyasebenza. Amanqaku okukwazi ukubala ngamanani angqineka kunzima ukuwaphakamisa yaye inkqubela-phambili ehamba ngonyawo lonwabo yenze kwafuneka kwenziwe imizamo ephindeke kabini ukuze kubonakale into eyenziwayo.

Kuchongwe izikolo ezingama-250 zokuthatha inxaxheba kwinqanaba lokuqala leNkalo yokuNgenelela yokuFunda, yokuBhala nokuBala (2008 – 2016). Izikolo ezili-125 zifakwe phantsi kweenkalo zokungelela zokuFunda nokuBhala kanti ezili-125 zifakwe kweyokuBala ngamaNani. Ukusungula kwephondo iziSeko zePhulo lokuFunda kwaqhutywa ngeyeNkanga yaye kwakukho abameli abasondele kuma-2 000 abasuka kwizikolo ezikulo lonke eli phondo.

b) Ukuthiwa thaca okuqhubekayo kwe-QIDS-UP ejoliswe kwezona zikolo zihluphekayo ezikwiqondo lokuhleleleka loku-1 nelesi-2 lesizwe ngo-2008/09 ukuze kuqinisekiswe ukuba ezi zikolo zifumana uncedo olungundoqo lwezixhobo, lwezinto zokufunda nokufundisa, abasebenzi nolwezimali ukube kube lula ukufunda nokufundisa ngendlela esemgangathweni.

Isicwangciso-qhinga sokungenelela se-QIDS-UP ngo-2008/9 sizame ukulungisa iintsilelo nemingeni echongwe xa bekusenziwa uphicotho-zincwadi lwezinto zoncedo (izinto zokufunda nokufundisa, izakhiwo nabasebenzi) kwizikolo ezingama-405 kwiQondo lokuHleleleka leSizwe (NQ) loku-1 nelesi-2, kwakunye nezikolo ezikwi-NQ yesi-3 “ezingahlawulisi rhafu”. Sijolise ekuphuculweni kokuhanjiswa kwenkonzo yemfundo esemgangathweni phakathi kootitshala, ukuyila imeko-bume kwigumbi lokufundela eyenza kube lula ukufundisa nokufunda, nokubonelela ngamathuba alinganayo kwiNtshona Koloni ngenkqubo yokulungisa umonakalo wangaphambili. Le nkqubo ye-QIDS-UP yeyokulungisa umonakalo wangaphambili yaye, ngendlela ecwangcisiweyo, izabalazela ukubonelela ngezinto ezingunqondo ezifana nezixhobo, izinto ezisetyenziswayo, ukulungiswa kwezakhiwo, iincwadi nezinye izinto zeelayibhrari kunye nezixhobo zokuxhasa ikharityhulam kwezona zikolo zihluphekileyo.

Ngelixa isizathu sokusungulwa kwe-QIDS-UP ikukuba izikolo ezihluphekayo ziziswe kumgangatho ofanayo nowezinye izikolo ezinezixhobo ezaneleyo zokufundisa, injongo ephambili kukuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa.

Ngoko ke iinjongo ezingundoqo:

1. Kukuxhasa nokuhlanganisa nezicwangciso zokufunda, ukubhala nokubala ze-WCED.
2. Kukungaphindaphindi, okanye ukongeza ezinye izinto kumaphulo e-WCED, kodwa endaweni yoko kwandiswe yaye kuphuhliswe izicwangciso zayo zangoku zokufundisa, ukufunda nokuhlola.
3. Kukuhlola izidingo zezikolo kwakunye nefuthe leprojekthi ngokusetyenziswa kweenkqubo zangoku zokuphononongo nokuhlola ezikwi-WCED oko kukuthi iinkqubo ze-IQMS.
4. Kukunakana ifuthe enalo intlupheko kubonelelo nomgangatho wemfundo njengempembelelo eyintloko kuyilo nasekuphunyezweni kweprojekthi.
5. Kukuqinisekisa ukuba kukho umlinganiselo othile wesibonelelo esiqinisekileyo kuzo zonke izikolo ukuze kuphuculwe impumelelo yabafundi.
6. Kukuqinisa iNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe kwiBakala le-GET ne-FET.
7. Kukwandisa uqheliselo oluqhubeka kwigumbi lokufundela ngokuqinisekisa ukuba kukho imeko-bume epholileyo nefudumeleyo kwigumbi lokufundela.
8. Kukuqinisekisa ukuba amagumbi okufundela azaliswe zizinto zokubhala ukuze kuxhaswe ukufundisa nokufunda kakuhle.
9. Kukubek’ esweni ngokufanelekileyo nokuxhasa iziThili nezikolo ekuhlanganiseni indlela yokusebenzisa ikharityhulam kunye nezixhobo zokusetyenziswa.

c) Ukusetyenziswa ngempumelelo kweNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe (NCS) kwiBanga le-12 ngo-2008.

Ngo-2008, iimviwo zokuqala zeMatriki yeSizwe (NSC) zabhalwa ngabafundi abangama-43 953 kumaziko eemviwo angama-408. INtshona Koloni yathi gqolo yanelona zinga liphezulu lokuphumelela kwabafundi elingama-78,6%, kodwa ke, kwabakho ukuhla nge-2% xa kuthelekiswa nezinga lokuphumelela elingama-80,6% elafikelelwayo ngo-2007 kwiimviwo zeMatriki (iNgxelo 550).

Bali-14 522 (33.04%) xa bebonke abafundi ababechophele iimviwo abathi baphumelela iMatriki ngendlela yokuba bakwazi ukufundela i-Bachelors Degree, ngelixa abafundi abangama-7 182 ababechophele iimviwo baphumelela iMatriki ngendlela yokuba bakwazi ukungena kwiMfundo ePhakamileyo, ngelixa abali-12 851 abafundi baphumelela iMatriki ngendlela yokuba bakwazi ukufundela ukufumana iDiploma. Kumbandela womgangatho wokuphumelela, bangaphezulu ngama-4 222 abafundi ababechophele iimviwo zabo abathi bakwazi ukufanelekela ukuya eYunivesithi ngo-2008 kunango-2007. Oku kubonisa ukuba liqaqambile ikamva leli phondo.

Bali-19 957 xa bebonke abafundi abathi babhala iMathematika ngo-2008, yaye bali-13 612 xa bebonke abafundi ababhala ezeNzululwazi yaye kubo abali-13 003 (65%) baphumelela iMathematika ngama-30%, yaye bangama-9 691 (71%) abafundi abaphumelela ezeNzululwazi ngama-30%. Bangama-8 031 bebonke abafundi abaphumelela iMathematika ngama-50% okanye ngaphezulu, yaye abafundi abangama-4 351 baphumelela ezeNzululwazi ngama-50% okanye ngaphezulu.

Kuxhalabisa kakhulu ukuncipha kwenani labafundi ababhalisela izifundo zeMathematika nezeNzululwazi, kwanendlela abaqhuba ngayo aba bafundi. Ngokungeniswa kwesifundo sokuKwazi ukuFunda iMathematika, esathi safundwa ngabafundi abangama-24 550, kubang' umdla ukubika ukuba ama-91,27% abafundi ababechophele iimviwo baphumelela isifundo sokuKwazi ukuFunda iMathematika ngama-30% yaye abangama-7 377 baphumelela ngama-40%.

Umzobo 2
Umthombo: uMphathi weNkqubo



Ngokusuka kule grafu ingasentla, kunokubonwa ukuba amanani abantu abenza izifundo zeNzululwazi angaphantsi lee kunamanani abafundi abenza iMathematika. Kananjalo, izinga lokuphumelela kwabafundi ezeNzululwazi lingaphantsi kunelo leMathematika. Le yinkalo ekufuneka inikwe ingqalelo kakhulu.

d) Ukuqinisa isiCwangciso-qhinga seSizwe sokuPhumelela kwabaFundi (NLAS) ukuze kuncitshiswe inani lezikolo ezifumana ngaphantsi kwama-60% abafundi abaphumelela iimviwo zeMatriki.

Ukuba umntu uhlola iziphumo zika-2008 zezikolo zikarhulumente ezingama-54 ezaziqhube kakubi ngo-2007 umntu unokubona ukuba:

- izikolo ezingama-23 kwezingama-56 (54 zikaRhulumente) ziliphucule izinga lazo lokuphumelela kwabafundi langaphezu kwama-60%.
- izikolo ezingama-30 kwezingama-56 (zikaRhulumente) ziziphucule iziphumo zazo ukuya kumanqanaba ahlukeneyo.
- izikolo ezingama-24 zibonise ukuhla kwiziphumo zazo zeemviwo zokugqibela xa kuthelekiswa no-2007.

Amagosa e-WCED anika izikolo zikarhulumente ezingama-54 inkxaso ebanzi. Undoqo wesicwangciso-qhinga sokukhawulelana nazo yayiluluhlu lweendlela zokungenelela, ezisekelwe kwiimfuno zesikolo ngasinye, kwakunye namaphulo aququzelelwa liphondo. Isicwangciso-qhinga se-WCED ngo-2008 sasijoliswe kwiinkalo ezi-3 ezingundoqo, oko kukuthi, uLawulo nobuNkokheli, ukuFundisa nokuFunda kunye nokuThungelana nokuBambisana.

Kuyacaca ukuba izikolo ezithile zingena ziphuma kule nkqubo. I-WCED iziqwalasele izinto ezifundwe kule minyaka imbalwa idluleyo yaye iza kusebenzisa amaQela eeSekethe amatsha ukuze icwangcise inkqubo ye-NSLAS ekuqinisekiseni ukuba zonke izikolo ezithi zibe nobunzima ziyaxhaswa yaye ziyaqiniswa.

e) Ukuphuhliswa kobungcali okuqhubekekayo kweenqununu nootitshala (Advanced Certificate in Education (ACE) kwakunye ne-National Professional Diploma in Education (NPDE)), yaye iinqununu zathi zabhaliswa kwi-ACE ethatha iminyaka emibini, kanti zona iititshala zabhaliswa kwizifundo ezahlukeneyo

I-WCED ibhalise iinqununu ezingama-289, oosekela-nqununu neeNtloko zamaSebe kumaZiko eMfundo ePhakamileyo amathathu kulo lonke eli phondo kwi-ACE yeSikolo sobuNkokheli. Sithetha nje i-WCED inabafundi abangama-396 abenza unyaka wokuqala nowesibini kwi-NPDE ababhaliswe kwii-HEI ezimbini. Ukongezelela, ootitshala abamalunga nama-520 babhaliselwe ukwenza iinkqubo ezahlukeneyo ze-ACE.

f) Ukuqalisa kokusetyenziswa kweendawo ezingama- 200 zeekhompyutha njengenxalenye yobuGcisa beKhanya kwiProjekthi yeMfundo

Zizikolo ezingama-813 xa zizonke ezithe zabonelelwa ngeendawo zobugcinsa, ngokuqhelekileyo iilebhu zeekhompyutha, nganye kuzo ineekhompyutha eziphakamathi kwama-25 nama-40 (ezithungela ngohlobo lwe-LAN nezikwaziyo ukunxibelelana nge-Intanethi). Ezinye izikolo ezili-179 zisendleleni yokulungiselelwa izinto zokusetyenziswa. Zingama-32 011 iikhompyutha ezihamba nganye ezifakwe kwezi zikolo. Ootitshala abali-19 750 bafumene uqeqesho olungundoqo kwi-IT. Bamalunga nama-663 852 abafundi abaxhamla ekusebenziseni ubuchwepheshe yonke imihla. Le nkcitho ngo-2007/2008 yayizizigidi ezingama-R84. Kuhlahlo lwabiwo-mali luka-2008/2009 yayizizigidi ezingama-R93. Le nkqubo iqhubeka kanye ngokwezicwangciso.

g) Ukuphunyezwa kwesifundo solingelo esilungiselelwe abalawuli bezikolo njengamashishini ngo-2008.

Le nkqubo yagunyaziswa yi-ETDP-SETA yaye yaqalisa ukulingwa kweyeThupha ku-2008. Ngokwezicwangciso iza kuqhubeka de ibe yeyeNkanga ku-2009.

h) Zonke izikolo zimele ziqulunqe izicwangciso zokuphuculwa kwezikolo (SIP) zize zizibekele iithagethi, eziza kusebenza njengesiseko senkxaso efumaneka kubasebenzi abanika uncedo abakwizithili, kwakunye nokuphononongwa kwesikolo xa sisonke (WSE) kwizikolo ezingama-30 ubuncinane ngonyaka.

Zonke izikolo zazinezicwangciso zokuphuculwa kwezikolo kunye neethagethi zowe-2008. Zonke izikolo eziphakamileyo zizibekele iithagethi zamanani abafundi abaphumelelayo kwiBanga le-12. Ngaphambi kokwenziwa kwee-SIP zika-2009 kuye kwanikelwa uqeqesho olulodwa kwii-SMT nakwabo basebenza kwii-ofisi zeziThili malunga nendlela yokumisela iithagethi ezifikelelekayo. Zizikolo ezingama-56 eziza kube ziphononongiwe xa kuphela unyaka-mali, yaye ezingama-31 kuzo zizikolo eziphantsi kwenkqubo ye-QIDS-UP.

i) Ukuphuhliswa kootitshala (ukuphuhliswa okuqhubekekayo nokukhawuleziswayo kootitshala) – kuqinisekiswa ukuba baba nefuthe elikhulu yaye banokuphenduliswa ngokweNkqubo eHlanganisiweyo yokuLawulwa kwemiGangatho (IQMS).

Kusetyenziswa indlela yokulinganisa intsebenzo yootitshala kuzo zonke izikolo kweli phondo.

k) Isigaba sokugqibela sokuvuselelwa kwazo zonke iiKholeji ezi-6 ze-FET, yaye kujoliswe ekukhulisweni kwezakhiwo zeKholeji yoNxweme oluseNtshona, ukuze kuqinisekiswe ukuba kuphuhliswa izakhono ngokuvumelana nee-MEDS kunye nezidingo zesizwe, njengoko kuboniswe kwisicwangciso-qhinga sesizwe sokuphuhliswa kwabasebenzi.

Abahlohli kunye noomanejala baqeqeshwe kwimibandela enxulumene ne-National Certificate (Vocational) (NC(V)); abasebenzi bolawulo baqeqeshiwe ekusebenziseni indlela yolawulo ye-MIS. Iinkqubo ziye zaphuculwa. Iindawo zokusebenzela zobunjineli, amakhitshi, amagumbi okufundela neendawo zeekhompyutha ziphuculiwe. Kwakhiwe amagumbi okufundela amatsha neendawo zokusebenzela. Iindawo zokusebenzela nee-ofisi zifakelelwe izixhobo ezitsha. Kusetyenziswe iinkqubo ezili-12 ze-NC(V) kulo lonke iphondo yaye kuthengwe neencwadi ezibalaseleyo zezikhokelo. I-Vredendal Campus yeKholeji yakuNxweme oluseNtshona igqityiwe, yaye umsebenzi wokwakha kwi-Vredenburg Campus uqhubeka ngokwesicwangciso. Le nxalenye yekholeji yakhiwa ngezigaba yaye inkqubela-phambili yomsebenzi ixhomekeke kubukho bemali. AmaZiko amabini amatsha eZakhono eziGqwesileyo (oko kukuthi Ukwakha izikhephe eFalse Bay nelobuGcisa bokuYila ne-ICT eKapa – aqaliswe njengenxalenye yegalelo le-WCED kwiPhulo eliHlanganisiweyo lobuGcisa bokuYila leli phondo – aqhubeka kakuhle.

l) Ukunyuswa kwamanani abafundi abathatha inxaxheba kwiMathemathika, izifundo zeNzululwazi neTeknoloji ngokuthi gqolo kusetyenziswe izikolo zoJoliso, nokunyuswa kwenani lezikolo zeDinaled, nokuphuculwa kwamazinga okuphumelela iMathemathika nezeNzululwazi kwiBanga le-12.

Ubhaliso lwabafundi ababehlelelekile ngokwasembalini kwizifundo zeMathemathika nezeNzululwazi kwizikolo zeDinaledi luphindaphindeke kabini kule minyaka mihlanu idluleyo, ngokukodwa kubafundi ababhinqileyo nabangamadoda abamnyama abenza ezi zifundo. Inani lezikolo zeDinaledi linyusiwe ukuya kuma-48, yaye ukongezelela kukho iZikolo zoJoliso ezisi-8 zeMathemathika zeNzululwazi neTeknoloji (MST).

Ngo-2008 kudlulwe ngaphaya kwethagethi yephondo yama-8 000 yokuphumelela ngezinga eliphezulu izifundo zeMathemathika, nto leyo ebe negalelo ekufikelelweni kwethagethi yesizwe yokufikelela ama-50 000 okuphumelela okunjalo kwiiMviwo zeMatriki zeSizwe zika-2008.

Izikolo zeDinaledi neze-MST zabinza nge-1 398 (17,4 %) kwithagethi yephondo yokuphumelela kwabafundi iMathematika yenqanaba eliphakamileyo yama-50% nangaphezulu. Abafundi abangama-761 (17,5%) baphumelela ngenqanaba eliphakamileyo izifundo zeNzululwazi ngama-50% nangaphezulu.

m) Ukufikelela kakhulu ku-ABET ngezifundo zekharityhulam ezicwangcisiweyo zeNqanaba loku-1 nelesi-2 eziqhutywa kumaziko.

Icandelo lolawulo elingaphantsi lekharityhulam elisandul' ukusekwa lisebenzise iindlela eziliqela zokungenelela. Kuqulunqwe iziCwangciso zeziFundo, ngelixa kuye kwaqeqeshwa abo banika iingcebiso ngekharityhulam kuzo zonke izithili. Imisebenzi yoHlolo olusekelwe kumaziko yaguqulelwa yasiwa kwisi-Afrikaans yaza yathunyelelwa kuzo zonke izithili. ImiGangatho yeeYunithi eHlaziyiweyo yaguqulelwa yasiwa kwisi-Afrikaans yaza yathunyelelwa kuwo onke amaziko ee-CLC.

2) Izinto ezenziweyo ukuphucula iinkqubo nenkxaso

a) Isigaba sesibini sokuphunyezwa kweziseko ezimisiweyo ezincinane ze-WCED emiswe ngokutsha

Abasebenzi baqeshwa ngokuqhubekekayo nangendlela yonyuselo, yaye kwasekwa enye i-ofisi yesithili e-Overberg

b) Ukuphuhliswa ngokubhekele phaya kwemigaqo-nkqubo nezicwangciso-qhinga zemfundo ezingundoqo zephondo, njengoko kuboniswe ngophicotho-zincwadi lwemigaqo-nkqubo olqwenziwe liCandelo loLawulo elisandul' ukusekwa lokuNxibelelanisa imiGaqo-nkqubo.

Isigaba soku-1 sophicotho-zincwadi lwemigaqo-nkqubo siza kuqosheliswa ngasekupheleni konyaka-mali 2008/9.

d) Ukuqinisekisa ukuba inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi isebenza ngokusulungekileyo, kuze kuqaliswe ukusetyenziswa kweNkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo noQeqesho oluQhubekekayo (FETMIS) kwiiKholeji ze-FET.

Inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi iyasebenza yaye igcinwa isebenza kakuhle. Izigqibo zolawulo ezinjengokwabiwa kwenkxaso-mali ngokweMimiselo nemiGangatho, kunye noBonelelo lweziThuba, zisekelwe kulwazi olufunyenwe kwinkqubo yokulanda umkhondo wabafundi (CEMIS). Inkqubo yesizwe yokulawulwa kwezikolo (SASAMS), yenziwa isebenze ngewebhu ukuze ihlanganiswe nenkqubo yokulanda umkhondo wabafundi. Le I-SAMS ifanele ilingwe ekuzeni kuphela kuka-2009. Izikolo ezili-100 zilinga le nkqubo ye-SASAMS.

I-FETMIS: Kungoku nje i-WCED izama ukufumana inkqubo esebenza kuzo zonke iimeko kwii-FET ibambisene ne-DoE.

e) Ukuphucula zonke iinkalo zokulawulwa kwezimali nemisebenzi yocwangciso-mali ukuze ekugqibeleni kufikelelwe kwiNqanaba lesi-4 lombutho oncwadi zawo zinokuphicothwa kakuhle.

I-WCED inikwe ingxelo yophicotho-zincwadi engenamakhwiniba ngo-2008.

f) Ukunatyiswa nokuphuculwa ngokuqhubekekayo kokhuseleko ezikolweni, kujoliswe ekuphuculweni ngendlela ebonakalayo ukhuseleko kwizikolo ezisemngciphekweni, ukuze kuqinisekiswe ukuba kukho ummandla okhuselekileyo wokufunda.

Into eqaphelekayo ibe kukufakwa ngempumelelo kweekhamera zokubek' esweni ze-CCTV kwizikolo ezingama-60 kweli phondo. Ezimbalwa kwezi zikolo zibekw' esweni kwindawo eyodwa. Enye into eza kwenziwa ekunabiseni le nkonzo iza kuba kukuseka inkqubo yokubek' esweni zonke ezi zikolo zingama-60. Kuyaqhutyekwa nokuphucula ngendlela ebonakalayo ukhuseleko ezikolweni njengoko kuthi kuphakame imfuneko yoko. Oku kuquka ukufakelwa kweenkqubo zeentlaba-mkhosi zobuchwepheshe, iintsimbi zokukhusela iingcango neefestile kunye nokubiyelwa kwezikolo.

g) Ukwakhiwa ngokuqhubekayo kothungelwano lwezentlalo kwezemfundo ngokusebenzisa, phakathi kwezinye izinto, umbutho osandul' ukusekwa wootitshala abadl' umhlalaphantsi, ukuncedisa izikolo ekusunguleni iMibutho yabaFundi bangaPhambili, iphulo lokufundisana koontanga, nokubonelela ngamaqonga eengxoxo eebhodi ezilawula izikolo (ii-SGB). Kuza kuqhutyekwa nokuqeqeshwa nokuxhaswa kwee-SGB nee-RCL ukuze kuphuculwe uthatho-nxaxheba lwazo nobunkokheli ekuphenduleni kwimingeni yezophuhliso eyahlukene nayo ezijongene nayo izikolo.

INkomfa ye-RCL ephondweni yaqhutywa ngeyeKhala ku-2008. Amaphulo othungelwano lwezentlalo aye aqaliswa kwiiNdawo eziPhambili ezingama-27 zesiCwangciso sokuGuqulwa kwezeNtlalo. Kukho abafundi abamalunga nama-6 500 abafundisa abalingane babo kwizikolo eziphakamileyo ezili-145, abanegalelo ekuphuhlisweni kothungelwano lwabantu kwezentlalo, bethetha ngemiba efana nendlela yokuziphatha ngokwesini nokusetyenziswa kakubi kweziyobisi notywala phakathi kweentanga zabo, yaye bebanceda ekwenzeni ukhetho olufanelekileyo kwindlela abaphila ngayo.

h) Ukuphuhliswa kweendlela zokuKhathalela nokuXhasa abantwana abasemngciphekweni

Zonke izikolo ze-WCED zikhuthazwa ukuba zibe zizazulu zokukhathalela nokuxhasa abantwana abasemngciphekweni (SNOC) – ingqiqo ethetha into inye nokuba ziZikolo zeNkathalo, iZikolo zoLuntu neZikolo zokuphucula ezeMpilo. Ngokubambisana nemibutho esekelwe eluntwini kunye namanye amasebe karhulumente, kuqhutywa uqeqesho lweebhodi ezilawula izikolo. Ekuqaleni oku kujoliswe kwezona ndawo zinezikolo ezihlelelekileyo kunye neendawo ze-STP-27. Kuza kulandela uqeqesho lootitshala. Iingxikela zeentlanganiso zohanjiso lweenkonzo, ezaqaliswa ngephulo le-SNOC kubanjiswene nee-NGO, nezaziyilelwe ukuphucula indlela yokufikelela uncedo lokuphelisa intlupheko ngezibonelelo zentlalo ezifana nesiBonelelo sokuXhasa abaNtwana, ngoku zithe zayinxalenye ebalaseleyo yenkqubo karhulumente wephondo yokuGuqula ezeNtlalo. Iingxikela zeentlanganiso ezingama-30, ngoku ezikhokelwa liSebe leNkulumbuso, nekulindeleke ukuba zifikelele ebantwini abangaphezu kwe-100 000, zaphunyezwa kuwo onke amabakala amathathu karhulumente – ngokusebenzisana neziseko (zonxibelelaniso) ezicwangciswe ekuhlaleni, ezimele imibutho yoluntu yasekuhlaleni, kujoliswe ebantwaneni nakulutsha.

A.4 Indlela eya phambili

A.4.1. Izikolo zeenkonzo zompeleso

Inkqubo eyandulela iBanga R

Inkqubo eyandulela iBanga R sithetha nje iqhutywa lisebe leMpilo neloPhuhliso loLuntu kweli phondo, kwakunye noomasipala, ngokusetyenziswa kwamaziko ahlukeneyo. Kuphuhliswe isicwangciso-qhinga sohanjiso lweenkonzo oluhlanganisiweyo. I-WCED ifak' isandla ngokuqeqesha abantu bokugcina abantwana kunye nootitshala kwakunye nokuphuhlisa ikharityhulam efanelekileyo. Ngokuxhasa i-EPWP, nokuqinisekisa ukuba iqela labantwana abaneminyaka esuka ku-0 ukuya kwemi-4½ bafumana imfundo esemgangathweni, i-WCED ixhasa ngemali inkqubo yokuXhotyiswa ngamaVa kwabantu bokugcina abantwana kunye nootitshala be-ECD. Ababoneleli ngeenkonzo zoqeqesho abagunyazisiweyo baqhuba uqeqesho olufanelekileyo.

IBanga R kumaziko asekuhlaleni

Ngokwe-NCS kukho unyaka omnye wemfundo ngaphambi kokuba umntwana angene kwiBanga loku-1. Lo ke ngunyaka wokwenziwa kweBanga R, apho kubonelelwa abantwana abaneminyaka emi-5/6 ubudla ngezakhono eziyimfuneko ezandulela ukufunda nokubhala nokukwazi ukubala, kwakunye nezakhono zobomi zokubanceda bakwazi ukumelana ngempumelelo nenkqubo yokufunda emiselweyo. Ngelixa okwangoku iBanga R lingekathathwa njengemfundo enyanzelekileyo, liyinxalenye engundoqo kwisiGaba esiSisiseko se-NCS. I-WCED inenjongo yokwenza ukuba uninzi lwabantwana abaneminyaka emi-5/6 ubudala bakwazi ukufikelela kwimfundo yeBanga R eNtshona Koloni ngonyaka ka-2010 okanye kamsinya kangangoko kunokwenzeka emva koko. Ukuze likwazi ukufezekisa le njongo, isebe libonelela ngenkxaso-mali kubafundi abongezelelekileyo abangama-3 000 beBanga R ngonyaka. Kuqikelelwa ukuba malunga nama-46% abantwana abakubudala bokufunda kwiBanga R bafunda kuloo maziko axhaswa ngolo hlobo. Ootitshala nabantu abagcina abantwana baqeqeshwa ngokulandela inkqubo yokuxhobisa ngamava. Kananjalo kuza kuqeqeshwa neeKomiti zoLawulo. Onke amaziko asekuhlaleni abhaliswe ngokusemthethweni aza kuthi gqolo afumane inkxaso efanelekileyo. Ngokuvumelana neemfuneko zesizwe, onke amaziko asekuhlaleni kweli phondo kufuneka abhaliswe njengezikolo ezizimeleyo.

A.4.2 Izikolo

IBanga R kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo

I-WCED iza kubonelela ngenkxaso-mali kubafundi abongezelelekileyo beBanga R nokuthi gqolo iqeqesha ootitshala ukuya kumgangatho oza kuqinisekisa imfundo esemgangathweni kusetyenziswa uMfuziselo wokuXhobisa ngamaVa. Izixhobo zomsebenzi ezihlanganisa izinto zokufunda ngaphakathi kwigumbi lokufundela naphandle ziza kuqhubeka zinikwa izikolo ezikhethiweyo zikarhulumente zaseprayimari kulo lonke li leNtshona Koloni. Utitshala ngamnye weBanga R kwisikolo esinjalo uza kuqeqeshwa kwindlela yokusebenzisa ezi zixhobo. Izixhobo zokufundisa ziza kwenziwa zifumaneke ngokuvumelana nezidingo. Kuza kugcinwa iiklasi zeBanga R ezinguMfuziselo ezingama-24 kwizikolo zikarhulumente zaseprayimari kuyo yonke iNtshona Koloni. La maziko aza kusetyenziselwa ukubonisa eyona ndlela ingcono yokusebenza nokuqeqeshwa emsebenzini kwabo bonke ootitshala beBanga R nootitshala besiGaba esiSisiseko kwimimandla yabo eyahlukeneyo. Abafundi abatsha baza kungeniswa ngokwezigama kwiiklasi zeBanga R ezicetyelwe izikolo zikarhulumente zesiqhelo, ngaloo ndlela kusandiswa amanani eeklasi kwicandelo elimiselweyo. I-WCED iza kuqhubekeka nokuxhasa iZiko lokuPhuhlisa iZakhono ze-ECD ekuxhaseni ukuqeqeshwa kootitshala emsebenzini. Zonke iiklasi ezibhaliswe ngokusesikweni zeBanga R kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ziza kuqhubeka zifumana inkxaso efanelekileyo.

Ukuze kwenziwe kube lula ukufikelela kwabantwana ngokubanzi kwiBanga R, i-WCED iza kubonelela ngenkxaso-mali kubafundi abongezelelekileyo abangama-3 000 beBanga R ngonyaka kwizikolo zikarhulumente. Kuqikelelwa ukuba bamalunga nama-54% abantwana abakubudala bokufunda kwiBanga R abafunda kwiiklasi ezilolo hlobo.

2. IBanga loku-1 ukuya kwele-12

Ulwazi oluqokelelwe kuBalo lwaBemi ngo-2001 ne-EMIS ye-WCED lubonisa ukuba baninzi gqitha abantwana ababhaliswayo ezikolweni abakwiminyaka emi-6 ukuya kweli-15. Ukongezelela, baninzi abantwana eNtshona Koloni abafundi kumabanga afanele ubudala babo.

Kuza kuqhutyekwa neenkqubo zokuxhasa oku kulandelayo yaye ziza kunatyiswa, ngokuvisisana nenjongo yethu yokubalaselisa ukuphuculwa kwamathuba okufunda neziphumo kusenzelwa ootitshala nezithili: ukuphuculwa kwezakhono nokuxhobisa kwakhona ngezakhono ootitshala kusetyenziswa imeko entsha neendlela zokufundisa zeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe; ukwazisa kusengaphambili ngeNdebe yeHlabathi ka-2010 kuwo onke amabanga; ukumisela nokuzinzisa isiCwangciso sokuFunda, ukuBhala nokuBala; umasifundisane lootitshala be-GET ne-FET ukuze komelezwe izicwangciso-qhinga zokwenza izicwangciso nolawulo kumagumbi okufundela; ukufakelwa kwe-ICT kwikharityhulam; ukuphuhliswa ngokobungcali kobuchule obufanelekileyo kwiingcali eziceba/ezicebisa ngekharityhulam ukuze kubonelelwe ootitshala ngenkxaso; umasifundisane kunye namatyelelo ngenjongo yokuncedisa, ukukhokela nokuxhasa iinqununu kulawulo, ngokukodwa kwizikolo zojoliso nezo ziwela kwimimandla ye-STP-27; iingcali zokumisela isantya seBanga le-10 ukuya kwele-12; ukumisela umgangatho wawo onke amabanga.

Izikolo Ezizodwa

Iinkonzo zemfundo eyodwa ziyasulungekiswa ukuze kuqwalaselwe izidingo ze-WCED nokuze kuqinisekiswe ukusetyenziswa ngokupheleleyo kobutyebi obufumanekayo. Sithetha nje iinkonzo zenkxaso zemfundo eyodwa zinokufunyanwa ngumyinge omalunga nama-70% kuphela xa kuthelekiswa neyona ntswelo iyiyo. Eyona ntswelo inkulu ikwicandelo “leZikolo zeZakhono”. Okwangoku indlela yokufundisa kwicandelo lezikolo ezizodwa ayikwazi ukukhawulelana neemfuno ezikhulayo zabafundi, ngokukodwa kwiindawo ezisemaphandleni. Ukunqongophala kweenkonzo zemfundo eyodwa elungiselelwe abafundi ababonisa izithintelo ezinzulu zeemvakalelo, zokuziphatha nezengqondo ekufundeni kufuneka kuqwalaselwe ngokungxamisekileyo ngabathathi-nxaxheba abahlukeneyo. I-WCED ithethathethana neSebe lezeMpilo ngokubhekisele koku. Uthethathethwano olubhekele phaya luphazanyiswa ziingxaki zemali ajongene nazo omabini la masebe.

Inkxaso yekharityhulam ichongwe njengenkalo engundoqo ekudingeka iqiniswe kwizikolo ezizodwa. Kuza kuqhutyekwa kujoliswe ekuqiniseni zonke izikolo ezizodwa ukuze zikwazi ukusebenza njengamaziko eenkonzo zoncedo, ebonelela ngenkxaso kwizikolo eziqhelekileyo. ICandelo loLawulo le-WCED: iNkxaso yeMfundo Eyodwa lifumene inkxaso-mali kwiSebe leMfundo leSizwe elungiselelwe kanye le njongo.

A.4.3 Iikholeji ze-FET

Eli candelo libaluleke kakhulu kwizicwangciso zophuhliso, ngokukodwa ekubeni liyilelwe ukuba abafundi bafikelele kakhulu kulo (ngokuphuhliswa kwezifundo ezifanelekileyo kunye nokufumaneka kwenkxaso-mali). Eli candelo sele lizithe thaca izicwangciso zophuhliso ezikwisicwangciso-qhinga, lazimisa ngokutsha izifundo ezifundiswayo, laza lafundisa lisebenzisa ikharityhulam yezifundo ezitsha, kusekelwe ngokuyintloko kuphando olwenzelwe ii-MEDS. Ukongezelela, imali yokuphucula izakhiwo nezixhobo zokufundisa, ekhutshwe yi-DoE, ibe luncedo ekwenzeni iikholeji zikwazi kakuhle ukukhawulelana nezidingo zophuhliso lweli phondo, kwakunye noqoqosho. Ngokusebenza ngokusondeleyo nee-SETA, iikholeji ziyakwazi ukufikelela kwiithagethi zokuxhotyiswa kwabafundi ngamava ezibekwe liSebe lezabaSebenzi kwisizwe ngokubanzi. Inkangeleko ebalulekileyo yokuphuhliswa kweli candelo kukusekwa kwe-FET College Information System eza kwenza isebe likwazi ukulandelela ngokuchanekileyo inkqubela yabafundi nokusulungeka kwale nkqubo.

Ngenxa yohlahlo lwabiwo-mali olwaneleyo, iikholeji zikulungele kakuhle (njengoko zinezixhobo zokufundisa eziphuculiweyo), ukukhawulelana nokunqongophala kwezakhono kweli Phondo, kwakunye nezinto ezibalulekileyo kwisicwangciso-qhinga sesizwe. Kodwa ke, kule minyaka ilandelayo kuza kujoliswa ekuphuculeni ngokuqhubekekayo izakhono zabasebenzi, ukufumana iimali zenkxaso, ukwandisa amanani abafundi, utyalo-mali kwizakhiwo nokugcinwa kwazo. Kwimfundo noqeqesho lomSebenzi, izixhobo neendawo ezisetyenziswayo ziya zishiywa lixesha njengoko ezobugcisa zihambela phambili ngomlinganiselo omkhulu. Ukulungela ukungena emsebenzini kuthetha ukuba abafundi banolwazi ngezinto zobugcisa zakutsha nje.

A.4.4 Imfundo noqeqesho lwabantu abadala

Uhanjiso lweenkonzo zakwa-ABET, kuquka nekharityhulam, ulawulo nokuphatha, kuvisisaniswe neemfuno zamaphulo ephondo nawesizwe, umz. i-HCDS neNkqubo yeMisebenzi yoLuntu eYongezelelweyo (EPWP). Kubonelelwa abafundi abangama-2 500 ngonyaka abaza kuxhamla kwikharityhulam ejoliswe kwizakhono ku-ABET inqanaba loku-1 ukuya kwelesi-4 nemfundo eqhubekekayo – kuqinisekiswa imfuneko yemfundo yobomi bonke.

Ukufikeleleka kakhulu kwe-ABET kuqinisekiswa ngekharityhulam eneemodyuli ecwangciselwe iNqanaba loku-1, lesi-2 nelesi-3 nefumaneka kumaziko, nokunyuswa kwamandla okwenza izinto neendlela zoqeqesho olujoliswe kubalawuli bamaziko nezakhiwo zolawulo. Kuza kuqwalaselwa ngokukodwa izifundo ezikhethiweyo kwiNqanaba lesi-4 le-ABET, oko kukuthi i-Ancillary Health Care, iMathematika, ezeNzululwazi neTeknoloji.

Iziqinisekiso zokuphumelela kootitshala abangalufundelanga okanye abangalufundelanga ngokwaneleyo olu hlobo lwemfundo ziza kuphuculwa ngokufakwa kwiiNkqubo zokubaXhobisa ngamaVa okusebenza ngokubambisana ne-ETDP SETA. Icandelo le-ABET liyaguqulwa ukuze kuqinisekiswe ukuba linikezela ngeenkqubo eziza kuba yinzuzo kwabo bantu babekade bekhutshelwe ngaphandle kwenkqubo yemfundo. Eli candela kunye neenkqubo ezifundiswayo liye lahlengahlengiswa, ngelixa amaZiko okuFunda asekuHlaleni (ii-CLC) esenziwa afikeleleke kakhulu kwabo bebekhutshelwe ngaphandle kwenkqubo yemfundo emiselweyo, engundoqo.

Izinga lokuhlala nokuphumelela kwabafundi kokubini kwimfundo engundoqo nemfundo eqhubekekayo kumaziko abantu abadala liza kuphuculwa ngokuthi kufundiswe izifundo ezifaneleke kakhulu, kuphuculwe indlela yokuphatha nolawulo, kuphuculwe neendlela zokufundisa. Kuza kutsalwa umdla wabafundi abaninzi ngokuthi kuphuculwe iindlela zokuthethelela olu hlobo lwemfundo kwiindawo zasekuhlaleni kusetyenziswa iindlela zosasazo ezahlukeneyo. Oku kuza kubalaselisa imbaluleka neenzuzo zeMfundo yabaNtu abaDala yaye injongo iza kuba kukusiphula neengcambu iingcinga ezingentle nokugqwaliseka okwayanyaniswa nokungafundi.

Izifundo ezineziqinisekiso zezakhono ezijoliswe ekufundisweni emsebenzini, kwintswela-ngqesho, amabhinqa nemimandla yasemaphandleni kuza kuqhubeka kuyintsika yonikezelo lwekharityhulam kumaziko akwa-ABET ngo-2009 - 2012. Ezo zifundo zijoliswe kumashishini angundoqo eNtshona Koloni, umz. ezoKhenketho, ukwAkha, ukwEnza iiMveliso nokuThengisa. Ezi zifundo ziza kufundiswa kubanjiswene nee-SETA kwakunye neSebe lezabaSebenzi.

Ubambiswano olukhoyo namasebe ephondo asi-8 luza kulondolozwa, ngelixa kuza kubunjwa ubambiswano olutsha namanye amasebe ephondo kunye nezoshishino. Uqeqesho olujoliswe kubalawuli bamaziko, iibhodi ezilawula izikolo kunye nootitshala ngumba ophambili ekuqinisekiseni ukuba ii-CLC zinako ukuphendula kwimingeni yecandelo eliguquliweyo le-ABET.

ICANDELO B: IZICWANGCISO ZECANDELO, ZEENKQUBO NEZEENKQUTYANA

Icandelo B lesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka liqulethe izicwangciso neethagethi zethuba le-MTEF lika-2009/10 ukuya ku-2011/12 zecandelo lemfundo yephondo xa lilonke, nangokweenkqubo neenkqutyana zohlahlo lwabiwo-mali. Ekwenzeni oku, olu xwebhu lukwabonisa uhlalutyo olubanzi ngokuhamba kwezinto ngaphambili kunye nemingeni, hlalutyo olo oluthi lube nefuthe kwizicwangciso neethagethi ezithiwe thaca apha.

Icandelo B.0 lithetha ngecandelo lemfundo yephondo xa lilonke, iCandelo B.1 ukuya ku-B.8 lithetha ngeenkqubo zohlahlo lwabiwo-mali ezimiselweyo ezisibhozo ezihlelwe ngazo iinkonzo zemfundo zeli phondo, yaye iCandelo B.9 lithetha ngezicwangciso zotyalo-mali kwizakhiwo nezinye izinto zokusetyenziswa.

Kulo lonke eli candelo, kusetyenziswa uluhlu lweenkcukacha-manani nezinto zokulinganisa intsebenzo ukuze kumiswe kakuhle uhlalutyo nezicwangciso.

- Uluhlu lweenkcukacha-manani olungundoqo luhlanganisa ulwazi oluqokelelweyo malunga nemali nezinto ezingenakwenza nemali, yaye luyafana kuwo onke amaphondo asithoba.

- Iindlela zokulinganisa intsebenzo zizalathisi ezinexabiso elinye ngonyaka ngamnye, apho amaxabiso ebonisa indlela okuqhubekeke kakuhle ngayo ukuhanjiswa kweenkonzo kwiminyaka edluleyo, okanye indlela ekulindeleke ukuba ukuhanjiswa kweenkonzo kuqhubeke ngayo kwiminyaka elandelayo, ngokuvumelana neenjongo zikaRhulumente. Kukho umahluko phakathi kweendlela zokulinganisa intsebenzo ezingundoqo neendlela ezisetyenziswa kwiphondo ngalinye. Iindlela ezingundoqo zokulinganisa intsebenzo zimiselwa ngurhulumente wesizwe, yaye zikhokelwa ngoonobumba ‘PM’, ngelixa iindlela zokulinganisa intsebenzo zephondo ngalinye zisongezwa liphondo, yaye zikhokelwa ngoonobumba ‘PPM’.

KwisiHlomelo A kudweliswe uluhlu lweendlela zokulinganisa intsebenzo ezingama-47 (ii-PM) ekuvunyelwene ngazo kuzwelonke. Kwindlela nganye yokulinganisa intsebenzo, kukho inani, inkcazo emfutshane kunye nethande ukuba nde.

B.0 Icandelo lemfundo yephondo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) ngokuphathelele icandelo lemfundo yephondo, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo (►):

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukuqinisekisa ukuba abantwana abakwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba babe sesikolweni bayaya ezikolweni kweli phondo ▲ Ukwenza imfundo ifikeleleke kulutsha nabantu abadala abadlulileyo kwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba babe sesikolweni	► PM001: Ipesenti yabemi abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 bayaya ezikolweni ► PM002: Ipesenti yabemi abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 bayaya kumaziko emfundo
Ubulungisa	▲ Ukuqinisekisa ukuba abahluphekileyo kuqalwa ngabo kulwabiwo lwezibonelelo zemfundo zikarhulumente	► PM003: Inkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bahluphekileyo kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka loku-1 njengepesenti yenkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bangahluphekanga kangako kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka lesi-5
Ucikizeko	▲ Ukufikelela kwinqanaba lokuba iziphumo zemfundo zandiswe ngokuphathelele ufikeleleko nomgangatho ngokohlahlo lwabiwo-mali lwemfundo olukhoyo	► PM004: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga le-9
Ukugqiba	▲ Ukuqinisekisa ukuba ukugqiba kwabafundi emfundweni kuyahambelana neemfuno zoqoqosho nezentlalo	► PM005: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga le-12
Umgangatho	▲ Ukubumba uluntu olukwaziyo ukufunda	► PM006: Umlinganiselo wabantu abadala abafundileyo ► PM007: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yokukhuthaza ukufunda nokubhala i-Kha Ri Gude ► PM008: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yokukhuthaza ukufunda nokubhala yePhondo (bengabalwa abo bakwi-Kha Ri Gude)

Imigaqo-nkqubo ecacileyo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Ezi sele kuthethiwe ngazo kwiCandelo A ngasentla yaye aziphindwanga apha.

Uhlalutyo lokuhamba komsebenzi

Iindlela ezibonakala ziqhubeka ngayo izinto

Inkcitho yeli phondo emfundweni ikhule ngomyinge we-12,5% ngonyaka ngokwemali ukusukela ngo-2005/06. Imfundo yabelwa esona sixa sikhulu kuhlahlo lwabiwo-mali lwephondo, yaye isabelo sayo sinyusiwe ukusuka kuma-35,1% ngo-2008/09 ukuya kuma-35,7% ngo-2009/10.

Inani neendidi zabafundi zezona zinto zinefuthe kwindlela eyabiwa ngayo imali yesebe lemfundo. Abafundi bahlulwe baziindidi ezintandathu ezifumana inkxaso-mali: iBanga R, isikolo saseprayimari, isikolo sesekondari, abafundi abaneemfuno ezizodwa (LSEN), abafundi beekholeji ze-FET nabafundi abakumaziko abantu abadala.

Ngaphandle kwakumaziko asekuhlaleni eBanga R namaziko okufunda abantu abadala, inkxaso-mali yamaziko emfundo ibandakanya ulwabelo lweendleko zabasebenzi nolwabelo lwemimiselo nemigangatho. IBanga R kumaziko asekuhlaleni, namaziko emfundo yabantu abadala, afumana intlawulo yokujongana "nemimiselo nemigangatho" ekwasetyenziselwa nokuhlawula ootitshala nabo basebenza kwi-ofisi yolawulo.

Ufikeleleko

Kule minyaka mihlanu idluleyo belithande ukunyuka kakhulu inani lokubhaliswa kwabafundi kwiBanga loku-1 eNtshona Koloni yaye kwizikolo zaseprayimari la manani agcinwa ephezulu. Ngamany' amazwi, abona bantwana baninz eNtshona Koloni abaphakathi kweminyaka esi-7 neli-14 babhaliswa kwinkqubo yemfundo phantse ngokwebanga elihambelana nobudala babo. Kodwa ke, lihla kakhulu inani lokubhaliswa emva kweBanga le-10.

Amanani okubhaliswa kwabafundi ezikolweni kwiBanga le-12 abonise ukunyuka okungephi ngo-2008 njengoko iye yaba lelona nani likhulu lababhalisiweyo ukusukela ngo-1994 (43 470) – inani elibonisa ukunyuka ngama-846 kuno-2007. Ngokufanayo, bekukho abafundi abaninzi nge-1 881 kwiBanga le-11 (abangama-63 819 xa kuthelekiswa nabangama-61 938 ngo-2007). Ucelo-mngeni kukugcina abaninzi kangangoko kunokwenzeka bekwinkqubo yemfundo. Lilonke kubekho uphuculo ukusuka kumyinge womfundi omnye kwabathathu obhalise kwiBanga loku-1, othi aqhube de aye kutsho kwiBanga le-12 (ngo-1994) ukuya kwinani elisondele kakhulu kwisiqingatha ngo-2008. Yakuba nje iqalise ukusetyenziswa inkqubo elindelekileyo ye-FETMIS, kuza kubakho ulwazi oluthembeke kakhulu ngokuphathelele abafundi abakhethe ukungena kwiinkqubo zeeKholeji ze-FET. Ulwazi olungakhange lubekw' esweni lubonisa ukuba kukho ubungqina obukhuthazayo obuthukuzayo: ngo-2004 bangama-4 444 abafundi bakwanokholeji abaphothula ngempumelelo izifundo eziphelelelyo; inani lika-2007 ngama-22 661; abafundi ababhaliswe kwiiKholeji ze-FET zokuxhobisa ngobuchule obuthile liye lanyuka ukusuka kuma-648 ngo-2004 ukuya kuma-4 525 ngo-2008; amanani ezifundo ezintsha ezinxulumene noshishino aye enyuka ukusuka kwi-13 ukuya kuma-24. Amanani abafundi abaphumelele izifundo ezifinyeziweyo aye akhula ukusuka kuma-965 ukuya kwi-10 062.

Ubulungisa

Ukuza kuthi ga ngoku eyona nxalenye inkulu yohlahlo lwabiwo-mali iya kwizikolo zaseprayimari nezesekondari, kuquka izikolo ze-LSEN. Kwinkqubo yesikolo, abasebenzi babiwa ngobulungisa ngokwemimiselo yokubonelela ngezithuba ngokuvisisana namanani axeliweyo abafundi, iqondo lentlupheko yendawo nezifundo ezenziwa kwezo zikolo. Inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho yabiwa ngokuvumelana namaqondo entlupheko esizwe yaye isikolo esikwelona qondo lentlupheko sifumana isabelo mhlawumbi esisiphinda kathandathu isabelo sesikolo esingahluphekanga kangako.

Inkcitho engaxhomekekanga nengabekelwanga nto nengeyoyabasebenzi ibonisa umyinge we-15,7% wenkcitho iyonke yonyaka-mali ka-2009/10. Inkcitho engayi kubasebenzi ibandakanya inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho nokuxhaswa kwezikolo zaseprayimari nesekondari neenkqubo zokuthuthwa kwabafundi kwakunye nokudluliselwa kweentlawulo kwizikolo ezizimeleyo, izikolo zikarhulumente ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko ka-ABET neBanga R kwiZikolo zasePrayimari zikaRhulumente, izikolo zoMpeleso namaziko e-ECD azimeleyo.

Inkcitho kwiintengo ezinkulu iye yehla ukusuka kwisi-4,6% senkcitho ngo-2005/06 ukuya kwisi-2,4% senkcitho eqikelelwayo ka-2009/10. Le nkcitho ibandakanya ubukhulu becala ukubonelela ngeeprojekthi zezinto ezisetyenziswao kwakunye neekhompyutha nezixhobo zeProjekthi yeKhanya. Isizathu sokuhla kwenkcitho kukuba inkxaso-mali ifumaneke kwinkqubo yokukhawuleziswa kohanjiso lweenkonzo zezinto zokusetyenziswa, eyenziwa yafumaneka kunyaka-mali ka-2005/06 noka-2006/07 iphuma kwi-Asset Financing Reserve (AFR), nethi ibuyiselwe ithathwa kuhlahlo lwabiwo-mali lwesebe kwiminyaka elandelayo ukusukela ngo-2007/08.

INkqubo 2: Imfundo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo isathe gqolo ukuba ngumxhamli ophambili wenkxaso-mali yesebe. Ama-81,1% ohlahlo lwabiwo-mali ka-2009/10 abelwe le Nkqubo. Iinkonzo eziphambili eziphantsi kwale Nkqubo yimfundo yezikolo zeprayimari nezesekondari kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo (kuquka izinto ezisetyenziswayo), ukulawulwa kwee-ofisi zezithile nokuxhaswa kophuhliso lwamaziko emfundo, ukuphuhliswa kwabasebenzi abasezikolweni kwakunye nesibonelelo soxhomekeko seNkqubo yeSizwe yeSondlo eZikolweni. Ama-54,9% ohlahlo lwabiwo-mali lweNkqubo abelwe izikolo zaseprayimari yaye ama-38,4% abelwe izikolo zesekondari.

Iinkqubo ezikhule kakhulu ukususka ku-2005/06 ukuya ku-2009/10 yiNkqubo 7: iMfundo yabaNtwana yasekuQaleni apho kuye kwabonelelwa ngezixhobo zoncedo ezongezelelweyo ukuze kukhuthazwe uthatho-nxaxheba kwiBanga R kwanokuba i-EPWP ibonelele ngokuqeqeshwa kootitshala be-ECD kumaziko ee-ECD kunye nokubonelela ngemiqulu yezixhobo zoncedo kula maziko; iNkqubo 5: iMfundo noQeqesho oluQhubekekayo, apho kuye kwabonelelwa ngemali yokuvuselela izakhiwo nezinye kwiiKholeji ze-FET.

IsiCwangciso sobuLungisa kwezeNgqesho (EE) seminyaka emi-5 sokuqala seWCED sanatyiselwa kowama-31 kweyoMnga ku-2007. Nakuba kwakukho izithintelo ezininzi, isiCwangciso se-EE sense inkqubela-phambili ethe ngcembe yaye iQonga leeNgxoxo le-EE labameli laluthwala uxanduva lwalo lokongamela esi sicwangciso. I-WCED iye yenza ngokuvumelana nazo zonke iinjongo nemimiselo yomthetho i-Employment Equity Act (No 58 ka-1998) kwaye iyithumele iNgxelo ye-EE yonyaka kwiSebe lezabaSebenzi njengoko kufuneka njalo. Kananjalo i-WCED ikhuphe nemiyalelo yemigaqo-nkqubo ebonisa, phakathi kwezinye izinto, ezona ndlela zingcono zokusebenza nenkqubela-phambili eyenziweyo ngokubhekisele kwiithagethi zobuLungisa kwezeNgqesho kumaziko emfundo. Oku kubangele ukuba kwenziwe inkqubela-phambili encomekayo ngokukodwa ngokubhekiselele ekumelweni kwamabhinqa kumagqiza okulawulwa kwezikolo.

Kwaqwalaselwa isiCwangciso se-EE seminyaka emi-5 elandelayo saza sasetyenziswa ngeyoMqungu ka-2008. Umjikelo wokuqala wokuqeshwa kwabantu ezikhundleni kuyilo olutsha ubangele ukuba iprofayili yobulungisa kwezengqesho kwi-SMS ihlengahlengiswe yaye imiba yobulungisa kwezengqesho iza kuqhubeka inefuthe kwindlela ekuqeshwa ngayo phantsi koyilo olutsha.

UMgaqo-nkqubo weZikolo ezingaHlawulisi Rhafu wasetyenziswa ngonyaka ka-2006 yaye izikolo ezingama-419 kwezona zikolo zaseprayimari ezihluphekayo zanikwa iWonga “lokungaHlawulisi”, ngaloo ndlela kuphungulwa umthwalo weerhafu zesikolo kubafundi abamalunga ne-150 000 (15,1%) ukususkela ngomhla woku-1 kuCanzibe ka-2006. Ezinye izikolo ezingama-232 (kokubini ezaseprayimari nezeesekondari) zanikwa iwonga lokuba zezingahlawulisiyo ukususkela ngomhla woku-1 kweyoMqungu ka-2007, nto leyo ithetha ukuba zizonke izikolo “ezingaHlawulisiyo” eNtshona Koloni zingama-651, ukwenzela lula abafundi abamalunga nama-346 139 okanye ama-37,6% abo bonke abafundi.

Ukunyuka okuqhubekekayo kwenani lezithuba zootitshala kube negalelo elikhulu ekuphuculweni komlinganiselo katitshala nabafundi, into leyo engundoqo ekunikezelweni kwemfundo esemgangathweni. Ekuqaleni konyaka wekhalenda ka-2008, bekukho izithuba zobutitshala ezigunyazisiweyo ezingama-31 619. Ngo-2009 uluhlu olongezelelweyo lwezithuba lwanyuswa ngezinye izithuba ezingama-305 – zinyuswa ukususka kuma-31 619 ukuya kuma-31 924 (kuquka izithuba ezingama-890 kwiiKholeji ze-FET).

Ukugqiba

Umsebenzi wamacandelo ezikolo, iikholeji ze-FET namaziko ka-ABET wonke udityanisiwe ukuze kuboniswe ifuthe elicwangcisiweyo lezinto ezahlukeneyo ezinegalelo kule Njongo Enokulinganiswa. Ukwandiswa okuqhubekekayo nokunatyiswa kweenkqubo ezinikezelwayo nezifunyanwayo, ngokomzekelo ngokubambisana namanye amaqela, kwenziwa ngengqiqo yezidingo zamacandelo yaye ngokufuthi kulawulwa kukufumaneka kwenkxaso-mali yee-SETA nezibonelelo zokuxhobisa ngokuqeqeshelwa umsebenzi emsebenzini. Into ephambili efezekisiweyo licandelo leeKholeji ze-FET ibe kukuphuhlisa izinto ezisetyenziswayo kuquka ukuphuculwa kwezakhiwo nezixhobo zeekholeji ezahlukeneyo. Inkqubo yokuvuselelwa kwezakhiwo nezixhobo idala amathuba okuba kusetyenziswe izindululo sesiCwangciso-qhinga sokuPhuhliswa koQoqosho oluNcinane (MEDS). Kutshanje bekujoliswe ekwandiseni indawo yeKholeji yoNxweme oluseNtshona, ukuze kuqinisekiswe ukuphuhliswa kwezakhono ngokuvisisana ne-MEDS kunye neemfuno zesizwe, njengoko zithiwe thaca kwisicwangciso-qhinga sesizwe sophuhliso lwabasebenzi.

Umyinge wezifundo ezingama-711 ubufundiswa kwiikholeji ngo-2008: izifundo ezingama-443 zinento yokwenza nemisebenzi, ezingama-316 zinento yokwenza nezakhono ezithile.

Umgangatho

Ngabafundi abangama-6 025 abathathe inxaxheba kwiphulo le-*Kha Ri Gude* eNtshona Koloni. I-WCED ijolise ekuthathweni kwaba bafundi kumaziko e-AET kwiNqanaba lesi-2 lika-ABET. Ngelilungiselela ukuthontelana kwaba bafundi kula maziko, iNtshona Koloni yathatha inxaxheba kwinkqubo yesizwe yokuphuhliswa kombandela wekharityhulam yamaNqanaba ka-ABET. Kwaqhutywa uPhononongo olwAkhayo ngokuphathelele inkxaso enikwa i-AET zezithili. Eli phulo, elaqhutywa ngokubambisana neCandelo loLawulo lokuQinisekiswa kweeNkonzo ezisemGangathweni, lenza izindululo ezibonakalayo ezimele ukuba ziza kuwuphucula umgangatho kwinkonzo ye-AET kwiNtshona Koloni.

Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzoyisa

Ukunyuka kwenani labemi baseNtshona Koloni ukusuka kwizigidi ezingama-4,524 ukuya kwizigidi ezingama-5,262 okuchazwe kwingxelo ye-Community Survey 2008, kube nefuthe elikhulu kwiinkonzo ezifunwayo. Oku kuba nefuthe ekufumanekeni kwamagumbi okufundela, kwee-LTSM, kwezixhobo zokukusetyenziswa, kootitshala namagosa axhasa ezi nkonzo kwaye ngokuqhelekileyo oku kukhokelela ekuphazanyisweni kwenkqubo yokufundisa, ngokukodwa ekuqaleni konyaka wesikolo nasekwenzeni izicwangciso, nokuwenza afumaneke, amagumbi okufundela iBanga R.

Amacandelo olawulo kwi-WCED alawula, kwelinye icala, “uCwangciso” lwezinto zokusetyenziswa, ukuthuthwa kwabafundi kunye nezixhobo zenkxaso yokufunda nokufundisa aze, kwelinye icala, alawule “imiSebenzi” afanele aqalisa ukuvelisa iinzuzo ngokuphathelele lo mngeni kwixesha eliphakathi ukuya kwixesha elide. La macandelo olawulo aza kufumana iingcebiso kwiCandelo loLawulo “lokuLawulwa koLwazi” kunye “neloPhando” njengoko esiya ekubeni abe licandelo lolawulo “leziCwangciso zokuBonelela ezeMfundo” kule ngingqi nto leyo iza kuzinzisa uphuhliso kweli candelo.

Inxalenye enkulu yophuhliso ixhomekeke kwintsebenziswano emanyeneyo nechazwe ngokucacileyo phakathi kwamasebe ngamasebe karhulumente. Kule nkalo kufuneka sidibanise ndawonye bonke ubutyebi (kokubini imali nezakhono zabantu) ukuba kuzuzwe iziphumo ezingcono, ingakumbi xa sicinga ngokuqosheliswa kwalo mjikelo weminyaka emi-5. Inkqubo yephondo yokusebenza ekujoliseni kwiinkalo ezichongiweyo ezingama-27 (STP-27), ukhuseleko ezikolweni, inkqubo ehlanganisiweo ngokuphathelele ukusetyenziswa kakubi kotywala neziyobisi kunye nesicwangciso-qhinga esihlanganisiweyo sephondo malunga neNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo, yimizekelo enokusetyenziswa kule meko: ukuze ubutyebi buqokelelwe ndawonye kuza kufuneka ukuzibophelela kwabo bangabona baphezulu.

Isebe elisandul’ ukusekwa locwangciso ndawonye neCandelo loLawulo kwi-Ofisi ye-SG (njengoko kujoliswe kubudlelane phakathi kwamasebe ngamasebe aseburhulumenteni) aza kudibana ukuze kukhawuleziswe okanye kuqosheliswe ii-MOU, izivumelwano ngoMgangatho weeNkonzo kunye nonxibelelwano olusezantsi kwinqanaba lephondo neloomasipala.

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto						
		2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eyona-yona*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
INGENISO (R'000)							
Isabelo Esilinganayo		6,559,897	7,387,687	8,778,434	9,923,979	10,868,867	11,723,906
Uncediso olunemiqathango		254,536	271,718	298,188	297,569	441,150	555,953
Inkxaso-mali evela kubalizi		0	0	0	0	0	0
Ezinye izibonelelo ngemali (i-Asset Finance Reserve)		81,633	47,000	105,000	100,800	0	
Ingeniso eyiyeyesebe		24,296	31,392	24,466	23,691	22,874	22,874
IYONKE		6,920,362	7,737,797	9,206,088	10,346,039	11,332,891	12,302,733
IINTLAWULO NGOKWENKQUBO (R'000)							
1 Ulawulo		309,789	361,470	416,129	423,678	446,142	472,137
2 Imfundo yezikolo zikarhulumente zesiqhelo (bona ukwahlulwahlulwa kwazo ngezantsi)		5,601,575	6,221,983	7,412,214	8,385,571	9,228,217	9,981,914
3 Uncediso-mali lwezikolo ezizimeleyo		34,259	39,713	48,406	55,907	59,821	63,829
4 Imfundo yezikolo zikarhulumente ezizodwa		389,112	434,325	509,592	544,597	613,361	730,373
5 Imfundo noqeqesho oluqhubekekayo		271,048	317,228	346,469	358,168	380,740	403,450
6 Imfundo noQeqesho olunguNdoqo lwabaNtu abaDala		23,539	25,821	27,887	30,915	32,649	34,335
7 Imfundo yabaNtwana yasekuQaleni		90,195	142,259	227,961	313,468	324,167	354,282
8 Iinkonzo zoncediso nezinxulumene nazo		200,845	194,998	217,430	233,735	247,794	262,413
IYONKE		6,920,362	7,737,797	9,206,088	10,346,039	11,332,891	12,302,733
INTLAWULO YEZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO (R'000)							
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente		3,119,550	3,503,102	4,187,867	4,599,235	5,046,666	5,502,654
2.2 Izikolo zesekondari zikarhulumente		2,245,798	2,428,511	2,818,358	3,218,364	3,544,258	3,758,594

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (iyaqhubekeka)					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	5,911,951	6,667,613	7,935,210	8,754,059	9,547,625	10,359,173
Imbuyekezo yabasebenzi	5,253,453	5,904,035	7,046,663	7,719,367	8,403,460	9,087,741
Ootitshala	4,570,494	5,150,845	6,139,970	6,735,780	7,336,594	7,937,675
Abo bangengabo ootitshala	682,959	753,190	906,693	983,587	1,066,866	1,150,066
Iimpahla neenkonzo nezinye zomhla nezolo	658,498	763,578	888,547	1,034,692	1,144,165	1,271,432
Udluliselo nezibonelelo	773,526	917,516	1,066,938	1,341,081	1,459,264	1,580,314
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	234,885	152,668	203,940	250,899	326,002	363,246
IYONKE	6,920,362	7,737,797	9,206,088	10,346,039	11,332,891	12,302,733
UKUQESHWA KWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	30,377	31,401	31,600	31,581	31,696	32,368
Inani labo bangengabo ootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	8,239	9,087	8,800	8,600	8,600	8,601
UBHALISO KWINQANABA ELINYANZELEKILEYO						
Abafundi abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	688,753	696,927	692,183	693,000	693,000	693,000
Abafundi abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 kwizikolo zikarhulumente ezizodwa	8,344	9,012	9,208	9,200	9,300	9,400
Abafundi abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 kwizikolo ezizimeleyo	18,338	15,502	20,085	21,000	21,500	22,000
IYONKE	715,435	721,441	721,476	723,200	723,800	724,400
UBHALISO KWINQANABA ELILANDELA ELABANYANZELEKILEYO						
Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	172,956	182,136	182,454	183,000	183,000	183,000
Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kwi-18 kwizikolo zikarhulumente ezizodwa	5,522	6,082	6,614	6,700	6,800	6,800
Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 kwizikolo ezizimeleyo	4,012	3,245	6,599	7,000	7,000	7,000
Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 kwiikholeji ze-FET	3,593	3,593	3,593	3,593	3,593	3,593
IYONKE	186,083	195,056	199,260	200,293	200,393	200,393
ABAFUNDI						
Abafundi abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15	865,649	881,808	898,018	914,227	929,494	943,651
Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18	251,389	257,185	262,897	268,158	273,071	278,138

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (iyaqhubekeka)					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PM001: Ipesenti yabantu abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 abahamba isikolo	Ziindlela ezintsha zokuLinganisa iNtsebenzo ngenxa yoko akukho zinkcukacha zento eyenzeke ngaphambili phantsi kwezo fomyula neemeko		99.2%	99.3%	99.4%	99.5%
► PM002: Ipesenti yabantu abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 abafunda kumaziko emfundo			83%	84%	85%	86%
► PM003: Inkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bahluphekileyo kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka loku-1 njengepesenti yenkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bangahluphekanga kangako kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka lesi-5			396%	396%	396%	396%
► PM004: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga lesi-9			69.2%	69.3%	69.4%	69.4%
► PM005: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga le-12			13.4%	13.4%	13.5%	13.5%
► PM006: Umlinganiselo wabantu abadala abafundileyo			85%	85.2%	85.2%	85.2%
► PM007: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yokukwazi ukufunda nokubhala ye-Kha Ri Gude			4,762	7,262	9,762	12,262
► PM008: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yePhondo yokukwazi ukufunda nokubhala (ngaphandle kwe-Kha Ri Gude)			0	0	0	0

Qaphela: Zonke iindlela zokulinganisa intsebenzo, ngaphandle kwe-PM003, i-PM007 ne-PM008, zisekelwe kulwazi oluqokelelweyo kuvavanyo lwamakhaya ngokubanzi.
Qaphela: Amanani afunyenwe ngaphambi koVavanyo Gabalala lwamaKhaya luka-2008 yaye asenokwahluka kancinane kubhaliso lwabemi olubonisiwe kwenye indawo.
Qaphela: Kuthathwe isigqibo sokuba imizamo yephondo ijoliswe kwinkqubo ye-Kha Ri Gude yaye ngenxa yoko akukho zithagethi zephondo ze-PM008
Qaphela: Eli liphulo lesizwe yaye alilawulwa liphondo. Ngenxa yoko iithagethi zixhomekeke kwinto eyenziwa lilizwe ngokubanzi.
Imithombo: Intetha yoHlahlo lwaBiwo-mali lwePhondo (2009) [amanani email ka-2008/09 abonisa uqikelelo oluhlengahlengisiweyo]; i-Persal [amanani abasebenzi ka-2007 no-2008 abhekisela kweyoKwindla]; i-EMIS 2008 amanani obhaliso ngokoVavanyo lwamiNyaka le luka-2008; Amanani abemi akhutshwe yi-DoE ngokusuka kwi-GHS ka-2006. Amanani abasebenzi abaqeshwe ngurhulumente kolu luhlu nakolunye uluhlu olubonisa indlela ezihamba ngayo izinto abonisa ukubalwa okwahlukileyo kwabasebenzi ngokwe-Persal, nokuba bakweyiphi na imo yokuqeshwa (umz. nokuba baqeshwe ngokusisigxina na okanye okwethutyana) kwithuba elithile lonyaka.

ST002	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Amazinga okubhalisa ngokobudala (2008)						
	2.1 Izikolo zikarhulumente zaseprayimari	2.2 Izikolo zikarhulumente zasesekondari	3 Izikolo ezizimeleyo	4 Izikolo ezizodwa	5 Iikholeji ze-FET (babalwe ubuqu)	Abafundi	Izinga lokubhalisa ngokobudala
< Iminyaka 6	34	2	17	339			
Iminyaka 6	19 560	221	785	192		92,383	22.5
Iminyaka 7	71 793	1 205	2 304	361		91,870	82.4
Iminyaka 8	75 036	1 373	2 246	457		91,289	86.7
Iminyaka 9	73 280	1 349	2 216	580		90,641	85.4
Iminyaka 10	71 724	1 333	1 983	724		89,806	84.4
Iminyaka 11	75 043	1 372	2 071	877		89,016	89.2
Iminyaka 12	75 534	1 457	2 061	1 024		88,506	90.5
Iminyaka 13	72 209	2 712	1 919	1 113		88,276	88.3
Iminyaka 14	32 587	42 113	2 269	1 374		88,326	88.7
Iminyaka 15	1 445	57 826	2 233	2 506	96	87,906	72.8
Iminyaka 16	5 846	63 279	2 325	2 891	1 087	87,300	85.2
Iminyaka 17	2 366	60 931	2 489	2 389	2 410	87,398	78.0
Iminyaka 18	923	49 106	1 785	1 334	4 382	88,200	60.3
> Iminyaka 18	405	37 897	788	363	33 895		
Bebonke (iminyaka emi-6 ukuya kwi-18)	577,346	284,277	26,686	15,822	7,975	1,160,917	77.9

Umthombo: uVavanyo lwamiNyaka le lweZikolo 2008 (zikaRhulumente zesiQhelo, eze-LSEN neZikolo eziziMeleyo)
I-2007 :General Household Survey (Abemi)
Qaphela: amanani eeKholeji ze-FET akaqinisekiswanga

ST003	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Ubonelelo Ngokusebenzisa iMimiselo yoBonelelo ngezithuba (2009)				
Iinkqubo/iNjongo yezithuba	Izithuba PL1	Izithuba PL2	Izithuba PL3	Izithuba PL4	Zizonke
Izithuba ezikhutshwe ngaphambi kokusetyenziswa kwesikhokelo	3,588	98	66	9	3,761
Izithuba ezikhutshwe ngokwesikhokelo	20,157	4,242	1,353	1,521	27,273
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	18,917	3990	1,244	1,448	25,629
2.1 Izikolo zikarhulumente zaseprayimari	11,585	2,364	744	1,093	15,786
Izithuba ezisezikolweni	11,585	2,364	744	1,093	15,786
Izithuba ezingekho sezikolweni	-	-	-	-	-
2.2 Isigaba sasezisekondari zikarhulumente	7,332	1,626	530	355	9,843
Izithuba ezisezikolweni	7,332	1,626	530	355	9,843
Izithuba ezingekho sezikolweni	-	-	-	-	-
4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente ezizodwa	1,240	252	79	73	1,644
Zizonke	23,745	4,340	1,419	1,530	31,034

Qaphela: Izithuba eziye zakhutshwa ngaphambi kokuba sisetyenziswe isikhokelo zizithuba ezabelwe ii-ofisi, u-ABET kunye neenjongo ezikhethekileyo, ngokomzekelo, ukhawulelwano nentlupheko, ootitshala ababambeleyo, i-Cape Teaching and Learning Institute, njalo-njalo, oko kukuthi izithuba zemisebenzi ezingekho zikolweni zesiqhelo zikarhulumente, izikolo ezizodwa zikarhulumente. La manani angasentla aquka izithuba ezingama-904, ezo zabelwe imisebenzi yolawulo.
Umthombo: i-Post Provisioning Model 2009

ST004	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Utyalo-mali kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi (2007/08)							
	iNkqu 1 Ulawulo	iNkqu 2 Zesiqhelo	iNkqu 3 Ezizimeleyo	iNkqu 4 Ezizodwa	iNkqu 5 FET	iNkqu 6 ABET	iNkqu 7 ECD	Iyonke
Inkcitho (R 000)			-	-	-	-	-	
Abaqeqeshwayo	12,669	19,373	-	-	-	-	-	32,042
Ootitshala	8,008	18,570	-	-	-	-	-	26,578
Iinkqubo zezakhono	2,235	13,828						16,063
Uqeqesho kwikharityhulam etshintshwayo	2,069	3,650	-	-	-	-	-	5,679
Olunye uqeqesho lwabantu emsebenzini	3,739	504	-	-	-	-	-	4,243
Uqeqesho kwi-HIV/AIDS	-	245	-	-	-	-	-	245
Abo bangengabo ootitshala	5,033	1,662	-	-	-	-	-	6,695

Qaphela: Olu luhlu lubonisa yonke inkcitho yeSebe kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi beSebe. Ibandakanya nabaqeqeshi abaqashwe liSebe eli. Utitshala omnye usenokubalwa kabini, ukuba, ngokomzekelo utitshala uqeqeshwe kwikharityhulam nakwi-HIV/AIDS kwakulo nyaka kuthethwa ngawo. Kodwa ke, amanani kumqolo othi 'Ootitshala' akabonisi nokuphi na ukubalwa kabini kootitshala.
Qaphela: Indleko yokuphuhliswa kwabasebenzi iqukiwe kwiinkqutyana ezinegama elifanayo kwinkqubo nganye efanelekileyo. Kodwa ke, njengoko kungekho ndlela yokurekhodisha eyona-yona nkcitho ngokuphathelele umntu ngamnye enokuthi isasazwe phakathi kweenkqutyana zokuphuhliswa kwabasebenzi, iimali zikhutshwa kuphela ukwenzela uphuhliso lwabasebenzi kwiNkqubo 1: ULawulo kunye neNkqubo 2: Izikolo zikarhulumente zesiqhelo.
Umthombo: uPhuhliso lwabaSebenzi ngaPhakathi, i-WCED

B.1 ULawulo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) eziphathelele iNkqubo 1: ULawulo, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo (►):

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ucikizeko	▲ Ukuzisa ulawulo olunempumelelo kuwo onke amanqanaba emfundo	► PM101: Inani lezikolo ezisebenzisa i-SA-SAMS ekuboneleleni ngeenkcukacha kwinkqubo yesizwe yokulandelela indlela abaqhuba ngayo abafundi kweli thuba lengxelo ► PM102: Inani lezikolo eziqeqeshwe ngokupheleleyo ekusebenziseni iimodyuli zobhaliso ezingundoqo kwiNkqubo yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo kwithuba lengxelo (iiNkcukacha zeSikolo, iiNkcukacha zabaFundi neeNkcukacha zooTitshala) ► PM103: Inani lezikolo isebe elinokuqhagamshe-lana nazo ngobuxhaka-xhaka beekhompyutha (i-imeyil)
	▲ Ukufezekisa ukuhanjiswa ngokupheleleyo kweenkonzo zokubonelela ngezimali, ngezinto zesikolo nabasebenzi kwiinkalo zonke zenkqubo yemfundo	► PM104: Ipesenti yamabhinqa asebenza e-ofisini akwiziKhundla zoLawulo eziPhezulu ► PM105: Ipesenti yamabhinqa aziinqununu zezikolo ► PM106: Ipesenti yenkcitho yomhla nezolo eya kwezinye izinto zesikolo ngaphandle kwabasebenzi

Imigaqo-nkqubo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Imigaqo-nkqubo

- I-Public Finance Management Act (No 1 ka-1999)
- I-Preferential Policy Framework Act (No 5 ka-2000)
- I-Promotion of Access to Information Act (No 2 ka-2000)
- I-Employment Equity Act (No 55 ka-1998)
- I-Skills Development Act (No 97 ka-1998)
- I-Employment of Educators Act (No 76 ka-1998).

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (Isicatshulwa esithathwe kwisicwangciso semiNyaka emi-5):

Ukubonelela ngolawulo ngokubanzi nokuxhaswa kwenkqubo yemfundo.

Ukukhuthaza ukwamkelwa koxanduva lokuphendula kuwo onke amanqanaba, ngokwegunya elinikwa ngumthetho
Ukuzisa ulawulo olufanelekileyo kuwo onke amanqanaba enkqubo.
Ukusebenzisa isiCwangciso-qhinga sokuLawulwa kwesiQinisekiso soMgangatho se-WCED
Ukuqinisekisa ulawulo nokuphatha okufanelekileyo kuwo onke amaziko okufunda nezakhiwo zenkxaso

Uhlalutyo lwenkqubela-phambili

Kukho ungenelelwano oluthile phakathi kwezalathisi ezikule Nkqubo nezo zikwiNkqubo 2. Kwenziwe isigqibo sokuba zingaphindaphindwa iinkcukacha eziphathelele ukuphuculwa kolawulo lwezikolo zaza ke zaqukwa kolu hlalutyo ingekuko kuhlalutyo lweNkqubo 2.

Ucikizeko

IZiko lokuFundisa nobuNkokheli laseKapa (i-CTLI)

I-CTLI iye yafezekisa ngempumelelo inkqubo yaminyaka le yokuqeqeshwa nokuphuhliswa kootitshala kwisiGaba esiSisiseko, isiGaba esiPhakathi, isiGaba esiPhezulu kwakunye nophuhliso lolawulo nobunkokheli ezikolweni. Ukuhlolwa kwefuthe leendlela zokungenelela ngoqeqesho kungqine ukuba ucikizeko lwezi ndlela zokungenelela kwigumbi lokufundela lukumgangatho ophezulu, yaye kukwasibonise neenkalo ekufuneka kuphuculwe kuzo nemfundo yenkxaso ethe chatha. Ngokuhamba kweminyaka, iCTLI iye yazibalula njengeziko loqeqesho kwinkonzo yobutitshala elonga iindleko, yaye, ngokobungqina obufunyenwe ngokutyelela kwamanye amaphondo ukuze kuhlolwe umgangatho, inkqenkqeza phambili kule nkalo.

I-CTLI iqhube izifundo zootitshala abamalunga nama-2000 kunye neenkokheli zezikolo ezingama-750 ngo-2008, ngezihloko ezahlukeneyo. Izifundo eziqukiweyo zezo zemathematika, ukukwazi ukufunda nokubhala, ukubala ngamanani, izakhono zobomi, iilwimi, inzululwazi ngezobugqi, iteknoloji, inzululwazi ngezoqoqosho nolawulo kunye nemfundo ngezommandla. Kananjalo zinabela nakwimisebenzi neemfanelo zoosekela-nqununu neentloko zamasebe; ukuqeqeshwa kwamaQela aLawulayo eZikolweni; amabhinqa kubunkokheli; abo banqwenela ukuba ziinqununu; ukuqeqeshwa kweenqununu ezintsha kunye nabo banqwenela ukuba ziinkokheli zezikolo. Ukongezelela i-CTLI neZiko le-e-Innovation ziqhuba iprojekthi yoqeqesho ekusebenziseni ngempumelelo i-ICT ekufundiseni ikharityhulam. Kananjalo i-CTLI iqhube iinkomfa ezathi zaba yimpumelelo isenzela ootitshala abafundisa imathematika kwi-CTLI ngokwayo, kwanakwiindawo ezifikelelekayo kwingingqi ye-Eden Karoo noNxweme oluseNtshona.

Eli ziko lenze inkqubela entle ekuphuculeni izakhiwo zalo yaye kukho inkqubo yokuphuculwa ngokuqhubekekayo. Liza kunabisa inkqubo yalo yokubonisana ukuze kuqwalaselwe kwakhona indima ye-CTLI nefuthe enalo ngenjongo yokuphuculwa nezinye izinto ezifunekayo.

Isifundo Esilungiselelwe abaLawuli beeNkonzo zeZikolo

I-WCED iqulunqe isifundo esinesiqinisekiso se-School Business Administration kwi-NQF iNqanaba 4 ukuze kuxhotyiswe abasebenzi kwii-ofisi zolawulo ezikolweni eNtshona Koloni ngezakhono eziza kubenza bakwazi ukulawula nokuphatha ngokucikizekileyo nangokufanelekileyo imisebenzi nobutyebi besikolo ukuze sibe ngummandla wokufunda okhuselekileyo. Kananjalo oku kuza kwenza ukuba iinqununu nootitshala bajolise ekufundiseni nasekuphuhliseni ikharityhulam. Esi sifundo senziwa ngokubambisana kwe-WCED, iYunivesithi yaseManchester (MMU), iKholeji yeSizwe yobuNkokheli eZikolweni (i-NSCL), i-Institute of Administrative Management (IAM) kunye noMbutho weZikolo Ezizimeleyo woMzantsi Afrika (SABISA/ISASA). Esi sifundo siza kulandelwa yidiploma size kamva silandelwe sisifundo esithwaselwa ngesidanga esiza kuthi sifundiswe kwii-HEI. Isifundo esithwaselwa ngesiqinisekiso sifundiswa kwiikholeji ze-FET eNtshona Koloni yaye sibambelela kwimigangatho yeziqinisekiso ye-SAQA.

Injongo yelinge lokuqala elenziwa ngokusebenzisa abafundi abali-150 kukufumana ulwazi olwaneleyo nolubalulekileyo ekuya kuthi kusekelwe kuzo izicwangciso zexesha elizayo. Kukho abafundi abavela kumacandelo ahlukeneyo kuzo zonke iindawo kwakunye necandelo lezikolo ezizimeleyo. Ukusungulwa kweli linge kwenziwa ngeyeKhala ku-2008 yaye le nkqubo iza kubekw' esweni ngenyameko ngo-2009.

Inkqubo yokuLanda uMkhondo wabaFundi

Kwasungulwa inkqubo eneenkcukacha yokulanda umkhondo wabafundi kuzo zonke izikolo zikarhulumente eNtshona Koloni ngo-2006. Le nkqubo yolandelelo imphucule uvimba wolwazi weli phondo, yenza kwaphuculwa ucikizeko nocwangciso lokwenza inkqubo ikwazi ukuchonga nokulandela abafundi abashiya isikolo bengazigqibanga izifundo zabo kwicandelo elilandelekayo. Le nkqubo yokulanda umkhondo iza kuphuculwa ize yandiswe ukuze iquke neekholeji ze-FET, amacandelo e-AET ne-ECD.

INkqubo eyiNtloko yoLwazi lokuPhathwa kweMfundo

Le nkqubo iza kulondolozwa ize iphuhliswe ukwenzela ukulanda ngothungelwano lweekhompyutha umkhondo wenkqubela-phambili yabafundi nokuqonda izidingo zemfundo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo, izikolo zeeMfuno eziZodwa, iiKholeji ze-FET, amaZiko eMfundo yabaNtu abaDala, amaZiko oPhuhliso lwabaNtwana kwasekuQaleni, kunye nezikolo ezizimeleyo ukuze kusetyenziswe ngokupheleleyo yaye kulawulwe ngokufanelekileyo ukwabiwa kwezinto zoncedo ezifana nokuthuthwa kwabafundi, inkqubo yesondlo, izakhiwo nezinto ezisetyenziswayo, ukubonelela ngabasebenzi njl njl. I-CEMIS iza kwenza kube lula ukuhlanganiswa kolwazi ngabafundi nezikolo ekunokuthi kusekelwe kulo izigqibo zolawulo. Iinkonzo zophando zesebe ziyaqiniswa ukuze kubonelelwe ngolwazi lophando olusekelwe kubungqina obubambekayo.

IsiCwangciso seeNkqubo zeSikhokelo (i-MSP)

I-WCED ikwazile, ingakhange idlule kuhlahlo lwabiwo-mali olusisabelo sayo, ukulondoloza uthungelwano lweekhompyutha oluntsonkothileyo noluhlanganisa ummandla omkhulu olunxibelelanisa i-Ofisi eliKomkhulu, izithili zee-ofisi kunye nee-ofisi ezincinane. Iinkonzo ze-WAN zifumaneka kwi-State IT Agency (SITA) yaye zilawulwa liCandelo loLawulo eliyiNtloko: i-e-Innovation (kwiSebe leNkulumbuso). Olu thungelwano lweekhompyutha lwenze ukuba ingabi yi-Ofisi eliKomkhulu nee-ofisi zezithili kuphela ukuzikwaziyo ukunxibelelana neenkqubo ezixananazileyo zasebuRhulumenteni, kodwa kananjalo nokusebenzisa iinkqubo zekhompyutha ezi-ofisini nezentsebenziswano.

Iinkqubo eziliqela ezisebenza ngekhompyutha, ezichongwe kwi-MSP, ziye zaphuhliswa zaza zasetyenziswa kunye nobuchule bangaphakathi okanye ngokusetyenziswa kwababoneleli beenkonzo bangaphandle. Ezi nkqubo ziquke i-CEMIS, inkqubo yokulawula ikhefu esetyenziswa ukuncedisana ne-PERSAL, kunye nezinye izinto ezisetyenziswayo ezisekelwe kwiwebhu. I-SASAMS yesizwe yenziwa isebenze kunye newebhu yaye ihlanganiswe nenkqubo ye-CEMIS, yaye icetyelwe ukunxibelelanisa iingxelo zokuya kwabafundi esikolweni, iziqinisekiso zokuphumelela kootitshala nokuya kootitshala esikolweni. INkqubo yokuLawulwa kweKhefu, kungoku nje ethatha iinkcukacha zokuya kootitshala esikolwnei, iza kuhlanganiswa ne-I-SAMS. Oku kusekwinqanaba lokuphuhliswa.

Ngo-2007/08 kwaveliswa isiCwangciso-qhinga se-ICT esitsha (i-MSP) ngoncedo lweCandelo loLawulo eliyiNtloko: I-e-Innovation. Njengoko kusetyenziswa esi sicwangciso-qhinga kumjikelezo we-MTEF kuza kuphuhliswa iinkqubo ezintsha, kuquka iinkqubo zentsebenziswano noqhagamshelwano, ukuze kuxhaswe ubonelelo lwemfundo kwiphondo, yaye izixhobo nezinto ezisetyenziswayo kuthungelwano ziza kutshintshwa kufakwe ezinye endaweni yazo okanye zongezwe.

Iprojekthi yokuNxibelelanisa iZikolo (iProjekthi yokuQhagamshelana ngomnxeba)

Kule minyaka ingaphezu kwe-10 edluleyo i-WCED iye yaphumeza iprojekthi yokuqhagamshelanisa ngokuthi kubonelelwe izikolo ngezixhobo (ikhompyutha nomatshini wokushicilela) noncediso-mali ukuze zikwazi ukungena kwi-Intanethi. Uncediso-mali luhlawulwa kuzo zonke izikolo ngonyaka yaye zimalunga nama-20% izikolo ezifumana izixhobo ezitsha rhoqo ngonyaka. Ngale ndlela izikolo zikarhulumente ezingama-97,8% eNtshona Koloni ziye zakwazi ukuqhagamshelana nge-Intanethi yaye zine-adresi esebenzayo ye-imeyil. Malunga nezikolo ezingama-25 azinako ukusebenzisa i-Intanethi (njengoko okwangoku zingekho kwindawo enezixhobo ezisetyenziswayo zokuqhagamshelana) yaye ezimalunga ne-130 zinonxibelelwano olungacacanga. Njengooko kukho iinguqulelo ezenziwa kumthetho wezoqhagamshelano, ngokukodwa ngokuphathelele ababoneleli ngeenkonzo zoqhagamshelwano ngaphandle kweentambo zomnxeba, ezi zikolo ziza kubonelelwa ngezinto eziza kwenza kube lula ukuqhagamshelana ngoncedo lwe-SITA nababoneleli beenkonzo zoqhagamshelwano.

Ngothungelwano lwemfundo lwesizwe (i-EduNet) olubonelela ngamaza aphakamileyo okuthumela imiyalezo, kwenziwa izicwangciso zokuqhagamshelanisa felefele amaziko emfundo karhulumente njengenxalenye yePhepha leNgcaciso yemiGaqo-nkqubo yeMfundo ngee-elektronikhi lesizwe. Kulindeleke ukuba kumjikelezo we-MTEF, ukuba kukho inkxaso-mali eyaneleyo, kuza kuphunyezwa olu thungelwano luthatha indawo ebanzi.

Uqhagamshelwano

Uqhagamshelwano olufanelekileyo lunendima engundoqo ekuqinisekiseni ukuba i-WCED iyaphumelela kwiinjongo zayo ezikwisicwangciso-qhinga. Isebe limele liqinisekise ukuba imisebenzi yalo yoqhagamshelwano inxibelelaniswa kakuhle, ilawulwa ngokufanelekileyo yaye ihlangabezana neemfuno ezahlukeneyo.

I-WCED iya kugcina kwaye yakhe amandla ayo okukwazi ukuqhagamshelana ngokufanelekileyo kuwo onke amanqanaba, kuquka nokukwazi kwayo ukuqhagamshelana ngeenkonzo zokusebenza. Imisebenzi yeenkonzo zokuqhagamshelana ibandakanya ukunxibelelanisa izixhobo zosasazo, ukuxhaswa kwesigqeba, iincwadi ezipapashiweyo, iwebhsayithi ye-WCED, inkxaso yokulawulwa kwemicimbi yesebe, ukulawulwa kwesebe njengento ethengisekayo, ukuthengisa, ukubhengeza, iinkonzo zabaxhasi, iinkonzo zeelwimi neenkonzo zokuvelisa izixhobo zobuchwepheshe zokuqhagamshelana.

I-WCED iza kusebenzisa zonke izixhobo zosasazo ezifumanekayo ukudlulisela ulwazi, ukwakha ukuqondana nokuphuhlisa ulwalamano nabantu abakwezemfundo kunye noluntu ngokubanzi. Siza “kuthimba isithuba sethu sokuqhagamshelana” ngokwenza imisebenzi eyahlukeneyo, ukuchaza impumelelo, ukulamla xa kukho imingeni nokuxelela abanye indlela elungileyo yokwenza izinto.

Ukulawulwa kweNkqubo yokuBonelela ngeeMpahla

Icandelo 217 loMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996) libonisa ukuba xa iqumrhu laseburhulumenteni kwibakala loburhulumente lesizwe, lephondo okanye loomasipala, okanye naliphi na elinye iziko elichongwe ngomthetho wesizwe, izivumelwano zokuthengwa kweempahla nenkonzo, loo nto limele liyenze ngokusebenzisa inkqubo esesikweni, enolungelelwano, ecacileyo, enika abaxhasi ngeenkonzo ithuba lokukhuphisana neyokonga iindleko.

I-WCED inala manyathelo alandelayo okuhlaziya ngokuthe rhoqo inkqubo yalo yeGosa loCwangciso-mali langoku ukuze ingqinelane neMimiselo yangoku yooNondyebo beSizwe kunye neMiyalelo yooNondyebo bePhondo namaNqaku omSebenzi, nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwayo liSebe –

a) INkqubo yeGosa loCwangciso-mali le-WCED iyahlaziywa xa iimeko zinyanzelisa ukuba kufuneka kuhlolwe izibonelelo zayo. Oku kuba njalo ngokukodwa xa kukhutshwe imigaqo emitsha, njengeMiyalelo yooNondyebo okanye amaNqaku okuSebenza kweNkqubo yokuBonelela ngeeMpahla, ephuma kwi-Ofisi yooNondyebo beSizwe nabePhondo.
b) Iinguqulelo kwiNkqubo yeGosa loCwangciso-mali zithunyelwa kwiGosa loCwangciso-mali ukuze zamkelwe.

Amacandelo okuLawulwa kweNkqubo yokuBonelela ngeeMpahla, nabaLawuli abaPhezulu bayachazelwa ngeenguqulelo ezenziweyo ukuze kuqinisekiswe ukuba kuthotyelwa imiyalelo. Uhlelo lwakutsha nje lweNkqubo yeGosa loCwangciso-mali le-WCED lwamkelwa liGosa loCwangciso-mali ngomhla we-9 kweyoMsintsi ku-2008.

Igalelo lophuhliso lwezeNtlalo kucikizeko lolawulo neenkqubo

I-WCED sele ineenkqubo ezahlukeneyo ezinegalelo kuphuhliso lwezentlalo. Kuxhotyiswe abantu ngovimba omkhulu wamava nobuchule. Ukuze loo vimba wolwazi usetyenziswe kakuhle, kuyilwa uthungelwano lokwabelana ngolwazi namava yaye kudalwa namaqhina onxibelelwano kwezentlalo. Ngokomzekelo, ukuze kuphakulwe kwesi sisele senyathi, kuyilwa amaqonga eengxoxo namaphulo okuvolontiya, afana noMbutho wooTitshala abathathe umHlala-phantsi osandul’ ukusekwa, nongenelo lokuxhasa izikolo ekuqaliseni iMibutho yabaFundi bangaPhambili. Abameli beMibutho ye-SGB babizelwa entlanganisweni ngamathuba athile, ukuze kucelwe kubo iingcebiso ngemiba ezijongene nayo izikolo kunye noluntu.

Kufuneka ucaciswe umahluko phakathi kwendima emiselweyo ye-SGB naleyo ye-RCL namanye amaphulo afana nelokuvolontiya. Yimfanelo yombuso ukuxhasa ngokusesikweni ii-SGB. Ukongezelela, i-WCED yenze isigqibo sokunika ii-RCL amagunya athile. Ii-RCL ezikolweni zibandakanyeka kwimiba yobunkokheli yaye zinikwa amathuba okuba nefuthe, okanye ukuba nempembelelo, kwimiba yolawulo efana nokulawuleka, ukusombulula iingxabano nokumisela imizekelo emihle.

IQonga leeNgxoxo leeNqununu zePhondo lisekwe okokuqala ngqa ngo-2009 ukuze kube lula ukubonisana nabameli beenqununu ngemibandela esixhalabisa sonke.

Iinkqubo ezahlukeneyo zizibophelele ekuphuhlisweni kobambiswano olucwangcisiweyo kwiphondo nasekuhlaleni ukuze kuxhaswe amaphulo afana nokuphuhliswa kwesikolo njengentsika yoluntu, iZikolo eziKhuselekileyo, ukufundisana kwabalingane (indlela yokuphila esempilweni / ukukhulelwa kolutsha, isicwangciso-qhinga sokuthintela iNtsholongwane kaGawulayo nokusebenzisa kakubi iziyobisi) nokuphakamisa izikolo njengezazulu zenkathalo nenkxaso.

.

IsiCwangciso sokuPhuculwa koHanjiso lweeNkonzo (SDIP)

.

Ukuphuculwa kohanjiso lweenkonzo ngumngeni omkhulu esebeni, ngokukodwa ngokubhekisele ekuchongweni kweenkqubo zoshishino ekufuneka zimiswe ngokutsha. I-WCED iye yazichaza njengesebe elifundayo elijolise kuhanjiso lweenkonzo olubalaseleyo kule minyaka ilishumi elandelayo. Kuqulunqwa iinkqubo zokubek' esweni nokuphonononga ukuze ziphunyezwe kuquka iindlela zokusingatha izikhalazo nezincomo nezilawulwa liCandelo loLawulo lokuQinisekiswa koMgangatho. Kuza kuqulunqwa imigangatho yohanjiso lweenkonzo eza kusetyenziswa ngamacandelo olawulo amatsha, yaye iindlela eziqhelekileyo zocikizeko ziza kwandiswa njengoko kuveliswa iindlela zokuqesha kunye neenkqubo eziphuculiweyo.

.

IsiCwangciso sabaSebenzi (HR)

.

I-WCED yalandela iSakhelo soCwangciso lwabaSebenzi seSebe leeNkonzo zoLuntu noLawulo ekuveliseni isiCwangciso sabaSebenzi esihlanganisiweyo se-WCED. Esi sicwangciso siyahlengahlengiswa size siphindwe samkelwe ngonyaka ngamnye. Kuveliswa izicwangciso-qhinga ngokwesi sicwangciso yaye zibekw' esweni nyanga nganye.

.

Ingxelo yoPhicotho-zincwadi

Isebe lisukile kwingxelo yoluvo lophicotho-zincwadi oluthi akukwazeki ukunikela uluvo ngeziphumo ngo-2005/06 laza lafumana ingxelo entle kodwa efuna ukulungiswa amakhwiniba athile kuMphicothi-zincwadi Jikelele kunyaka-mali ka-2006/07 kunye nemo engenamakhwiniba ngo-2008/9.

.

Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzoyisa

Ukuhlanganiswa kweziqinisekiso zomgangatho ezahlukeneyo namanyathelo okuphendula kunikela ubunzulu bophando, ukhuseleko lweenkqubo ezithile nokuvuselelwa ukuze zihlaziywe yi-WCED. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba la manyathelo akhokelela kwindlela ephuculiweyo yokufundisa nokufunda, yaye azibonakali zisisiphelo zona ngokwazo. I-WCED ixhomekeke kwiinkqubo ezahlukeneyo zokubek' esweni, ukuphonononga nokuphenduliswa. Ezi nkqubo zibandakanya izinto ezilandelayo:

.

- Uphicotho-zincwadi lwenkqubo zokulawulwa kwezimali rhoqo ngonyaka, olwenziwa yi-ofisi yoMphicothi-zincwadi Jikelele wephondo.
- Ukubakho kwiiseshini eziqhutywa rhoqo neKomiti yePotifoliyo yeMfundo kunye neKomiti esisiGxina malunga nee-Akhawunti zikaRhulumente kwiPalamente yePhondo;
- Iintlanganiso (okanye imiboniso ejikeleziswayo) kunye nabathathi-nxaxheba abahlukeneyo kwezemfundo eziqhutywa nguMphathiswa wePhondo noMphathi oMkhulu ukuze kwabelwane ngolwazi malunga nezinto eziqhubekayo kwezemfundo, okanye ukuva nje ngeengxaki abahlangabezana nazo ootitshala kunye nabalawuli bezikolo;
- I-WCED inyanzelekile ukuba ingenise ingxelo yonyaka ephathelele imisebenzi yayo kwiNdlu yoWiso-Mthetho. Uxwebhu lweNgxelo yoNyaka lungafikelelwa luluntu ngokubanzi yaye lwenza abo banento yokwenza nemfundo bakwazi ukubek' esweni impumelelo okanye iintsilelo zesebe, ngokuphathelele imiyalelo yalo engokomthetho nengokwemigaqo-nkqubo nezicwangciso-qhinga zalo; kunye
- Nokubekw' esweni nokuphononongwa ngokuqhubekekayo lisetyana lesiQinisekiso soMgangatho esebeni.

.

Ungenelelo oluqhubekekayo ngokubhekisele ekuqeqeshweni kwamalungu amaqela okulawulwa kwezikolo (SMT) kuquka ukulawula ikharityhulam; ukukhuthaza ukuziphatha kakuhle kwabafundi; amabhinqa kwizikhundla zobunkokheli; ulawulo lwemigaqo-nkqubo; imfundo equka umntu wonke; ukulawulwa ngokupheleleyo kweNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo neminye imingeni yophuliso lwezentlalo nangokwasengqondweni olujongene nayo uluntu olusezikolweni; imithetho esandul' ukulungiswa nezigqibo ezisayiniweyo.

ST101	ULAWULO - Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto						
		2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGENKQUBO ENGAPHANTSI (R'000)							
1.1 I-ofisi yoMphathiswa wePhondo		3,445	3,829	3,805	4,093	4,366	4,643
1.2 Iinkonzo ezimanyanisiweyo		150,717	186,652	220,120	221,159	232,079	246,250
1.3 Ulawulo lwemfundo		130,278	142,806	150,995	156,643	165,816	175,231
1.4 Uphuhliso lwabasebenzi		10,307	12,215	16,201	15,475	16,337	17,174
1.5 INkqubo yoLwazi lokuLawulwa kwezeMfundo (EMIS)		15,042	15,968	25,008	26,308	27,544	28,839
IYONKE		**309,789**	**361,470**	**416,129**	**423,678**	**446,142**	**472,137**
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQOQOSHO (R'000)							
Intlawulo yalo nyaka		254,379	324,340	366,044	397,970	419,151	443,936
Ukubuyekezwa kwabasebenzi		140,652	170,919	191,714	224,263	239,962	256,037
Ootitshala		29,538	35,893	40,260	47,095	50,392	53,768
Abo bangengabo ootitshala		111,114	135,026	151,454	177,168	189,570	202,269
Iimpahla neenkonzo nezinye zalo nyaka		113,727	153,421	174,330	173,707	179,189	187,899
Imali edluliselweyo noncediso-mali		44,806	25,775	31,773	22,709	23,846	24,917
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu		10,604	11,355	18,312	2,999	3,145	3,284
IYONKE		**309,789**	**361,470**	**416,129**	**423,678**	**446,142**	**472,137**
UKUQESHWA KWABASEBENZI							
Inani looTitshala (abaqeshwe ngurhulumente)		144	170	144	144	144	144
Inani labo bangengabo ootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)		746	1,237	827	827	827	827
IINKCUKACHA-MANANI KWIINKQUBO ZOLAWULO							
Inani lezikolo ezine-SAMS (a)		1,452	1,452	1,452	1,455	1,460	1,466
Inani lezikolo ezine-imeyil		1,420	1,440	1,452	1,455	1,460	1,466

ST101	ULAWULO - Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (iyaqhubekeka)					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PM101: Inani lezikolo ezisebenzisa i-SA-SAMS ekuboneleleni ngolwazi kwinkqubo yesizwe yokulanda umkhondo wabafundi kwithuba lengxelo	I-PM entsha	I-PM entsha	1,452	1,455	1,460	1,466
► PM102: Inani lezikolo eziqeqeshwe ngokupheleleyo kwiimodyuli zobhaliso ezingundoqo kwiNkqubo yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo kwithuba lengxelo (iiNkcukacha ngeSikolo, iiNkcukacha ngabaFundi neeNkcukacha ngooTitshala)	I-PM entsha	I-PM entsha	100	850	1,460	1,466
► PM103: Inani lezikolo elinokuqhagamshelana nazo ngobuxhaka-xhaka beekhompyutha (nge-imeyil) isebe eli	I-PM entsha	I-PM entsha	1,432	1,455	1,460	1,466
► PM104: Ipesenti yamabhinqa asebenza ezi-ofisini akwiziKhundla zokuLawula eziPhezulu	I-PM entsha	I-PM entsha	33.3%	35%	37%	49%
► PM105: Ipesenti yamabhinqa aziinqununu zezikolo	I-PM entsha	I-PM entsha	25.2%	33%	37%	39%
► PM106: Ipesenti yenkcitho yangoku eya kwizinto zesikolo ezingenakuthanani nabasebenzi	21.4%	22.2%	21.7%	22.7%	23.3%	23.4%
Qaphela: Iithagethi ziyenyuka ukuba inani lezikolo liyenyuka, zincitshiswe kukuvalwa kwezinye okunokuthi kwenzeke Qaphela: Iprojekthi ye-SA-SAMS isalingwa ekuqaleni ngaphambi kokuba ibe nokulinganiswa. Qaphela: Kwi-PM 104 ne-PM105 iithagethi ziza kuchaphazeleka njengoko inkqubo ingenanto inokuyenza ngaokuhamba kwabantu abemkayo emisebenzini						

ST102	ULAWULO – Inkcitho ngokwento nganye (2007/08) R'000								
	1 Ulawulo	*2 Zikol zesiQhel*	*3 Zizimel*	*4 Ezizodwa*	*5 ii-FET*	*6 u-ABET*	*7 ECD*	*8 Zoncediso*	*Itotali*
Iintlawulo zalo nyaka	**324,340**	**5,625,189**	**-**	**354,586**	**169,049**	**6,585**	**99,794**	**88,070**	**6,667,613**
Ukubuyekezwa kwabasebenzi	170,919	5,091,264	-	349,223	169,049	6,524	69,649	47,407	5,904,035
Ootitshala be-CS	35,893	4,597,412	-	276,235	142,508	4,971	69,649	24,178	5,150,846
Imivuzo nemirholo	30,765	3,981,369	-	239,217	124,927	4,854	61,570	22,282	4,464,984
Imirhumo yokuxhasa ezentlalo	5,128	616,043	-	37,018	17,581	117	8,079	1,896	685,862
Abo bangengabo ootitshala	135,026	493,853	-	72,988	26,541	1,553	-	23,229	753,190
Imivuzo nemirholo	117,934	422,575	-	62,511	22,484	1,396	-	21,807	648,707
Imirhumo yokuxhasa ezentlalo	17,092	71,278	-	10,477	4,057	157	-	1,422	104,483
Iimpahla neenkonzo	138,151	533,925	-	5,363	-	61	30,145	40,663	748,308
Uluhlu lweempahla	6,271	283,435	-	-	-	4	9,591	6,606	305,907
Izixhobo zokuncedisa ekufundiseni	-	200,113	-	-	-	-	9,591	519	210,223
Izinto zokubhala namaphepha nokushicilela	6,196	4,169	-	-	-	4	-	5,899	16,268
Ezinye	75	79,153	-	-	-	-	-	188	79,416
Abacebisi, abanikwe iikontraki neenkonzo ezizodwa	25,617	5,574	-	117	-	-	19,341	10,996	61,645
Izixhobo ezingaphantsi kwama-R5, 000	7,150	13,503	-	-	-	-	-	16	20,669
Ukulungiswa kwezakhiwo	18,478	54,668	-	5	-	-	-	12	73,163
Iindawo eziqeshiweyo zokusebenza	1,617	1,292	-	-	-	-	-	5,519	8,428
Ukuthuthwa kwabafundi	265	107,026	-	-	-	-	-	25	107,316
Ezinye iimpahla neenkonzo	78,753	68,425	-	5,241	-	57	1,212	17,489	171,177
Inzala nerenti yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Inzala	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Irenti yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Intsebenziso yemali kwizinto zexabiso namatyala	15,270	-	-	-	-	-	-	-	15,270
Inkcitho engagunyaziswanga	-	-	-	-	-	-	-	-	-

ST102	ULAWULO – Inkcitho ngokwento nganye (2007/08) (iyaqhubekeka)								
	1 Ulawulo	*2 Zikol zesiQhel*	*3 Zizimel*	*4 Ezizodwa*	*5 ii-FET*	*6 u-ABET*	*7 ECD*	*8 Zoncediso*	*Itotali*
Imali edluliselweyo noncediso-mali	**25,775**	**455,517**	**39,713**	**79,739**	**148,179**	**19,236**	**42,465**	**106,892**	**917,516**
Oomasipala	-	1	-	-	-	-	-	-	1
Imibutho yesebe nezinye ii-akhawunti	-	-	-	-	-	-	-	3,944	3,944
Amaziko angenzi nzuzo	18,724	440,655	39,713	79,019	121,366	19,231	42,309	101,020	862,038
Izikolo zeCandelo 21	-	239,553	-	-	-	103	-	-	239,633
i-LTSM	-	216,842	-	-	-	103	-	-	216,945
Izixhobo ezilulutho	-	15,427	-	-	-	-	-	-	15,442
Ukulungiswa kwezinto	-	7,284	-	-	-	-	-	-	7,246
Iinkonzo ezihanjisiweyo	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Amanye amaziko emfundo	18,724	201,103	39,713	79,19	121,366	19,128	42,309	101,020	622,405
Izindlu	7,051	14,861	-	720	26,813	5	156	1,928	51,535
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	**11,355**	**141,277**	**-**	**-**	**-**	**-**	**-**	**36**	**152,668**
Izakhiwo nezinye izinto ezingenakususwa	-	140,109	-	-	-	-	-	-	140,109
Izakhiwo	-	140,109	-	-	-	-	-	-	140,109
Iihostele	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Izikolo ezitsha	-	108,572	-		-	-	-	-	108,572
Amagumbi okufundela ongezelelweyo	-	20,898	-	-	-	-	-	-	20,898
Ezinye izinto ezongezelelweyo	-	10,639	-	-	-	-	-	-	10,639
Ezinye	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Ezinye izakhiwo ezingenakususwa	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	11,224	1,168	-	-	-	-	-	36	12,428
Izixhobo zezithuthi	420	58	-	-	-	-	-	-	478
Abanye oomatshini nezixhobo	10,804	1,110	-	-	-	-	-	36	11,950
Iinkqubo zokusebenza kweekhompyutha nezinye izinto zexabiso ezingabambekiyo	131	-	-	-	-	-	-	-	131
ITOTALI IYONKE	**361,470**	**6,221,983**	**39,713**	**434,325**	**317,228**	**25,821**	**142,259**	**194,998**	**7,737,797**

B.2 Imfundo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) ngokuphathelele inkqubo 2, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo (►):

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukwenza ukuba izikolo zikarhulumente zesiqhelo zifikeleleke ngokomgaqo-nkqubo	► PM201: Inani labafundi abaxhamla kwinkqubo yesondlo yasesikolweni ► PM202: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ezineemfuno ezizodwa
Ukwanela	▲ Ukubonelela ngeziseko zophuhliso zezikolo zikarhulumente zesiqhelo ngokomgaqo-nkqubo ▲ Ukubonelela ngabasebenzi abaneleyo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	► PM203: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezineenkonzo ezipheleleyo kwiphondo ► PM204: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenawo amanzi ► PM205: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenawo umbane ► PM206: Inani lezikolo ezingenazo izindlu zangasese ezisebenzayo ► PM207: Isabelo sisonke sohlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente sokulungisa okucwangcisiweyo njengepesenti yexabiso lezakhiwo nezinto ezisetyenziswayo zezikolo ► PM208: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zaseprayimari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-40 eklasini nganye
Ucikizeko	▲ Ukusungula ukuzilawula kwezikolo zikarhulumente zesiqhelo ngempumelelo nangocikizeko ▲ Ukumilisela isithethe sokufunda nokufundisa ngempumelelo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	► PM209: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zasesekondari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-35 eklasini nganye
	▲ Ukubonelela ngeziXhobo zokuNcedisa abaFundi nooTitshala (LTSM) kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	► PM210: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinazo zonke ii-LTSM nezinye izixhobo ezifunekayo ezithe zasiwa esikolweni ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo ngokwe-oda yazo

Oku kulandelayo kusebenza kwinkqubo engaphantsi 2.1, izikolo zikarhulumente zaseprayimari:

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ubulungisa	▲ Ukuvala umsantsa phakathi kweziphumo zemfundo zezikolo zaseprayimari ezazikhathalelwe ngokwembali nezo zazihlelelekile.	► PM211: Ipesenti yabafundi kwiBanga lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo ekukwazini ukuBala ngamaNani ► PM212: Ipesenti yabafundi kwiBanga lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo ekukwazini ukuFunda nokuBhala
Ucikizeko	▲ Ukuqinisekisa ukuba kuphumelela abafundi abaninzi kangangoko kwizikolo zikarhulumente zaseprayimari.	► PM213: Umlinganiselo wendlela abaqhuba ngayo abona bafundi bahluphekayo bangama-20% kwiqondo lokuhleleleka loku-1 xa kuth nabona bangahluphekiyo abangama-20% kwiqondo lokuhleleleka lesi-5 kwiBanga lesi-3
Umgangatho	▲ Ukufumana ezona ziphumo ziphezulu zemfundo phakathi kwabafundi kwizikolo zikarhulumente zaseprayimari.	► PM214: Ipesenti yabafundi kwiBanga lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiiLwimi ► PM215: Ipesenti yabafundi kwiBanga lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika

Oku kulandelayo kusebenza kwinkqubo 2.2, izikolo zikarhulumente zasesekondari:

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ubulungisa	▲ Ukukhuthaza uthatho-nxaxheba lwamaqela abafundi awayehlelelekile ngokwembali kwizikolo zikarhulumente zesekondari.	► PM216: Ipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele ukwenza iMathematika kwiBanga le-12 ► PM217: Ipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele ukwenza izifundo zeNzululwazi kwiBanga le-12
	▲ Ukuvala umsantsa phakathi kweziphumo zemfundo zezikolo zesekondari ezazikhathalelwe ngokwembali nezo zazihlelelekile.	►PM218: Umlinganiselo wendlela abaqhuba ngayo abona bafundi bahluphekayo abangama-20% kwizikolo zeqondo lokuhleleleka loku-1 xa kuthelekiswa nabona bangahluphekiyo abangama-20% kwizikolo zeqondo lokuhleleleka lesi-5 ngokuphathelele izinga lokuphumelela ibanga le-12
Ukugqiba	▲ Ukuqinisekisa ukuba abafundi abaninzi baphumelela iBanga le-12, bephumelela ngokukodwa imathematika nezifundo zenzululwazi.	► PM219: Izinga lokuphumelela iBanga le-12 ► PM220: Izinga lokuphumelela iBanga le-12 kwiMathematika ► PM221: Izinga lokuphumelela iBanga le-12 kwezeNzululwazi
Umgangatho	▲ Ukufumana ezona ziphumo ziphezulu zemfundo phakathi kwabafundi kwizikolo zikarhulumente zesekondari.	► PM222: Inani labafundi abaxhamlayo kwilungiselelo lokuthuthwa kwabafundi simahla ► PM223: Inani labafundi abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo wezikolo “ezingaHlawulisiyo”

Imigaqo-nkqubo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Imigaqo-nkqubo

- I-South African Schools’ Act (No 84 ka-1996)
- I-Post Provisioning Norms (Government Gazette with Revisions [1676 ka-1998])
- I-Admission Policy for Ordinary Public Schools [Government Gazette 19377, 1998]
- I-National Education Policy Act, [No 27 of 199]

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana abahlala kweli phondo bafikelela kwimfundo esemgangathweni
Ukuqinisekisa indlela yokufunda ye-elektroniki ezikolweni
Ukuqinisekisa imeko-bume ekhuselekileyo kumaziko eyimfuneko ukuze kufundiswe yaye kufundwe ngempumelelo
Ukuxhobisa nokuxhasa ootitshala kwimizamo yabo yokubonelela ngemfundo efanelekileyo

Uhlalutyo lwenkqubela-phambili

Ufikeleleko

Kwilinge lokuthibaza iindleko ezinyukayo kubazali abangathathi ntweni zemfundo yabantwana babo nokwandisa ufikelelo kwimfundo, umthetho i-SASA walungiswa ukuze uvumele uMphathiswa (wesizwe) weMfundo (MoE) amisele amaqondo esizwe okuhleleleka kwezikolo zikarhulumente ezisenokubizi rhafu yesikolo ukusukela ngomhla woku-1 kweyoMqungu ku-2007.

U-MoE wamisela ithagethi yesizwe ngo-2008 eyenza ukuba ama-40% abafundi kweli lizwe afunde “kwizikolo ezingaHlawulisiyo”, oko kukuthi izikolo eziwela kwiQondo lokuHleleleka leSizwe (NQ) loku-1 nelesi-2, ukusukela ngomhla woku- 1 kweyoMqungu ku-2008. Uluhlu lwezikolo kwiphondo ngalinye ezingazi kuvunyelwa ukubiza iirhafu zesikolo ezinyanzeliswayo lwapapashwa kwiGazethe yasebuRhulumenteni.

INtshona Koloni inepesenti esezantsi yabafundi kwii-NQ zoku-1 nezesi-2, xa kuthelekiswa nawo onke amanye amaphondo. Sisi-6,5% kuphela (okanye ama-59 306) sabafundi eNtshona Koloni abawela kwi-NQ yoku-1 nesi-8% (ama-73 254) kwi-NQ yesi-2, okuthetha ukuba li-14,5% kuphela labafundi eNtshona Koloni abakwawona maqondo okuhleleleka amabini entlupheko elizweni ngokubanzi (ama-40% abafundi elizweni). Ngoko ke i-WCED yanabisela iwonga ‘lezikolo ezingahlawulisiyo’ kwizikolo ezikwi-NQ yesi-3 (abafundi abangama-211 841). Oku kwenziwa ngelungiselelo lokuzithandela elenziwa nezikolo ezichongiweyo ezikwi-NQ yesi-3. Zonke izikolo ezikwi-NQ yesi-3 zalamkela eli wonga zaza zavakaliswa ngokuba ‘zizikolo ezingaHlawulisiyo’ ukusukela ngomhla woku-1 kweyoMqungu ku-2007 yaye, ke ngoko, zisenokunyanzelisi abafundi ukuba bahlawule iirhafu zesikolo.

Ngo-2009, zingama-651 ‘izikolo ezingaHlawulisiyo’, okuthetha ukuba ngama-45% ezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezili-1 452 (amanani oVavanyo lwamiNyaka le luka-2008) kweli phondo leNtshona Koloni ngo-2008. Bamalunga nama-346 139 abafundi abafunda kwezi zikolo, okuthetha ukuba ngama-37,6% abafundi baseNtshona Koloni.

Iimfuno ezizodwa

Ukuze kungeniswe abafundi abaninzi abaneemfuno ezizodwa kwizikolo eziqhelekileyo, iWCED ithathe isigqibo sokumisela iiyunithi ezilungiselelwe abafundi abaneemfuno ezizodwa kwizikolo eziqhelekileyo. Zithi ke ezi zikolo zibe zizikolo ezineenkonzo ezipheleleyo. Sithetha nje zingama-68 iiyunithi ezikhoyo.

Ukwanela

Imimiselo yokuBonelelwa kweziThuba

Ukuqeshwa kwabasebenzi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo kumiselwa minyaka le ngokwemimiselo yokubonelelwa kwezithuba. Njengoko usitsho komthetho, kuye kuboniswane nabasebenzi abangamalungu eBhunga labaSebenzi bezeMfundo kwiPhondo (PELRC) kwakunye nemibutho egunyazisiweyo yee-SGB malunga nokuthwaleka kwezithuba xa zizonke zootitshala kwakunye nokumiselwa kwengqesho yabasebenzi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo.

Izakhiwo nezinto ezisetyenziswayo

Ngokutsho kwesiCwangciso-qhinga sokuHluma nokuPhuhliswa kweKapa neenjongo zaso *zokusetyenziswa okuzinzileyo kobutyebi bemvelo, uhlanganiso olukhulu lwendawo*, kunye neenxalenye *zokuthatha inxaxheba kwinkqubo ehlanganisiweyo yezothutho*, i-WCED ithatha inxaxheba ngokupheleleyo kumaqonga ahlukeneyo anjongo zawo izezophuhliso oluhlanganisiweyo. Kwakhiwa izikolo ezitsha kwiimeko ezilawulwa luqwalaselo lwemo yezothutho. IMimiselo nemiGangatho eyilwayo ngokuphathelele ukuyilwa kwezikolo ikwinqanaba lokuphuhliswa. Yakuba ingqinisisiwe iza kuqwalasela imiba yokusetyenziswa ngozinzo kwamanzi nombane ukongeza ekunikeni inkcazo edingeka kakhulu malunga nemimiselo yendawo.

Ukwanela nokuFikeleleka

Inkqubo yokuPhuculwa koMgangatho, uPhuhliso, iNkxaso nokuPhakanyiswa (QIDS-UP)

Ngo-2008 iprojekthi ye-QIDS UP ibijoliswe kwizikolo ezikwiQondo lokuHleleleka loku-1, lesi-2 nelesi-3. Imali ezizigidi ezingama-R48,500 yabekelwa umsebenzi wokulondoloza nokulungisa izikolo ezili-185. Ezizigidi ezingama-R34,335 yabekelwa izinto zamathala eencwadi ezikolo ezingama-653 yaye iphantsi kolawulo lwe-EDULIS, ezizigidi ezingama-R8,732 yabekelwa ifenitshala yamathala eencwadi yaye iza kudluliselwa ezikolweni. Engama-R500 000.00 isetyenziswe ekuthengeni iinqwelo zeencwadi ezithe zadluliselwa kwizikolo ezingama-255. Ezizigidi ezili-R1,377 yabelwe uqeqesho lweentsuku ezili-10 nempela-veki lootitshala beqeqeshwa kuLawulo lwamaThala eeNcwadi kwizikolo ezingama-246. Izigidi ezisi-7 zeerandi zabelwe iindawo zokusetyenziselwa iilebhu zeekhompyutha kwizikolo ezingama-50. Izigidi eziyi-R1,7 zabelwe kwi-WSE ukwenzela izikolo ezingama-30 ezikwi-Q yoku-1, yesi-2 neyesi-3. Izigidi ezingama-R30 zabelwe ukuthuthwa kwabafundi kwizikolo

ezingama-291. Izigidi eziyi-R2,5 zabelwe izixhobo zesifundo sezeNzululwazi kwizikolo zesekondari ezingama-90. Izigidi eziyi-R5,5 zabelwe izixhobo zeNzululwazi ngezoBomi kwizikolo zesekondari ezili-104. Izikolo ezili-100 zesekondari zifumene izixhobo zesiXokelelwano soLwazi ngoBume beLizwe (i-GIS). Isixa-mali esizizigidi eziyi-R3,2 sabelwe izixhobo zesiFundo ngezoBomi. Imali ezizigidi ezi-R5 yabelwe iprojekthi eqhutywa emva kweeyure zesikolo nezanywa kwizikolo ezili-14.

Ucikizeko

Izixhobo zokuncedisa abafundi nootitshala (LTSM)

I-WCED inoxanduva lokuthengela zonke izikolo ezingekho phantsi kweCandelo 21 ii-LTSM kwaye yenze isivumelwano seminyaka emi-2 nababoneleli ngeenkonzo ukwenzela le njongo. Ngokwezigqibo zesivumelwano esikhoyo, kubhaliswe ababoneleli ngeenkonzo abali-168 ukuze bahambise ii-LTSM kwizikolo ezingama-416 ezingekho phantsi kweCandelo 21. Injongo yesebe kukufikelela umyinge we-100% ekuboneleleni nasekuhambiseni zonke ii-LTSM eziodwe zizikolo ezingekho phantsi kweCandelo 21 ngaphambi kokuvulwa kwezikolo ekuqaleni konyaka wesikolo. Ukufezekiswa kwale njongo kuxhomekeke ekufumanekeni kwezi LTSMhe LTSM.

Izikolo eziphantsi kweCandelo 21 zifumana imali kwisebe yaye ngumsebenzi wazo ukuzithengela ii-LTSM ngokuvumelana noluhlu lwababoneleli abakhethwe lisebe.

Zonke izikolo zimele zibambelele kuMgaqo-nkqubo wokuThenga ngokuKhethekileyo wephondo ekusebenziseni izabelo zazo ze-N&S ekuthengeni iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi. Ukwenzela le njongo, kukho iindidi ezimbini zoluhlu lwababoneleli. Uluhlu lokuqala (uluhlu lwabakhethiweyo) lumela abo baboneleli kumele kukhethwe bona. Ngabo babizwa ngokuba ngabantu ababehlelelekile ngokwembali (ii-HDI) kunye namashishini amancinane, aphakathi nasakhasayo (ii-SMME). Izikolo zimele zithenge iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi ngexabiso ukuya kutsho ubuncinane kuma-70% email eziyabelweyo ngokwe-N&S kubaboneleli abakolu luhlu lokuqala. Iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi ngoko kuseleyo (ama-30% olwabiwo olwenzelwe iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi) zisenokuthengwa kubaboneleli abakolu luhlu lwesibini. Uluhlu olulolona lutsha luthunyelwe ezikolweni ngokufakwa ngaphakathi kwiisetyhula.

Ukusebenzisa inkqubo ye-elektronikhi kwezemfundo

Iphepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lesizwe malunga nokusetyenziswa kwenkqubo ye-elektronikhi kwezemfundo lenza isibonelelo seenjongo zesicwangciso-qhinga ezintandathu, oko kukuthi, uphuhliso lobungcali, izinto zokusetyenziswa kwe-ICT, izixhobo zokufundisa zezinto ze-elektronikhi, unxibelelwaniso, ukubandakanyeka koluntu, kunye nophando nophuhliso. Ngokusetyenziswa kweProjekthi iKhanya ezikolweni zikarhulumente, iProjekthi ye-e-Learning kwiiKholeji ze-FET, nezinye iiprojekthi ze-ICT ezifana neProjekthi yokuNxibelelanisa yeZikolo, iprojekthi i-Mindset Project ne-CEMIS i-WCED ithathe amagxathu abonakalayo ekunikeni ingqwalasela ezi njongo zesicwangciso-qhinga yaye ikuphucule ukusetyenziswa kwe-ICT kuwo onke amacandelo emfundo. Ukuphunyezwa ngokuqhubekayo kwesiCwangciso-qhinga senkqubo ye-elektronikhi kwezeMfundo kuza kuyitshintsha ngakumbi indlela yokufundisa nokufunda kweli phondo, yaye kuza kuphucula iindlela zokusebenza nezoqhagamshelwano ngaphakathi eSebeni.

Ngokuvumelana nezindululo ezenziwe kwiPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo nangokusuka kwiinkqubo zokumiswa ngokutsha kwe-WCED kusekwe icandelo lolawulo le-e-Learning neeNkonzo zeeLayibrari eliza kuthi lijolise, phakathi kwezinye izinto, ekuphuculweni kwamandla eSebe okulawula inkqubo yokufunda ngezixhobo ze-elektronikhi nokubonelela ngamathuba okufunda afikelelekayo, afanelekileyo nakumgangatho ophezulu kubo bonke abafundi, kwinkqubo yemfundo enxibeleleneyo. Ukuphunyezwa kwemeko-bume yokufunda ngenkqubo enxityelelanisiweyo ye-elektronikhi kuza kuzabalazela ukushenxisa izithintelo kumathuba emfundo ngokuseka izikolo ezipheleleyo yaye kuza kwandiswa uthatho-nxaxheba kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo. Imingeni esijongene ngayo apha mikhulu yaye ibandakanya kungekuphela nje amandla amaze onxibelelwano njengemfuneko ephambili ekufundeni kodwa kwanokuphuculwa kwezakhono zootitshala.

Kweli xesha le-MTEF iProjekthi iKhanya iza kubonelela ngeendawo zeekhompyutha ezingama-200 ezongezelelweyo, kuxhomekeka kwiimali ezaneleyo, kwizikolo zikarhulumente ezibalaseleyo ngonyaka ngaloo ndlela kuqosheliswa inkqubo yokubonelela isikolo ngasinye sikarhulumente ubuncinane ngendawo enye yeekhompyutha. Ngo-2011 isininzi sootitshala kwiphondo baza kube befumene uqeqesho olungundoqo kwi-ICT, zonke izikolo ziza kube zikwazi ukungena kwi-Intanethi ngokusebenzisa amandla amakhulu amaza okunxibelelana yaye kuza kukhutshwa nobunye ubuxhakaxhaka bee-elektronikhi.

Izikolo eziphantsi kweCandelo 21

Zili-1 032 izikolo kwezili-1 452 (ngokoVavanyo lwamiNyaka le luka-2008) (okanye ama-71,1% azo zonke izikolo zikarhulumente zesiqhelo) ezinikwe iwonga elipheleleyo lokuba phantsi kweCandelo 21 (lomthetho i-South African Schools Act, 1996 (uMthetho No 84 ka-1996) (SASA)). Izikolo eziseleyo ezingama-420 zisafumana ingqalelo eqhubekayo yokuzixhobisa ukuze zibe zizikolo eziphantsi kweCandelo 21. Kuyaqhubekeka nokunikela inkxaso kuzo zonke izikolo mayela nokuphathwa kwezimali nolawulo.

Inkonzo idluliselwa kwizithili

Izithili eziyilwe ngokutsha zeNtshona Koloni sele zifezekisa imimiselo “yoMgaqo-nkqubo ngokuphathelele uMbutho, imiSebenzi neeMfanelo zeziThili zeMfundo”. ICandelo loLawulo eliyiNtloko: iziThili, kweli thuba leminyaka emi-3 ngokufanelekileyo liza kufuna ukunxibelelanisa imisebenzi emithathu ephambili yezithili echazwe kumgaqo-nkqubo: ukuxhasa amaziko emfundo (kuquka ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda); ukuba nokuphenduliswa; ulwazi loluntu.

Izithili ziza kubeka ukufunda esazulwini sayo yonke imisebenzi yazo, yaye ziqinisekisa ukubaa onke amaziko asekelwe ngokwenyaniso ekufundiseni. Ukongezelela, icandelo lolawulo eliyintloko nee-ofisi zalo zesithili ezisi-8 liza kusebenzisa ulwakhiwo nendlela entsha yokuphumeza amanyathelo awodwa kuzo zonke izikolo eziqhuba kakubi nezikolo ezisebenza kakubi. Amagosa ezithili iza kuba luxanduva lwawo ukuqinisekisa ukuba kwenziwa uphuculo olunokulinganiswa kuzo zonke iziko, kodwa ngokukodwa kula maziko. Kuza kwenziwa umzamo omkhulu wokuphucula indlela yokusebenzisa zonke iinkqubo zokulawulwa kwentsebenzo kwii-ofisi zezithili nakumaziko.

Ukuze kuthotywe isantya sokuphulukana nezimilo kumaziko emfundo, izithili ziza kuqhuba iphulo elilodwa elikhuthaza ukuthotyelwa ngokubhekiselele ekusebenzeni ngokusisiseko kwesikolo ngeendlela ezinjengezi: ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweentsuku zesikolo nexesha elisengqiqweni, ukufika kwabasebenzi nabafundi ngexesha esikolweni, ukubakho nokunika abazali iingxelo. Ukongezelela, imfundo equka umntu wonke neyeemfuno ezizodwa iza kufumana ujoliso olubukhali kwixesha elizayo.

Ngokuqeshwa kwabasebenzi abaninzi kwii-ofisi zezithili, kuza kuqaliswa inkqubo ecwangciswe kakuhle yokukhulisa amandla okwenziwa kwezinto. Kufuneka wonke umntu abe nolwazi nezakhono ezitsha ukuze kuqinisekiswe ukuba amaziko anikwa inkxaso nokhokelo olusebenzisekayo, olufanelekileyo. Ulungelelwaniso oluphuculiweyo lweenkqubo zokuqeqeshwa kwabasebenzi bezikolo kulindeleke ukuba lukhokelele ekuphuculweni kwento edluliselwayo kwigumbi lokufundela.

Ukuthethelelwa ngokubanzi nokwabelana ngolwazi luza kufuna ukuqinisekisa imisebenzi ye-Ofisi eliKomkhulu ukuba ijolise ekufundiseni nakumaziko emfundo – ukuze kungqinelaniswe kakhulu neemfuno zee-ofisi zezithili kunye namaziko emfundo.

Imisebenzi emitsha eyenziwa ezithilini kuza kulindeleka ukuba ivelise ize ixhase amaphulo amatsha afana nokuchunyiswa kwezikolo, iinkonzo zemisebenzi yentlalo, uqhagamshelwano nocwangciso kwizithili. Ukulawulwa kolwazi, ukubekw’ esweni nokuphonononga kuza kuba ngqongqo ukuze kube nokubonakala umahluko ocacileyo kumgangatho wenkonzo yemfundo ehanjiswa yi-WCED.

Ubulungisa nocikizeko

UkuFunda nokuBhala nokuBala ngamaNani

IsiCwangciso sokuFunda, ukuBhala nokuBala sephondo sihleli singundoqo ekuphuculweni kwentsebenzo yaye, njengoko kuboniswe kwinkcazo yobume, iphondo lenza umda omncinane kodwa obonakalayo kwiingxaki ezithile.

Izikolo nooTitshala abaNcedisayo abangama-510 bachazelwa ukuba ilinge liza kuqhubeka omnye umnyaka ngo-2009 ekuza kuthi ngawo kuphononongwe ifuthe lelinge. OoTitshala abaNcedisayo abangama-51 ababefake izicelo zeebhasari zokuqhubekeka nokufunda kwi-HEI kunye nazo zonke izicelo ezitsha zeebhasari zadluliselwa kwiCandelo loLawulo: iZakhono zabaNtu ngaPhakathi ukuze ziqwalaselwe njengoko lo msebenzi uphantsi kwesigunyaziso seli candelo. Kananjalo kwadluliselwa nezicelo zeebhasari zabafundi ezili-17.

Umgangatho noCikizeko

Ukuqeqeshelwa umSebenzi

Izinto ezingundoqo ekulungiseni iimeko kwiimfuno zezikolo zichongiwe yaye ziyalungiswa ngokucwangcisiweyo. Sijolise ekuphuculeni izakhono nasekufundiseni ootitshala izakhono ezitsha kwisiqulatho esitsha neendlela zokufundisa zeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe kunye nokuqinisa ucwangciso kunye nezicwangciso-qhinga zokulawulwa kwamagumbi okufundela. Ukuze kunikwe iinkonzo zenkxaso ezikolweni sikwajolise ekuphuhlisweni kobungcali kwabo banika iingcebiso ngekharityhulam/ abacebisi ukuze sibancede bakwazi ukunika inkxaso kootitshala.

Ubulungisa

Ukuphucula iziphumo zeMathematika nezeNzululwazi

Zonke izikolo zeDinaledi zifumene iincwadi zezikhokelo zeMathematika, zeNzululwazi, zobuChule beMathematika nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, kwakunye nezixhobo zokubala. Esi sibonelelo sixhomekeke kwiimfuno yaye siyaqhubekeka. Ootitshala beMathematika babonelelwa ngezixhobo zokufundisa zokubancedisa ekufundiseni isiPhumo sesiFundo sesi-4 esiphathelele ukuSebenza ngoLwazi oluQokelelweyo (isiGaba esiPhakathi nesiPhezulu) yaye ii-HOD neentloko zeziFundo zezikolo ezili-12 zaya kwisifundo sobunkokheli kwikharityhulam esasiqhutywa kwi-CTLI ngethuba leeholide zesikolo zeyoMsintsi. Uqeqesho olujoliswe kwi-ICT lwe-“Intel Teach Essentials” lunatyisiwe ukuze luquke abaCebisi ngeKharityhulam: bebonke abathathi-nxaxheba abangama-485 baya kuthotho lwezifundo ngo-2008 (ezingama-291 kwindawo yoqeqesho eseKuils River nabali-194 eVostile okanye eGeorge). Kwaba bantu babethatha inxaxheba abangama-53 ngabaCebisi ngeKharityhulam. Uphicotho-zincwadi lweziqinisekiso zokuphumelela kootitshala be-MST lugqityiwe yaye sithetha nje kufakwa iinkcukacha kwinkqubo.

IVeki yeNzululwazi kwiSizwe sonke 2008 (10-17 kuCanzibe) yajolisa ekunikeni iingcebiso ngemisebenzi enokufundelwa yaye kwafikelelwa abafundi abangaphezu kwama-600. Abafundi abagqwesileyo abangama-200 beBanga le-11 abenza iMathematika, ezeNzululwazi noCwangciso-mali abaphuma kwizikolo zeDinaledi, ze-MST nezoJoliso lobuNjineli baya kwiNkampu ye-MST kwi-Cape Academy. Izikolo ezingama-22 zeDinaledi zathatha iinxaxheba kuKhuphiswano lwamazwe ngamazwe lweMathematika nezeNzululwazis and Science Olympiads.

Kwaqhutywa iinkomfa ezincinane ezazijoliswe kwimathematika nobuchule bemathematika ukuze kudityaniswe ndawonye abathathi-nxaxheba abaphuma kumacandelo ahlukeneyo ezemfundo ukuze kugwadlwe imiba ephathelele imigaqo-nkqubo kwakunye neemfuno zokuphuhliswa kootitshala. Ukuqeqeshwa kwizinto ezintsha eziqulathwe kwiMathematika nezeNzululwazi kwakulungelelaniswa ngabaCebisi ngeKharityhulam kwizithili. Ukongezelela ootitshala beMathematika abangama-20 baya kufumana uqeqesho ePitoli. Ootitshala abafundisa ezeNzululwazi kwiBanga le-12 baqeqeshwa kwindlela yokwenza imisebenzi yokoqobo yezobunzululwazi eyinxalenye ye-NSC.

Undoqo ophambili ibe liphulo lokuhlanganisa i-ICT kwikharityhulam. Ababhexeshi nabalawuli beKhanya baqhuba umasifundisane nezikolo ngezikolo namacandelo ngokuqhubekekayo. Kuqhutywa uqeqesho lohlanganiso kwiinkalo ezingundoqo zeMathematika, ubuChule beMathematika neNzululwazi kwi-FET, nokubala ngamanani nokufunda nokubhala kwizikolo ze-GET. Zonke izikolo zesekondari zibonelwe ngezixhobo zokufunda zekharityhulam ye-Mindset kwaye iya ixhaphaka into yokusetyenziswa kwezi zixhobo. Iinkqubo zokusebenza kwekhompyutha ezinento yokwenza nemfundo ziphononongwa ngabacebisi ngekharityhulam abaphezulu kunye necandelo lobuchwepheshe le-CEI. Uluhlu lweenkqubo zekhompyutha ekucetyiswa ukuba zisetyenziswe luhlaziywa ngokuthe rhoqo kwiwebhsayithi yekharityhulam.

Ubulungisa nesiPhumo

Ukuxhaswa kwezikolo eziqhuba kakubi

Uqeqesho olongezelelweyo nocweyo lokwenza impinda yomsebenzi olwalwenzelwe abafundi beBanga le-11 nele-12 lwaqhutywa ngo-2008 njengakwixa elidluleyo yaye amaZiko eMfundo ePhakamileyo abonelela ngeengqeqesho kwizifundo ezikhethiweyo. Amaziko emfundo abaxhasa abafundi beBanga le-12 ngokuqhuba iiklasi zangoMgqibelo nezikolo zasentwasa-hlobo. Kwaqhutyekwa nocwangciso lokusebenzisa izikhululo zosasazo zasekuhlaleni ukusasaza iinkqubo zokuhlaziya umsebenzi weBanga le-12. Kwaqhutywa iintlanganiso nabo banebango kwiphondo ngokuphathelele izifundo ezahlukeneyo yaye kwaqhutywa nenkomfa encinane ngokuphathelele ukufundiswa kwemathematika nobuchule bemathematika.

Umgangatho

Inkxaso yokuLawulwa kweKharityhulam nokuHlola

Iindlela zokumisela isantya sokufundisa noludwe lweenkqubo zokusebenza lweBanga le-10 ukuya kwele-12 zahlaziywa zaza zafakwa kwiwebhsayithi yekharityhulam. Kunyaka wokusungulwa kwe-NSC ootitshala babexhaswa ngale ndlela ilandelayo: ukubonelela izikolo ngohlalutyo “lombuzo ngamnye” kwizifundo ezibhalwe ngo-2008; ukunika ingxelo ngeemviwo ze-NCS yebanga le-11 (ngxelo leyo yathi yanika abalawuli ingqiqo yokuphuhlisa iinkqubo zokusetyenziswa kwibanga le-12). Zonke izikolo zemfundo ephakamileyo zanikwa amaphepha angumzekelo eBanga le-12 kwakunye namaxwebhu enkcazo. Kananjalo la maphepha angumzekelo akhutshelwa kwiiwebhsayithi zoHlolo neeMviwo. Ii-CD ezinamaphepha angumzekelo zenziwa zafumaneka nasezikolweni. I-WCED ithumelele zonke izikolo ezifundisa izifundo ezifuna kwenziwe imisebenzi iindlela ezahlukeneyo yokuhlola imisebenzi/indleal abaqhuba ngayo abafundi (PATS) kuzo zonke izikolo ezifundisa izifundo zomsebenzi.

IsiKhokelo kwimiSebenzi enokuFundelwa

Njengenxalenye yesicwangciso-qhinga sokuphucula igalelo elenziwayo nokuqinisekisa ukuba abafundi bayaphumelela siye saqhubeka siqeqesha ootitshala beBanga le-10 ukuya kwele-12 kwisiKhokelo kwimiSebenzi enokuFundelwa. Kuqeqeshwa ootitshala nabanye esibambisene nabo abaseluntwini ngenkqubo yokukhathalela ngokuthi "Ucebise uze Uthumelele kwindawo efanelekileyo” nokunika inkxaso neengcebiso beqeqeshwa kwindlela yokuqhubana nabafundi “abasemngciphekweni” nabo bangenakuzenzela nto.

Imidlalo yeZikolo

Uxwebhu “lweSakhelo sokuSebenzisana: Ulungelelwaniso nokuLawulwa kwemiDlalo yeZikolo kwiZikolo zikaRhulumente zesiQhelo” lwasayinwa ngaxeshanye ngo-2005 nguMphathiswa weMfundo kunye noMphathiwa wemiDlalo noLonwabon. Into equkiweyo kolu xwebhu "lweSakhelo sokuSebenzisanalaboration", ngummiselo wokuba iinkqubo zemidlalo yezikolo zimele zicwangciswe ngendlela yokuba zinxibelelane neendlela zokungenelela zesizwe nezephondo, ezifana namaPhulo okwAzisa ngeNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo ngokwakhe, iziCwangciso-qhinga zeSizwe nezePhondo zokuThintelwa koLwaphulo-mthetho, ukuvuselelwa kwezimilo, njl njl.

Ngo-2007, i-Ofisi yoMphathiswa weMfundo eNtshona Koloni ne-WCED, kwakunye ne-Ofisi yoMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo kunye nesebe layo (i-DCAS) ngokubambisana zasungula umbutho, imiDlalo yeZikolo eNtshona Koloni (WCSS) zaza zasayina uXwebhu lwesiVumelwano (MoA) semiDlalo yeZikolo eNtshona Koloni. I-WCSS yiKomiti yePhondo yokuLungelelanisa (PROCOC) imiDlalo yeZikolo. Le MoA ibophelela la masebe mabini ukuba abambisane ekuququzeleleni, ekulungelaniseni nasekuphumezeni imidlalo yezikolo nokuyila isakhelo yaye ikwayila nesakhelo yaye imisela umoya omele ugqube kwimidlalo yezikolo kwiPhondo leNtshona Koloni.

Njengoko ngoku iiKomiti zeSizwe nezePhondo zokuLungelelanisa imiDlalo yeZikolo zicwangcisiwe, inyathelo elilandelayo kukuba kucwangciswe iKomiti yesiThili yokuLungelelanisa (DISCOC) imiDlalo yeZikolo kwisiThili ngasinye. Emva koko, isithili ngasinye siza kuseka iiKomiti zeeSekethe nezeeNgingqi zokuLungelelanisa imiDlalo yeZikolo. Ngo-2009/10 umngeni iza kuba kukusebenzisa ngokupheleleyo ezi zakhiwo kunye nokushenxisa naziphi na iingxaki ezikhoyo kuba zisaqala. Kuza kugxininiswa kwiiligi ezisathukuzayo zemidlalo yezikolo nasekutheleleni nokufak' isandla kwiPhulo lePhondo lokuba seMpilweni entle – ukuphakamisa umyalezo othi izimbo zokuziphatha ngendlela esempilweni zibaluleke kakhulu.

IZINTO EZIMELE ZENZIWE EZINGUNDOQO 2009/10 ICandelo loLawulo leKharityhulam ye-GET	
Ukuxhaswa kweziphathi-mandla	*Isigxininiso esingundoqo*: ukuqinisa izikolo zaseprayimari. *Ungenelelo olungundoqo*: ukuqeqesha abacebisi nabaqulunqi kwinkalo yokukwazi ukufunda nokubhala nokubala ngamanani. *Ujoliso longenelelo:* ukubonelela ngenkcazo kwezi nkalo zibalulekileyo. *Umngeni ophambili*: ukuqinisekisa ukuqondwa kwezinto ngendlela efanayo. *Indlela ekuza kwenziwa ngayo:* - Iphulo leziSeko zokuFunda ukuze kuzinziswe umsebenzi osele wenziwe. - Ukuphucula iimeko kwizikolo zaseprayimari *linkqubo ezingundoqo*: - Ukuxhaswa kweziphathi-mandla. Iziphathi-mandla zimele zazi, ziqonde yaye zixhaswe ngokubhekiselele ekwakhiweni kweziseko zokufunda. - Ulwimi nokuguqulwa kwemiba yolwimi. Malunga noku izixhobo zokuncedisa ekufundeni nokusetyenziswa kophando oluhlaziyiweyo kuza kuba nefuthe kwinto eyenziwayo ngokuphathelele ukuphakanyiswa kolwimi lwesiXhosa kwizikolo zethu. Ngokuqhelekileyo oku kuza kuzinceda iziphathi-mandla kwindlela ezicinga ngayo nento eziyenzayo ngolwimi lwesiXhosa. *Ukuphuhliswa kwamagosa okuxhasa ikharityhulam ye-GET anobuchule nolwazi olufanelekileyo aza kukwazi ukuqhubekeka nokuxhasa ootitshala kuza kuquka:* - Ukumisa iithagethi ezifanelekileyo - Ukunabisa nokuzinzisa intsebenziswano ephilileyo nabo banebango abafanelekileyo kuquka uBambiswano lukaRhulumente namaShishini abuCala - Ukuzinzisa nokuqinisa iKomiti yokuFunda nokuBhala nokuBala ngamaNani - Ukumilisela iPhulo leziSeko zokuFunda - Uzikiso neeseshini zokwenza izicwangciso - Iintlanganiso zokubonisana ngezifundo kunye nabaCebisi ngeKharityhulam kunye nabo banebango umz. ii-HEI, ii-NGO, imibutho yabasebenzi - Iinkomfa ezincinane / iimbizo kunye nabanebango ukuze kulanyulwe izinto ezintsha kwikharityhulam, kwabelwane ngezona ndlela zingcono yaye kukhuthazwe uthungelwano phakathi kootitshala nezikolo - Ukuhlaziya nokufaka iinkcukacha kwiiwebhsayithi ekuxhaseni i-NCS, ukuze kube lula ukudluliselwa kolwazi kunye nokukhuthaza olusebenzayo - Ukuphuhliswa kobungcali kwee-SCP kunye nee-CA ekulawulweni kwemfundo nobunkokheli umz. i-PFMA, ubunkokheli kwiiprojekthi, ukuqeqesha, ukuyila iwebhsayithi nokubakho kwiintlanganiso/kwiinkomfa zobungcali ngezifundo - Uphando nokuphuhliswa kweendlela zokufundisa ezintsha nezobuchule kuquka ukusebenzisa i-ICT nokuqhelana neendlela "ezizezona zingcono" kweli lizwe nakwamanye amazwe. - Ukuphuhliswa kobungcali kwabacebisi ngekharityhulam kwiindlela ezintsha zokufundisa

IZINTO EZIMELE ZENZIWE EZINGUNDOQO 2009/10 ICandelo loLawulo leKharityhulam ye-GET	
Ukuxhaswa kootitshala	- Ungenelelo oluCwangcisiweyo kwi*Mathematika* kootitshala kwisiGaba esiPhakathi. - Ukuqeqesha ootitshala baqhelane nezinto zenzululwazi ukuze kuqiniswe *iNzululwazi ngezoBugqi*. - Ukumilisela ukufundiswa nokufundwa kwezinto zemali kwisiGaba esiPhakathi ngokubonelela ootitshala ngezicwangciso zezifundo nezixhobo zoncedo ukuze kuqiniswe *iNzululwazi ngezoQoqosho noLawulo.* - Ukwakha amandla okwenza izinto kootitshala ukuze bancedise abafundi ngeeprojekthi zeMbali yoMlomo nokusetyenziswa nokucaciswa kweeMephu ukuze kuqiniswe *iNzululwazi ngezeNtlalo*. - Ukuqeqesha ootitshala abafundisa *ubuGcisa neNkcubeko* ezikolweni kwiinkalo ezichongiweyo ezingama-27 ezisilelayo ukuphumelela kwizakhono nolwazi lwazo zonke iziphumo ezine neemo ezine zobugcisa kwakunye neendlela zokufundisa nokuhlola.
Ukuxhaswa kootitshala	- Ukuphuhlisa ootitshala kwisigaba esiPhakathi kuzo zonke iziPhumo zeziFundo nemiGangatho yokuHlola ngezikhokelo/ngemizekelo yendlela yokuhlengahlengisa nokuyila imisebenzi yokuhlola eza kufanelana nemeko yomfundi kwisifundo se*Teknoloji* - Ukuxhobisa ootitshala kwizikolo ezikwiQondo lokuHleleleka loku-1, 2, 3 ukuze bakwazi ukufundisa i-LO4 ye*siFundo ngezoBomi* kubo bonke abafundi kwithuba elinye elichaziweyo ngeveki okanye ngomjikelo. - Ukuqeqesha bonke abaCebisi ngeKharityhulam kwiGaba esiPhakathi ngeNdlela eLungeleleyo yokuSebenzisa uLwimi ukuze kuphuculwe ekufundiseni ukukwazi ukuFunda nokuBhala noLwimi. - Ukusetyenziswa koludwe lweenkqubo zokusebenza ngundoqo kumsebenzi wokuqeqesha iiNtloko zamaSebe neeNtloko zeziFundo elulawulweni lwekharityhulam. Ootitshala baza kuqeqeshwa ekusebenziseni olu ludwe lweenkqubo zokusebenza. Kananjalo siza kuqinisekisa ukuba uludwe lweenkqubo zokusebenza luvavanywa kwizikolo ezili-100 ukuze sive izwi lootitshala nefuthe lophuhliso lwemfundo. - Ukutyhalela phambili nesiCwangciso sokuGuqulwa kweeLwimi. - Ukukhuthazwa ukuqeqeshwa emsebenzini kunye neenkqubo zokuphuhliswa kootitshala ukuze kuphakanyiswe umgangatho wokufundisa izifundo ezibaluleke kakhulu ezinjengeMathematika, ezeNzululwazi nesiFundo ngezoBomi. - Ukuphucula izakhono zootitshala abakhethiweyo kwizinto ezintsha eziqulethwe kwiNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe neendlela zokufundisa. - Ukuphucula umgangatho wemfundo kwezona ndawo zihluphekileyo kujoliswe, ngokukodwa, kwizikolo ezikwiindawo ezingama-27 ezichongwe njengeziphambili.
Ukuxhaswa kwabafundi	Ukusetyenziswa kwenkxaso yolawulo nootitshala engaqhelekanga kuza kwenza kube lula ukuxhaswa kwabafundi. Undoqo ekuxhasweni kwabafundi iza kuba kukuyilwa kwenkcubeko yoshicilelo ngokubonelela ngeetshathi ezixhonywa eludongeni, iincwadi nemibandela enxulumene nazo ukuze kukhuthazwe ukufunda, ukubhala nokubala Enye inkangeleko engundoqo ngokuphathelele umfundi inxulumene nokuthi: “Ulwimi lweenkobe lomfundi lufanele luxhaswe ngokuzimisela kwigumbi lokufundela, naphi na kufanelekile, ubuncinane de kube sekupheleni kweBanga lesi-6. Oku kubhekisela ekusetyenzisweni kolwimi lweenkobe njengoLwimi lokuFunda nokuFundisa (LoLT) kumaqela eeklasi ezinabantwana abangama-40.” “Ukongezelela ekufundweni kweelwimi ezi-2 ezisemthethweni, abafundi baseNtshona Koloni bafanele bafundiswe ubuncinane iminyaka emithathu olunye ulwimi lwesithathu lwephondo ukusuka kwiBanga lesi-7 ukuya kwele- 9.” “Kwimeko yezikolo ngaphambili ezaziphantsi kwe-DET ootitshala baza kuqeqeshwa ngokuphambili ekulawulweni kwemfundo ngeelwimi ezimbini esekelwe kulwimi lweenkobe (MTBBE) ukuze izakhono zokusebenzisa ulwimi lweenkobe (MT) ziphuculwe ukuya kwinqanaba lobuchule obusulungekileyo be-MT.”
Inkxaso yokufunda	Yenza izicwangciso zamacebo okuncedisa ootitshala bahlanganise i-ICT kwikharityhulam (ukuphonononga iinkqubo zokusebenza kwekhompyutha, ukusebenzisana namanye amaCandelo oLawulo, uqeqesho ekusebenzeni ngekhompyutha). Cwangcisa uze uqhube umasifundisane nootitshala be-GET ukuze kuqiniswe iindlela zokwenza izicwangciso namacebo okulawulwa kwamagumbi okufundela (uphando).
Ukuxhasa iindawo	Bonelela izikolo ngezixhobo zenkxaso zokufunda ukuze kwandiswe ukufunda, ukubhala nokubala
Ukunabisa	Qhuba uphando kulawulo lwamagumbi okufundela kunye neendlela ezintsha zokufundisa kwisifundo ngasinye, ngokucace kakhulu, kwinkalo yokufunda, ukubhala nokubala. Khuthaza ukuqeqeshwa emsebenzini

IZINTO EZIMELE ZENZIWE EZINGUNDOQO 2009/10 ICandelo loLawulo leKharityhulam ye-GET	
Ukuqinisekisa	Qinisekisa umcu ngamnye wesicwangciso sokufunda, ukubhala nokubala ngenjongo yokuqinisa izikolo zaseprayimari. Qinisekisa umgaqo-nkqubo wokuBhala ngesandla, ikharityhulam yeBanga R, ikharityhulam ka-ABET, iinkqubo zemathematika ukusuka kwibanga loku-1 ukuya kwelesi- 6.
Ukubek' esweni nokuphononongа	Ukubek' esweni nokuphononongа yinxalenye engundoqo yomsebenzi wecandelo lolawulo le-GET. Kuza kuba nefuthe kwindlela esenza ngayo izicwangciso zeminyaka ezayo. Zonke iinkalo zongenelelo ziza kuba nenxalenye ye-M & E. Kubaluleke Kunene ukuba ungenelelo ngalunye lubekw' esweni ukuze kuqinisekiswe ukuba luyasebenza na nefuthe olunalo ekufundiseni nasekufundeni ezikolweni. Ngokomzekelo, uvavanyo olwenziwa kwizikolo ezili-100 ngokubhekisele kuludwe lweenkqubo zokusebenza
Ingaku gabalala kwicandelo	Kuza kugxininiswa kwezi zinto: - Ukuqinisa izikolo zaseprayimari - Ukwakha ubuchule bokufunda nokubhala nokubala ngamanani ukuze abafundi bafunde ngokulula xa befika kwisikolo samabanga aphakamileyo - Ukutyhalela phambili isicwangciso sokuguqulwa kolwimi - Ukunciphisa izinga lokungafundi phakathi kwabantu abadala nolutsha. - Ukwandisa umgangatho wokufundisa nokufunda kwizikolo zaseprayimari. - Ukuphucula impumelelo yabafundi ngokomgangatho nobungakanani. - Ukubonelela ngezixhobo zokufunda nokufundisa ezikowona mgangatho uphakamileyo. - Ukuphucula nokuvisisanisa umgangatho neenkqubo ezahlukeneyo ezifundiswayo. - Ukuqinisekisa ukuba ootitshala nabalawuli banobuchule bokusebenzisa iinkqubo ezintsha ngempumelelo - Ukuqinisekisa uhlanganiso lwezakhono zobomi noQukaniso kwikharityhulam. - Iinkqubo zokufundisa nokufunda ezikumgangatho oqinisekisiweyo - Ukuseka isisele solwazi esineenkcukacha ezibanzi ne-ajenda yophando

IZINTO EZIMELE ZENZIWE EZINGUNDOQO 2009/10 ICandelo loLawulo leKharityhulam ye-FET	
Ukuxhaswa kwabalawuli	*Ujoliso olungundoqo:* Ukuphuhliswa kwamagosa enkxaso yekharityhulam ye-FET ukuze kubonelelwe ngenkxaso eqhubekayo kootishala. *Ungenelelo luquka:* - Ukumisela iithagethi ezifanelekileyo - Ukunabisa nokomeleza ulwalamano lwentsebenziswano oluphilileyo kunye nabathathi-nxaxheba kuquka uBambiswano lukaRhulumente namaShishini abuCala - Ukumisela iKomiti yokuFunda nokuBhala ye-FET - Ukumisela iKomiti yokuBala ngamaNani ye-FET ukuze kuqukwe izifundo ezixhomekeke kubuchule obufanelekileyo bokuBala umz. ezeNzululwazi, iTeknoloji, iJografi - Uzikiso neeseshini zokwenza izicwangciso - Iintlanganiso zokubonisana ngezifundo phakathi kwabaCebisi ngeKharityhulam nabo banebango umz. ii-HEI, ii-NGO, imibutho yabasebenzi - Iinkomfa ezincinci/ iintlanganiso kunye nabo banebango ukuze kuphakelwane ngezimvo ngokuphathelele izinto ezintsha ezifundiswayo, ukwabelana ngezona ndlela zingcono zokusebenza nokukhuthaza uthungelwano phakathi kootitshala nezikolo - Ukuhlaziya nokufaka iinkcukacha kwiiwebhsayithi zokuxhasa i-NCS, ukuvumela ukuhanjiswa kolwazi nokukhuthaza ukusebenzela uluntu - Ukuphuhliswa kobungcali kwamagosa kulawulo nobunkokheli kwezemfundo umz. umthetho i-Public Finance Management Act, ubunkokheli kwiiprojekthi, ukuqeqesha, ukuyila iiwebhsayithi nangokuya kwiintlanganiso zobungcali zezifundo/iinkomfa - Ukuphanda nokuphuhliswa kweendlela ezintsha nezobuchule zokufundisa kuquka ukusetyenziswa kwe-ICT nokuqhelana nemifuziselo eyeyona ingcono yokusebenza kweli lizwe nakwamanye amazwe. - Ukuphuhliswa kobungcali kwabacebisi ngekharityhulam kwiindlela zokufundisa ezintsha - Ukuqeqesha iiNtloko zamaSebe neeNtloko zeziFundo ekulawulweni kwekharityhulam

IZINTO EZIMELE ZENZIWE EZINGUNDOQO 2009/10 ICandelo loLawulo leKharityhulam ye-FET	
Ukuxhaswa kwabalawuli	- Ukukhuthaza uqeqesho emsebenzini neenkqubo zokuphuhliswa kootitshala ukuze kukhuliswe umgangatho wokufundisa izifundo ezibalulekileyo ezinjengeMathematika, ezeNzululwazi nesiFundo ngezoBomi - Ukuququzelela uluDwe lweeNkqubo zokuSebenza zootitshala beBanga le-10 ukuya kwele-12 ngokusebenzisana nezithili - Yenza izicwangciso zamacebo okuncedisana nootitshala ekuhlanganiseni i-ICT kwikharityhulam (ukuphononongwa kweenkqubo zokusebenza kwekhompyutha, intsebenziswano namanye amaCandelo oLawulo, uqeqesho kubuchule bokusebenzisa ikhompyutha).
Ukuxhaswa kootitshala	Cwangcisa uze uqhube umasifundisane wootitshala be-FET ukuze kuqiniswe ucwangciso namacebo okulawulwa kwamagumbi okufundela (uphando). Xhobisa ngezakhono ootitshala ngezinto ezintsha eziqulethweyo neendlela zokufundisa zeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe. Phakamisa umgangatho wemfundo kweyona mimandla ihluphekileyo kujoliswe, ngokukodwa, kwizikolo ezikwiindawo ezingama-27 eziphambili.
Ukuxhaswa kwabafundi	I-WCED ithatha inxaxheba kwi**Sicwangciso-qhinga seSizwe sokuPhumelela kwabaFundi** (i-NSLA) apho ezi zikolo zifumana ingqalelo eyodwa nenkxaso yeziThili. Amaphepha emibuzo yeBanga le-12 ye-NSLA kaJuni nekaSeptemba 2009 kunye noxwebhu lenkcazo aza kuthunyelwa kuzo zonke izikolo emva koviwo ngalunye. Ngokubambisana ne-NDoE kuza kuqaliswa iphulo le-**Study Buddy** kuzo zonke izikolo lisenzelwa izifundo eziliqela Zonke izikolo ziza kunikwa **uluhlu lokuhlola ulwazi nezakhono** kunye nencwadana yesikhokelo malunga neendlela zokufunda elungiselelwe abafundi beBanga le-12. **Izifundo zikanomathotholo** zokulungiselela iimviwo zematriki ziza kuqhutywa ngamagosa nootitshala abaziincutshe ngentsebenziswano nezikhululo zoonomathotholo zasekuhlaleni. **Izikolo zasebusika naseNtwasahlobo**: uqeqesho oluthe chatha nokulungiselelwa iimviwo kwizifundo ezikhethiweyo zabafundi beBanga le-12 luza kuqhutywa ngexesha leeholide zenyanga yeSilimela neyoMsintsi kulo lonke eli phondo. Ungenelelo olulodwa kubafundi abakwizikolo ezingama-53 ze**Dinaledi**: kuza kuqeshwa abaqeqeshi abaziingcali bokuqhuba iiseshini zoqeqesho kunye namaqela amancinane abafundi kulungiselelwa iimviwo zokugqibela. Uncediso-mali kubafundi abaphuma kwizikolo ezikwimimandla ehlelelekileyo ababonakala benobuchule obuthile bokufunda ngokuqhubekekayo ukuze baye kwizikolo eziqhutywa ngamaxesha eeholide / iiklasi zangoMgqibelo ngokubambisana nabafundi abaphuma kwii-HEI ezenzelwe abafundi abaphuma kwizikolo ezithile Inkqubo yoqwalaselo kwakhona ye-SDT yezifundo ezilungiselelwe abafundi abenza iMathematika nezeNzululwazi iza kuqhutywa kwiindawo zemifanekiso bhanya-bhanya zase-Ster Kinekor ngeeCawa
Inkxaso yokufunda	Yenza izicwangciso zeendlela zokuncedisa ootitshala bafakelele i-ICT kwikharityhulam.
Ukuxhaswa kweendawo	Bonelela izikolo ngezixhobo zokufundisa eziphakamisa ukugqwesa umz. iindawo (izixhobo zaselebhu) nabasebenzi (abantu bokuncedisa elebhu) njl njl
Unabiso	Yenza uphando kulawulo lwamagumbi okufundela neendlela ezintsha zokufundisa kwisifundo ngasinye Qeqesha ootitshala kwizinto ezintsha eziqulethweyo neendlela zokufundisa Khuthaza ukuqeqeswa emsebenzini
Ukuqinise -kisa	Qinisekisa isiseko esibekwa zizikolo zoJoliso nezeDinaledi ukuze kubonelelwe abafundi ngofikelelo kwizifundo abazikhethayo namathuba ababewavinjwa ngaphambili.
Ukubek' esweni nokuphononongo	Nakuba ungenelelo ngalunye lwakhelwe kuphononongo olwenziwa ngabathathi-nxaxheba nababoneleli ngeenkonzo, kubaluleke gqitha ukuba ungenelelo ngalunye lubekw' esweni ukuze kuqinisekwe ukuba luyasebenza yaye lunefuthe ekufundiseni nasekufundeni ezikolweni.

IZINTO EZIMELE ZENZIWE EZINGUNDOQO 2009/10 ICandelo loLawulo leKharityhulam ye-FET	
Ingaku gablala ngeli candelo	ICandelo leKharityhulam le-FET kufuneka likhokele isicwangciso sexesha elizayo, iindlela, iinkqubo nongenelelo lweCandelo loLawulo leKharityhulam lisebenzisana namaqela enkxaso eziThili nabanye ekubanjisweni nabo ngokuvumelana nesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka.

Ezinye iziNto ezinguNdoqo Ezimele Zenziwe:

Uqinisekiso ngoMgangatho

Ekuphumezeni iimfanelo zalo zokongamela iCandelo loLawulo: uQinisekiso loMgangatho, liza kuthi, kwisithuba seminyaka emithathu ukusuka ku-2009/10 ukuya ku-2011/12, liqinisekise ukuba bonke abalawuli baqalisa baze basebenzise inkqubo yokubeka esweni nokuphononononga ngokuphathelele iinkalo neenkqubo zokusebenza kwabo. Kananjalo oku kuza kuquka ukunikezelwa kweengxelo esebeni ezisekelwe kwiziphumo – ziphumo ezi ezisekelwe kubungqina obunokuqinisekiswa. Kuza kuqhutywa ngokuthe rhoqo izifundo ezifutshane zokuqeqesha ngendlela yokuBek' esweni.

Kuza kubekw' esweni inkqubela-phambili yeeProjekthi zokuKhokela nezeMvelaphi eliLifa lethu, yaye iingxelo ezikhutshwa rhoqo ziza kudluliselwa kwiintshatsheni, kubalawuli beenkqubo neeprojekthi. ICandelo loLawulo: uQiniseko loMgangatho liza kuqhuba imisebenzi yokuqinisekisa ukuze kuqinisekwe ukuba iingxelo, iinkqubo neendlela ezilandelwayo ekwenzeni izinto zisemgangathweni.

Ukuphononongwa kweeprojekthi ezikhethiweyo liCandelo loLawulo: uQinisekiso loMgangatho kuya kuqhutywa ngokuqhubekayo kule minyaka mithathu ilandelayo, ukuze kuqinisekwe ukuba ingaba i-WCED iyayifumana na inzuzo elixabiso ngokwemali eyichithileyo nokuba ingaba abo bangabaNini beeNkqubo zoShishino bakubek' esweni kusini na ukuhambela phambili kweeprojekthi zabo. Kuza kugxininiswa ngokukodwa ekuqhutyweni kwezifundo zeBanga R nokuphunyezwa kweenkqubo zokufunda zeBanga R. Icandelo lolawulo liza kunxibelelanisa ukubekw' esweni kokukulungela kwamaziko emfundo ukuqalisa ukusebenza ngosuku lokuqala kwikota nganye, ukubona ukuba ungakanani na umlinganiselo wezicwangciso owenziweyo ukuze kuqinisekwe ukuba kusetyenziswa ixesha elininzi ekufundiseni nasekufundeni.

Ngexesha le-MTEF, kuya kugxininiswa ngokukodwa ekubeken' esweni nokuphononononga amacandelo olawulo e-WCED ngokuvisisana neziCwangciso zayo zokuPhuculwa koHanjiso lweeNkonzo, nemigangatho yeenkonzo enxibelelene nezona Nkalo zeziPhumo eziPhambili ebalulekileyo kuzo. Le nkqubo iza kwenza i-WCED ikwazi ukwenza ingxelo ngentsebenzo yamacandelo olawulo.

Eli candelo lolawulo liza kusasaza kubo bonke abanebango iingxelo zesizwe nezephondo sokuVandlakanywa kweNkqubo uDidi lwesi-3. Iziphumo zolu phononongo ziza kudluliselwa kwizikolo ekwenziwa isampulu ngazo, yaye isikolo ngasinye siza kufumana iProfayili yeSikolo. Oku kuza kunceda iQela lokuLawulwa kweSikolo, ootitshala besiGaba esiSisiseko nesiPhakathi baqonde impumelelo yomfundi kwiinkalo ezithile zezifundo kunye neziphumo. Ezi ziphumo ziza kuzinceda izikolo ekumiseleni iithagethi zokukwazi ukuFunda nokuBhala nokuBala.

Ungenelelo olujoliswe kwisithili luza kuqala luqwalasele iinqobo zemigangatho zokuphononongwa kwesithili, kulandele iiseshini zoqeqesho kuze ke, ekugqibeleni izithili zingene kwinkqubo yokuzihlola, ekuza kuthi emva kwayo kusulungekiswe umfuziselo oza kusetyenziswe uze ulingwe kwiindawo ezithile.

INkqubo eHlanganisiweyo yokuLawulwa koMgangatho iza kuqhubekeka nokusetyenziswa ngokwesicwangciso solawulo ukuze kuqinisekiswe ukuba siyamiliselwa kwimpilo yesikolo – oku kusenziwa ngokunxibelelana rhoqo nabanxibelelanisi abakwizithili.

Eli candelo lolawulo liza kuqhubeka nokuPhononononga iSikolo Sonke njengoko linethagethi yezikolo ezili-100 ngo-2009/10. Kuza kuquqwa kubuyelelwa ezikolweni ukuze kuqinisekiswe ukuba izindululo ezicetyiswe kwiingxelo ze-WSE zisetyenziswe kangakanani na.

Iinkqubo Ezizodwa kwiindawo ezichongiweyo ezingama-27

INkqubo yokuGuqulwa kwezeNtlalo (STP-27) karhulumente wephondo, liphulo elikhethekileyo elijoliswe ekukhawuleziseni uphuhliso nokubambana ngokwezentlalo ngobuqabane obuluqilima nokwenziwa kweenkonzo. Sele iqalise ukumilisela iingcambu zayo nokungagungqi kwayo ngokusebenzisa izakheko ezahlukahlukeneyo ezincedisana naso kuquka nezinto ezicwangciselwe ukwenziwa, imiliselwe ngobunonophi nangokubambisana korhulumente nabantu basekuhlaleni.

Kukho iindawo ezingamashumi amabini anesixhenxe (27) ezifanelwe ukuthathelwa ingqalelo ephambili, ezi ziphawuleka ngokubekelw' ecaleni ngokwasentlalweni, ucalucalulo oluvule izikhewu, ulwaphulo-mthetho nobundlobongela obukhulayo, nezinye izinto ezimbi ezichaphazela uluntu, kutsho kuchaphazeleke inkqubela yezoqoqosho nenguqu engokwasentlalweni, nganye kwezi nkalo iyaqwalaselwa ngokweemfuno zayo ezikhethekileyo, iimpawu zayo nendlela echaphazela ngayo abanye abantu- kusetyenziswa ulwalamano lwentsebenziswano phakathi kwabantu basekuhlaleni (abalungelelaniswe bangumbutho omnye omanyeneyo) besebenzisana norhulumente (omelwe liqela labathabi-nxaxheba borhulumente wesizwe, owephondo nowasekhaya).

Izinto ezilungenelelo ngoncedo ezixhaswa liSebe lezeMfundo zibandakanya ezi:

a) Uphuhliso/ukuqiniswa kwamaPhulo Ongenelelo noNcedo (anjengelithi Siyazingca ngeManenberg *(Proudly Manenberg*) nelithi uMbutho woPhuhliso lweKhayelitsha (*Khayelitsha Development Forum)* –anceda ekuphuculeni intsebenziswano phakathi kwembumba yemibutho yabantu emanyeneyo nentlanganisela yorhulumente omanyeneyo
b) Ingqungquthela Enkulu yamiNyaka le yokwenziwa kweeNkonzo (kuquka nokukhawuleziswa kwezibonelelo ezinjengesibonelelo sokuxhasa abantwana, ukubhalisela isazisi nokubhaliswa kwabantwana esikolweni);
c) Iimbizo ezi kuba ngo-April 2008 nango-Oktobha 2008 (ezilunxibelelwabo phakathi kwabantu basekuhlaleni neNkulumbuso).
d) UPhandlo noPhuhliso Olunabela Nkalo Zonke (kuquka uphuhliso lweenkqubo zasekuhlaleni zokuvavanya nokulawula imicimbi yeenkedama, abo bachatshazelwe yi-HIV/AIDS kuquka nabanye abafundi abachaphazelekayo)
e) Inkqubo yokulawula inkcazelo/inkcazelo- manani efikelela kwiinkalo zonke
f) UPhuhliso lwezikolo njengamaziko anenyameko (i-SNOC)
g) Ukuqwalasela ingxaki yokusetyenziswa kweziyobisi njengeyona efuna ngalelo elikhawulezileyo
h) UKhuseleko ezikolweni
i) Ukuyeka/ukuqhubeka kwabafundi esikolweni.
j) Isondlo sesikolo esiphuculiweyo
k) Amaphulo okuPhuhliswa koLuntu
l) Ukusekwa nokusebenza kweeForamu zeMfundo ekuxhaseni izakheko zokubambisana nokomeleza ifuthe lemfundo kwimimandla echaphazelekayo
m) Ukubonelela ngemiBoniso yemiSebenzi enokufundelwa ukuze kuncedwe abafundi bakhethe kakuhle
n) Ukuxhasa zonke iinkqubo zotyalo-mali kubasebenzi njengezo zenziwe ngokusungulwa kweMibutho yabaFundi bangaPhambili, iMibutho yooTitshala abaThatha umHlalaphantsi neminye efana nayo.

Indebe yeHlabathi ka-2010

I-WCED ibambisne neSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo, kwakunye noMbutho weBhola eKhatywayo eZikolweni waseNtshona Koloni, iyinxalenye yelinge lentsebenziswano phakathi kweSebe leMfundo nelemiDlalo noLonwabo eMzantsi Afrika, elibizwa ngokuba luKhuphiswano lweNdebe yeHlabathi yeBhola eKhatywayo lweZikolo zoMzantsi Afrika. . Izikolo ziza kuba nokhenketho olucwangcisiweyo, olucetywe kakuhle, nolwenziwa rhoqo nolunemfundiso kwisiza seNdebe yeHlabathi ka-2010. Ukongezelela apho, kukwakho nezinye izinto ezenziwayo nokhuphiswano olubandakanya zonke izifundo neziya kuxhasa amalungiselelo esi siganeko siphambili.

Iinjongo zoKhuphiswano lweZikolo lweBhola Ekhatywayo yeNdebe yeHlabathi zezi: kukukhwezela abemi baseMzantsi Afrika, ingakumbi ulutsha, ukuba lusindleke luze luthathe inxaxheba kwiNdebe yeHlabathi yeBhola eKhatywayo yeFIFA ka-2010; ukuvuselela umoya wokuzingca ngelizwe lethu nangomanyano lwethu luze lwakhe iimpawu zentsulungeko zokungacalucalulani ngokobuhlanga, ukunyamezelana nokuchasa umoya wokungabafuni abantu abavela kwamanye amazwe; ukusebenzisa kakuhle imidlalo yezikolo ukukhuthaza impilo

engokwasemzimbeni, indlela yobomi enik' impilo, ukuzibophelela kwiimpawu zentsulungeko zasentlalweni nemvisiswano entlalweni, kuquka nokubonakalisa uxabiso nentlonelo phakathi kootitshala, abafundi kunye nabazali; ukunxibelelanisa ngobuchule eli phulo kwiindlela zokungenelela zesizwe ezifana nePhulo lokuLumkisa nge-HIV/AIDS, isiCwangciso-qhinga seSizwe sokuThintela uLwaphulo-mthetho, ukuvuselelwa kwezimilo, nokuqinisekisa ukuba amaziko emfundo akhuselekile, ukungasetyenziswa kakubi kweziyobisi notywala, ukunamathela kwimikhwa yokuziphatha emidlalweni; nokukhuthaza uthabatho-nxaxheba lwabona bafundi baninzi kwezo zinto zintle ziya kuba lilifa lethu elijikeleze iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010™ emculweni, kubugcisa nezinto zenkcubeko nebhola ekhatywayo.

Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzoyisa

Iimfanelo zokuLawulwa kweKharityhulam ezikolweni

Ingxaki yokungeneli 'kwexesha lokwenza umsebenzi' ezikolweni kufuneka inikwe ingqwalasela ngeendlela ezininzi nangokubambisana neCandelo loLawulo lokuLawulwa kwamaZiko kunye namagosa eesekethe kwiziThili. Kufuneka kuphakelwane ngeengcinga neenkqubo zize ke zifezekiswe ezifana nezi:

- ukuphucula isimilo kwigumbi lokufundela nasesikolweni
- ukunceda ootitshala baphucule iindlela abafundisa ngazo ukuze abafundi babe nomdla kakhulu ezifundweni
- ukusebenzisa izinto ezikhuthazayo neziphumo
- ukunciphisa ixesha elichithelwa ekuhloleni ngokwahlukileyo ekufundeni
- ukunceda ootitshala balawule kakuhle ixesha labo lokulungiselela izifundo nelokukorekisha
- ukunxibelelana necandelo lolawulo le-IMG kunye noomanejala beesekethe ukuze ngokubambisana babe negalelo ekuphuculweni kolawulo lwesikolo nokwenziwa kwethayimtheyibhile
- ukunceda ootitshala banxebelelane nabanye yaye bancedisane ngaloo ndlela kuncitshiswa ixesha lokulungiselela izifundo
- ukucwangcisa imisebenzi yokuphela kwekota eza kutsala abafundi bahlale esikolweni
- ukuphuhlisa imigaqo-nkqubo "yexesha lokwenza umsebenzi"
- ukuyila iimeko zootitshala abaqeqeshiweyo ekufundeni nasekubaleni ngamanani

Iindlela zokubuyisa ingxelo

Inkqubo yokubuyisa ingxelo ngotyelelo olwenziwe ezikolweni nayo yonke eminye imisebenzi kufuneka icaciswe ize yenziwe ilawuleke kwaye ibe nemveliso. Iingxelo eziquphayo, ezicacileyo nezishwankathelayo ezichonga iimpumelelo, imingeni nezindululo, zingakhange zide zibe ngumsina-ndozele nezithatha ixesha elide, ziza kuthunyelelwa kubo bonke abathathi-nxaxheba, kuquka ootitshala nezikolo ezinikwe loo nkonzo kwakunye neendlela zokuphendulisa ezisetyenziswa yi-WCED.

Uqhagamshelwano

Iindlela zokuqhagamshelana nootitshala noluntu ngokubanzi ziza kuqhubeka zize ziphuhliswe ngeewebhsayithi zekharityhulam, iiwebhsayithi zesifundo ngasinye, uluhlu lokuthunyelelwa imiyalelo engqamene nesifundo kunye nezigidimi zeendaba. Ootitshala baza kukwazi ukufumana amaxwebhu, imizekelo yamaphepha, iingcinga, iindaba nolwazi yaye bakwazi ukuthatha inxaxheba kwingxoxo ngokusebenzisa iwebhsayithi ne-imeyil kunye namaqela okuphonononga ezemfundo ootitshala.

Isicwangciso-qhinga sokukhuthaza ukuziphatha kakuhle nokusabela kwimingeni yokuziphatha kwizikolo zikarhulumente

Injongo yesi sicwangciso-qhinga ineenkangeleko ezimbini: Kwindawo yokuqala simele sibonelele ngesakhelo sengqiqo kunye nezikhokelo zokusebenza zokukhuthaza ukuziphatha kakuhle, size okwesibini, sichonge amacebo yaye sibonelele ngeendlela zokuphendula ngokufanelekileyo kwimingeni yokuziphatha ezikolweni. Ukuze kufezekiswe le njongo, injongo yesicwangciso-qhinga (a) kukuphakamisa imimandla elawulekayo yezikolo kwinkqubo yemfundo equka umntu wonke, (b) kukuphakamisa indlela yokuphuhlisa, yokomeleza nokulungisa iimeko kwimingeni yokuziphatha, kunye (c) nokukhulisa amandla ootitshala okwenza izinto ukuze baphendule kubafundi abafun' undikho ngendlela yokuphuhlisa nokubuyisela esimilweni nokuqinisekisa ukuba kukho iinkqubo ezisemgathweni nezifanelekileyo, iinkonzo nemfundo kubafundi abasemngciphekweni.

Ukuchonga izikolo ezisemngciphekweni

Amaqela eesekethe achonga iingxaki ezikhoyo; amaqela ayila isicwangciso-qhinga sokulungisa iingxaki; ukuba kuyimfuneko kufunwa uncedo kwimibutho yangaphandle; izikolo ziqeqeshwa ngeenkqubo zesebe; ukuthi gqolo zisiba neentsilelo ezo zikolo kungakhokelela ekubeni zibe phantsi kolawulo lomqeqeshi/igosa eliqashelwe ukugcina izinto; ukuba intsilelo iyaqhubeka kungaphunyezwa umgaqo-siseko omtsha weso sikolo.

Iphulo lokuBhalisa Kwangoko

Le ndlela yokungenelela ngokupheleleyo ikhuthaza izikolo ukuba ziyiqalise inkqubo “yokubhaliswa kwabafundi” kwasekuqaleni konyaka ukuze iqosheliswe ngasekupheleni kwaloo nyaka. Izithili zisebenzela ukunceda izikolo zigqibezele iithayimtheyibhile zazo neziphakamiso zokuqeshwa kootitshala ukuze izikolo ziqalise ukufundisa ngosuku lokuqala lonyaka omtsha wesikolo. Izithili zichonga "iindawo ezinochuku" ngokubhekisele kwindawo yokuhlala ukuze kube nokwenziwa izicwangciso zoxhomekeko.

Imfundo equka umntu wonke

IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weMfundo lesi-6 (“Imfundo yeeMfuno Ezizodwa: Ukwakha iNkqubo yeMfundo noQeqesho oluQuka umNtu wonke, 1 kweyeKhala 2001”) libonisa indlela efanele iguqulwe ngayo inkqubo yangoku yemfundo ukuze ibe yinkqubo yemfundo noqeqesho oluquka umntu wonke eqinisekisa ukuba bonke abafundi abahlangabezana nezithintelo ekufundeni bayakwazi ukufikelela kwikharityhulam nakwiinkonzo ezifanelekileyo zenkxaso. Lichaza ngokucacileyo izinto ekufuneka zisekiweyo ukuze inkqubo yemfundo ibe yequka umntu wonke: izikolo zesiqhelo zifanele ukuba ziphuhliswe zibe zizikolo ezineenkonzo ezipheleleyo ukuze zikwazi ukwamkela abafundi abadinga amanqanaba asezantsi nangephi enkxaso; izikolo ezizodwa zifanele ziqiniswe njengamaziko oncedo ukuze zinikele iinkonzo zobungcali zenkxaso kwizikolo zesiqhelo; amaqela enkxaso asezithilini amele aphuhliswe kwimisebenzi eyahlukeneyo equka ukubandakanyeka kwizinto zoluntu; kumele kusekwe amaqela enkxaso kumaziko emfundo aze aphuhliswe kuzo zonke izikolo zesiqhelo.

Uhanjiso lweeNkonzo oluPhuculiweyo

Kuyilwa umfuziselo omtsha wamaQela eziThili wokusondeza iinkonzo ezikolweni. Ukukhuliswa kwamandla eziThili okwenza izinto nokusekwa kwesinye isithili esitsha, ndawonye namandla ongezelelekileyo okwenza izinto kwi-Ofisi eliKomkhulu kufanele kube negalelo elikhulu ekuhlumeni nakuphuhliso. Iqela ngalinye liza kuba neengcali ubuncinane ezili-11 zokunika inkxaso emanyanisiweyo neqhubeka ngokuzingileyo ezikolweni nto leyo iza kuthettha ukuphuculwa kweemeko ukusuka kumaqela awayesetyenziswa ukwenza imisebenzi emininzi ngaphambili ngexeshana elincinane.

Ucikizeko oluPhuculiweyo

Kananjalo iCandelo loLawulo loCwangciso lwabaSebenzi nelokuLungelelaniswa kwemiGaqo-nkqubo liza kuncedisa ekukhokeleni ekuphuhlisweni kweendlela zocikizeko. Ungenelelo kwinkqubo yemigaqo-nkqubo ephambili kweli thuba iza kuba kukwenza uphicotho-zincwadi lwemigaqo-nkqubo olucwangciswe ngokwezigama nokujolisa kwiingxelo zemigaqo-nkqubo, izikhokelo, iisetyhula, imimiselo, nokwenziwa koluhlu lwemigaqo-nkqubo ephicothiweyo, ukuchongwa nokuhlolwa kwemigaqo-nkqubo, ukungenisa izindululo zemigaqo-nkqubo efuna ukunikwa ingqwalasela, ukungqinelanisa, ukusungula nokusebenzisa ngengqiqo imigaqo-nkqubo, ukunxibelelanisa inkqubo yokuyilwa komgaqo-nkqubo nokwenza kube lula ukusetyenziswa kwawo. Umda woku uza kunatyiswa uquke nophicotho-zincwadi lwemigaqo-nkqubo yezikolo.

ST201	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKWENKQUBO ENGAPHANTSI (R'000)						
2.1 Izikolo zikarhulumente zaseprayimari	3,119,550	3,503,102	4,187,867	4,599,235	5,046,666	5,502,654
2.2 Izikolo zikarhulumente zasesekondari	2,245,798	2,428,511	2,818,358	3,218,364	3,544,258	3,758,594
2.3 Iinkonzo zobungcali	177,165	216,841	282,165	376,704	380,408	404,450
2.4 Ukuphuhliswa kwabasebenzi	13,104	20,454	37,263	78,720	83,567	88,783
2.5 Izibonelelo ezinemiqathango	45,958	53,075	86,561	112,548	173,318	227,433
IYONKE	5,601,575	6,221,983	7,412,214	8,385,571	9,228,217	9,981,914
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yalo nyaka	5,067,372	5,625,189	6,755,647	7,671,868	8,391,181	9,102,908
Ukubuyekezwa kwabasebenzi	4,573,712	5,091,264	6,147,740	6,924,310	7,548,209	8,175,331
Ootitshala	4,116,340	4,597,411	5,532,965	6,252,651	6,816,032	7,382,323
Abo bangengabo ootitshala	457,372	493,853	614,775	671,659	732,177	793,008
Iimpahla neenkonzo nezinye zalo nyaka	493,660	533,925	607,907	747,558	842,972	927,577
Imali edluliselweyo noncediso-mali	310,217	455,517	471,029	465,803	526,733	581,377
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	223,986	141,277	185,538	247,900	310,303	297,629
IYONKE	5,601,575	6,221,983	7,412,214	8,385,571	9,228,217	9,981,914
IINKCUKACHA-MANANI ZOCIKIZEKO						
Abafundi (a)	900,941	916,855	912,763	922,763	932,763	942,763
Zizonke iintsuku anokubakho ngazo umfundi (b)	195	191	203	195	199	199
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
AMAZIKO NEZIXHOBO ZOKUSEBENZA						
Izikolo	70	72	74	75	76	77
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PM401: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 abangabhaliswanga kumaziko emfundo	i-PM entsha	i-PM entsha	306	204	102	0
► PM402: Inani labafundi ababhaliswe kwiZikolo eziZodwa	13,855	15,764	16,810	17,110	17,510	18,010

B.5 Imfundo noqeqesho oluqhubekayo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) ngokuphathelele inkqubo 5, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo(►):

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ufikelelo	▲ Ukwandisa icandelo leekholeji ze-FET ngokuvumelana neemfuno zoqoqosho nezentlalo zelizwe	► PM501: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiikholeji zikarhulumente ze-FET
Ubulungisa	▲ Ukukhuthaza uthatho-nxaxheba lwamaqela awayehlelelekile ngokwembali kumaziko karhulumente e- FET	► PM502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiinkalo zobugcisa (iinkalo ze-Civil, ze-Mechanical, zoYilo, zokuSebenza koMbane)
Isiphumo	▲ Ukuphucula izinga lempumelelo kwicandelo leekholeji ze-FET	► PM503: Inani labafundi abafakwe kwizifundo zokuqeqeshwa emsebenzini kwikholeji ye-FET

Imigaqo-nkqubo ecacileyo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Umgaqo-nkqubo

- Umthetho i-Further Education and Training Colleges Act, (No 16 ka-2006)
- Umthetho i-National Student Financial Aid Scheme Act, (No 56 ka-1999)
- Iphepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weMfundo lesi-4 (lesi-4 lika-1998)
- Umthetho i-Skills Development Act (No 97 ka-1998)
- Umthetho i-Skills Development Levies Act, (No 9 ka-1999)
- Umthetho i-SAQA Act 1995
- Umthetho i-General and Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (uMthetho No. 58 ka-2001).

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso semiNyaka 5):

Ukuqinisekisa ukuba bonke abantu abahlala kweli phondo bafikelela kwimfundo esemgangathweni yeekholeji ze-FET
Ukuqinisekisa ulawulo nokuphathwa okufanelekileyo kuwo onke amaziko okufundela neenkqubo ezimiselwe ukunika inkxaso
Ukuxhobisa nokuxhasa ootitshala kwimizamo yabo yokunikezela ngemfundo ephumelelayo

Uthatho-nxaxheba nezinga lokuphumelela kwabafundi, ngokukodwa abafundi abamnyama, abathatha inxaxheba kwibakala le-FET kwiikholeji kwakunye nenani labafundi abakwii-FET abafanelekayo ukungena kwimfundo ephakame kakhulu kufuneka lunyuswe ngale ndlela ilandelayo –

- Ukunyusa inani labafundi abaneminyaka eli-17 - 24 ababhaliswe kwiikholeji
- Ukunyusa inani labafundi ababhalisele ukufundela iziqinisekiso eziphelileyo
- Ukunyusa inani labafundi abafanelekela ukungena kwimfundo ephakame kakhulu
- Ukufundisa nokuphonononga iinkqubo ezintsha eziphendula kwiimfuno zoqoqosho
- Ukuqeqesha abahlohli kwizifundo ezitsha ze-FET
- Ukulondoloza amacandelo okuxhasa abafundi kwiikholeji ezintandathu nokugcina umkhondo wabafundi xa bephumile
- Ukunika abafundi abasweleyo iibhasari
- Ukugcina amaziko okufunda evuliwe, iilebhu zekhompyutha nazo zonke ezinye iindawo zokwenza imisebenzi nezinto ezinokuthanani nemizi-mveliso
- Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana uqeqesho kwi-ICT

Uhlalutyo lwenkqubela-phambili

Ikharityhulam yangaphambili ye-FET yayisekelwe kwiNgxelo 191 (iiNkqubo zokuFundisa kwiiKholeji zobuGcisa eziMiselweyo kwi-RSA) neNgxelo 190 (Imimiselo nemigangatho yezifundo ezifundiswayo neemviwo neziqinisekiso zazo kwiikholeji zemfuno zobugcisa). Ezi kharityhulam nezifundo ezifundiswayo zithathelwe indawo kwisithuba sika-2008 ngesakhelo esibonelela abantu abaneminyaka eli-17 ukuya kwengama-24 kuzwelonke esivisisaniswe neenkqubo zemfundo noqeqesho. Isakhelo se-FET sibonisa iindlela ezintathu zokufumana iziqinisekiso ze-FETC okanye eze-NQF iNqanaba 4, oko kukuthi:

- Imfundo eqhelekileyo
- Ubizo oluqhelekileyo
- Umsebenzi – umsebenzi wezandla, ukusebenza, ubungcali

Ukusukela ngo-2007, iikholeji ze-FET zisebenzise isiqinisekiso se-National Certificate (Vocational) (NC(V), ukongeza kwiinkqubo ezininzi zemisebenzi. Abafundi bangakhetha kwiinkqubo ezili-14 ze-NC(V) eziyilelwe iinkalo zamashishini angqalileyo. Ezi nkqubo zihlanganisa ukufundiswa ngomlomo nokwenziwa kwemisebenzi yaye kukho isibonelelo sokuba ungaphuma kwinqanaba le-NQF iNqanaba lesi-2, lesi-3 nelesi-4. Ukuvuselelwa ngokutsha kweeKholeji ze-FET kwakusekelwe kwiimfuno zeenkqubo ze-NC(V) yaye kubangele ukuba kubekho izakhiwo eziphuculiweyo nezitsha zokuphunyezwa kwezi nkqubo. Abahlohli abafundisa kwezi kholeji baqeqeshwa kuzwelonke nakwiphondo ukuze bakwazi ukuhlohla ezi nkqubo. Iinkqubo ekujoliswe kuzo zenza abahlohli bakwanokholeji baphucule ubuchule babo bemathematika nezakhono zabo zemathematika, bahlanganise ukufundisa ngomlomo nangomsebenzi, baphucule iziqinisekiso zabo zemfundo nezobungcali, nokuhlola indlela yokufundisa ukuze ikhawulelane nemigangatho emiselwe ngUmalusi nee-SETA nokujongana nezithintelo ekufundeni.

Kananjalo iikholeji ziphuhlisa izicwangciso-qhinga zokunabisa ukufikeleleka kweekholeji ze-FET ezinjengezi:

- Iindlela ezahlukeneyo zokufundisa (i-e-learning, ukufunda ukude, ukuqeqeshelwa umsebenzi, iinkqubo zezakhono, njl njl.)
- Iindawo noqeqesho olukhawulelana neemfuno zabafundi abanezimo ezahlukeneyo
- Amaziko amatsha alungiselelwe uluntu oluhlelelekileyo nolwasemaphandleni
- Izibonelelo zeebhasari

Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kwengama-20 kwiNtshona Koloni bamalunga nama-400 000, kodwa ngabafundi abangama-210 000 kuphela okanye umyinge we-55% ababhaliswe ezikolweni, iikholeji okanye kumaziko emfundo yabantu abadala besenza izifundo zenqanaba le-FET (iBanga le-10, le-11 nele-12 okanye kwiNqanaba le-2 ukuya kwele-4 kwinkqubo ye-NQF). Malunga nomyinge wama-50% abafundi nabangakanani na ngobudala bayasiyeka isikolo bengaligqibanga iBanga le-12 yaye, njengoko ingabafundi abangama-30 000 abakwiikholeji ze-FET, kuyacaca ukuba iiKholeji ze-FET, zonke ezizele zema ngeembambo, azinazo izinto zokusetyenziswa zokuphendula ngokwaneleyo kule ntswelo. Kumele kukhunjulwe ukuba ukuvuselelwa ngokutsha kweekholeji kujoliswe ekuphuculweni iindawo ezikhoyo yaye akunyanzelekanga ukuba kuthethe ukwakhiwa ngomlinganiselo omkhulu kweendawo ezintsha nezongezelelweyo. Ubukhulu becala umthamo weeKholeji ze-FET awukazi kutshintsha, xa kucingwa ngokuba iindawo ezinyakazela abantu ezifana neMitchells Plain azinazo iindawo ezibekelwe bucala zeeKholeji ze-FET. Ngelixa izinto ezifana nemeko yezoqoqosho neyentlalo zinendima enkulu eziyidlalayo ekushiyeni kwabafundi inkqubo, ukufaneleka kwezifundo ezifundiswayo namathuba okufumana isiqinisekiso se-FET esikhokelela ekufumaneni ingqesho zizinto ezama ukuzilungisa inkqubo yemfundo.

Izinto ekujoliswe kuzo ngokufikelela kwiikholeji ze-FET ziziinkalo ezimbini: eyokuqala kukusebenzela ukuphumeza imfundo elinganayo phakathi kwabafundi bezikolo ze-FET nabafundi beekholeji ze-FET; yaye okwesibini kukwandisa inani labafundi abaphakathi kweminyaka eli-17 ukuya kwengama-24 kumaziko e-FET. Kwixesha eliphakathi oku kuza kuthetha ukunciphisa inani labafundi beBanga le-10 ukuya kwele-12 liye kwinto enokuba li-160 000 nokunyusa inani labafundi abakwiikholeji ze-FET okanye abo babhaliswe kwinkqubo yokuqeqeshelwa umsebenzi ukusuka kuma-20 000 ukuya kuma-60 000 ngonyaka ka- 2014. Kakade ke oku kuza kuxhomekeka ekubeni kwenziwe utyalo-mali olongezelelweyo olubonakalayo na kwizinto zokusetyenziswa zeeKholeji ze-FET.

Ufikeleleko

Ulwando oluqhubekayo lubonisa izalathisi ezithembisayo: ulwazi oluqokelelweyo luza kuqinisekiswa njengoko kunyaka-mali olandelayo i-FETMIS iza kungena kuthungelwano lweenkqubo zeekhompyutha.

Sithetha nje eli candelo lijongene nemingeni eboniswe ngezantsi. Ngo-2007, iinkqubo ezili-11 ze-NC(V) kwiNqanaba lesi-2 zasetyenziswa kwiikholeji zee-FET. Ukuphunyezwa kwabo kwaba neengxaki eziphambili kucwangciso lwazo, ezinxulumene nenkxaso-mali neemviwo nokufikeleleka.

Imiba yenkxaso-mali yayisekelwe kwimeko yokuba kwafuneka iikholeji zisebenzise ifomyula eyilwe ngokutsha yenkxaso-mali ethi kufuneka iikholeji zinamathele kwindlela 'eswenyiweyo' yeerhafu zokufunda. Ifomyula yenkxaso-mali yayisekeleze kwigalelo elikhulu lemali ekhutshwa yi-WCED ukuze kukhawulelwane neendleko zokusebenza engeziba zihlawulelwa ngeerhafu zokufunda. Le mali yokusebenza ezizigidi ezingama-R26 ayizange ibonakale ndawo kwaza ke kwafuneka ukuba iikholeji zibethe kuzo epokothweni ukuze zihlawulele iindleko ze-NC(V). Ngo-2008, ngama-40% kuphela eendleko zokusebenza ze-NC(V) ezathi zadluliselwa kwiikholeji.

Ubulungisa

NgeyoMqungu 2009, iiKholeji ze-FET zisebenzise ama-90% olwabiwo lweziBonelelo zazo ezinemiQathango zika-2008/9 yaye kukho ezi ziphumo zilandelayo:

Abahlohli nabalawuli abangama-721 baqeqeshwe kwimibandela enxulumene ne-NC(V); abo basebenza kwii-ofisi zoLawulo abangama-89 baqeqeshwe kwi-MIS; iiNkqubo zoLawulo ezingama-24 kunye nee-LAN ezingama-24 ziphuculiwe; iindawo zokusebenzela zobunjineli ezisi-8, amagumbi okufundela angama-23 namagumbi ama-5 eekhompyutha athe aphuculwa; iindawo zokubeka iikhompyutha ezingama-540 ziphuculiwe; amaziko ama-4 eeKholeji athe aphuculwa; kwakhiwe amagumbi okufundela amatsha angama-23 neendawo zokusebenzela ezili-13; kwakhiwe ii-ofisi ezisi-9 neelebhu ezili-11 zeekhompyutha; kwakhiwe amaziko amatsha ama-3 eenkonzo zoncedo zabafundi; iindawo zokusebenzela ezingama-29 namagumbi okufundela angama-5 9 afakelwe izixhobo ezitsha; kusetyenziswe iinkqubo ezili-12 ze-NC(V) kulo lonke iphondo yaye kuthengwe iincwadi zezikhokelo ezingama-8957. Isigaba sokuqala se-Vredenburg Campus yeKholeji yoNxweme oluseNtshona sigqityiwe. IiKholeji ze-FET zenze ulingelo ngenkqubo ye-LMS (WebCT) kubahlohli nakubafundi kwiphulo lokufunda ngokusebenzisa uthungelwano lweekhompyutha. Kwikota yesibini kwabelwe abafundi iiBhasari zeKapa zokufunda ezingama-6 175. Iibhasari zokufunda ezingama-2 591 ze-DoE NC(V) zabelwe abafundi ngokusebenzisa i-NSFAS

Isiphumo

Imiba yeemviwo ihlobene nenyaniso yokuba inkqubo yeemviwo ye-DoE ibingakulungelanga ngokwaneleyo ukusingatha iinkqubo zokuba liliso nokuqhuba iimviwo ze-NC(V). Iziphumo kwezinye iimeko zaphuma emva kwexesha gqitha yaye kwezinye zazingekaphumi ngelixa kuqalisa iimviwo zokuxabangela. Inkqubo yangaphakathi neyangaphandle yokubek' iliso kwiimviwo yayifuna ukusulungekiswa kakhulu ngaphambi kokuba iphunyezwe yaye ngenxa yoko, iziphumo zokubekw' esweni kweemviwo zazingathembekanga yaye kwiimeko ezininzi zalahleka nto leyo yababeka kwimeko embi abafundi. Kubafundi abangama-3,222 ababebhalisele iNqanaba lesi-2 le-NC (V) ekuqaleni, iikholeji zaba nezinga lokuyeka phakathi kwabafundi lama-28% nezinga lezetifiketi lama-20%.

NgoFebruwari 2008, bangama-5 247 abafundi ababebhalisele iNqanaba lesi-2 leNC (V) kwaye bali-1 287 abafundi ababebhalisele iNqanaba lesi-3 le-NC(V). Uyilo lommiselo wenkxaso-mali lukumanqanaba okugqibela okwamkelwa kwalo. Okwangoku, akukabikho nto ibonisa ukuba umjikelo we-MTEF ulungisiwe ukuze uquke iindleko zokufundiswa kwe-NC (V). Iikholeji zibetha ngenqindi phantsi zithi azinakuyithwala into yokungahlawulwa kwemali emalunga nezigidi ezingama-R52 ekufuneka ihlawulwe iikholeji ngokutsho kwemimiselo ecetyisiweyo yenkxaso-mali. Eminye imingeni ibandakanya iingxaki ezijikeleze ukufikelela kwiinkqubo ze-NC (V); izinga lobunzima beenkqubo ezithanda ukukhuthaza ukubhaliswa kwabafundi abaphumelele iBanga le-12 endaweni yabo baphumelele iBanga le-9; ukufunda iminyaka emithathu yonke (nakuba sikho isibonelelo sokuphuma emva konyaka) oko kuyabathibaza abo bebengathanda ukuba ngabafundi, abalizi kwakunye nabaqeshwa ngokufanayo; kunye nokuhlatyw' amadlala kwazo ngabo bakwezoshishino abemi ngelithi ezi nkqubo azizi

kukhokelela ekuphuhlisweni kwamagcisa afuneka kangaka kwezoqoqosho. Into yokuba abafundi abaphumelele kwi-NC (V) bangaqesheka iza kuhlolwa emva kokuba iqela lokuqala ligqibe iziqinisekiso zalo zenqanaba lesi-4 ekupheleni kuka-2009.

Kwicala elikhuthazayo kuyacaca ukuba i-NC (V) iyabuphucula ubomi babantu. Ucelo-mngeni kukusombulula iingxaki zenkqubo nokubonelela iikholeji ngesiqinisekiso senkxaso-mali karhulumente nenkqubo ephuhliswe kakuhle yokuqhutywa kweemviwo.

IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Ukuxhaswa kwabalawuli	- Ukuqeqeshwa kulawulo ngokusebenzisa inkqubo “yokuXhasa ezeMfundo noPhuhliso lweZakhono” ne-Bavarian Partnership - Ukunxibelelanisa nokulondoloza iphulo lokuthethelela ngokubanzi olu hlobo lwemfundo - Ukunxibelelanisa ngokuqhubekayo uphuhliso lwekharityhulam nokusetyenziswa kwayo ngeKomiti yeKharityhulam yeeKholeji
Ukuxhaswa kwabahlohli	- Ukuphuhliswa ngokuqhubekayo kwabasebenzi ekuxhaseni uhlengahlengiso lweenkqubo ezifundiswayo - Ungenelelo olungqalileyo lokuphucula indlela yokufundisa, inkqubo nokulawulwa kwegumbi lokufundela - Ukusetyenziswa ngokuqhubekayo kwenkqubo yokubek’ iliso uHlolo oluZingileyo lwangaPhakathi (i-ICASS) - Ukuxhasa ngokuqhubekayo imisebenzi yenkqubo yamaGqiza oJoliso - Ukudala amathuba okuba ootitshala bafumane ulwazi nezakhono zobungcali kwinkalo yobuchule babo
Ukuxhaswa kwabafundi	- Ukusetyenziswa kweSakhelo seeNkonzo zokuXhaswa kwabaFundi (SSS) se-DoE o Inkxaso ngaphambi kokungena kwiziko lemfundo (ukuhluzwa nokuthathwa kwiziko, i-NC(V) kunye neebhasari zeKapa) o Inkxaso ekuphumeni – ukufakwa emsebenzini - Ukwandisa inkcubeka yokusekela zonke izinto kumfundi - Ukuqinisa i-SSS ekuboneleleni ngenkxaso eyaneleyo kumfundi ngamnye
Inkxaso yokufunda	- Ukuxhaswa ezifundweni o I-PLATO o Ukufunda ngamava (ubambiswano nabezoshishino) - Ukuphakamisa nokuxhasa ukuxuba iindlela zokufunda
Ukuxhaswa ngeendawo	- Ukubonelela ngenkxaso-mali ngokuvumelana nezindululo zesizwe zemimiselo nemigangatho
Ukunatyiswa	- Ukukhulisa ubambiswano nabezoshishino namaziko eMfundo ePhakamileyo - Ukuphakamisa nokuxhasa iindlela ezahlukeneyo zokufunda – ukuqeqeshwa emsebenzini, ukufunda ngokusebenzisa uthungelwano lweekhompyutha - Ukunyusa amanani abafundi ngokuvumelana nohlahlo lwabiwo-mali olwabelweyo
Ukuqinisekisa	- Ukuxhaswa okuqhubekayo ekuphunyezweni kwenkqubo yokulawulwa komgangatho efanelekileyo - Ukwenza ilinge nokusebenzisa i-FETMIS nenkqubo yokulawulwa kweendawo zeekholeji

IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Ukubek' esweni nokuPhononga	- Ukubek' esweni nokuphononononga ngokuqhubekayo inkqubo yeeKholeji ze-FET - Izindululo zamanyathelo olungiso xa kuyimfuneko
Inqaku gabalala ngecandelo	Icandelo leeKholeji ze-FET linodlamko, liyaphendula yaye liyaxhathisa njengoko liye lakwazi ukuzivumelanisa nongenelelo olukhulu olufana nokudityaniswa kweekholeji ezithile, ukuvuselelwa ngokutsha, ukusetyenziswa komthetho nekharityhulam entsha, ukudluliselwa kokuqeshwa kwabasebenzi, njl njl. Ukungaqiniseki okukhoyo sithetha nje ngokubhekisele kwinkxaso-mali, kwaneengcinezelo zokusebenzisa ikharityhulam entsha, kuthetha ukuba kufuneka ubunkokheli obuqinileyo nenkxaso kuwo onke amanqanaba. Umthetho uthi iiKholeji ze-FET ziphakathi kwesebe lemfundo nesebe lezabasebenzi. Ukwahlukana kwekharityhulam nemisebenzi yala masebe mabini kunegalelo kwiinzima ezi kholeji ezihlangabezana nazo.
Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzoyisa	Izinga lokukhula kwezilinganiswa zexesha elizeleyo (ii-FTE) kwiikholeji ze-FET kutsaliswa nzima zizixhobo zokufunda umz. abasebenzi, izixhobo, ulwabiwo lohlahlo-mali njl njl. Iikholeji ze-FET ziqhuba izifundo, ukuqalela kwezithatha iiyure ezimbalwa ukuya kwezeminyaka ngokobude. Ngoko ke, kusoloko kukho abafundi ababhalisayo. Ii-FTE eziphicothiweyo zonyaka owandulelayo zifumaneka kuphela ngenyanga kaTshazimpunzi wonyaka olandelayo njengoko ezi zibalwa ngendlela entsonkothileyo kuze kwenziwe uphicotho-zincwadi ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle kunye neengxelo zemali zekholeji leyo ichaphazelekayo. Iikholeji ziseke amacandelo okuxhasa abafundi ukuze kubonelelwe, yaye kuxhaswe, iintlobo ezahlukeneyo zabafundi abaneemvelaphi namava angafaniyo okufunda. Kuza kuqhutywa inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi yangaphakathi ukuze kuxhaswe abafundi ngekharityhulam nokufunela umsebenzi. Kusafuneka kuphuhliswe inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi eneenkcukacha ezaneleyo ukuze ikwazi ukubonisa ngokuchanekileyo ukuba lingakanani na izinga lokuqeshwa kwabafundi abaphumelele kwiiKholeji ze-FET nelokufikelela kwimfundo ephakamileyon. Ukuthembeka nexabiso leziqinisekiso zokuphumelela kwabafundi kwiikholeji ze-FET kuza kuxhomekeka kumgangatho weenkqubo ezifundiswayo. Iikholeji ziza kuphuhlisa zize zisebenzise iinkqubo zokulawulwa komgangatho ukuze kulinganiswe yaye kuphuculwe umgangatho weenkqubo zezifundo neenkqubo ezingenanto yakwenza nezifundo. Ngaphandle kwezimbalwa nje kuphela, zonke iinkqubo ezifundiswa kwiiKholeji ze-FET zihlalutywa ngeenkqubo zokuqinisekisa umgangatho zeengcali ezizimeleyo.

ST501	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBEKEKAYO - Iindlela ezingundoqo					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)						
5.1 Amaziko karhulumente	201,048	237,228	269,162	358,166	380,738	403,448
5.2 Iinkonzo zeengcali	0	0	1	1	1	1
5.3 Uphuhliso lwabasebenzi	0	0	1	1	1	1
5.4 Izibonelelo ezinemiqathango	70,000	80,000	77,305	0	0	0
ITOTALI	271,048	317,228	346,469	358,168	380,740	403,450
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)						
Intlawulo yalo nyaka	140,010	169,049	185,754	12,873	13,774	14,697
Imbuyekezo yabasebenzi	139,993	169,049	185,754	12,873	13,774	14,697
Ootitshala	116,194	142,508	156,590	0	0	0
Abo bangengabo ootitshala	23,799	26,541	29,164	12,873	13,774	14,697
Iimpahla neenkonzo nezinye zalo nyaka	17	0	0	0	0	0
Edluliselweyo noncediso-mali	131,038	148,179	160,715	345,295	366,966	388,753
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	0	0	0	0	0	0
ITOTALI	271,048	317,228	346,469	358,168	380,740	403,450
UKUQESHWA KWABASEBENZI						
Inani labo bangengabo ootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	245	234	224	24	24	24
UBHALISO						
Abafundi abafana nabasisigxina	21,000	21,323	22,976	20,000	21,000	22,000
Abafundi (ababaliweyo) (a)	44,296	44,960	48,421	39,551	39,551	39,551
abangamabhinqa kubo (b)	16,390	19,151	17,431	19,343	20,310	21,325
abangamabhinqa kubo abakwiinkalo zobugcisa (c)	6,684	7,605	8,000	8,500	9,000	9,000
Abafundi abagqibe izifundo ngempumelelo enyakeni (d)	31,007	32,000	35,000	30,000	32,000	35,000

ST501	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBEKEKAYO - Iindlela ezingundoqo (iyaqhubekeka)					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINKCUKACHA-MANANI ZEZIFUNDO ZOKUQEQESHWA EMSEBENZINI						
Izivumelwano zezifundo zokuqeqeshwa emsebenzini kweli phondo (e)	Iinkcukacha zangaphambili azifumaneki		4,525	5,000	5,000	5,000
Inani lezivumelwano ezibandakanya iikholeji ze-FET njengomboneleli weenkonzo (f)			1,090	1,090	1,090	1,090
Qaphela: Jonga ingxoxo ngasentla ngesizathu sokuba amanani abasebenzi ebonisa ukuhla okugqithiseleyo. Qaphela: Amanani obhaliso asekelwe kwiisethi ezahlukeneyo zezifundo yaye akaqinisekiswanga ngenkqubo esetyenziswa kakhulu FETMIS – ngenxa yoko amanani obhaliso yingqikelelo nje						
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PM501: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiikholeji zikarhulumente ze-FET	I-PM entsha	I-PM entsha	5,720	11,970	16,000	16,000
► PM502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiinkalo zobugcisa (iinkalo ze-Civil, zeMechanical, zokuYila, nezobuNgcali boMbane, ubuncinane enye kwezi nkalo, akumele kubalwe kabini)	I-PM entsha	I-PM entsha	8,147	5,027	6,720	6,720
► PM503: Inani labafundi abafakwe kwizifundo zokuqeqeshwa emsebenzini kwikholeji ye-FET	I-PM entsha	I-PM entsha	2,470	6,500	7,000	7,500
► PPM 501: Inani leebhasari zokufunda ezinikwe abafundi kwiikholeji ze-FET	I-PM entsha	I-PM entsha	9,250	10,000	10,000	10,000
Umthombo: Umlawuli weNkqubo Qaphela: Ezi thagethi zixhomekeke ekunyusweni kohlahlo lwabiwo-mali oluhambisana nazo.						

B.6 Imfundo noQeqesho olunguNdoqo lwabaNtu abaDala

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) ngokuphathelele inkqubo 6, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo:

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukuqinisekisa ukuba abantu abadala abangenayo imfundo engundoqo bayafikelela kumaziko akwa-ABET	► PM601: Inani labafundi bakwa-ABET kwiphondo ► PPM 601: Inani labafundi bakwa- ABET ababhalisele ukuya kwi-FET

Imigaqo-nkqubo ecacileyo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Umgaqo-nkqubo

- Umthetho i-Adult Basic Education and Training Act, (No 52 of 2000)
- Umthetho i-Western Cape Provincial Education Act, (No 12 of 1997).

Akunyanzelekanga ukuba amaZiko ka-ABET axhotyiselwe ukufundisa izifundo ze-NCS (FET). Ngenxa yoku, i-WCED iza kwenza uphando ize ichonge ezinye izifundo ezifanelekileyo, kuquka izifundo zezakhono kwakunye nezifundo ezihlobene ne-FET ezinokuthi ii-CLC ziziqhube kwinqanaba le-FET.

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso semiNyaka-5):

Ukuphucula ukufikelela ku-ABET nakuphuhliso lwezakhono zabantu abadala ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo
Ukuqinisekisa ulawulo nokuphatha okufanelekileyo kuwo onke amaziko okufunda nezakhiwo zenkxaso
Ukuxhobisa nokuxhasa ootitshala kwimizamo yabo yokunikezela ngemfundo efanelekileyo

Kwenziwa isibonelelo sokuba abafundi abatsha abangama-2 500 ngonyaka bafikelele ku-ABET. “Abafundi abatsha” bachazwa ngokuthi ngabafundi abaqalayo ukungena kwinkqubo nabo baqalayo ukungena emva kokuyeka isithuba esingangonyaka omnye. Kuza kugcinwa iinkcukacha-manani ezahlukileyo ukuze kwenziwe kube lula ukuhlalutya amanani abo bayeka bengekagqibi.

Uhlalutyo lwenkqubela-phambili

Ufikeleleko

Ukuhluma nokuphuhliswa ukwenzela ukufunda

Ngo-2002 abafundi abadala abali-10 000 babebhalisele izifundo zakwa-ABET nabali-16 000 kwiinkqubo zeBanga le-10 nele-12. Izinga lokugcinwa kwabafundi nomsebenzi kumaziko abantu abadala emfundo engundoqo neqhubekekayo (ii-CLC) libi kakhulu yaye ngenxa yoko iphondo liyihlengahlengisile indlela elisebenza ngayo ukuze kufundiswe izifundo ezifaneleke kakhulu nokwamkela iindlela eziphuculiweyo zokunikezela iinkonzo.

Bangama-36 582 abaFundi be-AET abathi baya kwii-CLC ngo-2008, ngelixa abafundi abangama-6 025 bafikelelwa nge*Nkqubo yeKha Ri Gude* eqhutywa liSebe leMfundo. Ukufikeleleka ngakumbi kuphuculwa ngokubonelela ngekharityhulam esekeke kwizakhono (ingekuko ukusekelwa ezikolweni) yakwa-ABET iNqanaba loku-1 ukuya kwelesi-4, ebonelela ngamathuba amaninzi okwenza uhlolo. Oku kuthetha oku: ikharityhulam yakwa-ABET inqanaba loku-1 nelesi-2 – equka ukukwazi ukubala ngamanani nokufunda nokubhala kunye neenkqubo zezakhono kwakunye nekharityhulam ka-ABET inqanaba lesi-3 nelesi-4 – equka izinto ezisisiseko, nokufundisa iinkalo zokufunda ezingundoqo ngokuvumelana necala lokufunda afuna ukulilandela umfundi/iziko kwinqanaba lesi-4 lika-ABET.

Ukuhluma nokuphuhliselwa ulawulo

Ukuphuculwa koLawulo lwee-CLC kwaqinisekiswa ngokuqeshwa kwabaLawuli bamaZiko ngokwesiVumelwano seXesha eliZeleyo (abangama-33) nabaNxibelelanisi bamaZiko (abangama-48). Isicwangciso sokusebenza sokwenziwa kolingelo kwii-CLC ezi-2 ezisebenza ixesha eligcweleyo sagunyaziswa ngabaseluLawulweni. Kwasekwa amaziko amatsha alishumi kuNxweme oluseNtshona. EMzantsi, kwasekwa i-CLC eseCapricorn. E-Eden ii-CLC ezi-3 ziqhutyelwa kwizakhiwo zazo, nto leyo yenza zikwazi ukuqhuba iinkqubo ezihambelana nezindingo ngamaxesha alungele uluntu ezenzelwe lona.

Kwaqhutywa intlanganiso ephathelele ikharityhulam ye-FET ngo-2008 ukuze kuphandwe ngeendlela ezahlukeneyo ezikhoyo kwii-CLC zokusetyenziswa endaweni yekharityhulam ye-R550. Abameli ababephuma kwiikholeji ze-FET, ii-SETA neSebe lezabaSebenzi bathi benza iintetha kuloo ntlanganiso. Kwasekwa iGqiza eliSebenzayo lokuphanda ngokubhekele phaya iindlela ezinokuthi zilandelwe nokuseka izikhokelo eziza kusetyenziswa ngamaziko kukhetho lwezifundo ezifundiswa uluntu. Ukuza kuthi ga ngoku kuqhutywe iintlanganiso ezintathu zegqiza elisebenzayo.

Uqeqesho olujolisiweyo lwabalawuli bamaziko, iibhodi ezilawula la maziko kunye nootitshala ngumba ophambili ukuze kuqinisekiswe ukuba ezi CLC zinako ukuphendula kwimingeni yecandelo eliguquliweyo lika-ABET. Ngenxa yoku, amaLungu ali-188 eeBhodi eziLawula amaZiko awayemele amaZiko angama-95 kuzo zonke izithili aqeqeshwa kwindlela yokuBhala isiCwangciso sokuSebenza ngo-2008.

Ukuhluma nophuhliso ngobambiswano

Icandelo lolawulo elingaphantsi liye lasebenzela ukunabisa iziqinisekiso zokuphumelela kootitshala abangenaziqinisekiso okanye abaneziqinisekiso ezingaphelelanga yaye ziza kuthi ziphuculwe ngokuQeqeshelwa umSebenzi ngokubambisana ne-ETDP SETA ngokubonelela ngoQeqesho lomSebenzi looTitshala bakwa-ABET (NQF 5) kootitshala abangaama-67 abangenaziqinisekiso. Kuyilwa ubambiswano namanye amasebe ephondo kunye nabezoshishino yaye olu bambiswano lugcinwa luqhubekeka umz. ngo-2008 iphulo eli-1 elitsha lokubambisana lasungungulwa ne-Moorreesburg Koringboere. Amanye amaphulo okubambisana ekungenzeka aqalise kwikota entsha aquka: i-Cadema Industries (22), iProjekthi yase-Oranjevis (malunga nama-50), i-Cape Lime (12), (iKraaifontein, 16). Abafundi abalandelayo bathi bongezelelwa kumaphulo obambiswano asele ekhos: kwiSebe lemisebenzi yoLuntu leSizwe (5), eloPhuhliso lwezeNtlalo (12), i-DEAT (4), elezoLimo (20), i-TPW, nelezeMpilo. Amaphulo amatsha okubambisana athe aqaliswa: i-Roman Protection Solutions ekuthe kwasayinwa nayo i-MOU (eBrackenfell) ne-BEE Recruitment (ePhillippi). Abafundi bafakelelwa kubambiswano olusele lwenziwe nesebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo (9). Umboniso ojikelezayo owenziwa neSebe lezeMpilo wongezelele abafundi abangama-45 kumaziko ahlukeneyo.

Icandelo lolawulo elingaphantsi liqulunqe iMimiselo eYilwayo yokuBhaliswa kwamaZiko abuCala, kwakunye noMmiselo weeBhodi zokuLawulwa kwamaZiko.

Ukuhlanganiswa kwe-ICT ekufundiseni ikharityhulam ku-ABET iNqanaba 1 – 4

Ukwenziwa kwelinge leeNkqubo zemiSebenzi yeziXhobo zoSasazo kuyaqhubeka kwii-CLC ezisi-7, ngelixa kwathi kwasungulwa iLebhu yeeKhompyutha entsha kwi-CLC yasePiketberg.

Ukuphucula ukubekw' esweni kobhaliso lwabafundi/ ukugcinwa kwabo kwinkqubo kwizithili

Ukubekw' esweni ngokuqhubekayo kwenziwa sisithili nayi-Ofisi eliKomkhulu. Kwaveliswa isixhobo esisodwa sokufezekisa le njongo. Amatyelelo ama-6 aneenkcukacha aqhutywa ngabaSebenzi be-Ofisi eliKomkhulu; oko bini ngenyanga kwatyelelwa ii-CLC ezise-Eden, kuNxweme oluseNtshona kunye ne-Central Metropole.

Iinkqubo zokuqeqeshelwa umsebenzi, ukuxhotyiswa ngamava, uqhelaniso neemeko zomsebenzi nezakhono

Kwenziwa ulingelo nge-NCV kwi-CLC eseSt Francis naseVostile ezinyamekela abafundi abamalunga ne-120. Ukuze kuphuculwe indlela yokusebenzisa iikqubo zezakhono, kwachongwa ootitshala njengamagosa ezakhono kuNxweme oluseNtshona. Icandelo lolawulo elingaphantsi livelise iinkqubo zezakhono kwiiNkalo ezinguNdoqo.

Kwagunyaziswa ukuba imali engangesigidi esiyi-R1,9 isetyenziswe kwiinkqubo eziza kufundiswa eBeaufort West, eMitchell's Plain naseKhayelitsha. Kufunyenwe iinkonzo zababoneleli ngeenkonzo abathathu abaza kufundisa iinkqubo eziqinisekiswe zii-SETA kubafundi abangama-460. Kwaqhutywa iinkqubo zezakhono kubunjineli boMbane, ukwAkha, ukuKhathalela abaNtu abasemaKhaya nokuVelisa iiNkukhu. Ezi nkqubo ziqaliswe ngeyeDwarha ku-2008.

IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Ukuxhaswa kwabalawuli	Kuza kuqhutywa iindlela zokuxhobisa abaLawuli bamaZiko nabaNxibelelanisi bamaZiko ngobuchule bokwenza izinto.
Ukuxhaswa kootitshala	Ukuqeqeshwa kootitshala kwisiqinisekiso esihlaziyiweyo sika-ABET L4 kunye nokuHlolwa okwenziwa eZikolweni. Ukuqinisa isiseko solwazi lweetitshala kwizifundo abaqhuba kakubi kuzo abafundi umz. ubuChule beMathematika. Ukubonelela ngemizekelo yeziCwangciso zezifundo
Ukuxhaswa kwabafundi	Ukuphumeza izifundo zezakhono zexesha eliphakathi ngokuvumelana nezinto olunomdla kuzo uluntu. Ukuxhasa abafundi ekukhetheni ngokufanelekileyo izifundo ngokusekelwe kwisiqinisekiso esihlaziyiweyo sika-ABET L4 nezifundo ezifutshane zezakhono ukwenzela amathuba okuqeshwa kwixesha elizayo.
Inkxaso yokufunda	Umgaqo-nkqubo nezikhokelo ezivelisiweyo ziza kuncedisa ekudaleni imeko-bume eyenza kube lula ukufundisa nokufunda kumaZiko e-AET Ukuphumeza uphicotho-zincwadi lokumisela umsantsa kwizixhobo zokufundisa uze ubonelele ngezixhobo zokufundisa. Ukuncedida ootitshala ekufundiseni nasekufundeni. Ukucwangcisa izifundo ezithe kratya / iinkqubo zokufunda ezenzelwe abafundi
Ukuxhaswa ngeendawo	Imimiselo nemiGangatho yenkxaso-mali kumaZiko e-AET iza kuxhasa amaziko ekufumaneni izixhobo zokufundisa ezifanelekileyo
Ukunatyiswa	Kwenziwa ilungiselelo lokuba inani labafundi linyuswe liye kuma-2 500 ngonyaka
Ukuqinisekisa	Ukuqeqeshwa kootitshala kwisiqinisekiso esihlaziyiweyo sika-ABET L4 nokuHlola okwenziwa eZikolweni.
Ukubek' esweni nokuPhonononga	Kuza kuqhutywa inkqubo yokubek' esweni nokuphononononga, ngoncedo lwezithili.

IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Inqaku gabalala ngeli candela	Iimeko abasebenza kuzo ootitshala bakwa-ABET kumaziko aziphucukanga. Imivuzo yabasebenzi abaqeshwa ngesivumelwano ngokusisigxina yi-WCED iphantsi gqitha: abaLawuli bamaZiko bamkela i-R107 000 kanti bona abaNxibelelanisi bamaZiko bafumana i-R 69 000. Ngumvuzo ongundoqo kuphela ohlawulwayo. Akukho zinzuzo (zomhlalaphantsi, izibonelelo zonyango, ne-inshorensi yokungaqeshwa) zifumanekayo. Xa sithetha nje ngokubanzi, eli candelo alitsali abona bantu bangcono, njengoko iimeko ekusetyenzwa phantsi kwazo zingekho ntle kumntu ofuna ukunabisa ikamva lakhe emsebenzini. Iibhodi ezilawula amaziko (iiCGB) ziqesha abasebenzi bezingxungxo. Imivuzo ehlawulwa zezi CGB iqalela kwi-R25/ngeyure kunye nomLinganiselo wePAM oyi-R147.00/ngeyure. Amaziko akanazo izixhobo zokufundisa. Ukuba la maziko akwizikolo zikarhulumente, ngokufuthi axhomekeke ekuphiweni nakwiimfeze zenqununu nabasebenzi besikolo.
Inqaku gabalala ngeli candelo (iyaqhubekeka)	Kootitshala abali-1100 abakula maziko, zizithuba zootitshala aba-2 kuphela ezizizithuba ezisisigxina. Oku kukhokelela ekubeni kusoloko kufuneka kuxhotyiswe ootitshala abatsha ngamandla okwenza izinto kunokutyala imali kuluhlu lootitshala abangazi kusoloko bedlula bekhangela amakriwa aluhlaza. Ngokuqhelekileyo, amaziko e-AET adinga inkxaso yabasebenzi nesebe kwezi nkalo zilandelayo ezingundoqo: - Ukwakha umthamo nenkxaso ekulawulweni kwamaziko e- AET - Ukwakha umthamo nenkxaso ekusebenziseni ikharityhulam - Ukwakha umthamo nenkxaso kulawulo - Ukunqongophala kwee-LTSM - Ukungabikho kwezixhobo ezibambekayo zokufundisa, kuquka izakhiwo neefenitshala ezibalungele kakuhle abantu abadala
Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzilungisa	Isininzi sabafundi sifumana izibonelelo ezifunekayo ngokuhamba kwexesha ubuncinane leminyaka emibini ukuya kwemithathu. Akuba umfundi efumene amanqaku esibonelelo ayimfuneko ali-120, kunokukhutshwa iSetifiketi seMfundo noQeqesho Gabalala (GETC) sikhutshwa ngUMALUSI. Ngenxa yoko amanani ee-GETC ezikhutshiweyo (ukubonisa eyona ntsebenzo) athande ukuba phantsi xa kuthelekiswa neethagethi ezibekiweyo. Kukhutshwe iziqinisekiso zeeNkalo zeziFundo xa abafundi beyigqibe ngempumelelo iNkalo yesiFundo. Ukuze kuphuculwe umgangatho wokubonelela ngemfundo yabantu abadala, imifuziselo efanelekileyo yokufundisa nokulawulwa kwekharityhulam kwii-CLC, kuza kuphononongwa izindululo ezazenziwe ngokuhlola ukusebenza kwenkqubo kwimeko yomGaqo-nkqubo neziKhokelo zeSizwe ezifumanekayo. Ukongezelela, kuza kusekwa kuze kusetyenziswe umfuziselo wokuqeqesha nokuphuhlisa abasebenzi kumaziko ka-ABET. Lo mfuziselo uza kuqinisekisa ukuba bonke ootitshala abakhoyo bafumana uqeqesho olujolisiweyo nokuba bonke ootitshala abatsha baza kufundiswa, baqeqeshwe yaye baphuhliswe.

ST601	IMFUNDO NOQEQESHO OLUNGUNDOQO LWABANTU ABADALA - Iindlela ezingundoqo					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKWENKQUBO ENGAPHANTSI (R'000)						
6.1 Unceditso-mali kumaziko abucala	23,539	25,821	27,885	30,913	32,647	34,333
6.2 Iinkonzo zeengcali	0	0	1	1	1	1
6.3 Uphuhliso lwabasebenzi	0	0	1	1	1	1
ITOTALI	23,539	25,821	27,887	30,915	32,649	34,335
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)						
Intlawulo yalo nyaka	6,163	6,585	5,464	7,371	7,881	8,403
Imbuyekezo yabasebenzi	5,916	6,524	5,172	7,064	7,558	8,065
Ootitshala	4,969	4,971	3,940	5,382	5,759	6,145
Abo bangengabo ootitshala	947	1,553	1,232	1,682	1,799	1,920
Iimpahla neenkonzo nezinye zalo nyaka	247	61	292	307	323	338
Edluliselweyo noncediso-mali	17,376	19,236	22,423	23,544	24,768	25,932
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	0	0	0	0	0	0
ITOTALI	23,539	25,821	27,887	30,915	32,649	34,335
UKUQESHWA KWABASEBENZI						
Inani looTitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	4	4	4	4	4	4
Inani labo bangengabo ootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	9	9	8	8	8	9
UBHALISO						
Inqanaba le-GET	15,529	16,612	16,684	20,655	21,655	22,655
Inqanaba le-FET	22,110	23,405	19,898	21,845	23,345	24,845
ITOTALI	37,639	40,017	36,582	42,500	45,000	47,500

ST601	IMFUNDO NOQEQESHO OLUNGUNDOQO LWABANTU ABADALA - Iindlela ezingundoqo (iyaqhubekeka)					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
ABEMI						
Abemi abaneminyaka eli-18 ukuya kuma-60	2,718,151	2,767,069	2,821,443	2,874,777	2,927,328	2,979,586
AMAZIKO						
Amaziko oncediso-mali	346	351	368	368	368	368
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PM601: Inani labafundi bakwa-ABET kwiphondo	I-PM entsha	I-PM entsha	16,684	42,500	45,000	47,500
► PPM601: Inani labafundi bakwa-ABET ababhaliselwe ukuya kwii-FET	17,668	22,110	19,898	21,845	23,345	24,845

B.7 Uphuhliso lwabaNtwana kwasekuQaleni

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) ngokuphathelele inkqubo 7, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo:

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukubonelela ngeBanga R elixhaswa ngemali ngurhulumente ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo	► PM701: Inani labafundi beBanga R kwizikolo zikarhulumente ► PM702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu kumaziko emfundo

Imigaqo-nkqubo ecacileyo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga:

Imigaqo-nkqubo:

- IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weMfundo lesi-5, (iGazethi yasebuRhulumenteni 22756 yomhla we-17 kweyeDwarha 2001) ngokuphathelele iMfundo yabaNtwana kwakuseQaleni
- IMimiselo nemiGangatho yokuXhasa ngeMali iBanga R
- Umgaqo-nkqubo we-WCED wokuNgeniswa kwabaFundi kwiNkqubo eyandulela iBanga R neBanga R kwiZikolo zikaRhulumente
- Imimiselo ephathelele ukuBhaliselwa uNcediso-mali lweZikolo Ezizimeleyo kuquka izikolo ezineNkqubo eyandulela iPrayimari

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso semiNyaka -5):

Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana abahlala kweli phondo bafikelela kwimfundo esemgangathweni.
Ukuqinisekisa ulawulo nokuphatha okufanelekileyo kuwo onke amaziko okufunda nezakhiwo zenkxaso
Ukuxhobisa nokuxhasa ootitshala kwimizamo yabo yokunikezela ngemfundo efanelekileyo

Uhlalutyo lwenkqubela-phambili

Ufikeleleko

Ubhaliso nocediso-mali

Ukufikelela kwiBanga R kunyukile ukusuka kwinto emalunga nama-21 000 ngo-1996 ukuya kutsho ubuncinane kuma-52 000. Ngo-2006 wonke umtwana okwiBanga R kwiziko lemfundo wafumana uncediso-mali ngokusekelwe kumntwana ngamnye kunokuba kusekelwe kubukhulu beklasi enabantwana abangama-30. Lo mfuziselo uye walinyusa inani labantwana abafanelekayo ukuzuza uncedo lwezimali. Ukutshitshiswa kwezithuba ezigunyaziswe lisebe nokuba zithathelwe indawo luncediso-mali olusekelwe kumntwana ngamnye kwenze kwalula kakhulu ukuba abantwana abaninzi bafikelele kwiBanga R kwiindawo ezihlupheke kakhulu. Uncediso-mali lwabafundi beBanga R lunyusiwe ukusuka kwi-R9,00 ukuya kwi-R12,00 kumaqondo okuhlelelelela oku-1 nawesi-2, ukusuka kwi-R8,00 ukuya kwi-R9,00 kwiqondo lokuhlelelelela lesi-3, ukusuka kwi-R4,00 ukuya kwi-R 6,00 kwiqondo lokuhlelelelela lesi-4 nokusuka kwi-R4,00 ukuya kwi-R5,00 kwiqondo lokuhlelelelela lesi-5.

Ubulungisa

Izixhobo zokufundisa

Iikiti ezingama-240 ezinezixhobo zokufunda ngaphakathi nangaphandle ziza kukhuthswa ekupheleni kweyoKwindla ngo-2009 nooJingi kwizikolo ezili-135 kwezikhethiweyo zikarhulumente zaseprayimari kulo lonke eleNtshona Koloni. Utitshala ngamnye weBanga R kwezo zikolo uza kuqeqeshwa endleleni yokusebenzisa ezi zixhobo.

Ubhaliso nokunatyiswa kweenkonzo

Kwenziwe uphicotho-zincwadi lokubonisa ukuba izixhobo zokufundisa zinganikwa eziphi iindawo yaye kanjani ngokufanelekileyo. Umda wolu phononongo kukuhlola ubhaliso, iziqinisekiso/izidingo zophuhliso lootitshala, amaziko obhaliso, ukwabiwa kwee-LTSM, ukuqeqeshwa kweekomiti zokulawula kumaziko oluntu njl njl. Iifomu zokubhalisa ze-CEMIS zithunyelelwe onke 'amaziko asekuhlaleni' kuzo zonke izithili. Kwisithili ngasinye umntu wokuchwetheza ezi nkcukacha azifake kwiikhompyutha uza kuqashelwa ukuncedisa 'izikolo ezizimeleyo' ngokubhaliswa kwabafundi beBanga R kwi-CEMIS.

Ewonke amagumbi okufundela ali-161 amatsha eBanga R aza kugqitywa ngasekupheleni kweyoKwindla kuka-2009.

AmaZiko ayimifuziselo

Kusekwe iiklasi zeBanga R ezingama-24 eziyimiFuziselo kwizikolo zikarhulumente zaseprayimari kulo lonke elaseNtshona Koloni yaye zifumene izixhobo zangaphakathi nezangaphandle. La maziko aza kusetyenziselwa ukubonakalisa eyona ndlela ingcono yokusebenza neendawo yokuqeqesha bonke ootitshala beBanga R nootitshala besiGaba esiSisiseko kwimimandla yabo. Isiza ngasinye seBanga R esinguMfuziselo sifumene ama-R50 000 ukuze sithenge ezinye izixhobo zokufundisa ezifana neetrayisekile, iibhayisekile, iipremu, iikiliva, uphahla olwenziwe ngomthi, ukubiyela indawo yokudlala nezinye izinto zokufunda, iiphazili nemidlalo.

Uqeqesho

Ootitshala be-ECD abangama-900 abaza kube begqiba ukuqeqeshelwa umsebenzi baza kunikwa ithuba lokudlulela kwinqanaba elilandelayo baze ngolo hlobo baphucule iziqinisekiso nezakhono zabo kwi-ECD. Ootitshala beNqanaba lesi-4 ababeyinxalenye yeqela le-ECD labangama-900 abebeqeqeshelwa umsebenzi balugqibile uqeqesho lwabo yaye abangama-90 kubo bafumene isiqinisekiso esipheleleyo, ngelixa abanye abali-10 befumana amanqaku abasondeza ekufumaneni isiqinisekiso. Iziphumo zeNqanaba loku-1 nelesi-5 ziza kuqinisekiswa yi-ETDP-SETA ekupheleni kwenyanga yoKwindla ku-2009. Ukuqeqeshwa kootitshala be-ECD abali-1500 kukwisigaba sokugqibela. Ootitshala kwiNqanaba loku-1, lesi-4 nelesi-5 bafanele bagqibe uqeqesho lwabo ngasekupheleni konyaka-mali.

Ukuqeqeshwa kootitshala be-ECD abali-1 000 kwiNqanaba loku-1 nelesi-4 kuqaliswe kuTshazimpunzi/kuCanzibe ka-2008, ngelixa ukuqeqeshwa kwabafundi beNqanaba lesi-5 kwaqaliswa ngeyeKhala. Ukuthathwa kwabo baza kuqeqeshelwa umsebenzi ngeyoMqungu ku-2009 kwi-ECD kuhamba nesibonelelo sokuba abafundi abanobuchule bangadlulela kwinqanaba elilandelayo le-ECD. Oku kuthetha ukuba abo bafunde bagqibe ngempumelelo imigangatho yeeYunithi zeNqanaba loku-1 le-ECD, bavumelekile ukudlulela kwiNqanaba lesi-4 le-ECD. Ngokufanayo, abafundi abagqibe ngempumelelo imiGangatho yeeYunithi zeNqanaba lesi-4 le-ECD bavumelekile ukudlulela kwiNqanaba lesi-5. KwiNkqubo yokuQeqeshela umSebenzi ye-ECD iNqanaba loku-1 eqala ngeyoMqungu ku-2009 kukho abafundi abatsha.

IZiko lokuNabisa inkqubo ye-ECD lasekwa kwiSikolo soMpeleso sase-Athlone yaye ngoku lisebenza ngokupheleleyo. Kuthengwe izixhobo zokufundisa ezongezelelekileyo ukuze zisetyenziswe ngabafundi be-ECD kwizifundo zokubonisa. Kananjalo eli Ziko liza kusetyenziselwa ukuqeqesha emsebenzini ootitshala be-ECD abangenazo iziqinisekiso ezipheleleyo.

Ukuthethelela olu hlobo lwemfundo

Kusasazwe amaphetshana okuthethelela inkqubo angama-25 000 kunye neepowusta ezingama-9 000 kuzo zonke izikolo, izibhedlele, iiklinikhi neelayibrari zikamasipala eNtshona Koloni.

Ukubek' esweni

Ingxelo eyenziwa nyanga nganye malunga nokubek' esweni amaziko e-ECD iyafuneka kubacebisi nge-IMG ECD bezithili. Kananjalo nengxelo yomlomo iza kwenziwa kwiintlanganiso zenyanga nganye.

Ukusukela ngomhla woku-1 kweyeKhala kuqeshwe ngesivumelwano umhloli onguMphicothi-zincwadi. Sithetha nje lo mhloli utyelela amaziko ukuze kuqinisekiswe ukuba ezi zikolo zikulungele na ukuqalisa igumbi lokufundela elitsha leBanga R. Uhlolo luza kubonisa ukuba isikolo sineendlela ezifanelekileyo zokulawulwa kwezimali, isithuba esaneleyo kwizakhiwo nomthamo wabantu wokulawula iprojekthi.

Sithetha nje umboneleli weenkonzo wangaphandle ubek' esweni uqeqesho lweNqanaba lesi-5 kwi-ECD. Ingxelo yokugqibela ebonisa umgangatho wokuqeqesha iyafumaneka.

IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Ukuxhaswa kwabalawuli	Abalawuli baza kuxhaswa ngokuthi kuphuhliswe amaxwebhu ezikhokelo zemigaqo-nkqubo yeeBhodi eziLawula iZikolo neZakheko zoLawulo zamaZiko aZimeleyo e-ECD oko kukuthi amaxwebhu ezikhokelo zemigaqo-nkqubo noqeqesho ngokulawulwa nokuphathwa kwamaziko nezimali
Ukuxhaswa kootitshala	Ootitshala baza kuxhaswa ngokuthi babonelelwe ngezixhobo zangaphakathi nezangaphandle zokufundisa ze-ECD, baqeqeshwe ekusebenziseni ngempumelelo ezi zixhobo nasekuboneleleni ngoqeqesho emsebenzi ukuze kuphuculwe iziqinisekiso zabo. Ukubonelela ngezixhobo zokufundisa zangaphakathi nangaphandle ezingama-300 ze-ECD nokuqeqeshwa ekusebenziseni ngempumelelo ezi zixhobo kootitshala be-ECD kwizikolo ezikhethiweyo Ukuseka iiklasi ezintsha ezingama-30 ezinguMfuziselo omtsha weBanga R ekuza kuboniswa ngazo eyona ndlela yokusebenza zize zixhase nootitshala beBanga R kwisithili Ukunikela uqeqesho lwe-ECD iNqanaba loku-1, lesi-4 nelesi-5 kootitshala abangama-3000 be-ECD kwiiKholeji ze-FET
Ukuxhaswa kwabafundi	Ukuquka abafundi beBanga R kwiziThili ezisemaPhandleni kwiLungiselelo lokuThuthwa kwabaFundi. Le nkqubo sithetha nje isetyenziswa njengolingelo kwezinye iindawo.
Inkxaso yokufunda	Ukufunda kuza kuxhaswa ngokuthi kudalwe imimandla enezinto ezininzi ezishicilelweyo kumagumbi okufundela, nto leyo yenza kube lula ukufundisa nokufunda. Ngokusebenzisa izixhobo zokuncedisa ekufundeni nasekufundiseni zangaphakathi nangaphandle ekuphuhliseni nasekuphuculeni izakhono zengqiqo zabafundi, zokushukuma ngamandla nangokusulungekileyo kwakunye nezakhono zokufunda, ukubhala nokubala.
Inkxaso kwiindawo	Ukuxhaswa ngeendawo kuza kubonelelwa ngokunika abafundi beBanga R abakwizikolo zikarhulumente ezingathathi ntweni amagumbi okufundela amatsha eBanga R. Ukwakha amagumbi okufundela amatsha ali-180 eBanga R kwizikolo zikarhulumente ezichongiweyo ezingathathi ntweni
Ukunatyiswa	Kuza kunatyiswa ngokuthi kwandiswe inani leZikolo zikaRhulumente zesiQhelo eziqhuba iBanga R ukuze kubonelelwe abafundi abatsha abangama-3000 nangothethelelo lwale nkqubo yokufunda kunye namaphulo okwazisa abantu ngayo

IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Ukuqini -sekisa	Ukuqinisekiswa kuza kwenziwa ngokubonelela ngeenkqubo zezifundo ezisemgangathweni kwiiklasi zeBanga R kwiZikolo zikaRhulumente zesiQhelo namaZiko Azimeleyo e-ECD.
Ukubek' esweni nokuPhonononga	Ukubek' esweni nokuPhonononga kuza kwenziwa ngokuthi abasebenzi abaphuma kwi-Ofisi eliKomkhulu kunye namaGosa eziThili atyelele rhoqo la maziko. Kuza kuqeshwa ngesivumelwano abacebisi bokuBek' esweni nokuPhonononga abazimeleyo bangaphandle abaza kutyelela la maziko, basebenzise amaphepha emibuzo kunye noluhlu lokuhlola, baze baqhube udliwano-ndlebe nabo banebango abafanelekileyo nabaneendima abazidlalayo.
Inqaku gabalala ngeli candelo	Kuqulunqwe isicwangciso-qhinga sokuxhasa i-ECD eNtshona Koloni siphuhliswa liqela lamacandelo ngamacandelo elenza izicwangciso nelikhokelwa liSebe loPhuhliso Loluntu (DSD). ISebe lezeMpilo, eleMfundo, eloKhuseleko Loluntu nelooRhulumente basemaKhaya nawo adlala indima engundoqo. Injongo ephambili kukubonelela ngendlela ehlanganisiweyo nelungelelaniswe kakuhle yokuqinisekisa ukufumaneka kweenkonzo ngempumelelo nangokupheleleyo kubantwana abancinane abaneminyaka eqalela ku-0 ukuya kwemi- 4 ½. Injongo yesi sicwangciso-qhinga asikokuba bonke abantwana babe kwiindawo zompeleso okanye amaziko okugcina abantwana emini, kodwa kukuqinisekisa ukuba abo bantu bakhathalela abantwana (abazali, oomawokhulu, abo basebenzela uluntu, abo basebenza kumaziko asemini, kwizikolo ezandulela iiprayimari neendawo zompeleso) bakuxhobele ukuphucula uphuhliso lwabantwana emzimbeni, kwezentlalo nengqiqo. Njengenxalenye yale ndlela ihlanganisiweyo yokuphuhliswa kwabo bonke abantwana abaneminyaka eqalela ku-0 ukuya kwemi-4 ½ kweli phondo, i-WCED iza kuqeqesha ootitshala nabantu bokunyamekela abantwana kwikharityhulam ye-ECD. I-EPWP iye yanatyiselwa kwicandelo le-ECD kwaye yenza izibonelelo zenkqubo yokuqeqeshelwa umsebenzi kwakunye nokubonelela ngezixhobo zokufundisa. Ngoxa iyinto exhaphakileyo ukubhaliswa kwabantwana abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 eNtshona Koloni, asingabo bonke abantwana abakwaziyo ukufikelela kwiBanga R. Injongo yesiCwangciso-qhinga sokuPhuhliswa kwabaNtu bokuSebenza kukuze kubonelelwe ngeenkqubo zokufunda ezikumgangatho ophezulu kubantwana abaninzi abaneminyaka emihlanu eNtshona Koloni kwinqanaba lokuqala lemfundo emiselweyo, oko kukuthi, iBanga R, ngo-2010, ukuze bafundiswe izakhono zokufunda, zokubhala nokubala ezisathukuzayo. Oku kubalulekile ngokukodwa kwezo ndawo apho abazali benomlinganiselo ophantsi wokufunda, okanye bengafundanga kwa-ukufunda oko, yaye amakhaya engenazo iincwadi okanye izixhobo zokufundisa. Ikharityhulam ye-NCS iBanga R iluchaza ngokuphandle ulwazi nezkhono ekufuneka zifundiswe abantwana abaneminyaka emihlanu. Umngeni ojamelene nabasebenzi kweli phondo kukuqinisekisa ukuba iziphumo zezifundo ze-NCS iBanga R ziyafundiswa yaye abafundi kuwo onke amaziko eBanga R bayazifikelela ezo ziphumo. Ukubonelela abantwana abancinane ngeenkqubo zeBanga R kusekelwe kwingqikelelo yokuba ezi nkqubo zibanika isiseko esiqinileyo yaye bakulungela ngcono ukufunda esikolweni. Le ngqikelelo ixhaswa zizifundo eziliqela, kuquka isifundo esicwangcisiweyo sesizwe sokuhlola abafundi beBanga lesi-3 esaqhutywa ngo-2001 kwakunye nophononongo olucwangcisiweyo lwephondo olwaqhutywa ngo-2004 nango-2006. Ezi zifundo zibonisa unxulumano olukhulu phakathi kwendlela abaqhuba ngayo abafundi ekufundeni nasekubaleni kwiBanga lesi-3 nokufikelela kwiinkqubo ezandulela ukuya esikolweni. Izalathisi zibonisa ukuba ubhaliso aluhambi ngokwale shedyuli yaye uphicotho-zincwadi oluqhutywayo ngoku luqokelela ulwazi oluza kuyinceda inkqubo yenze izicwangciso zesigaba esilandelayo ngokufanelekileyo.
Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzoyisa	Kunzima ukuqiniseka ngenani elililo labafundi abakwiBanga R ngenxa yokuba amaninzi kula maZiko oLuntu akwiindawo ezisemagqagaleni emaphandleni okanye kwiindawo zoogob' ityholo apho kunzima ukuqhagamshelana kakuhle. Iifomu ze-Snap nezoVavanyo loNyaka azikabuyiswa ngala maZiko oLuntu. AmaGosa eziThili anomsebenzi omninzi yaye akakwazi ukutyelela ngokuthe rhoqo onke amaziko ukuze aqinisekise ukuba kuqhutywa iinkqubo ezisemgangathweni. Ukusetyenziswa ngonyuselo inkqubo ye-WCED emiswe ngokutsha kulindeleke ukuba kukhawulelane nolu celo-mngeni. Ukunatyiswa kwe-CEMIS ukuba iquke i-ECD kunye noluvo lokusebenzisa izixhobo ze-GIS ekwenzeni izicwangciso zokwandisa i-ECD kuza kulinceda eli candelo likwazi ukumisela ulawulo phezu kwesi sigaba sibalulekileyo semfundo. Inyathelo lexesha elifutshane ibe kukuba iziThili ziqeshe abasebenzi bethutyana ukuba benze uphicotho-zincwadi ngala maziko. Umbono wexesha eliphakathi nelide we-WCED kukwayamanisa iindawo zeBanga R kwizakhiwo ezikhoyo zezikolo.

ST701	UphuhIiso lwabaNtwana kwasekuQaleni- Iindlela ezingundoqo						
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKWENKQUBO ENGAPHANTSI (R'000)						
7.1 IBanga R kwizikolo zikarhulumente	66,902	70,382	140,748	213,365	203,895	227,480
7.2 IBanga R kumaziko asekuhlaleni	23,293	29,399	27,590	38,099	46,596	48,757
7.3 Iinkonzo zeengcali	0	0	1	1	1	1
7.4 Uphuhliso lwabasebenzi	0	42,478	59,622	62,003	73,675	78,044
7.5 Izibonelelo ezinemiqathango	0	0	0	0	0	0
ITOTALI	90,195	142,259	227,961	313,468	324,167	354,282
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)						
Intlawulo yalo nyaka	44,411	99,794	95,326	101,797	108,558	115,405
Imbuyekezo yabasebenzi	44,390	69,649	56,456	56,967	60,955	65,039
Ootitshala	44,390	69,649	56,456	56,967	60,955	65,039
Abo bangengabo ootitshala	0	0	0	0	0	0
Iimpahla neenkonzo nezinye zalo nyaka	21	30,145	38,870	44,830	47,603	50,366
Edluliselweyo noncediso-mali	45,784	42,465	132,635	211,671	215,609	238,877
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	0	0	0	0	0	0
ITOTALI	90,195	142,259	227,961	313,468	324,167	354,282
UKUQESHWA KWABASEBENZI						
Inani looTitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	290	278	266	266	266	266
Inani labo bangengabo ootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	0	0	0	0	0	0

ST701	UphuhIiso lwabaNtwana kwasekuQaleni- Iindlela ezingundoqo (iyaqhubekeka)					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
UBHALISO (INKXASO-MALI KARHULUMENTE KUPHELA)						
IBanga R kwizikolo zikarhulumente* (a)	28,198	31,593	31,556	43,932	49,932	55,932
IBanga R kumaziko oluntu (b)	28,000	30,000	26,899	24,000	22,000	20,000
IiNkqubo ezandulela iBanga R kwizikolo zikarhulumente*	2,481	1,356	1,644	1,700	1,800	1,900
IiNkqubo ezandulela iBanga R kumaziko oluntu	Ezi nkcukacha-manani azinakubalwa njengoko imithombo yolwazi kule nkalo ingafumaneki kwi-WCED.					
ITOTALI	61,986	63,272	60,475	63,632	67,732	71,832
ABEMI						
Abemi abaneminyaka emi-5 (c)	89,423	90,975	91,757	92,829	94,077	95,415
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PM701: Inani labafundi beBanga R kwizikolo zikarhulumente	31,505	31,916	31,932	43,932	49,932	55,932
► PM702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu kumaziko emfundo	I-PM entsha	I-PM entsha	I-PM entsha	Kulindelwe iinkcukacha eziqinisekisiweyo ezivela kwa-StatsSA		
► PPM701: Inani lootitshala ababhalisele inkqubo yokuqeqeshelwa i-ECD emsebenzini (isiqinisekiso esipheleleyo)	0	0	3,800	4,000	4,500	5,000
Qaphela: Iinkcukacha ezifanelekileyo zisenokuqinisekiswa ngelixa kusiya kushicilelwa. Injongo kukunyusa amanani obhaliso ngomlinganiselo ubuncinane we-6% ngonyaka njengoko kuboniswe kwenye indawo kwinkcazo						

*I-CEMIS Current (08 eyoMdumba 2008)

B.8 Iinkonzo zoNcediso neziNxulumene nazo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiswa (▲) ngokuphathelele inkqubo 8, neendlela zokulinganisa intsebenzo yazo:

	Iinjongo ezinokulinganiswa	Iindlela zokulinganisa intsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukufundisa ngezakhono zobomi zokuphila ne-HIV/AIDS ezikolweni, nokuqinisekisa inkqubo ehlanganisiweyo efanelekileyo nephumelelayo yokuthintela, ukukhathalela nokuxhasa	► PPM 801: Iinkqubo zeZakhono zoBomi ne-HIV/AIDS: Ipesenti yonyaka yamanqanaba okuxhaphaka kwe-HIV phakathi kolutsha oluneminyaka eli-15 ukuya kweli-19 ► PPM 802: Inani lezikolo zikarhulumente kwiphondo ezinendawo ubuncinane enye yeekhompyutha zokufundisa nokufunda

Imigaqo-nkqubo ecacileyo, izinto ezibalulekileyo neenjongo zesicwangciso-qhinga

Imigaqo-nkqubo nezinto ezibalulekileyo:

Ukulwa ngokukhawuleza nangokuzimisela ne-HIV/AIDS, kwezemfundo nangokusebenzisa imfundo, yinto ebalulekileyo esizweni yaye isigunyaziso sayo siboniswe, phakathi kwezinye izinto, kwisiCwangciso-qhinga seNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo nee-STI soMzantsi Afrika, 2007-2011, isiCwangciso esiHlanganisiweyo seSizwe sabaNtwana abaSulelekileyo nabaChaphazelekayo yiNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo (2001), umthetho i-National Education Policy Act: National HIV/AIDS Policy for Learners and Educators (1996), kwakunye nomthetho we-Division of Revenue Act yonyaka. Kananjalo uxanduva lwemfundo lubonakaliswa kwiNkqubo yeSizwe yokuSebenza kukaRhulumente, iKlasta yezeNtlalo (2006) malunga nokuphunyezwa okuqhubekayo kwesiCwangciso esineeNkcukacha sikaRhulumente sokulwa neNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo.

Kwiphondo, isiCwangciso-qhinga sokuHluma noPhuhliso lwePhondo leNtshona Koloni siqwalasela ulwalamano phakathi, ngokomzekelo, kwezicwangciso-qhinga zeziseko zokuphuhliswa kwabasebenzi nezinto zentlalo, ngelixa lesiCwangciso-qhinga seziNto eziNkulu kwezeNtlalo (SCFS) sichaza ngokubhekele phaya ukusekwa kwezentlalo ngokuvumelana nongenelelo olungundoqo lwephondo olufana neMpilo 2010, inkqubo yephondo yeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo, ukuphuhliswa olutsha, iinkqubo zokuqinisa amaqhina eentsapho, ukuqinisa iziseko ezimiswe luluntu, njalo njalo. Okokugqibela, 'isiCwangciso-qhinga seNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo esineeNkcukacha seNtshona Koloni, isiCwangciso-qhinga neSakhelo sokuPhumeza: 2007 ukuya ku-2011' samaSebe ngamaSebe sichaza iimbopheleleko neethagethi zeSebe leMfundo laseNtshona Koloni. Okuqukiweyo apha ziimbopheleleko neethagethi ezintsha ze-WCED ezimalunga, phakathi kwezinye izinto, nemiba ekungenzeka ibe nobuzaza efana nokukhuthazwa nokubonelela ngeengcebiso nokuhlolwa ngokuzithandela (VCT) ebantwini abadala abaneminyaka engaphezu kwe-15, (ithagethi yephondo ngabantu abadala abali-15 ngonyaka, ithagethi ye-WCED ngama-30 000 ngo-2008/09, inyuke iye kuma-50 000 ngo-2009/10) kunye nokunyusa inani leekhondomu ezithathwa ngamadoda zibe li-100 iikhondomu kwindoda nganye eneminyaka engaphezu kwe-15 ngo-2010 (neethagethi ezifanayo). IsiCwangciso-qhinga sokuThintela ngokuKhawuleza iNtsholongwane kaGawulayo: iSakhelo sokuSebenza esinamaCandelo amaNinzi seNtshona Koloni 2006 ukuya ku-2011 sicacisa ngokubhekele phaya esi sicwangciso-qhinga ngokukhawulelana nesiCwangciso-qhinga seNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo nee-STI soMzantsi Afrika, 2007-2011 sesizwe, esinamacandelo amaninzi.

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (icatshulwe kwisiCwangciso semiNyaka emi-5):

Ukubonelela ngophuhliso lwabasebenzi ngokuvumelana nomthetho i-Skills Development Act.
Ukubonelela ngemfundo yezakhono zobomi kumba weNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo ezikolweni, nokuqinisekisa ukufikelela kwinkqubo edibeneyo efanelekileyo nephumelelayo yokuthintela, ukukhathalela nokuxhasa.
Ukuphucula ukusebenza ngokufanelekileyo nangempumelelo kombutho ekulawuleni iimvavanyo zangaphandle
Ukuqinisekisa ukuba iphondo libonelela ngamanani aneleyo ootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo.
Ukuxhasa iinjongo zephondo zeKapa elihlumayo

Uhlalutyo lwenkqubela-phambili

Ukubonelela ngophuhliso lwabasebenzi ngokuvumelana nomthetho i-Skills Development Act.

IsiCwangciso seZakhono emSebenzini (i-WSP) sisayinwe ngabameli babasebenzi kunye ne-Ofisi eliKomkhulu saza sathunyelwa kwi-ETDP SETA kunye neSebe leNkulumbuso. Sithetha nje kuqhutywa uNgenelelo loQeqesho kwiziThili nakwi-Ofisi eliKomkhulu

Ukubonelela ngemfundo yezakhono zobomi kumba weNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo ezikolweni, nokuqinisekisa ukufikelela kwinkqubo ehlanganisiweyo efanelekileyo nephumelelayo yokuthintela, ukukhathalela nokuxhasa.

I-HIV/AIDS iboniswe ngokuyintloko kwinkalo yesifundo/isifundo sokuFunda ngezoBomi kwiNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, iBanga R ukuya kwele-12, yaye ngenxa yoko ke kunyenzelekile ukuba kufundiswe ngayo. Kuqikelelwa ukuba umfundi ngamnye kweli phondo, kwibanga ngalinye, ufumana ulwazi ngokubhekiselele koku. Ukusekwa kwenkqubo esebenzayo, ehlanganisiweyo yokuthintela, ukukhathalela nokuxhasa ngumngeni ontsonkothileyo othetha ukuba kufuneka imisebenzi icwangciswe kakuhle kwi-WCED yaye kufuneka nenkxaso nokukhuthazwa kwamalungiselelo entsebenziswano kwakunye 'nokubambisana kukarhulumente namashishini abucala' okusekelwe eluntwini ukuze kuqinisekiswe ukuba bonke abo bathatha inxaxheba benza izinto ngokuxhasana, i-WCED norhulumente wephondo.

Kule nkalo, le nkqubo iqhube ngendlela encomekayo, nto leyo ibangele ukuba ehle ngama-50% amazinga okuxhaphaka kwe-HIV phakathi kolutsha kule minyaka mine idluleyo – into ngaphambili ekwakucingwa ukuba ayinakuze yenzeke nekusenokwenzeka ukuba ayizange khe ibonwe kwamanye amazwe. (8,7% ngo-2003, 4,3% ngo-2007 – ngoku sisinye esithathwini sezinga lokuxhaphaka lesizwe kulutsha).

Ukuphucula ukusebenza ngokufanelekileyo nangempumelelo kombutho ekulawuleni iimviwo zangaphandle

Iimviwo zika-2008 ngokubanzi ziqhubeke ngokwezicwangciso. Ukuphunyezwa kweenkqubo zokuthethelela ezi nkubo, uqeqesho, lweengqapheli eziziintloko neenqununu zezikolo nokutyelelwa kwezithili nezikolo ezichongiweyo kube negalelo kwimpumelelo ephathelele ukulawulwa nokuphathwa kweemviwo.

Iimviwo neendlela zokuhlola ngo-2009-2010 ziza kuqhubeka zihlaziywa yaye ziqiniswa ukuze kuphuculwe ukusebenza ngokufanelekileyo nangempumelelo kwenkqubo. Umba wohanjiso lweenkonzo uza kufumana ingqwalasela eyodwa. Ukongezelela, kuza komelezwa ezi nkqubo zilandelayo: Isakhelo somfuziselo wokuhlola okusekelwe ezikolweni kokubini kwinqanaba le-GET nele-FET siza kuphuhliswa size sisetyenziswe. Oku kuza kuqinisekisa ukuba inkqubo yokuhlola esetyenziswa ezikolweni ithembekile. Kuphuhliswe iziseko zokulawula iingxaki zeemviwo nokuhlola ezikolweni (iKomiti yamaKhwiniba kuHlolo olwenziwa eZikolweni), kwiziThili (iKomiti yesiThili yamaKhwiniba kuHlolo) kwanakwiPhondo (iKomiti yePhondo yamaKhwiniba kwiiMviwo). Ukusebenza kwezi ziseko kuza kubekw' esweni ngokuthe rhoqo ukuze kuqinisekiswe ukuba ziyasebenza. Ngo-2009 kuza kubhalwa iphepha leSetifikethi seMfundo Gabalala. Oku kuthetha ukuba ukubhalwa kwee-CTA kwibanga le-9 kuza kuyekwa. Kuza kubhalwa uhlolo olusekelwe ezikolweni kwikota yesibini kuze kubhalwe uviwo olumiselweyo kwikota yesi-4. Ukongezelela, iimfuneko zenkqubela-phambili nokunyuselwa ziyahlaziywa kwaye ziza kusetyenziswa ukusukela ngo-2009.

Ukuqinisekisa ukuba iphondo libonelela ngamanani aneleyo ootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo.

Kusetyenziswa iimfuno ezivumelana neenjongo zesebe ezingokwesicwangciso-qhinga ekuqinisekiseni ukuba kuchongwa iiNkqubo ezifanelekileyo zokuqinisekisa ukuba ootitshala baqeqeshwe ngendlela efanelekileyo. Inani lootitshala abaqeqeshiweyo lixhomekeke kumandla ee-HEI okunikela olu qeqesho. Kananjalo i-CTLI iqinisekisa ukuba ootitshala baqeqeshiwe yaye baxhotyiswe ngeenkqubo ezahlukeneyo ukuze bakwazi ukusebenzisa kakuhle i-NCS ezikolweni.

Zili-160 iiNqununu ezibhalisele izifundo ze-ACE kwiSikolo sobuNkokheli; bangama-643 ootitshala kwi-NPDE; kwi-Maths Literacy ACE – ngootitshala abali-100; kwi-Visual Art Practice – bangama-20; isiGaba esiPhakathi – ngama-50; iTeknoloji bangama-50; uLwimi (isiXhosa) neziFundo zoSetyenziso zisacwangciselwe ixesha elizayo. Iinqununu ezili-198, ooSekela Nqununu neeNtloko zamaSebe babhaliselwe unyaka wokuqala. Ngabafundi

bonyaka wokuqala abali-181 ababhaliselwe i-NPDE. Kananjalo ootitshala babhaliswa kwizifunfo ze-ACE, oko kukuthi, i-Maths Literacy, i-Consumer Studies, i-School Librarianship, i-Physical Science, kunye ne-Life Science. Kananjalo i-WCED ibancedisile ootitshala kwiNzululwazi ngezoQoqosho noLawulo, isiGaba esiSisiseko, isiGaba esiPhakathi, amaBanga amaNinzi neeMfuno eZizodwa neNkxaso.

Ukuxhasa iinjongo zephondo zeKapa elihlumayo

Uphuhliso lwemiSebenzi

Bangama-400 ootishala abathe baqeqeshwa ngo-2008

Izikolo zoJoliso

Iindawo ezinobugcisa obukwinqanaba eliphezulu ezikolweni zigqityiwe okanye sele kumbovu zigqitywe. Izixhobo zokusebenza ne-ICT zifakelelwe kuzo zonke izikolo. Uphicotho-zincwadi lokulawulwa kwezinto zexabiso kuzo zonke izixhobobo zokufundisa lugqityiwe. Abafundi banikwa ithuba lokuba kwiSikolo saseBusika kwiYunivesithi yobuGcisa yase-Cape Peninsula. Izikolo zancediswa nakwezazo izikolo zaseNtwasahlobo. Iinkampu zokufunda ezenzelwe abafundi abenza ezobuGcisa neNkcubeko kwakunye neenkomfa zesiFundo ngezoBomi zibe yimpumelelo yaye iiNkqubo "zeGcisa langaPhakathi" kwiZikolo zobuGcisa neNkcubeko zinefuthe elibalulekileyo.

Kanye ngekota kutyelelwa zonke izikolo zojoliso ukuze zibekw' esweni yaye kuqinisekiswe ukuba zenza inkonzo esemgangathweni. Sibonelele ooTitshala besiFundo ngezoBomi "ngoQeqesho lomNtu woMhlaba wonke". Kukho izinto ezenziwa ngokoqobo ngabaFundi bezobuGcisa. Ootitshala boMculo nobuGcisa kwizikolo zojoliso lobuGcisa ezikhethiweyo baye kwisifundo sokuqala kwiprojekthi ye-Apple. Injongo yale projekthi kukuhlolisisa indlela eziluncedo ngayo kwezobuGcisa izixhobo ezifumaneka kumqulu weenkqubo zekhompyutha ze-Apple.

Izikolo zeSakhono

Ngo-2009 kuza kongezelelwa ezinye izikolo ezibini. Zozibini ezi zikolo ziza kuvulwa ngokusesikweni kuTshazimpunzi ka-2009, iSikolo seZakhono saseKhayelitsha neSikolo seZakhono saseCafda. Ii-SGB zethutyana ziza kulawula iimali zezi zikolo, ziqeshe ootitshala bethutyana yaye ziqalise zize zibek' esweni ucwangciso lwezikolo ezitsha. Kuza kuthathwa umyinge wabafundi abali-120 kwisikolo ngasinye kunyaka wokuqala. Kuza kuqeshwa ootitshala bethutyana baze baqeqeshwe kwikota yokuqala ka-2009.

B.10 Izibonelelo ezinemiqathango

IZAKHONO ZOBOMI: I-HIV-AIDS IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
I-KPA 1: Uthethelelo	Ukukhuthalelwa kwezicwangciso zokuqhagamshelana nokudlulisela ulwazi kuwo onke amanqanaba. Ulwazi olungelulo kunye nokugqwaliseka ngokuphathelele i-HIV/AIDS kusathe gqolo ukuqhubeka kwizikolo zethu. *Umyalezo:* Iphulo lothethelelo limele lisuke ke ngoko 'ekulumkiseni ngoGawulayo' liye ekukhuthazeni ingxoxo nothatho-nxaxheba, kuqukwe imibandela ehlobeneyo yezentlalo nengqondo nezoqoqosho efana nokusetyenziswa kakubi kweziyobisi notywala, ukukhuthazwa kokufumana iingcebiso nokuhlolwa ngokuzithandela (i-VCT), iindlela zokugcina abafundi nokuphakamisa 'ubambiswano lukarhulumente namashishini abucala' asekelwe eluntwini kwiphondo, kwizithili nasekuhlaleni. Imifuziselo epheleleyo nokucwangciswa kwemisebenzi kuza kukhuthazwa.
I-KPA 2: Ikharityhulam	Ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo wesizwe kunye nezibonelelo zeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, ukufundiswa nge-HIV/AIDS nemfundo ngemibandela yesini isisinyanzelo kuwo onke amabanga, ukusuka ku-R ukuya kwele-12. Ithagethi yephondo yokuqinisekisa ukuba ama-80% abo bonke ootitshala bezikolo zaseprayimari nama-80% ootitshala bezikolo zasekondari abafundisa isiFundo ngezoBomi baqeqeshwa kakuhle ekufundiseni izakhono ngobomi zokuphila neNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo (eyasekwa ngo-2002) ayitshintshwanga.
-KPA 3: Ubunkokheli, ulawulo nokuphatha	Uqeqesho kule nkqubo, kokubini olwamaQela okuLawulwa kweZikolo (ii-SMT) neeBhodi eziLawula iZikolo (ii-SGB), luza kunxityelelaniswa nokuPhononongwa kweSikolo Sonke, uphuhliso lwesikolo sonke, kunye nokuphuhliswa okunyanzelekileyo kweziCwangciso zokuPhuculwa kweZikolo (iiSIP) zizikolo. Uqeqesho / iifayili zezixhobo zokufundisa zilungiselelwe ukuze zisasazwe kuzo zonke izikolo yaye amaQela eeSekethe aza kuqalisa ukunikela uqeqesho.

IZAKHONO ZOBOMI: I-HIV-AIDS IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
-KPA 3: Ubunkokheli, ulawulo nokuphatha	Ngokuvumelana nomthetho i-National Education Policy Act: HIV/AIDS Policy for Educators and Learners (1996), kunyanzelekile ukuba isikolo ngasinye siqulunqe isiCwangciso saso sokuSebenza ngei-HIV/AIDS. Sindulule ukuba oku kufakelelwe kwi-SIP yesikolo ngasinye. Izikolo zikhuthazwa ukuba zichonge amaqela ezinokubambisana nawo eluntwini yaye, ukuba kufanelekile yaye/okanye kuyimfuneko, zifake abantu abanobu buchule buluncedo kwii-SGB.
I-KPA 4: Ukukhatha-lela nenkxaso	Ukuqeqeshwa 'kweZikolo njengeeNdawo zeNkathalo neNkxaso' (SNOC) kulandelwa umfuziselo we-Soul City, kwee-SGB namahlakane ezikolo, kuza kuqhubeka kusenziwa ngokusebenzisa amaQela eeSekethe. Kananjalo kuza kuqhutywa nenkqubo efanayo elungiselelwe ootitshala nayo kusetyenziswa amaQela eeSekethe, exhaswa ziingcali zengqondo noonontlalontle beSebe abangama-90 abaqeqeshelwe le njongo. Kuza kuqhutywa uqeqesho ngezifundo ezifutshane zeeNgcebiso neziqinisekiswe yi-NQF.
I-KPA 5: Ukufundisana koontanga	Nyaka ngamnye, abafundi abafundisanayo abangama-7 500 'neenkokheli eziselula' ezingama-5 000 babandakanyeke ekuphumezeni izicwangciso-qhinga zokuFundisana kooNtanga neze-loveLife kwizikolo zasesekondari ezingama-200. Kwezi, ezili-153 zixhaswa ngeNgxowa-mali yeGlobal Fund elawulwa liSebe lezeMpilo, ezingama-25 zixhaswa ngesiBonelelo esinemiQathango yaye eziseleyo zixhaswa ngemali ngamaqela azimeleyo. La maphulo mabini alawulwa ngokubambisana neSebe lezeMpilo. Inkqubo yokufundisana koontanga eqhutywa kwiiKholeji ze-FET iza kwandiswa ukuya kwiikholeji ezi-6 (amaziko ali-12 eekholeji).
Izixhobo zokuncedisa ekufundeni nasekufundiseni	I-LTSM ekuxhaseni isiFundo ngezoBomi (kwakunye nezinye izixhobo ekuxhaseni ezinye izicwangciso zeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo) ezisasazwa kuzo zonke izikolo. I-LTSM inikwa bonke abafundi ukusuka kwiBanga R – 12 ukongezelela kwii-oda zeencwadi zezikhokelo zezikolo. Oku kwenza ama-25% esabelo esimalunga ne-R13 ngomntwana ngamnye ngonyaka "kwisibonelelo esinemiqathango"). Iincwadi zemisebenzi yabafundi ziza kuqhubeka zisongezwa nyaka ngamnye. I-LTSM ikhutshwa ngazo zontathu iilwimi zeli phondo.
I-KPA 7: Ukubek' esweni, inkxaso nokuphononongа	Ootitshala baxhaswa ngokutyelelwa ezikolweni ngabaNxibelelanisi beNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo nabaSebenzi abajikelezayo abaphuma kwiziThili, bekwaxhaswa ngokuqhubekayo nangamaQela anemisebenzi eminzi eeSekethe. Ukuze kukhuthazwe ukuzithemba, isikolo ngasinye sikhethe um(aba)Nxibelelanisi beNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo. Izikolo zihlelwa ngokwamaqela eendawo ama-5-15, kunye nabaNxibelelanisi bamaQela abanyulwe ziintanga zabo, apho abanxibelelanisi bamaQela abadityanisiweyo beza kuhlanganisana bagwadle iqhinga lokuphendula ngokufanelekileyo ekuhlaleni, bachonge imingeni emitsha elijongene nayo iSebe kunye nokwabelana ngezona ndlela zingcono zokwenza izinto. Kuza kuqhutyekwa nokukhuthaza nokuphucula utyalo-mali kwiinkqubo zoqinisekiso lomgangatho nenkxaso ezicwangcisiweyo nezisekeke kakuhle.
I-KPA 8: Ulawulo nokuPhatha	Izicwangciso eziyimifuziselo zale nkqubo ziza kulawulwa ngokwesicwangciso nangokubanzi kuwo onke amasetyana namacandelo olawulo e-WCED, ngokunxulumene ngokusondeleyo neenkqubo zokwakha iziseko zentlalo neeprojekthi ezizodwa. Ngaphezu koko, injongo yokucwangcisa kakuhle iNtsholongwane kaGawulayo neminye imisebenzi yokwakha iziseko zentlalo iza kuqinisekisa ukuba le misebenzi idluliselwa kumaQela eziThili naweeSekethe ukusukela ngo-2009/10. Le nkqubo iza kugcina ujoliso lwayo kumbono wexesha eliphakathi nelide oqulethwe kwizicwangciso-qhinga zikarhulumente wesizwe nabamaphondo zika-2007-2011, apho umsebenzi wesebe leMfundo (wokuthintela) uza kulinganiswa ngokwamazinga okuxhaphaka kwentsholongwane kaGawulayo phakathi kolutsha oluneminyaka eli-15 ukuya kwengama-24. Ngenxa yoko, i-WCED ithatha inxaxheba ngozimiselo nokukhokela ekuphuhlisweni kwesicwangciso-qhinga sephondo sokusebenziana kwamacandelo ngamacandelo (ngePIDAC neBhunga elijongene noGawulayo kwiPhondo), kwanokuthatha inxaxheba ngozimiselo koomasipala.

INKQUBO YESONDLO EZIKOLWENI IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Qinisekisa ukufikelela ngokwaneleyo kwiNkqubo yeSizwe yeSondlo eziKolweni kwezikolo ekujoliswe kuzo	Ukondliwa kwabafundi abangama-335 000 kwizikolo ekujoliswe kuzo ezingama-997 zasePrayimari, eZizodwa nezeSekondari. Kuza kujoliswa kubo bonke abafundi kwizikolo zaseprayimari ezikwiqondo lokuhleleleka lesizwe loku-1 ukuya kwelesi- 3 nezo zikwiqondo lokuhleleleka lesizwe loku-1 kwizikolo zesekondari. Qhuba umasifundisane kwiindawo ezingama-500 zokwakha amandla okwenza izinto malunga nokhuseleko kokutya neegesi nezempilo. AbaPhathi bokuTya abangamavolontiya baza kukhethwa baqeqeshwe.

INKQUBO YESONDLO EZIKOLWENI IZINTO EZINGUNDOQO EZIMELE ZENZIWE 2009/10	
Qinisekisa iMfundo ngeSondlo kwizikolo ekujoliswe kuzo	Sasaza iipowusta zokufundisa ngesondlo kwizikolo ezingama-873 ekujoliswe kuzo zasePrayimari neZizodwa.
Ukuqhuba umasifundisane lokwakha amandla okukowazi ukwenza izinto malunga nokuveliswa kokutya nokwenza kube lula ukuseka iigadi zokutya kwizikolo ekujoliswe kuzo.	Qhuba umasifundisane kwiindawo ezingama- 22 lokwakha amandla okwenza izinto malunga nokuveliswa kokutya. Yenza kube lula ukusekwa kweegadi zokutya ezingama-20 kwizikolo ekujoliswe kuzo.

Uhlalutyo lweengxaki namanyathelo acetyiweyo okuzoyisa

Intsholongwane kaGawulayo/uGawulayo

UMzantsi Afrika unelona nani liphakamileyo labantu abasuleleke yiNtsholongwane kaGawulayo (HIV) ehlabathini – abantu ababeqikelelwa kwizigidi ezi-5,9 ukuya kwezi-6,5 (2005). Bangaphezu kwama-20% abantu abadala nama-30% abantu abakubudala bokufumana abantwana abasulelekayo. Kuqikelelwa ukuba ama-50% abo bonke abantu abasandul' ukwasuleleka ngabantu abaselula abaneminyaka eli-15 ukuya kwengama-25. Umsebenzi wokufundisa kukulungiselela aba bantu baselula loo ngozi, ukuze bazikhusele bangasuleleki bona nabanye. Ngokuphathelele iinkqubo, oku kuquka amacebo okuthintela ukwasulelwa yintsholongwane kaGawulayo kwabafundisi-ntsapho nabafundi, ukulawula iNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo ezikolweni, ukubonelela ngenkxaso yengqondo nezentlalo kubafundisi-ntsapho nabafundi abachaphazelekayo, nokulawula indlela ekusatyelwa ngayo xa iyonke kwiNtsholongwane kaGawulayo ukuze kukhuselwe umgangatho wemfundo.

Ngelixa iithagethi zezikolo zaseprayimari ubukhulu becala zifikelelwe, yaye zagcinwa kuloo meko, ukuqeqeshwa kootitshal besiFundo ngezoBomi kwiBanga lesi-8 ukuya kwele-12 kusengumngeni obalulekileyo – njengoko abafundi abaninzi besiyeka isikolo emva kokwenza iBanga le-9 nokuba izikolo ezininzi lo msebenzi ziwuthwalisa ootitshala abangafundisi siFundo ngezoBomi kwizikolo abakuzo. Isicwangciso-qhinga sokungenisa iNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo kwikharityhulam yonke siphinde sabuyel' ekhondweni. Injongo yoku kukuqwalasela iindlela ezifanelekileyo zokufundisa ngeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo, ukuphepha ukudinwa nguGawulayo, ukwabelana ngemisebenzi phakathi kootitshala kunye nokunabisela amathuba ngaphandle kwamagumbi esikolo, ngemisebenzi yesikolo yokuphuhlisa uluntu lwasekuhlaleni.

Qaphela ukuba iiNdlela zokuLinganisa iNtsebenzo zePhondo (iiPPM) ezisetyenziswe kwiminyaka edluleyo – ezazijoliswe kakhulu kumanani ootitshala abaqeqeshiweyo kodwa zasilela ukubonisa umlinganiselo opheleleyo wokuphunyezwa kweenkqubo, umgangatho nokusebenza kolo qeqesho nokuba iyatshintsha na indlela yokuziphatha – ziyekiwe. Uvavanyo lwangaphandle lokuhlolelwa iNtsholongwane kaGawulayo olwenziwa emva kokufumana umntwana kubantu abasandul' ukungena kubuntu obudala <kweminyaka eli-19 ubudala (nabaneminyaka engama-20 ukuya kwengama-24) sisalathisi esiluncedo kakhulu sokubona ukusebenza kwenkqubo – ukuba imfanelo yeendlela zokuthintela iNtsholongwane kaGawulayo kulutsha ilele emagxeni eMfundo ubukhulu becala.

Nakuba kuhle ngama-50% ukuxhaphaka kweNtsholongwane kaGawulayo kulutsha kwisithuba seminyaka emine ukuya ku-2007, isengundoqo into yokuba i-WCED ichonge amacebo athe aba ngawona aphumelelayo, ize ke iwaqinise wona. Kucacile ukuba ukujolisa kweSebe kwisicwangciso-qhinga sexesha eliphakathi ukuya kwelide kuyenze yakwazi le nkqubo ukwandisa ixabiso lotyalo-mali lwesibonelelo sayo esinemiqathango (CG) nefuthe laso.

Inkqubo yeSondlo eZikolweni

Sithetha nje kuhlolisiswa iziniki-maxabiso ngenxa yamaxabiso okutya emba eqolo. Ukuphononongwa ngokutsha kwamaqondo okuhleleleka elizweni kungenza ukuba eli phondo lijongane nemingeni eyahlukileyo.

ST801	IiNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene noko – lindlela ezingundoqo					
	2006/07 Eyona-yona	*2007/08 Eyona-yona*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*	*2011/12 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKWENKQUBO ENGAPHANTSI (R'000)						
8.1 Iintlawulo kwi-SETA	3,756	3,944	4,258	4,604	4,926	5,256
8.2 Iiprowujekthi zezibonelelo ezinemiqathango	11,872	13,001	13,847	14,626	15,420	16,345
8.3 Iimviwo zangaphandle	63,124	64,442	80,779	90,615	96,141	101,654
8.4 Ukuqeqeshwa kootitshala	1,868	1,909	1,905	2,000	2,104	2,203
8.5 iKapa Elihlumayo	120,225	111,702	116,641	121,890	129,203	136,955
ITOTALI	**200,845**	**194,998**	**217,430**	**233,735**	**247,794**	**262,413**
IINTLAWULO NGOKUHLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)						
Intlawulo yalo nyaka	87,197	88,070	109,974	121,389	128,549	135,786
Imbuyekezo yabasebenzi	41,321	47,407	49,693	60,439	64,585	68,830
Ootitshala	22,313	24,178	25,344	30,824	32,939	35,104
Abo bangengabo ootitshala	19,008	23,229	24,349	29,615	31,646	33,726
Iimpahla neenkonzo nezinye zalo nyaka	45,876	40,663	60,281	60,950	63,964	66,956
Edluliselweyo noncediso-mali	113,557	106,892	107,366	112,346	119,245	126,627
Iintlawulo zezinto zexabiso ezinkulu	91	36	90	0	0	0
ITOTALI	**200,845**	**194,998**	**217,430**	**233,735**	**247,794**	**262,413**
UKUQESHWA KWABASEBENZI						
Inani looTitshala (abaqeshwe ngurhulumente) (a)	18	19	10	10	10	10
Inani labo bangengabo ootitshala	118	234	117	117	117	117
► IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO						
► PPM801: IiNkqubo zeZakhono zoBomi ne-HIV/AIDS: Ipesenti yonyaka yamanqanaba okunwenwa kwe-HIV phakathi kolutsha oluneminyaka eli-15 ukuya kweli-19 (8,7 ngo-2003, 7,2 ngo-2005)	5.6%	4.3%	Iinkcukacha azikakhuthswa okwangoku yi-DOH	4.7%	4.4%	4.1%
► PPM802: Inani lezikolo zikarhulumente ezinendawo ubuncinane enye yeekhompyutha ukwenzela ukufundisa nokufunda	725	950	1,070	1,239	1,390	1,537

B.9 Ukusetyenziswa kotyalo-mali kulwakhiwo, ukulungiswa nesicwangciso sokulawulwa kwezinto zexabiso

Iiprojekthi ezintsha, izinto eziphuculiweyo nokuvuselelwa

Iiprojekthi ezilandelayo ziza kugqitywa ngo-2009/10:
Amagumbi okufundela (ngezitena) ongeziweyo kwizikolo ezikhoyo (15); Iiprojekthi zamaGumbi ococeko (8); izakhiwo zoLawulo (3 Primary); izakhiwo zeeForamu (3 iiPrayimari, 3 iiSekondari)

Ezi zilandelayo ziinkcukacha zeeprojekthi:

Uhlobo lweProjekthi	Inani leeprojekthi	Igama leprojekthi
Iiprojekthi zokwakhiwa kwezikololo	Izikolo zaseprayimari –5	Vredenburg PS, Zwelihle PS, Avian Park PS, Nomzamo PS, Westlake PS
	Izikolo zasesekondari – 3	Wellington SS, Wallacedene SS, Gansbaai SS
	Izikolo ezizodwa – 1	Isikolo saseTafelberg
Amagumbi okufundisela njengenxalenye yesi-kolo esitsha okanye iiprojekthi ezahlukileyo	Amagumbi okufundela kwizikolo zaseprayimari – 193	Amagumbi okufundela kwizikolo ezitsha: Vredenburg PS (22), Avian Park PS (32) , Zwelihle PS (32), Nomzamo PS (30), Westlake PS (17) Amagumbi okufundela asisigxina: (60) Bloekombos PS (6), Gordons Bay PS (3), Marine PS (3), FJ Conradie PS (2), Chris Nissan PS (4), Kleinmond PS (3), Heidedal PS (6), Gansbaai PS (2), Stawelklip PS (5), Lukhanyo PS (8), Thembalethu PS (6), Meulenhof PS (6) Amagumbi okufundela asuswayo:
	Amagumbi okufundela kwizikolo zesekondari-142	Amagumbi okufundela ezikolo ezitsha: Bloekombos SS (35), Wellington SS (35), Wallacedene SS (35), Gansbaai SS (22) Amagumbi okufundela asisigxina: (15) Masibambisane SS (7), Waveren SS (8),
	Amagumbi okufundela kwiZikolo eziZodwa – 46	Amagumbi okufundela ezikolo ezitsha: Isikolo saseTafelberg (40) Amagumbi okufundela asisigxina: Isikolo saseKaritas (6)
Ukubekwa ngokutsha kwamagumbi okufundela asuswayo	75	Ngexesha athi afumaneke ngalo amagumbi okufundela kuza kuchongwa indawo entsha aza kusiwa kuyo.
Iiforamu	Iiforamu kwizikolo zaseprayimari – 3	De Heide PS,, Plantation Road PS, Siyazakha PS
	Iiforamu kwizikolo zesekondari – 3	Diazville SS, Indwe SS
Izindlu zangasese	Izikolo zaseprayimari-160	Vredenburg PS (37), Avian Park PS (35), Nomzamo PS (35), Westlake PS (20), Zwelihle PS (35)
	Izikolo zesekondari –115	Wellington SS (38), Wallacedene SS (37), Gansbaai SS (40)
Iiprojekthi zophuculo	Izikolo zaseprayimari – 1	Cloetesville PS, Klapmuts
	Izikolo ezizodwa – 1	

IIPROJEKTHI EZIZA KUQALISWA NGO-2009/10	
Izikolo eziza kukhutshelwa iziniki-maxabiso	Cloetesville PS, Blue Downs PS, New Eisleben SS
Izikolo ezigqityiweyo ezicwangciso zazo nezilindele ukuba kufumaneke iimali zokusebenza	Northpine SS (eNorthpine, eBrackenfell), Brackenfell SS, (eBrackenfell), Delft N2-Gateway PS No 1 (eDelft), Delft N2-Gateway PS No 2 (eDelft), Delft N2-Gateway SS No 1 (eDelft), Delft N2-Gateway SS No 2 (eDelft), Boystown SS, (eCrossroads)

Ukulungiswa kwezakhiwo kwisithuba se-MTEF (2009/10 ukuya ku-2011/12)

Inani leeprojekthi	Uhlahlo lwaBiwo-mali Olukhoyo R'000
240	Izigidi ezingama-R284,408

Kufakwe isicelo semali eyongezelelekileyo kooNondyebo bePhondo ukuze kukhawulelwane nayo yonke intsilelo (intsilelo kumagumbi okufundela akhoyo nokulungiswa). Ingqikelelo yoxwebhu lweziniki-maxabiso yeyokuba yonke intsilelo ekhoyo iza kuthatha isithuba seminyaka eli-10 ukuze ipheliswe. Le ngqikelelo ayinakuphunyezwa ngemali elindeleke kunyaka-mali ka-2009/10.

Olunye uqikelelo lolokuba kubekwe ixabiso leebhiliyon ezili-15 zeerandi kwiipropati ezingenakufuduswa zezikolo eNtshona Koloni kwaye umyinge wesi-2 sayo ufanele ufumaneke minyaka le ukwenzela ukulungiswa okucwangcisiweyo. Kuqikelelwa ukuba iindleko zokwakha ziza kunyuka nge-12, ngonyaka. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ulwabiwo olwenzelwe ukulungisa okucwangcisiweyo olungaphantsi kwezigidi ezingama-300 eerandi ngonyaka ngokuqinisekileyo luza kuqinisekisa ukuba izitokhwe ezikhoyo zezikolo ziza kuthi gqolo ukonakala nokuba indleko yokulungisa eso sitokhwe iza kuthi ke nayo inyuke.

Ukulawulwa kweziNto zeXabiso

Izinto zexabiso ezingenakususwa

I-WCED isebenzisa iNkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo (EMIS) neNkqubo yokuLawulwa kweziNto Ezisetyenziswayo zeMfundo zeSizwe (NEIMS), iinkqubo ezaneleyo ekulawuleni izinto zexabiso ezingenakususwa.

Izinto zexabiso ezinokususwa

I-Ofisi eliKomkhulu neziThili (kuquka ii-ofisi ezinxibelelene neziThili). Ngokuphathelele izinto zexabiso ezinokususwa i-WCED yaseka iyunithi yokulawulwa kwezinto zexabiso. Le yunithi yenye yeentsika zeYunithi yokuBonelela ngeeMpahla. Yonke ifenitshala nezixhobo ezisetyenziswa kwezi ofisi zithengwa kwi-ofisi elikomkhulu zize zifakwe kuluhlu lwezinto zexabiso ngokuvumelana neemfuneko ezichazwe ngooNondyebo beSizwe. Minyaka le kuhlolwa isitokhwe sazo zonke izinto zexabiso ezinokususwa, ngokwemiyalelo yooNondyebo. Ukuhlolwa kwesitokhwe konyaka-mali ka-2008/09 kuyaqhubeka.

Kuthathwe la manyathelo alandelayo ukuze kuqinisekiswe ukuthembeka kolwazi oluqokelelweyo oluxhasa ukusetyenziswa okufanelekileyo kwerejista yezinto zexabiso elandela imigangatho yocwangciso-mali neqinisekisa ungqinelwaniso olufanelekileyo, olunocikizeko noluchanekileyo lwenkcazo.

(a) kuhlolwa isitokhwe liSebe ubuncinane kanye ngonyaka njengoko kuyalelwe kwiMimiselo kaNondyebo
(b) kuhlolwa isitokhwe kwisithuba seenyanga ezintandathu ngenxa yokuba ninzi kwezi mpahla
(c) uluhlu lwezinto lusayinwa ngamagosa anemfanelo yokwenjenjalo luze lungqinisiswe ngooManejala bamaZiko eNdleko
(d) kukhutshwa iisetyhula ngokuvumelana nesaHluko se-10 seMimiselo kaNondyebo
(e) iinkqubo zokuthenga impahla yexabiso zithiwe thaca kwiNkqubo yeGosa loCwangciso-mali
(f) ungqinelaniso lwezinto ezithengiweyo ezikwi-LOGIS kunye nenkcitho ekwi-BAS lwenziwa rhoqo ngenyanga
(g) irejista yempahla yexabiso iqulethe yonke inkcazelo efunekayo ngokutsho kweMimiselo kaNondyebo

Iindlela eziye zamiselwa ukuze kuqinisekiswe ukuba kukho inkqubo esebenza kakuhle yokuchonga, ukulondoloza, ukubek' esweni nokugcina iingxelo zezinto zexabiso ezinokususwa zezi zilandelayo:

(a) zonke izinto zexabiso zifakwe ibha-khowudi, zaphawulwa ngokuthi “RSA” zaza zarekhodishwa kuluhlu lweempahla
(b) zonke iimpahla zexabiso zibonisiwe kwirejista yeempahla zexabiso ezinokususwa kuzo zonke iindidi zeempahla zexabiso eziboniswe nguNondyebo yaye zinikwe iinombolo ezahlukileyo (iibha-khowudi)
(c) ooManejala bamaZiko eeNdleko banoxanduva lokulondoloza izinto zexabiso eziphantsi kwabo
(d) zonke izinto zexabiso ezinokususwa zirekhodishwe kuluhlu lwezinto ngokweziko lendleko nendawo ezikuyo. Uluhlu lwezinto luqinisekiswa njengoluchanekileyo ngooManejala bamaZiko eeNdleko. Luthi ke olu luhlu lugcinwe kwindawo ebonakalayo kwindawo nganye.

Izikolo

Zonke izinto ezithengwe zizikolo ngokwazo zakhutshwa kwiRejista yeziNto zeXabiso ye-LOGIS ngenxa yokuba, ngokutsho komthetho i-South African Schools Act, 1996 (uMthetho No 84 ka-1996), zigqalwa njengoluhlu lwezinto zezikolo. Ngoko ke, izikolo ziza kufaka ingxelo yezi zinto zikuluhlu kwiingxelo zemali ezizingenisayo zonyaka. IRejista yeziNto zeXabiso ye-LOGIS ibonisa kuphela uluhlu lwezinto ze-Ofisi eliKomkhulu ye-WCED kwakunye neziThili neendawo ezizisebenzisela iinkonzo zazo. Izikolo ziyekile ukufumana iintlawulo ezidluliselwayo ukuze zithenge ifenitshala nezixhobo. Endaweni yoko, izikolo zizithengelwa ezi zinto yi-WCED kuze kudluliselwe izinto zexabiso kuluhlu lwezikolo.

Izicwangciso ngokubhekisele kwizinto zexabiso ezinokususwa, ezifana nezithuthi

Ubonelelo, ukurhoxiswa nokutshintshwa kwezithuthi ezidala kunye/okanye ezonakeleyo ezikwiGaraji kaRhulumente (GG) zilawulwa liSebe lezoThutho lePhondo (iziThuthi zikaRhulumente). Likwaqinisekisa nokukhutshwa kweelayisenisi zezithuthi, ukulungiswa nokugalelwa kwamafutha, ngokunjalo nokugcinwa kwerejista yezinto zexabiso kwiNkqubo yeeNkcukacha zeziThuthi. Kananjalo liqulunqa nomgaqo-nkqubo wephondo ngokuphathelele ukusetyenziswa kwezithuthi ezikwi-GG. I-WCED iqinisekisa ukuba lo mgaqo-nkqubo wephondo uyalandelwa. Kananjalo ligcina irejista yezithuthi ezisetyenziswa yi-WCED, libek’ esweni izithuthi ezisetyenziswayo ngokusebenzisa amaphepha okurekhoda ukuhamba kwesithuthi nokuqinisekisa ukuba izithuthi zifanelekile ukuba sendleleni nokuba zilungiswa ngokufanelekileyo. Izithuthi ezikhoyo ngoku, kwakunye nesibonelelo sezithuthi zamagosa afanelekayo azifumene ngoncediso-mali, ziyakhawulelana neemfuno zangoku ze-WCED. Isibonelelo soncediso-mali lokuthenga izithuthi sirhoxisiwe ngeSetyula No. 179/2003 yomhla we-10 kweyoMsintsi 2003, njengoko kwathi kwafumaniseka ukuba siziindleko kakhulu kunenkqubo yezithuthi zikarhulumente.

ICANDELO C: IITHAGETHI ZEKOTA NEZONYAKA

ICandelo C lesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka sibonelela ngeethagethi zekota nezonyaka zeendlela zokulinganisa intsebenzo ngo-2010/11

Inkqubo Inkqubo engaphantsi Iindlela zokulinganisa intsebenzo	Iithagethi zika-2009/10 ngokwesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka	Ikota yoku-1 Imveliso ecetyiweyo	Ikota yesi-2 Imveliso ecetyiweyo	Ikota yesi-3 Imveliso ecetyiweyo	Ikota yesi-4 Imveliso ecetyiweyo
IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO YEENKQUBO (Ezilungiselelweyo: Ezingqamene nesizwe) IIMVELISO ZEKOTA					
INkqubo 1: ULawulo					
PM007: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yokukhuthaza ukufunda nokubhala i-Kha Ri Gude	7 262	Le yinkqubo yesizwe			
PM008: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yePhondo yokukwazi ukufunda nokubhala (ngaphandle kwe-Kha Ri Gude)	Asiyonkqubo yephondo ngo-2009				
PM101: Inani lezikolo ezisebenzisa i-SA-SAMS ekuboneleleni ngolwazi kwinkqubo yesizwe yokulanda umkhondo wabafundi kwithuba lengxelo	Kufikelelwe ithagethi				
PM102: Inani lezikolo eziqeqeshwe ngokupheleleyo kwiimodyuli zobhaliso ezingundoqo kwiNkqubo yokuPhathwa nokuLawulwa kweZikolo kwithuba lengxelo (iiNkcukacha ngeSikolo, iiNkcukacha ngabaFundi neeNkcukacha ngooTitshala)	850	50	200	100	500
PM103: Inani lezikolo elinokuqhagamshelana nazo ngobuxhaka-xhaka beekhompyutha (nge-imeyil) isebe eli	Kufikelelwe ithagethi				
PM106: Ipesenti yenkcitho yangoku eya kwizinto zesikolo ezingenakuthanani nabasebenzi	22.7%	22.7%	18.1%	28.6%	26.1%
INkqubo 2: Izikolo zikaRhulumente zesiQhelo					
PM201: Inani labafundi abaxhamla kwinkqubo yesondlo ezikolweni	335,000	335,000	335,000	335,000	335,000

Inkqubo Inkqubo engaphantsi Iindlela zokulinganisa intsebenzo	Iithagethi zika-2009/10 ngokwesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO YEENKQUBO (Elungiselelweyo: Ezingqamene nesizwe) IINDLELA ZOKULINGANISA ZONYAKA	
Icandelo leMfundo lePhondo	
PM001: Ipesenti yabantu abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 abahamba isikolo	99.3%
PM002: Ipesenti yabantu abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 abafunda kumaziko emfundo	84%
PM003: Inkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bahluphekileyo kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka loku-1 njengepesenti yenkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bangahluphekanga kangako kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka lesi-5	396%
PM004: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga lesi-9	69.3%
PM005: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga le-12	13.4%
PM006: Umlinganiselo wabantu abadala abafundileyo	86.2%
INkqubo 1: ULawulo	
PM104: Ipesenti yamabhinqa asebenza ezi-ofisini akwiziKhundla zokuLawula eziPhezulu	35%
PM105: Ipesenti yamabhinqa aziinqununu zezikolo	33%
INkqubo 2: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente zesiQhelo	
PM 202: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaneemfuno ezizodwa	13,268
PM203: Inani lezikolo ezineenkonzo eziphelelelyo kwiphondo	68
PM204: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenaso isibonelelo samanzi	0
PM205: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenawo umbane	0
PM206: Inani lezikolo ezingenazo izindlu zangasese ezisebenzayo	0
PM207: Itotali yesabelo sohlahlo lwabiwo-mali sikarhulumente sokulungiswa kwezinto okucwangcisiweyo ngokwepesenti yexabiso lezakhiwo nezinto ezisetyenziswayo zesikolo	0.4%

Inkqubo Inkqubo engaphantsi Iindlela zokulinganisa intsebenzo	Iithagethi zika-2009/10 ngokwesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
INkqubo 2: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente zesiQhelo (iyaqhubekeka)	
PM208: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zaseprayimari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-40 iklasi nganye	0
PM209: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zasesekondari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-35 iklasi nganye	0
PM210: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ekuthe zonke ii-LTSM nezinye izixhobo ezifunekayo zasiwa ezikolweni ngosuku lokuqala lonyaka wokufunda ngokwe-oda yazo	1,455
2.1 Izikolo zikaRhulumente zasePrayimari	
PM211: Ipesenti yabafundi abakwiBanga lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo sokuBala ngamaNani	50%
PM212: Ipesenti yabafundi abakwiBanga lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo sokuFunda nokuBhala	50%
PM213: Umlinganiselo wendlela abaqhuba ngayo abafundi abangama-20% kwezona zikolo zihluphekileyo zikwiqondo loku-1 lokuhleleleka xa kuthelekiswa nama-20% kwizikolo ezingahluphekiyo ezikwiqondo lesi-5 kwiBanga lesi-3	NDoE
PM214: Ipesenti yabafundi beBanga lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo seeLwimi	50%
PM215: Ipesenti yabafundi kwiBanga lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo seMathematika	50%
2.2 Izikolo zikaRhulumente zaseSekondari	
PM216: Ipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele iMathematika kwiBanga le-12	50%
PM217: Ipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele ezeNzululwazi zeBanga le-12	28%
PM218: Umlinganiselo wendlela abaqhuba ngayo abafundi abangama-20% kwezona zikolo zihluphekileyo zikwiqondo loku-1 lokuhleleleka xa kuthelekiswa nama-20% kwizikolo ezingahluphekiyo ezikwiqondo lesi-5 kwiBanga le-12	0.78

Inkqubo Inkqubo engaphantsi Iindlela zokulinganisa intsebenzo	Iithagethi zika-2009/10 ngokwesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2.2 Izikolo zikaRhulumente zeSekondari (iyaqhubekeka)	
PM219: Izinga lokuphumelela leBanga le-12	80%
PM220: Izinga lokuphumelela leBanga le-12 kwiMathematika	67%
PM221: Izinga lokuphumelela leBanga le-12 kwezeNzululwazi	71%
PM222: Inani labafundi abaxhamlayo kwinkqubo yasimahla yokuthuthwa kwabafundi	46,500
PM223: Inani labafundi abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo wezikolo “ezingaHlawulisiyo”	346,139
INkqubo 3: Uncediso-mali lweZikolo eziziMeleyo	
PM301: Inani lezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ezithe zatyelelwa ngeenjongo zokuzibek’ esweni	45
PM302: Inani labafundi kwiZikolo Ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali	18,432
INkqubo 4: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente Ezizodwa	
PM401: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 abangabhaliswanga kumaziko emfundo	204
PM402: Inani labafundi ababhaliswe kwiZikolo eziZodwa	17,110
INkqubo 5: Imfundo noQeqesho oluQhubekekayo	
PM501: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiikholeji zikarhulumente ze-FET	11,970
PM502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiinkalo zobugcisa	5,027
PM503: Inani labafundi abafakwe kwizifundo zokuqeqeshwa emsebenzini kwikholeji ye-FET	6,500
INkqubo 6: Imfundo noQeqesho olunguNdoqo lwabaNtu abaDala	
PM601: Inani labafundi bakwa-ABET kwiphondo	42,500
INkqubo 7: Uphuhliso lwabaNtwana kwasekuQaleni	
PM701: Inani labafundi beBanga R kwizikolo zikarhulumente	43,932
PM702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu kumaziko emfundo	linkcukacha ezisisiseko azifumaneki

Inkqubo Inkqubo engaphantsi Iindlela zokulinganisa intsebenzo	Iithagethi zika-2009/10 ngokwesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
EZETHU IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO (Ezilungiselelweyo – Ezingqamene nePhondo) IIMVELISO ZONYAKA	
INkqubo 5: Imfundo noQeqesho oluQhubekekayo	
PPM501: Inani leebhasari zokufunda ezinikwe abafundi kwiikholeji ze-FET	10,000
INkqubo 6 Imfundo noQeqesho olunguNdoqo lwabaNtu abaDala	
PPM601: Inani labafundi bakwa-ABET ababhaliselwe ukuya kwii-FET	21,845
INkqubo 7: Uphuhliso lwabaNtwana kwasekuQaleni	
PPM701: Inani lootitshala ababhalisele inkqubo yokuqeqeshelwa i-ECD emsebenzini (isiqinisekiso esipheleleyo)	4,000
INkqubo 8: Iinkonzo zoNcediso neziNxulumene nazo	
8.2 Iiprojekthi zeziBonelelo ezinemiQathango	
PPM801: Iinkqubo zeZakhono zoBomi ne-HIV/AIDS: Ipesenti yonyaka yamanqanaba okuxhaphaka kwe-HIV phakathi kolutsha < kweminyaka eli-19.	4,7%
8.5 iKapa Elihlumayo	
PPM802: Inani lezikolo zikarhulumente kwiphondo ezinendawo ubuncinane enye yeekhompyutha zokufundisa nokufunda.	1,239

ISIHLOMELO A: IINDLELA ZOKULINGANISA INTSEBENZO

Esi sihlomelo sidwelisa iindlela ezingundoqo zokulinganisa intsebenzo (ii-PM) ekuvunyelenwe ngazo kuzwelonke. Kwindlela nganye yokulinganisa intsebenzo, kunikwe inani, inkcazo emfutshane kwakunye nenkcazo ethande ukuba nde.

PM 001: Ipesenti yabantu abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 abahamba isikolo

Inkcazo:
Le yipesenti yabantwana abaneminyaka yesinyanzelo yokuya esikolweni kweli phondo abayayo esikolweni. Le ndlela yokulinganisa intsebenzo ibonisa indlela afezekiswa ngayo ngempumelelo amalungelo okufunda abantwana, njengoko echazwe kuMgaqo-siseko, nenqanaba othotyelwa ngalo uMthetho iSouth African Schools Act obhekiselele kwimfundo yesinyanzelo.

Imithombo yeenkcukacha
- INkqubo yokuLawulwa koLwazi oluPhathelele iMfundo (EMIS): uVavanyo lweZikolo lwamiNyaka le (ASS)
- Ii\ngqikelelo zaBemi zaPhakathi eNyakeni ze-StatsSA

PM 002: Ipesenti yabantu abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 abafunda kumaziko emfundo

Inkcazo nenjongo
Le iyafana ne-PM 001, ngaphandle kokuba le ndlela yokulinganisa intsebenzo ibhekisela kubantwana abadadlana abafunda kulo naluphi na uhlobo lweziko lemfundo. Le yipesenti yabemi abakweli phondo abaneminyaka eli-16 ukuya kweli-18 abafunda kwiziko lemfundo (kuquka izikolo, iiKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekekayo njl njl). Le ndlela ibonisa ukuba uphumelela kangakanani na urhulumente nelizwe ekuboneleleni ngezikolo nezinye iintlobo zemfundo kwinqanaba elingentla kwelemfundo engundoqo. Nakuba uMgaqo-siseko ungatsho ukuba imfundo kubantu abakobu budala lilungelo labo elingundoqo, usamnyanzela urhulumente ukuba enze imfundo eqhubekekayo ifumaneke yaye ifikeleleke kulutsha lwethu.

Umthombo weenkcukacha
I-Ofisi yeeNkcukacha-manani yoMzantsi Afrika, uVavanyo Gabalala lwamaKhaya (i-GHS)

PM 003: Inkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bahluphekileyo kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka loku-1 njengepesenti yenkcitho karhulumente engeyoyabasebenzi kuma-20% abona bafundi bangahluphekanga kangako kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka lesi-5

Inkcazo nenjongo
Le yinkcitho karhulumente engenakuthanani nabasebenzi echithwa kwisinye esihlanwini sabona bafundi bahluphekileyo njengepesenti yenkcitho karhulumente kwisinye esihlanwini sabangahluphekanga. Ngeminyaka yokugqibela yocalucalulo, le pesenti yayimalunga nama-20, ngamany' amazwi, nge-R1 nganye eyayichithwa kubafundi abangahluphekanga, i-R0.20 yayichithwa kubafundi abahluphekayo. Injongo karhulumente kukunyusa le pesenti ibe ngaphezu kwe-100 kuwo onke amaphondo. Zininzi izinto ezibangela le pesenti inyuke isihla: imigaqo-nkqubo karhulumente yokubonelela ngezithuba nokwabiwa kwezikolo ethambekele ngakwabahluphekileyo; iinkqubo zikarhulumente zokwakhiwa kwezikolo (zinyusa ipesenti); iingxaki ekutsaleleni ootitshala kwiindawo ezisemaphandleni (ezi zinto zibangela le pesenti ihle).

Le ndlela yokulinganisa ibalwa ngokulula kakhulu xa kusetyenziswa iinkcukacha zolwabelo lomfundi ngamnye. Ngoko ke, ukubala inkcitho engenakuthanani nabasebenzi yabafundi ekujoliswe kubo, kucetyiswa ukuba kusetyenziswe isabelo somfundi ngamnye esisetyenziswa liSebe.

Oku kuthetha ukuba le ndlela yokulinganisa ayizi kuquka inkcitho yezinto ezinkulu kubafundi ekujoliswe kubo yaye ke ngoko ayifani ncam naleyo ichazwe kwisihloko seNdlela yokuLinganisa iNtsebenzo. Oku kuphambuka kwisihloko se-PM kwenza kube lulana ukubala le Ndlela yokuLinganisa iNtsebenzo.

Imithombo yeenkcukacha
- Isabelo somfundi ngamnye
- Uluhlu lokuSetyenziswa kobuTyebi ngokweeThagethi

- Intetha yoHlahlo Lwabiwo-mali lwePhondo

PM 004: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga lesi-9

Inkcazo nenjongo

Ixabiso elikhulu lale ndlela yokulinganisa intsebenzo li-100. Oku bekungaba njalo ukuba bonke abantu abadala kubemi bebeliphumelele iBanga le-9 okanye olunye uhlobo lwemfundo olukumgangatho ofanayo. Njengoko abaninzi kuluntu lwethu befunda, ixabiso lale ndlela yokulinganisa intsebenzo lifanele linyuke. Sifanele silindele ukunyuka okuthe chu kwamanani, njengoko kuthatha iminyaka esi-9 yemfundo yesinyanzelo.

Ngale ndlela yokulinganisa kuzanywa ukuhlola izinga lokugqitywa kwemfundo yesinyanzelo, ibanga 1-9. UMgaqo-siseko wethu uyaliqinisekisa ilungelo lomntu wonke lemfundo engundoqo. Ngenxa yezizathu zamalungelo abantu, kodwa kwanangenxa yezizathu zophuhliso lwezoqoqosho, le yindlela ebalulekileyo kurhulumente yokulinganisa intsebenzo. Injongo yethu ifanele ibe kukufikelela i-100% kwimfundo engundoqo.

Umthombo weenkcukacha

I-Ofisi yeeNkcukacha-manani yoMzantsi Afrika, uVavanyo Gabalala lwamaKhaya (GHS)

PM 005: Ipesenti yabantu abadala abaphumelele iBanga le-12

Inkcazo nenjongo

Ixabiso elikhulu lale ndlela yokulinganisa intsebenzo li-100. Oku bekungaba njalo ukuba bonke abantu abadala kubemi bebeliphumelele iBanga le-12 okanye olunye uhlobo lwemfundo olukumgangatho ofanayo. Njengoko abaninzi kuluntu lwethu befunda, ixabiso lale ndlela yokulinganisa intsebenzo lifanele linyuke. Sifanele silindele ukunyuka okuthe chu kakhulu kwamanani, njengoko kuthatha iminyaka emininzi yokufunda no-ABET ukutshintsha yonke imigangatho yemfundo kubo bonke abemi abangabantu abadala.

Umthombo weenkcukacha

I-Ofisi yeeNkcukacha-manani yoMzantsi Afrika, uVavanyo Gabalala lwamaKhaya (GHS)

PM 006: Umlinganiselo wabantu abadala abafundileyo

Inkcazo nenjongo

Le yipesenti yabantu abadala abakwaziyo ukubhala nokufunda, ubuncinane kumgangatho ongundoqo. UMgaqo-siseko wethu uyaliqinisekisa ilungelo lemfundo engundoqo kubo bonke abantu abadala ababevinjwe eli lungelo ngaphambili. Ngenxa yezizathu zamalungelo abantu, kodwa kwanangenxa yezizathu zophuhliso lwezoqoqosho, le yindlela ebalulekileyo kurhulumente yokulinganisa intsebenzo. Injongo yethu ifanele ibe kukufikelela umlinganiseko we-100% wabantu abadala abafundileyo.

Kwingxelo eyenziwa yiKomiti yabaPhathiswa (DoE: 2006) malunga nokukwazi ukuFunda nokuBhala, umntu uchazwa njengofundileyo ukuba uphumelele ubuncinane iminyaka esixhenxe yemfundo (okuthetha ukuba ugqibe imfundo yaseprayimari). Umntu uchazwa njengongafundanga ukuba uyeke isikolo engekaligqibi ibanga lesi-7. Umntu uchazwa njengongafundanga ngokupheleleyo ukuba akazange ayifumane kwantlobo imfundo.

Umthombo weenkcukacha

I-Ofisi yeeNkcukacha-manani yoMzantsi Afrika, uVavanyo Gabalala lwamaKhaya (GHS)

PM 007: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yokukhuthaza ukufunda nokubhala i-Kha Ri Gude

Inkcazo nenjongo

Esi salathisi silinganisa uthatho-nxaxheba lwabantu abadala kwinkqubo yokufunda nokubhala ye-Kha Ri Gude. Ngokutsho kwamanani asemthethweni aphuma kwi-STATSSA, bazizigidi ezi-4.7 abantu eMzantsi Afrika, abangafundanga. Ngoko ke, le ndlela yokulinganisa ifanele ichazwe ngokuthelekiswa neethagethi ezibekelwe isizwe sonke.

Umthombo weenkcukacha

UmLawuli weNkqubo (weSizwe)

PM 008: Inani labo bathatha inxaxheba kwiphulo/inkqubo yePhondo yokukwazi ukufunda nokubhala (ngaphandle kwe-Kha Ri Gude)

Inkcazo nenjongo

Esi salathisi silinganisa uthatho-nxaxheba lwabantu kwinkqubo yokufunda nokubhala yephondo ngokwalo, (ngaphandle kwephulo lokufunda nokubhala le-Kha Ri Gude). Le ndlela yokulinganisa ifanele ichazwe ngokuthelekiswa neethagethi ezibekelwe iphondo.

Umthombo weenkcukacha

UmLawuli weNkqubo wePhondo wokuFunda nokuBhala/ABET

Ukumisela iiThagethi

Ekumiseleni iithagethi zephondo kwisiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (i-APP) ukwenzela le ndlela yokulinganisa, amaSebe eMfundo amaPhondo (ii-PED) kufuneka aqinisekise ukuba intsilelo ithini na ngokubhekisele ekufundeni nasekubhaleni. Sebenzisa amanani afumaneka kwi-PM006 ukukunceda ekumiseleni iithagethi.

PM 101: Inani lezikolo ezisebenzisa i-SA-SAMS ekuboneleleni ngolwazi kwinkqubo yesizwe yokulanda umkhondo wabafundi kwithuba lengxelo

Inkcazo nenjongo

INkqubo yokuPhathwa nokuLawulwa kweZikolo zoMzantsi Afrika (SA SAMS) yinkqubo eyilwe nesebenza ngekhompyutha kazwelonke eyenza izikolo zikwazi ukucwangcisa nokusebenzisa ulwazi ezinalo ngabafundi, abasebenzi, izakhiwo nemali ngokufaneleke kakhulu. I-SA SAMS iza kuphucula amandla ezikolo okukwazi ukwenza izicwangciso yaye ngenxa yoko kunokulindelwa ukuba ezi zikolo zinikezele ngenkonzo engcono.

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo (EMIS) - kwiPhondo

PM 102: Inani lezikolo eziqeqeshwe ngokupheleleyo kwiimodyuli zobhaliso ezingundoqo kwiNkqubo yokuPhathwa nokuLawulwa kweZikolo kwithuba lengxelo (iiNkcukacha ngeSikolo, iiNkcukacha ngabaFundi neeNkcukacha ngooTitshala)

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo eziqeqeshiweyo kwiimodyuli zobhaliso ezingundoqo kwi-SA SAMS. Iimodyuli zobhaliso ezingundoqo ziimodyuli ezisisiseko ezisetyenziswayo ekufakeni ekhompyutheni uLwazi oluphathelele iSikolo, umFundi noTitshala. Iinkcukacha ezikwezi modyuli zibaluleke kakhulu kwiNkqubo yokuRekhodisha iNkqubela nokuLanda umKhondo womFundi ngamnye (LURITS).

Kwilinge lokuqinisekisa ukuphathwa nokulawulwa okusemgangathweni kwezikolo, iSebe leMfundo leSizwe liqulunqe inkqubo, iNkqubo yokuPhathwa nokuLawulwa kweZikolo zoMzantsi Afrika (SA-SAMS), eza kuphucula ukuphathwa nokulawulwa kwezikolo. Le nkqubo ingakwazi ukuthatha uluhlu lweenkcukacha ezahlukeneyo ngokuphathelele abafundi, ootitshala nohlahlo lwabiwo-mali lwesikolo.

Umthombo weenkcukacha

UmLawulo weNkqubo kwiNkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo (EMIS) - kwiPhondo

PM 103: Inani lezikolo elinokuqhagamshelana nazo ngobuxhaka-xhaka beekhompyutha (imeyil) isebe eli

Inkcazo nenjongo
Eli linani lezikolo ezikwaziyo ukusebenzisa ii-imeyil. Ii-imeyil zenza izikolo zikwazi ukuqhagamshelana ngokukhawuleza neSebe xa kukho ingxaki ekufuneka isonjululwe liSebe. Kananjalo olu hlobo loqhagamshelwano lwenza iSebe likwazi ukudlulisela ngokukhawuleza nangendleko encinane ulwazi malunga neenguqulelo kwimigaqo-nkqubo, iiprojekthi eziqhubekayo neesetyula ngokubanzi. Yinjongo karhulumente ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zifumana unxibelelwano ngenkqubo ye-elektroniki.

Umthombo weenkcukacha
UmLawuli weNkqubo (umz. i-IT)

PM 104: Ipesenti yamabhinqa asebenza ezi-ofisini akwiziKhundla zokuLawula eziPhezulu

Inkcazo nenjongo
Le ndlela yokulinganisa izama ukuhlola ubulungisa kwezengqesho nokulungisa iimeko ngokuvumelana nomthetho i-Employment Equity Act ka-1998 kwakunye nePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo malunga nenkqubo yokuNikezela amaThuba kwabo babeHlelelekile kwiNkonzo kaRhulumente, eligxininisa imfuneko yokuba kuqashwe amabhinqa aneziqinisekiso ezifanelekileyo kwizikhundla eziphezulu zolawulo.

Njengoko esi salathiso sijoliswe kulawulo kwinkqubo 1, “isikhundla sokuphatha” sibhekisela kwinqanaba labaLawuli nezikhundla ezilingana nezo kwakunye nezinye izikhundla ezikwinqanaba eliphezulu. Abasebenzi abakumaziko emfundo abafakwanga kule PM. Le PM ibhekisela kuphela kubasebenzi abasezi-ofisini.

Umthombo weenkcukacha
i-PERSAL

PM 105: Ipesenti yamabhinqa aziinqununu zezikolo

Inkcazo nenjongo
Le yipesenti yamabhinqa akwizikhundla zokuba ziinqununu ezikolweni yaye sisalathisi sobulungisa kwezengqesho. Nakuba ubulungisa kwezengqesho buchaphazela iinkalo eziliqela, amabhinqa akwizikhundla zokuba ziinqununu abalulekile ekuboniseni inkqubela-phambili esingise kubulungisa kwezengqesho kumaSebe eMfundo amaPhondo.

Umthombo weenkcukacha
i-PERSAL

PM 106: Ipesenti yenkcitho yangoku eya kwizinto zesikolo ezingenakuthanani nabasebenzi

Inkcazo nenjongo
Le yipesenti yenkcitho yangoku yephondo eya kwizinto zemfundo ezingenakuthanani nabasebenzi ezifana neencwadi zesikhokelo, izinto zokubhala nokuthuthwa kwabafundi njl njl. Ibonisa ukuba banazo na ootitshala izixhobo ezifunekayo ukuze benze imisebenzi yabo.

Umthombo weenkcukacha
I-BAS

PM 201: Inani labafundi abaxhamla kwinkqubo yesondlo ezikolweni

Inkcazo nenjongo
Oku kubhekisela kwinani labafundi abaxhamlayo kwisidlo ubuncinane esinye ngemini kangangeentsuku ezili-156 ngonyaka ngenkqubo yesizwe yezondlo ezikolweni.

Umthombo weenkcukacha
UmLawuli weNkqubo

PM 202: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaneemfuno ezizodwa

Inkcazo nenjongo

Eli linani labafundi abakwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaneemfuno ezizodwa. Le ndlela yokulinganisa ayibabali abafundi abakwizikolo ezizodwa. Ngokwembali, abafundi abanjalo bebeneengxaki ekufikeleleni kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo nakuba, ngenxa yomgaqo-nkqubo karhulumente wemfundo equka umntu wonke, kufanele kuthathwe amanyathelo okuqinisekisa ukuba abafundi abaneemfuno ezizodwa bayakwazi ukufikelela kwezo zikolo.

"Abafundi abaneemfuno ezizodwa" ngabafundi abachongwe ngenkqubo yokuhluza, yokuchonga nokuhlola njengabo baneemfuno ezongezelelweyo zokuxhaswa eziza kufuna kubekho esibonelelo esisengqiqweni nongenelelo lwemeko eyodwa (DoE, 2008)."

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo (i-EMIS), uVavanyo lweZikolo lwamiNyaka le (ASS)

PM 203: Inani lezikolo ezineenkonzo ezipheleleyo kwiphondo

Inkcazo nenjongo

Esi salathisi silinganisa inani lezikolo ezineenkonzo ezipheleleyo kweli phondo. Isikolo esineenkonzo ezipheleleyo sichazwa ngokuthi sisikolo sikarhulumente sesiqhelo, esixhotyiswe ngokukodwa ngezinto zokufundisa nesiqhelaniswe nokuqwalasela uluhlu olupheleleyo lwezithintelo ekufundeni kwimeko yemfundo equka wonke umntu. Ezi zikolo zixhasa imfundo yabo bonke abafundi, nokuba zintoni na abahluke ngazo kwabanye, yaye zibonelela ngemeko-bume yokufunda equka umntu wonke ngokunciphisa izinto ezisisithintelo ekufundeni kwikharityhulam, kwiindlela zokufundisa nemeko-bume yokoqobo.

Umthombo weenkcukacha

AbaLawuli beeNkqubo zamaPhondo (Imfundo equka umntu wonke)

PM 204: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenaso isibonelelo samanzi

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenaso isibonelelo samanzi acocekileyo. Le ndlela yokulinganisa ibandakanya zonke izikolo ezingafikeleliyo kuyo nayiphi na kwezi nkqubo: umngxuma wesitsala-manzi ongengokamasipala okanye iindlela zokukhongozela amanzi emvula, izikolo ezifumana inkonzo kamasipala ngeelori ezithwala amanzi, izikolo ezifumana inkonzo kamasipala ngeetephu zoluntu, izikolo ezifumana inkonzo kamasipala ngothungelwano olukwiyadi nganye.
Ngenxa yezizathu zempilo nezinye izizathu, kubalulekile ukuba zonke izikolo zibe namanzi acocekileyo kwiindawo zazo.

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yeSizwe yokuLawulwa kweziNto Ezisetyenziswa kwezeMfundo (i-NEIMS)

PM 205: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenawo umbane

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezingenawo umthombo wombane. Oku kuquka izikolo ezingenalo unxibelelwaniso ngeengcingo okanye ngegridi, i-generator, amandla elanga njl njl. Umbane yimfuneko ebalulekileyo ukuze kungeniswe iinkqubo zobugcisa zale mihla ezinokwenza kube lula ukulawulwa, ukufundisa nokufunda ezikolweni.

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yeSizwe yokuLawulwa kweziNto Ezisetyenziswa kwezeMfundo (i-NEIMS)

PM 206: Inani lezikolo ezingenazo izindlu zangasese ezisebenzayo

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo ezingenazo izindlu zangasese ezisebenzisayo. Oku kuquka izikolo ezingenayo inkqubo yamaBhakethe, imingxuma embiweyo, izindlu zangasese zohlobo lwe-VIP & Enviroloo nezindlu zangasse ezigungxulwayo.

Ngenxa yezizathu zempilo nokuya esikolweni, kubalulekile ukuba zonke iinkqubo zemfundo zizame ukufikelela lo mmiselo mncinane kuzo zonke izikolo.

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yeSizwe yokuLawulwa kweziNto Ezisetyenziswa kwezeMfundo (i-NEIMS)

PM 207: Itotali yesabelo sohlahlo lwabiwo-mali sikarhulumente sokulungiswa kwezinto okucwangcisiweyo ngokwepesenti yexabiso lezakhiwo nezinto ezisetyenziswayo zesikolo

Inkcazo nenjongo

Esi salathisi sibonisa uhlahlo lwabiwo-mali oluya ekulungiseni izakhiwo nezinto zokusebenza ezikhoyo xa kuthelekiswa nexabiso lezinto ezisetyenziswayo zezikolo. Kubalulekile ukuba izakhiwo nezinto zokusebenza ezikhoyo ezikolweni mazilondolozwe ngokufanelekileyo, khona ukuze zikwazi ukusebenza ngokupheleleyo, kucuthwe imfuneko yokuthenga ngokutsha. Umgaqo-nkqubo uthi inkcitho ngonyaka kulondolozo lwezibonelelo kufuneka ubuncinane ibe yi-1.5% yexabiso xa lilonke lezo zibonelelo.

Imithombo yeenkcukacha

- UmLawuli weNkqubo (umz. uCwangciso lweZakhiwo) okanye i-BAS
- INkqubo yeSizwe yokuLawulwa kweziNto Ezisetyenziswa kwezeMfundo (i-NEIMS)

PM 208: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zaseprayimari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-40 iklasi nganye

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zaseprayimari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-40 kwiklasi nganye. Iiklasi ezinkulu gqitha ngokucacileyo azikulungeli ukufundisa nokufunda, yaye injongo kukuthoba le pesenti iye kuziro (0).

Umyinge wenani labafundi eklasini nganye (iklasi enobukhulu obuqhelekileyo) unokubalwa ngokwahlulahlula inani lilonke labafundi esikolweni ngenani leeklasi esikolweni.

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo (EMIS) UVavanyo lweZikolo lwamiNyaka le (ASS)

PM 209: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zasesekondari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-35 iklasi nganye

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo zasesekondari ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwama-35 kwiklasi nganye. Iiklasi ezinkulu gqitha ngokucacileyo azikulungeli ukufundisa nokufunda, yaye injongo kukuthoba le pesenti iye kuziro (0).

Le ndlela yokulinganisa ibalwa ngokufanayo nokubala i-PM 208.

Umthombo weenkcukacha

INkqubo yoLwazi lokuLawulwa kweMfundo (EMIS), UVavanyo lweZikolo lwamiNyaka le (ASS)

PM 210: Inani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ekuthe zonke ii-LTSM nezinye izixhobo ezifunekayo zasiwa ezikolweni ngosuku lokuqala lonyaka wokufunda ngokwe-oda yazo

Inkcazo nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezithe zafumana iziXhobo zokuNcedisa ekuFundeni nasekuFundiseni (ii-LTSM) ezizi-odileyo. IsiXhobo sokuNcedisa ekuFundeni nasekuFundiseni (i-LTSM) sijongwa njengenye yezona zinto zibalulekileyo ekuphakamiseni ulungelelwano, ukulungisa umonakalo nokufunda okusemgangathweni kuyo yonke inkqubo yemfundo karhulumente.

Umthombo weenkcukacha

UmLawuli weNkqubo wePhondo

PM 211: Ipesenti yabafundi abakwiBanga lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo sokuBala ngamaNani

Inkcazo nenjongo

Esi salathisi silinganisa ukuba ingaba abafundi bafumana umgangatho othile na wobuchule ekuBaleni ngamaNani kwiBanga lesi-3. Abafundi bahlolwa ngeemvavanyo zesizwe ezikhutshwa liSebe leMfundo elizweni jikelele yaye okwangoku ezi mvavanyo zibizwa ngokuba luHlolo lweSizwe loNyaka. Lubonisa ipesenti yabafundi bonke beBanga lesi-3 abathi, ngokwesilinganiso, bafumane iziphumo ezamkelekileyo ekuBaleni ngamaNani. Isiphumo esamkelekileyo kuxa abafundi befumana ama-50% okanye ngaphezulu kuHlolo lweSizwe loNyaka.

Umthombo weenkcukacha

I-DoE, uHlolo lweSizwe loNyaka (iCandelo loLawulo lokuPhonononga okuCwangcisiweyo)

PM 212: Ipesenti yabafundi abakwiBanga lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo sokuFunda nokuBhala

Inkcazo nenjongo

Le PM ibonisa ipesenti yabo bonke abafundi abakwiBanga lesi-3 abathe, ngokomlinganiselo, bafumana iziphumo ezamkelekileyo ekuFundeni nasekuBhaleni. Isiphumo esamkelekileyo kuxa abafundi befumana ama-50% okanye ngaphezulu kuHlolo lweSizwe loNyaka.

Ngenxa yokuba zibi kweziphumo zokufunda nokubhala kweli lizwe, urhulumente uzibophelele ekuphuculeni ukukwazi kwabafundi bezikolo ukufunda nokubhala. Le ndlela yokulinganisa intsebenzo isekelwe kwimizamo yeSebe leMfundo yokuphucula iziphumo zokufunda nokubhala ezikolweni.

Umthombo weenkcukacha

i-DoE, uHlolo lweSizwe loNyaka (iCandelo loLawulo lokuPhonononga okuCwangcisiweyo)

PM 213: Umlinganiselo wendlela abaqhuba ngayo abafundi abangama-20% kwezona zikolo zihluphekileyo zikwiqondo loku-1 lokuhleleleka xa kuthelekiswa nama-20% kwizikolo ezingahluphekiyo ezikwiqondo lesi-5 kwiBanga lesi-3

Inkcazo nenjongo

Le ndlela yokulinganisa ithelekisa indlela abaqhuba ngayo abona bafundi bahluphekayo bangama-20% kwiqondo lokuhleleleka loku-1, kunye nabafundi abangahluphekanga abangama-20% kwiqondo lokuhleleleka lesi-5, kwiBanga lesi-3.

Into ebalulekileyo asikokulungisa nje umonakalo owabangelwa yinkqubo yocalucalulo yenkcitho engalinganiyo kubafundi. Kukwabalulekile nokuqinisekisa ukuba ukungalingani kwiziphumo zabafundi kuyancitshiswa, ukuze abafundi bafumane isiqalo esithande ukulingana ebomini.

Umthombo weenkcukacha

i-DoE, uHlolo lweSizwe loNyaka (iCandelo loLawulo lokuPhonononga okuCwangcisiweyo)

PM 214: Ipesenti yabafundi beBanga lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo seeLwimi

Inkcazo nenjongo

Le ndlela yokulinganisa intsebenzo ibonisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga lesi-6 abathe, ngokomlinganiselo, bafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo seeLwimi, oko kukuthi, abafundi abafumana ama-50% nangaphezulu kuHlolo lweSizwe loNyaka.

UMgaqo-siseko uyavuma ukuba ukwahlukana kwethu ngokweenkcubeko bubutyebi obuxabisekileyo besizwe ngenxa yoko ke imfundo inoxanduva lokuphakamisa zonke iilwimi ezisemthethweni zeli lizwe.

Umthombo weenkcukacha

i-DoE, uHlolo lweSizwe loNyaka (iCandelo loLawulo lokuPhonononga okuCwangcisiweyo)

PM 215: Ipesenti yabafundi kwiBanga lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo seMathematika

Inkcazo nenjongo

Esi salathisi silinganisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga lesi-6 abathe, ngokomlinganiselo, bafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika, oko kukuthi, abafundi abafumana ama-50% nangaphezulu kuHlolo lweSizwe loNyaka.

Ngenxa yokunqongophala kwezakhono kwiinkalo zobugcisa, iSebe ligxininisa kakhulu kwiMathematika. Ukongezelela, abafundi eMzantsi Afrika baqhuba kakubi xa kusenziwa uhlolo lweMathematika lwamazwe ngamazwe.

Umthombo weenkcukacha

I-DoE, uHlolo lweSizwe loNyaka (iCandelo loLawulo lokuPhonononga okuCwangcisiweyo)

PM 216: Ipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele iMathematika kwiBanga le-12

Inkcazo nenjongo

Le yipesenti yabafundi abangamabhinqa ababhalisele iMathematika kwiBanga le-12. Ngokwembali, amantombazana ebengamelwanga kakuhle kwiMathematika, ngoko ukunyusa inani labo bathatha inxaxheba kwiMathematika kungasisalathisi esibalulekileyo sokuba kuyasondelwa kwibakala lemfundo le-FET elilungeleleneyo ngokwesini. Into ebifanelekile kukuba le PM ibalwe ngokuqwalasela inani lamantombazana enza iMathematika kwiBanga le-12. Onke amantombazana abhaliswe kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ayaqwalaselwa kule PM.

Umthombo weenkcukacha

Isisele solwazi seeMviwo zeMatriki (iiMviwo zeBanga le-12)

PM 217: Ipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele ezeNzululwazi zeBanga le-12

Inkcazo nenjongo

Le yipesenti yabafundi abangamabhinqa ababhalisele ezeNzululwazi kwiBanga le-12. Ngokwembali, amantombazana ebengamelwanga kakuhle kwezi zifundo, ngoko ukunyusa inani labo bathatha inxaxheba kuzo kungasisalathisi esibalulekileyo sokuba kuyasondelwa kwibakala lemfundo le-FET elilungeleleneyo ngokwesini. Into ebifanelekile kukuba le PM ibalwe ngokuqwalasela inani lamantombazana enza ezeNzululwazi kwiBanga le-12. Onke amantombazana abhaliswe kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ayaqwalaselwa kule PM.

Umthombo weenkcukacha

Isisele solwazi seeMviwo zeMatriki (iiMviwo zeBanga le-12)

PM 218: Umlinganiselo wendlela abaqhuba ngayo abafundi abangama-20% kwezona zikolo zihluphekileyo zikwiqondo loku-1 lokuhleleleka xa kuthelekiswa nama-20% kwizikolo ezingahluphekiyo ezikwiqondo lesi-5 kwiBanga le-12

Inkcazo nenjongo

Le yipesenti yamanqaku eMatrikhi abafundi beBanga le-12 kwizikolo ezikwiqondo lokuhleleleka loku-1 xa kuthelekiswa nabafundi kwizikolo ezikwiqondo lesi-5 lokuhleleleka. Ukuze kubalwe le ndlela yokulinganisa kwenziwa isampulu kuma-20% abafundi abakwiqondo lokuhleleleka loku-1 kunye nama-20% kubafundi abangahluphekiyo kwiqondo lokuhleleleka lesi-5.

Umthombo weenkcukacha

Isisele solwazi seeMviwo zeMatriki (iiMviwo zeBanga le-12)

PM 219: Izinga lokuphumelela leBanga le-12

Inkcazo nenjongo

Eli linani lilonke labafundi abaphumelele iMatriki yeSizwe enyakeni, lahlulwahlulwe ngenani lilonke labafundi ababhale iiMviwo zeSizwe zeBanga le-12. Le ndlela yokulinganisa intsebenzo yenza sikwazi ukubona ukuba ungakanani na umlinganiselo wabafundi ababhalisileyo oza kufumana isiQinisekiso seMatriki. Injongo yale ndlela yokulinganisa kukulanda ukuba bangaphi na abafundi abaphumelele uviwo lweMatriki yeSizwe njengoko kubonakala kwinani labafundi ababhale iimviwo zeBanga le-12.

Umthombo weenkcukacha

Isisele solwazi seeMviwo zeMatriki (iiMviwo zeBanga le-12)

PM 220: Izinga lokuphumelela leBanga le-12 kwiMathematika

Inkcazo nenjongo

Eli linani lilonke labafundi abaphumelela iMathematika kwiimviwo zeMatriki yeSizwe enyakeni, lahlulwahlulwe ngenani lilonke labafundi abachophele iimviwo zeMathematika. Le ndlela yokulinganisa intsebenzo isibonisa ukuba zingakanani na iziqhamo eziveliswa yinkqubo yemfundo kwiinkalo zezakhono ezinqongopheleyo.

Injongo yale PM kukulanda ukuba bangaphi na abafundi abaphumelele iMathematika kuViwo lweMatriki yeSizwe njengoko kubonakala kwinani labafundi abanokubhala iimviwo zeMathematika kwiBanga le-12.

IMathematika sesinye sezifundo ezingundoqo ezifunekayo ukuze kuphuhliswe ngokwaneleyo abasebenzi boMzantsi Afrika ngokuvumelana nethagethi karhulumente yokuhluma koqoqosho kwiinkalo ezi-6. Kananjalo iPhulo lokuHluma okuKhawulezayo nokwAbelwana ngako loMzantsi Afrika (ASGISA) lixhomekeke kakhulu kwingcinga yokuba inani labantu abaphumelele izifundo zeMathematika liza kunyuka. Ngoko ke, kubalulekile ukuba ii-PED zibeke iithagethi zokwandisa inani labantu abaphumelela iMathematika kwiphondo ngalinye.

Sithetha nje kukho amaphulo aqhubekayo okwandisa inani labafundi abaphumelelayo kwiMathematika nezeNzululwazi. Ngokomzekelo injongo yeZikolo zeDinaledi ezingama-528 ezinojoliso olucacileyo kwiMathematika nezeNzululwazi kukunyusa inani labafundi abaphumelela iMathematika nezenzululwazi kwizikolo eziphakamileyo ukuya kutsho ubuncinane kuma-50 000 ngo-2008.

Umthombo weenkcukacha

Isisele solwazi seeMviwo zeMatriki (iiMviwo zeBanga le-12)

PM 221: Izinga lokuphumelela leBanga le-12 kwezeNzululwazi

Inkcazo nenjongo

Eli linani lilonke labafundi abaphumelela ezeNzululwazi kwiimviwo zeMatriki yeSizwe enyakeni, lahlulwahlulwe ngenani lilonke labafundi abachophele iimviwo zezeNzululwazi kwiBanga le-12. Njengomlinganiselo uwonke wokuphumelela (jonga ku-PM219), le ndlela yokulinganisa intsebenzo isibonisa ukuba zingakanani na iziqhamo eziveliswa yinkqubo yemfundo ngokubhekisele kwiinkalo zezakhono ezinqongopheleyo.

Injongo yale PM kukulanda ukuba bangaphi na abafundi abaphumelele ezeNzululwazi kuViwo lweMatriki yeSizwe njengoko kubonakala kwinani labafundi abachophela iimviwo zeNzululwazi nangawuphi na unyaka.

EzeNzululwazi sesinye sezifundo ezingundoqo ezifunekayo ukuze kuphuhliswe ngokwaneleyo abasebenzi boMzantsi Afrika ngokuvumelana nethagethi karhulumente yokuhluma koqoqosho kwiinkalo ezi-6.

Umthombo weenkcukacha

Isisele solwazi seeMviwo zeMatriki (iiMviwo zeBanga le-12)

PM 222: Inani labafundi abaxhamlayo kwinkqubo yasimahla yokuthuthwa kwabafundi

Inkcazo nenjongo

Eli linani labafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaxhamla kwinkqubo yasimahla yokuthuthwa kwabafundi. Le ndlela yokulinganisa ibandakanya abafundi abaneengxaki ekufikeleleni izikolo zikarhulumente zesiqhelo ngenxa yomgama okanye ukungabikho kwesikolo kwindawo abahlala kuyo. Ngenxa yomgaqo-nkqubo karhulumente wemfundo equka umntu wonke, kufanele kuthathwe amanyathelo okwenza ukuba bonke abafundi bafikelele ezikolweni. Le ndlela yokulinganisa ayibandakanyanga abafundi abaxhamla kwilungiselelo lezothutho elifumene uncediso-mali.

Umthombo weenkcukacha

UmLawuli weNkqubo okanye iiNkcukacha ngezeMali

PM 223: Inani labafundi abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo wezikolo "ezingaHlawulisiyo"

Inkcazo nenjongo

Eli linani labafundi abakwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaxhamla kumgaqo-nkqubo wezikolo "ezingaHlawulisiyo". Abo bafundi bayasokola ukuhlawula iirhafu zesikolo ngenxa yokuba betsala nzima ngokwasezimalini. Ngenxa yomgaqo-nkqubo karhulumente wemfundo equka umntu wonke nokufikelela emfundweni, kufanele kuthathwe amanyathelo okwenza kube yinto yokwenene ukufikelelwa kwezikolo ngabo bonke abafundi nokuba injani na imeko yemvelaphi yabo ngokwezoqoqosho nentlalo.

Icandelo 29 (1) (a) loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika lithi wonke umntu unelungelo lokufumana imfundo engundoqo, kuquka imfundo engundoqo yabantu abadala. Ngoko ke umgaqo-nkqubo "weZikolo ezingaHlawulisiyo" utshitshisa iirhafu zezikolo kwezona zikolo zihluphekayo elizweni kubafundi ukusukela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. Izikolo ezingahlawulisiyo zabelwa isixa-mali esikhudlwana kwinkxaso-mali yomfundi ukuze kukhawulelwane neerhafu engeziba zihlawuliwe.

Umthombo weenkcukacha

UmLawuli weNkqubo wePhondo

PM 301: Inani lezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ezithe zatyelelwa ngeenjongo zokuzibek' esweni

Inkcazo nenjongo
Eli linani lezikolo ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali kurhulumente ezithe zatyelelwa liSebe ngeenjongo zokulawula umgangatho enyakeni. Kubalulekile ukuba urhulumente ufanele abek' esweni umgangatho wemfundo eqhutywa kwizikolo ezizimeleyo, yaye ngokukodwa ezo zifumana uncediso-mali lukarhulumente, kuze kuthathwe inyathelo xa neyona migangatho mincinane ingafikeleleki.

Umthombo weenkcukacha
UmLawuli weNkqubo wePhondo

PM 302: Inani labafundi kwiZikolo Ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali

Inkcazo nenjongo
Eli linani labafundi ababhaliswe kwizikolo ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali. Amanqanaba oncediso-mali anxulumene namanqanaba erhafu ngokwesikali esinyukayo esinamaqondo amahlanu. Izikolo ezibiza elona nqanaba liphantsi lerhafu ziza kufumana uncediso-mali olukwelona nqanaba liphakamileyo. Izikolo ezibiza irhafu engaphezu komyinge owuphinda ngesi-2.5 umyinge oqikelelwayo wephondo ngomfundi kwisigaba sasePrayimari okanye saseSekondari kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo zijongwa njengezinakekela abafundi abaphuma kwiindawo ezifumileyo ngokwasezimalini, yaye zona ziza kuhlawulwa uncediso-mali olungu-0 ephuma kwiimali zikarhulumente, ngokweSaziso sama-20 sika-2003. Kubalulekile ukuba urhulumente ufanele abek' esweni umgangatho wemfundo oqhubeka kwizikolo ezizimeleyo, ngokukodwa ezo zifumana uncediso-mali lukarhulumente, kuze kuthathwe inyathelo xa neyona migangatho mincinane ingafikeleleki.

Umthombo weenkcukacha
UmLawuli weNkqubo wePhondo (iiNkcukacha zeMali)

PM 401: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-15 abangabhaliswanga kumaziko emfundo

Inkcazo nenjongo
Eli linani labantwana abaneemfuno ezizodwa abaseneminyaka ekunyanzelekileyo ukuba baye esikolweni abangabhaliswanga nakweliphi na iziko lemfundo. Kubalulekile ukuba urhulumente abonelele ngendlela eyaneleyo nefanelekileyo yokuba aba bafundi bafikelele kwizikolo ezizodwa nezikolo zikarhulumente zesiqhelo. Eyona nto inqwenelekayo kukuba le ndlela yokulinganisa intsebenzo ifanele ibe nguziro (0).

Ngenjongo yale PM, "inani labantwana abaneemfuno ezizodwa" liza kuthathwa kwiinkcukacha-manani ezimalunga nokukhubazeka njengoko zifumaneka kwi-Ofisi yeeNkcukacha-manani yoMzantsi Afrika.

Umthombo weenkcukacha
UVavanyo Gabalala lwamaKhaya (GHS)

PM 402: Inani labafundi ababhaliswe kwiZikolo eziZodwa

Inkcazo nenjongo
Eli linani labafundi kwiZikolo eZizodwa. Kubalulekile ukuba urhulumente ufanele abonelele ngendlela eyaneleyo nefanelekileyo yokuba aba bafundi bafikelele kwizikolo ezizodwa.

Injongo yale PM kukubonisa ngokuyinxenye inani labo baFundi baneeMfuno Ezizodwa (LSEN) abangekhoyo nakweyiphi na inkqubo yemfundo. Inkqubo yemfundo noqeqesho inenjongo yokukhuthaza imfundo yomntu wonke nokufaka umoya wophuhliso oluquka umntu wonke namaziko enkxaso okufunda aza kwenza bonke abafundi bathathe inxaxheba ngokuzimisela kwiinkqubo zemfundo ukuba babe nokukhula baze banabise amathuba oko banokukwenza yaye bathathe inxaxheba njengamalungu alulutho eluntwini.

Umthombo weenkcukacha
i-EMIS SNAP (iZikolo Ezizodwa)

PM 501: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiikholeji zikarhulumente ze-FET

Inkcazo nenjongo

Le PM isixelela ngenani labafundi abenza i-National Certificate (Vocational) NC(V) ababhalise kwiikholeji zikarhulumente ze-FET. Ukusukela ngeyoMqungu ku-2007, i-National Certificate (Vocational) yathabatha indawo yezifundo ze-NATED (N1 – N3). I-National Certificate (Vocational) sisiqinisekiso esitsha nesezi mini kwiNqanaba lesi-2, lesi-3 nelesi-4 le-National Qualifications Framework (NQF). Le NC (yoBizo) yangeniswa kwiiKholeji ze-FET kwi-NQF iNqanaba lesi-2 ngo-2007, iNqanaba lesi-3 ngo-2008 yaye iza kungeniswa kwiNqanaba lesi-4 ngo-2009.

Umthombo weenkcukacha

EMIS- SNAP (iiKholeji ze-FET)

PM 502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kwiinkalo zobugcisa (iinkalo ze-Civil, ze-Mechanical, zoYilo, zokuSebenza koMbane, ubuncinane enye kwezi, kufanele kungabalwa kabini)

Inkcazo nenjongo

Le PM ithetha ukuba kufuneka inani labafundi be-NC(V) ababhalisele ubuncinane isifundo esinye kwinkalo yobugcisa elibonakaliswa njengepesenti yenani lilonke labafundi be-NC(V) ababhalisa kwiiKoleji zikaRhulumente ze-FET. Ngenjongo yale PM nasiphi na isifundo esiphantsi kweenkalo ze-CIVIL Engineering, iMechanical Engineering, i-Electrical Engineering nezinye iiNkqobo zokuSebenza ngoMbane zijongwa ngokuba “ziiNkalo zobuGcisa”. Akufanelanga kubalwe kabini abafundi kule PM.

Umthombo weenkcukacha

I-EMIS- SNAP (iiKholeji ze-FET)

PM 503: Inani labafundi abafakwe kwizifundo zokuqeqeshwa emsebenzini kwikholeji ye-FET

Inkcazo nenjongo

Eli linani labafundi abafakwe kwiinkqubo zokufundisa umsebenzi ngokusiwa kwikholeji ye-FET. Esi salathisi silinganisa inani labafundi abakwiikholeji ze-FET abasethubeni lokufumana amava okoqobo nemeko-bume yokuba semsebenzini.

Umthombo weenkcukacha

AbaLawuli beeNkqubo kwiiKoleji ze-FET

PM 601: Inani labafundi bakwa-ABET kwiphondo

Inkcazo nenjongo

Eli linani labafundi ababhaliswe kumaziko karhulumente akwa-ABET centres. Le Ndlela yokuLinganisa iNtsebenzo ibonisa ukuba urhulumente ubonelela ngomlinganiselo obanzi kangakanani na ngo-ABET kweli phondo.

Umthombo weenkcukacha

I-EMIS-SNAP (ABET)

PM 701: Inani labafundi beBanga R kwizikolo zikarhulumente

Inkcazo nenjongo

Eli linani lilonke labafundi abakwiBanga R kwizikolo zikarhulumente. Oku kuquka abafundi beBanga R kwiZikolo zikaRhulumente zesiQhelo neZizodwa. Kodwa ke, ababalwanga kweli nani abafundi abakwiZikolo Ezizimelyo okanye amaziko azimeleyo asebenzela ezikolweni. Umgaqo-nkqubo uthi ngo-2010 sifanele sibe sifikelele bonke abantwana abakubudala bokuba bafunde kwiBanga R.

Umthombo weenkcukacha

Uvavanyo lwe-EMIS- SNAP

PM 702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu kumaziko emfundo

Inkcazo nenjongo

Eli linani lilonke labafundi abaneminyaka emihlanu abakulo naliphi na iziko lemfundo. Umgaqo-nkqubo uthi ngo-2010 sifanele sibe sifikelele bonke abantwana abakubudala bokuba bafunde kwiBanga R. Le ndlela yokulinganisa ibandakanya kokubini abafundi abafunda kumaziko karhulumente nawabucala (Azimeleyo)

Umthombo weenkcukacha

UVavanyo Gabalala lwamaKhaya (i-GHS)

Superintendent-General
Superintendent-Generaal
Intsumpa-Jikelele

Director: Office of the SG
Direkteur: Kantoor van die SG
UMlawuli we-Ofisi Ye-Ntloko yeSebe

Director: Communication
Direkteur: Kommunikasie
UMlawuli weCandelo leZonxibelelwano

Deputy Director-General: Planning and Strategy
Adjunk-direkteur-generaal: Beplanning en Strategie
uSekela-Mlawuli Jikelele weCandelo leZocwangciso

Chief Director: Education Management Information and Quality Assurance
Hoofdirekteur: Onderwysbestuurinligting en Gehalteversekering
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo lweMfundo, inGcaciso noQinisekiso weMigangatho

Director: Research
Direkteur: Navorsing
UMlawuli weCandelo leZophando

Director: Knowledge Management, Information and Record Management Systems and ICT
Direkteur: Kennisbestuur, Inligtings- en Rekordbestuurstelsels en IKT
UMlawuli weCandelo loLawulo loLwazi neEnkqubo zeNgcaciso neErekhodi zeZolawulo ne-ICTt

Director: Quality Assurance
Direkteur: Gehalteversekering
UMlawuli weCandelo loQinisekiso lwemiGangatho

Chief Director: Planning and Policy Co-ordination
Hoofdirekteur: Beplanning en Beleidskoördinasie
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loCwangciso noQuquzelelo lwemiGaqo-Nkqubo

Director: Policy Co-Ordination
Direkteur: Beleidskoördinasie
UMlawuli weCandelo Loququzelelo lwemiGaqo-Nkqubo

Director: Business Planning and Strategy
Direkteur: Besigheidsbeplanning en -strategie
UMlawuli weCandelo Locwangciso Lwezoshishino

Director: Infrastructure, Transport, Equipment & LTSM Planning
Direkteur: Infrastruktuur, Vervoer, Toerusting en LOOM-Beplanning
UMlawuli weCandelo loCwangciso lweZiseko zoPhuhliso, ezoThutho, iziXhobo ne-LTSM

Director: Human Capital Planning
Direkteur: Menslikekapitaalbeplanning
UMlawuli weCandelo loCwangciso Lophuhliso lweZakhono zoLuntu

Deputy Director-General: Curriculum Management
Adjunk-direkteur-generaal: Kurrikulumbestuur
Usekela-Mlawuli Jikelele weCandelo loLawulo lweKharityhulam

Chief Director: Assessment and Examinations
Hoofdirekteur: Assessering en Eksamens
UMlawuli oyiNtloko weCandelo leemVavanyo neeMviwo

Director: Assessment Management
Direkteur: Assesseringsbestuur
UMlawuli weCandelo loLawulo lweeMvavanyo

Director: Examinations Administration
Direkteur: Eksamenadministrasie
UMlawuli weCandelo loLawulo lweeMviwo

Chief Director: Curriculum Development
Hoofdirekteur: Kurrikulumontwikkeling
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loPhuhliso lweKharityhulam

Director: Curriculum GET
Direkteur: Kurrikulum AOO
UMlawuli weCandelo leKharityhulam GET

Director: Curriculum FET
Direkteur: Kurrikulum VOO
UMlawuli weCandelo leKharityhulam ye-FET

Director: E-Learning and Library Services
Direkteur: E-Leer en Biblioteekdienste
UMlawuli weCandelo Le *E-Learning* neEnkonzo zeeLayibrari

Deputy Director-General: Institution Development and Co-Ordination
Adjunk-direkteur-generaal: Inrigtingsontwikkeling en –koördinasie
Usekela-Mlawuli Jikelele weCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko

Chief Director: Districts
Hoofdirekteur: Distrikte
UMlawuli oyiNtloko weziThili

Chief Director: Institutional, Specialised and Operational Support
Hoofdirekteur: Inrigtings-, Gespesialiseerde en Operasionele Ondersteuning
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loKunika inkXaso amaZiko, imFundo enEemfuno eziZodwa noKwenziwa kwemiSebenzi

Director: Institutional Management and Governance Planning
Direkteur: Institusionele Bestuur-en-beheerbeplanning
UMlawuli wezoCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko

Director: Operational Support Unit
Direkteur: Operasionele Ondersteuningseenheid
UMlawuli weYunithi yoKunika inKxaso yoKwenziwa kwemiSebenzi

Director: Specialised Education Support
Direkteur: Gespesialiseerde Onderwysondersteuning
UMlawuli weCandelo loKunika inKxaso imFundo enEemfuno eziZodwa

Chief Director: FET Colleges
Hoofdirekteur: VOO-Kolleges
UMlawuli oyiNtloko weeKholeji ze-FET

Deputy Director- General: Corporate Services
Adjunk-direkteur-generaal: Korporatiewe Dienste
Usekela-Mlawuli Jikelele weCandelo leEnkonzo zeSebe

Chief Director: Internal Human Capital Management
Hoofdirekteur: Interne Menslikekapitaalbestuur
UMlawuli Oyintloko weCandelo Lokuphathwa Nophuhliso Lwezakhono Zoluntu Lwangaphakathi

Director: Internal Human Capital Administration
Direkteur: Interne Menslikekapitaaladministrasie
UMlawuli weCandelo leZolawulo noPhuhliso lwezaKhono zoLuntu lwanGaphakathi

Director: Internal Human Capital Management
Direkteur: Interne Menslikekapitaalbestuur
UMlawuli weCandelo lokuPhathwa noPhuhliso lwezaKhono zoLuntu lwangaPhakathi

Director: Labour Relations
Direkteur: Arbeidsverhoudinge
UMlawuli weCandelo leZobudlelwane emSebenzini

Director: Internal Human Capital Development
Direkteur: Interne Menslikekapitaalontwikkeling
UMlawuli weCandelo loPhuhliso lweZakhono zoLuntu lwanGaphakathi

Chief Director: Financial Management
Hoofdirekteur: Finansiële Bestuur
oyiNtloko weCandelo leZolawulo lwezeMali

Director: Management Accounting
Direkteur: Bestuursrekeningkunde
UMlawuli: kwiMpatho yeze-Akhawuntingi

Director: Financial Accounting
Direkteur: Bestuursrekeningkunde
UMlawuli weCandelo lezeMali nee-Akhawunti

Director: Procurement Management
Direkteur: Verkrygingsbestuur
UMlawuli weCandelo loLawulo lokuThengwa kweEmpahla neEnkonzo